HOWARD PIM LIBRARY
FORT HARE



ZEMK'INKOMO MAGWALANDINI

Ngu

W. B. RUBUSANA, Ph.D.
Umfundisi we-Hlelo lase-Rabe

Umguquli wezincwadi :
"Amanyatčlo okuya ku-Kristu," "Inkonzo ze-Hlelo lase-Rabe," "U-Yesu Uyeza," nezinye

ENTERED STATIONERS' HALL
Copyright reserved



PRINTED FOR THE AUTHOR BY
MESSRS. BUTLER & TANNER
THE SELWOOD PRINTING WORKS
FROME, AND LONDON
1906

University of Fort Hare
Together in Excellence

INTSHAYELELO

Mzi wakowetu, siti kuni, "Nango amalinga etu okunikónza." Incwadi yamabali enjengale, kunye nezibongo ezikóyo esi-Xoseni, sekuyiminyaka umbáli-lo ebona ukuba iyafuneka emzini, ngokukodwa kwimpi entsha evelayo, engazinto ngezinto zomzi esinguwo. Ukufa kwamadoda amakúlu abesazi amabali etu,—lomabali engazuzwanga kuwo abálwe, —kube yilahleko enkulu kuti tina Maxosa. Ngokoke, nakuba siqale sekusemva, siti masesihlanganisa imvutuluka eseleyo yalomabali, ukuze izizukulwana ezizayo zazi ukuba kwakè kwako izizwe ezisiti.

Sibe nosizi ukuti sifakè amanye amapepa ababáli ababalulekileyo, singabi nakuwafaka aka- Rev. P. J. Mzimba angebali lezizwe zase-Mbó; oko-ke kubangwe kukungapenduli kwake akubálelwa ukuba angafakwana. Mhlaumbi kwi 2nd edition angafunyanelwa indawo.

Ekufakweni kwamapepa abálwe ngabanye sizame ukuwabeka namagama abo, mhlaumbi onobambiso (*nom de plume*) abazibize ngabo.

Incwadi le,—nakuba kade kusitiwa masiyibále ngesi-Ngesi,—siyibále ngesi-Xosa, ukuze ibe noku-

University of Fort Hare
Together in Excellence

fundwa ngabo bonke. Inkoliso yencwadi ezibálwe ngamadodana amnyama afundileyo zingesi-Ngesi; lonto-ke ibange ukuba zifundwe ngabambalwa, abanetámsanqa lokwazi isi-Ngesi, luti ukómokazi lungabi nakuzifunda.

Incwadi le ikólise ngezibongo, kuba iyeyona nteto bopéle kuyo bonke ubuciko besi-Xosa, yaye iyeyona nteto ishwankatéla zonke izafobe zokuteta esi-Xoseni.

Abanye, mhlaumbi, abayi kuba nakuyiqonda ngokunqaba kwamazwi, nangokuswela umoya wokubonga. Inkoliso yezibongo, *zamaqaba*, iyakufunyanwa inamazwi acásekileyo kubantu basesi-Kolweni abaluvo lu-eté-eté, abangatandiyo ukuba izinto zibizwe ngamagama azo. Silingile, inxalenye yalamazwi, ukuwalahla, mhlaumbi ukuwambátisa ngengubo *yokuhlonipa*. Lonto asibanga nakuyenza kuwo onke, kuba kubonakele ukuba ngokwenjenjalo siya kutshabalalisa umoya nompúnga wembóngi.

Kwabo baluvo lungati lwenzakele singasuke, njengembongi yasema-Ngesini, u-Tennyson, siti :—

"Vex not thou the poet's mind
With thy shallow wit:
Vex not thou the poet's mind;
For thou canst not fathom it."

Ke kwabo boti bacinge ububi ngokuqubisana namazwi anjalo, siti, "Ububi kocinga ububi."

University of Fort Hare
Together in Excellence

Izibongo zifakwe njengoko zamkelwe ngako emlonyeni wembóngi ; into eyenziweyo kukulungisa, ukuvana kwemigca (rhythm) namazwi. Inkoliso yezibongo, zabantu ngabantu, iyafana. Lonto ibonisa ukuba imbóngi zenye indawo bezizandisa izibongo zazo ngokuvela izibongo kwezinye imbóngi.

Amazwi anqabileyo nangaqondwayo, kwizibongo, ofunyanwa ebálwe nge italics. Ilizwi elinjalo sukuba licázwe *ekupeleni* kwayo lencwadi, pantsi kwegama lalowo ubongwayo.

Pakati kwabasincedileyo ekuqokeleleni lencwadi, —ngokuti basinik' imvume yokushicilela amapepa abo, nokusitúmela izibongo, nangezinye indlela,— sibalula, ngombulelo, lamanene alandelayo : Revs. James Stewart, D.D. ; W. Anderson Soga, M.D. ; Charles Pamla ; Boyce Mama ; W. Philip ; I. Wauchope ; Eben. B. P. Koti ; John Knox Bokwe ; Elijah Mdolomba ; Chief Ebenezer Mhlambiso ; Messrs. W. K. Ntsikana ; Sol Kalipa ; Zaze Soga ; Theo Ndwandwa ; Peka Nopondo ; J. S. Tshainca ; Meyi Faxi ; W. B. Yiba ; Ntotoviyane Mdodana ; Samuel E. Mqayi ; W. D. Soga ; Ezekiel Mhlakaza ; Pascoe Koti ; J. N. J. Tulwana ; B. Booi ; Mtoninji Sonkononkono ; Jas. B. Mama ; Usapo luka W. G. Gqoba, nabanye.

Ekuqokeleleni lamabali, sifumene uncedo kwezincwadi zilandelayo : Holden's *Native Past and Pre-*

University of Fort Hare
Together in Excellence

sent ; Isigidimi Sama-Xosa ; Hammond Tooke, and Driver's *Genealogy of the Kaffir Tribes* ; L.M.S. Reports of Missionaries.

Singavuya zite indawo eziposisekileyo zalatwa ngokuti kubálelwe ku,

W. BENSON RUBUSANA,
EAST LONDON, S.A.

LONDON,
November 24, 1905.

University of Fort Hare
Together in Excellence

UNIVERSITY COLLEGE OF FORT HARE
AFRICANA
LIBRARY

IZALATISO

IZAHLUKO		AMAPEPA
I	Ukufika Kwe-Lizwi Kwa-Xósa . .	1
II	Ukuvela Kuka-Ntsikana	3
III	Izibongo Zika-Ntsikana	9
IV	Izibongo Ezingo-Tixo	11
V	Imbóngi Yomnqamlezo	12
VI	Isimangalo Sika-Tixo	20
VII	Icebetshu Lokusinda	24
VIII	Ingxoxo Enkulu Yom-Ginwa nom-Kristu	27
IX	Ingxoxo Enkulu Yom-Ginwa nom-Kristu	34
X	Ingxoxo Enkulu Yom-Ginwa nom-Kristu	42
XI	Ingxoxo Enkulu Ngemfundo . .	63
XII	I-Hlelo lase-Rabe	131

University of Fort Hare
Together in Excellence

IZAHLUKO		AMAPÉPÁ
XIII	Ama-Qâlo ama-Xósa	141
XIV	Umkóndo wama-Gqunukwebe .	159
XV	Imikwâ	164
XVI	U-Nokónya into Ka-Nyanga . . .	167
XVII	Umfana Ovela e-Bhayi	170
XVIII	Umsitó wama-Xósa	181
XIX	Imbâli ka-Makânda (u-Nxele) . . .	190
XX	Imfazwe ka-Tútúla	193
XXI	Imbâli zama-Xósa	198
	(*a*) Umlibo ka-Hleke	198
	(*b*) Umkóndo we-Nkosi . . .	205
XXII	Isizatu Sokuxélwa kwe-Nkomo ngo-Nongqause	218
XXIII	Umnombó we-Nkosi	225
XXIV	Ama-Gcaleka nezibongo zawo . . .	226
XXV	Ama-Rârabe (ama-Ngqika) nezibongo zawo	241
XXVI	Um-Ngcangatelo nezibongo zawo .	249
XXVII	Ama-Jingqi nezibongo zawo . . .	255
XXVIII	Ama-Ndlambe nezibongo zawo . .	262
XXIX	Imi-Dange nezibongo zayo . . .	276
XXX.	Aba-Tembu nezibongo zabo . . .	282
XXXI	Ama-Gwalane nezibongo zawo . .	298
XXXII	I-Tsonyana nezibongo zalo . . .	301

University of Fort Hare
Together in Excellence

IZAHLUKO		AMAPÉPÁ
XXXIII	Ama-Gqunukwebe nezibongo zawo .	303
XXXIV	Ama-Hleke nezibongo zawo . . .	311
XXXV	Imi-Dushane nezibongo zayo . .	312
XXXVI	Aba-Mbó nezibongo zabo	314
XXXVII	Ama-Zizi nezibongo zawo . . .	319
XXXVIII	Abakwa-Maduna nezibongo zabo . .	320
XXXIX	Ama-Mpondo nezibongo zawo . .	321
XL	Abe-Sutu nezibongo zabo . . .	325
XLI	Ama-Bomvana nezibongo zawo . .	326
XLII	Ama-Mpondomse nezibongo zawo .	332
XLIII	Ezinye Inkosi	335
XLIV	Inkosi zakwa-Ngqika	338
XLV	Izibongo zaba-Fundisi be-Lizwi . .	341
XLVI	Izibongo ze-Nkomo nama-Hashe .	350
XLVII	Ingqokelela Yezibongo	364
XLVIII	Imbóngi yakwa-Gompo, nabanye .	454
XLIX	Ukubúbá kwe-Nkosi u-Sigcau Rili .	469
L	Isimbónono Ngomfo ka-Kama . .	470
LI	Izibongo zika-Bishop Turner . .	472
LII	Izwi Labantu	474
LIII	Imibuliso yo-Nyak'omtsha . . .	476
LIV	Izibongo ngezibongo	478
LV	Singama Britani	484
LVI	Izitúko ze-"Zwi Labantu" . . .	489

University of Fort Hare
Together in Excellence

IZAHLUK		AMAPÉPÁ
LVII	Leliba	493
LVIII	Lala pántsi. D. Tomasi	496
LIX	Izibongo zika. J. T. Jabavu, no-Hon. C. Brownlee	498
LX	Imibulelo nama-Tempile	500
LXI	Ukubanjwa kwe-Nkosi, neziganeko zeminyaka	504
LXII	Izinto Ngezinto	507
LXIII	Isityilo Samazwi angaqondakaliyo (Notes)	514

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukufika Kwe-Lizwi Kwa-Xosa

(John M. Vimbe)

Ndivuyiswa lixesha lokuvela kwam kwelilizwe, kuba ete u-Mnini-ntozonke ukundibumba kwake wandibumba ngexesha lokutúmela kwake i-Lizwi lake ezweni lakowetu. Ekute-ke ekufikeni kwalo nabafundisi aza amakósi etu alamkela; nditi-ke ukuzibalisela izihlobo zam:—Kwafika umfundisi ndiyinkwenkwe, bekute ngapambi 'kokufika kom-fundisi lowo kwavuka u-Nxele umfo ka-Bálala, no-Gaba umfo ka-Ntsikana; kwabe ikukuqala kokubona kwam i-Lizwe, endicinga ukuba iminyaka yobupolofeti balomadoda, kususela ku 1816 kuze kulo we 1905, yi 89. Umfundisi wokuqala abesiti ama-Xosa ngu-Sodyoyi wafika waká kwa-Sihota. Emva kwake kwafika u Rev. John Brownlee nge 1820. Mandingene ekuqaleni kwam ukulivá i-Lizwi. Kwafika u-Ntsikana evela e-Gqora wafika wema kwa-Mankazana. Wandiqélisa u-ma ukuya nam etyalikeni, nge-Cawa, kwa-Ntsikana. Ityalike ka-Ntsikana ibisenzelwa ngapantsi komqonchi, izitulo ingamatye. Ngeloxesha, ekubonemi kwam, sasingati sintanganye no-Dukwana, u-Kobe emkúlu kunati. Akahlalanga kakulu, u-Ntsikana, kwa-

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mankazana. Kute nge 1824 wesuka ubawo no-Nxhe, kwa-Mankazana, beza esikolweni e-Gwali, wafikela ubawo kwa-Matshaya. Ngeloxesha ama-Ntsikana ayese wonke, aye ebepétwe ngu : Pálaza, Hogu, Xelewa, Rwexwana, Mazaleni, Noyi, Ma-tshaya, Péyi, Mtyóbile, Nginya, Támo, nabanye. Ayeke onke epetwe ngu-Kobe, into ka-Ntsikana, umfo olunge kunene pezu kokuba abantu beloxesha babencóle kakúlu. Afika ama-Ntsikana, e-Gwali, u-Búluneli epáhlwe ngamalawu akwa-Sihota. Beku-tiwa elama Lawu icala, e-Gwali, ngumzi wase-Magwangqeni, kutiwe elinye icala lomzi lelama-Ntsikana. Wahlala-ke apo umfo ka-Gaba walishu-mayela ilizwi lika-Tixo kwagqoboka abantu aba-ninzi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukuvela Kuka Ntsikana umfo ka-Gaba

Kwati xana umzi uxonxe kunene indlebe ukupúla-púla u-Nxele, iziziyunguma emzini wonke, wavela u-Ntsikana, eselesiti yena kutiwa :—"Pútúma abantu, u Nxele uyabalahla."

Kwati ese-Gqorá, kuba wayete ngalanto yokuba bekusitiwa ama-Ngqika ayakuba zinkuni, imbóvane namawa, naye wavuza namanye ama-Ngqika awaye támbele inteto ka-Nxele, esoyika nokoyika ukuba yenye yezonto zibáliweyo, ngasentla, waba kwa-Ndlambe e-Gqoŕa apo. Wati ke ngamhla utile, wavuka kusasa lingeka púmi ilanga way' ebuhlanti ; njengoko belinjalo isiko lakwa-Xoŝa ; indoda ibivukela ebuhlanti.

Ekufikeni kwake-ke ebuhlanti upángelelene nenkwe-nkwe egama lingu-Ngcongolo, u-Mlawoti elinye igama layo. Le-nkwenkwe yayi ngumtshana ka-Peyi into ka-Ntshingana enkulu, no-Céwu ekunene, ozele u-Mhana, Ngcolomba, no-Dayile osisityebi segusha nenkomo e-Rafu ngoku. U-Céwu lowo wakúlela kulonina e-Mamfeneni, ahanye sebemazela ubu-Mfene, kanti ngum-Ciŕa. U-Peyi ngu-yise ka-Gcoba, um-Ciŕa. U-Ngcongolo ngokwake yinto yase-

University of Fort Hare
Together in Excellence

ma-Nywabeni. Inkwenkwe le yayíbamba inkonyana, yena eman' ete tyu ngesisu emivalweni. Ite iminzwi yokupúma kwelanga yema kuye, yema enkabini yake yenkomo ebeti ukuyibiza ngu :—

Hulushe, u-Ng!ez' eqámtweni,
Ilunga lamapákati.

Uvakele esiti enkwenkweni, " Uyayibona-na lento ndiyibonayo imi kum yema kule nkabi ? " Ite yona hayi. Wetshintshilili-ke omnye waya kungena endlwini yodade boyise. Ute-ke waman' ehleli kwada kwangena u-Ngcenge, wati ngokungaboni wamnyatela, bamtetisa abantu, koko yena usuke wati myekeni ubenga-ndiboni okunene. Emva koko ute esendlwini (wati kuba bezimbini izindlu zake, kuba abafazi bake bebebabini) yomncinane wesuka wapúma waya kulandlu yomkúlu, waman' ehleli kungeko nto ayixelela bani mayela nento abeyalame kusasa. Kute kuba yayilixápétshu ukulungisele!a kusiyiwa emdudweni lomini, waman' ecombéla kancinane ukulungiselela wada washiywa. Ute kwakuba semini, ngokubek' umzi, wahamba wasinga emdudweni apo kwa-Hlahla. Kwadudwake ngomhla lowo, eman' ukutúlulisana amabandl' ama-Rarabe, wada naye waconiseka,

U-Nokónongo,
Imaz' egush'ibele,

Ukuya kungena eluhlwini, wasuk 'umoya wasipótshongela, waselesiya kuhlala pantsi, wapela umoya akuhlala.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Aduda akayeka amabandla akóna, zatsholoza intokazi. Usukile kwakóna, wanduluka umoya wenza kwa isipóntsholobe, wabuya waya kuhlala pantsi, wapela umoya. Amfundekela amabandla akowabo. Ubuye wesuka waya kwaseluhlwini, wavuka umoya wasisiwandawili, ute kwakuba njalo waselesit' kubantu bakowabo, "Hambani sigoduke," ukanti esitsho-nje sekuvuke lanto ebeyibone kusasa. Bate bakufika emlanjeni e-Gqoŕa, wayihlamba imbola xana bagodukayo. Bamangaliswa kunene abantu kukusuke awushiye umdudo. Bamangaliswa kukusuke ayihlambe nembóla akufika emlanjeni. Beye bafika ekáya, kwahlwa okungaliyo, waye lomntu engakánkanyi nto mntwini ngento emgumbáyo, wasuka waya kulala.

Kwati kwakusa ngemini elandelayo wavukela kwasebuhlanti. Uviwe ngasebuhlanti apo selelugwaluma esiti :—"Lento indingeneyo iti, "Putúma abantu U-Nxele uyabalahla, akuko bantu baya kuvuka!" Utsho wati, pútumani inkomo yam kuye. Wasuka umzi wati cási pandle, liwute tshipá ukuba azi umntu unantoni-na, baye besiti, fan' ukuba uyageza. Ute-gugugu wabékisa kubo, wati :—"Mna lento indingeneyo iti, Makutandazwe." Bate-ke abantu bakubona lento bakúpa u-Peyi no Kúpá ukuba babike emzini, waye umzi selusuke wazishwayimbana ngento ongayaziyo engene umntu ongaka.

Ute wakuntontelana umzi wate[illegible]umfo ka-Gaba wati, "Lento indingeneyo mzi wakowetu iti, makutá,

University of Fort Hare
Together in Excellence

ndazwe, injalonje-ke lento akukó mntu uyakuyazi ingenguye u-Ngcongolo" (Rev. Mr. Read umfi omdala). Zite zakunduluka izizwe wawuqala umsebenzi omkúlu awawutanda wawugcina kwada kwasekufeni, umsebenzi wokushumayela i-Lizwi lika-Tixo.

Umise, wati, makupútunywe lankomo wayeyiťume u-Nxele, bate bakuti abantu awayebatúma asimazi, okunye akakuvuma nayo, wati yena, umntu eniyakuti xana niyayo emzini nihlangane naye, nguye lowo; okanye akasayi kuké angavumi nayo woninikela. Kwaba njalo okunene, babuya nayo inkomo leyo. Ute-ke makuyiwe kushunyayelwa ku-Ndlambe into emgeneyo. Eye washunyayezwa ufike wati:—"Mak' alale u-Ntsikana ndisapúlapúla u-Nxele." Upïndise abantu wati, "Lento ayitsho ukuti mandilale, iti manditete." Babuye bengenazwi. Kute kwakubon' ukuba kunjalo, yafika imini yokuba isizwe siye kwa-Gompo, apo u-Nxele wayesiti abantu baya kupúma kóna. Saqokoza isizwe, waye u-Ntsikana esiti, "Niya kubona, ayikó lonto, into mna endiyibonayo niyakubuya senizingela inyamakazi." Uti owayeko, "Sanelá ukuhlamba-nje kodwa, saba singaqwalasela, saqwalasela, yaba yingongolotela." Kanti-ke baya kubuya sebezingela okunene.

Waqal' apo-ke umzi ukufun' ukuti ngxumbu ngokuti, inteto yomfo ka-Gaba inamava.

Ukubizelwa Kwabantu Etyalikeni

Ubesiti ngoms' obomvu apuma eme pámbi kwendlu

University of Fort Hare
Together in Excellence

yake, ati :—*Sele ! Sele ! Sele !* " Yizani nonke zihlwelendini, yizani nina bantwana, nize kuva izwi lale-Nkosi, ilizwe libuyele layingqongana, owoliva ngowolihlaulela. Sabelani niyabizwa ezulwini ! Sabelani niyabizwa pezulu ! *Sele ! Sele ! Sele ! Sele ! Hom, hom, hom, hom !* " Atsho-ke ati ncincilili angene kwase ndlwini. Yeka-ke abantu ndawonye nentsapo ukuya. Womana ebubula, ebubula, pambi kokuba atyalusele ukuvuma. Kuye kwaya kaloku kwakúngela, abesele bárúmla umfo ka-Gaba seleyingwexa amehlo, kub' amehlo aké ebemakúlu ebomvu. Ityalike ibingena kabini, kusasa nangokuhlwa ngemihla yeveki, iti nge-Cawa ingene katátú, kusasa, emini, nangokuhlwa. Lwaye uninzi lwamabandla lusiti uyageza, makasikwe, lalivusokazi elikúlu elo.

Iculo lika-Ntsikana

Ulo-Tixo omkúlu ngosezulwini ;
Ungu Wena-wena Kaka lenyaniso.
Ungu Wena-wena Nqaba yenyaniso.
Ungu Wena-wena Hlati lenyaniso.
Ungu Wena-wen' uhlel' enyangwaneni.
Ulo dal'ubomi, wadala pezulu.
Lomdal' owadala, wadala izulu.
Lomenzi wenkwenkwezi, nozilimela,
Yabinz' inkwenkwezi, isixelela,
Lomenzi wemfama na, uzenza ngabom ?
Latet' ixilongo, lisibizile.
Ulonqin' izingela imipéfumlo.
Ulohlanganis' imihlamb' evalanayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ulomkokeli wasikokela tina.
Ulengub' inkul' esiyambáta tina.
Ozandla zako, zinamanxeba Wena.
Onyawo zako, zinamanxeba Wena.
Ugazi lako limrolo yinina ?
Ugazi lako lipálalele tina.
Lemal' enkulu-na siyibizile ?
Lomzi wakóna-na siwubizile ?

Kuko indawo esinqwenela ukuyilungisa kulo eliculo lika-Ntsikana kuba ayivakali nto iyi-tétáyo. Lendawo ikumgca wokugqibela iti :—" *Lomzi wakóna-na siwubizile* " iyimposiso. Lamazwi ebefanele ukuti —" *Lomzi ka-Kónwana siwubizile* "—Lo Kónwana wayeteta yena nguyise bo *Jotello* no-*Jiyelwa* nabanye ; yinto yasema-Jwareni, ka-Mtika, yomlibo wakwa Soga. Lomzi wayewumemela enguqukweni kuba ubulumelwane oludala lwama-Cira olwalububukwé bake, kuba umkake wase-kunene, unina ka-Makómbe (Dukwana) yayi ngum-Jwarakazi. Mhla wasabela lomzi kumhla kwaguquka u-Mazaleni, kwati ukwalekela oko kwaguquka u-Soga, " U-Songcangcashe, udolo limdaka " into ka-Jotello enkulu. Lò-Kónwana ngumyeni wasema-Bambéni, kwa Rila.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Izibongo Zika-Ntsikana Gabá

(Yimbongi Yakwa Gompo)

Enyanyeni kwanti entlango,
Ngamhl' utile lapum' ilanga,
Nase Gwali njenge siqélo
Koko lahluka ela lomhla.

Kuba wavuka oka Gaba
Nenkwenkw' ebi tanda inkomo,
Basing' ebuhlanti bevuka
Njenge soko elo lesiqélo.

Yintonina lento kwedini ?
Andazi nam ndisate manga,
Ilanga ku Ntsikana limi
Lahlaba kwi nkab' abeyitanda.

Yintonina namhl' ehlileyo
Pakati ko Gaba ne langa ?
Kusasa limbonise into,
Emin' alivum' akududa.

Nditúnyiwe kuni Maxosa,
Kutiwa iyeza imihla
Ekuya kufika intlanga ;
Zivel' Empuma nase Ntshona.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yenjenje ke wena ka Mlawu ;
Mapákati naba numzana ;
Lahlan' amab' amasik' enu
Utsh' u Menz' wab' aba numzana.

Enkosi Ntsikana ka Gaba,
Utete watsho oka Mlawu ;
" Koqala mna ke ukungena
'Ze lento bayibon' ubukúlu."

" Unyana ka Mlau li Lawu,"
Atsh' amapákat' egqugula,
" Masitsh' ukumngcikiva kwetu
Ukuze lent' abuy' ayiti tya."

'Ndlela zenqwelo nanzi namhla,
Xabiso lenkuni lamanzi ;
Yonk' into namhla iyabonwa
'Yatetwa kusese mnyameni.

Yintw' entl' ibuyambo makába,
Yilahleni yonke imvelo
Sabelani koka Rubusana,
Itsho imbongi ngelayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Izibongo ezingo-Tixo

Ngumt' omde ohlabe pantsi napezulu,
Obufanelw' ukubongwa ngawo amahlwempu,
Obufanelw' ukubongwa zizo izityebi,
Obufanelw' ukubongwa ngawo ama-Tshawe.
Nguso-Nqénqé, *usālà sinecíbi* ngapezulu,
Ulu-Talatala, undlov' inemixák' ezingalweni.
Ngumang' angabonwa engasokuz' abonwe liliso lenyama,
Kodwa ukuz' abonwe wobonwa lelompéfumlo.
Ngu-Nkos' iyabazi bonke abangabayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imbóngi Yomnqamlezo

(Ngu M. K. Mtakati 1884)

Nkunkutela enkulu masikubulele :
Duma barwaqele
Ukwelesitatu izulu,
Mdibanisi wemizan' eyalanayo.

Ngxam enkulu yase Betelehem
Ngazi bayibuza nganin' abeli lizwe,
Ingazang' ilishiy' izula inenxeba,
Kok' uwazuzile wen'e-Golgota ngenxa yetu.

Sitshatshela esikúlu somzi obengezelayo lilanga,
Kanti oko bungcwalisa bako obududumayo ,
Sikuhlaba ngemitándazo, sikuhlozinga
Ngemikwá yetu, sikutintitá sikuqwemema.

Intliziyo zetu zenze *ibuyambó*
Jayi omkúlu wezihlwele,
Nyotúla Yehova lentsapo yakowetu
Enzonzobileni yobumnyama.

Nyulushendini ngenxa yetu obe sigculelo,
Mtwáli wendeleko zabantu ;
Menzi wonqangazo e-Golgota unzonzotéka,
Mhlabi ngezihlabo usezulwini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngonyama enkulu ye Judeya,
Ngonyama yesizwe sika Juda,
Engena koyikeka nangona *ibárula*
Kwezetu intliziyo eziswele inguquko.

Qadi elikúlu lasezulwini,
Elangnongnozelwa ngenxa yetu ;
Pápása udaba lwase zulwini
Kulemiganxanxa yelilizwe.

Wen' omfefe zingenakulandeka
Ngokusiza abalambátáyo,
Ogazi lako lamfononekayo,
Uzizingelel' imipéfumlo.

Wen' owapúziswa ukufa ngenxa yetu,
Wam' pútisa *obesigagamela* ;
Opánzis' ubumpi emnqamlezweni,
Ucamagushela imbédlenge.

Kúlisa intsapo yeli lizwe
Ngengweletshetshe yezwi lako ;
Velela umlisela nomtinjana
Uwukókelele ezulwini.

Ramnco elimehlo anjengawesibane,
Sinungunungu esingcwele sesinunzela,
Lukúnikazi olumasasawula e Bethlemjuda
Abati belunqula babelucecela.

Kálimela ubuŕalaŕume nobudenge,
Kwintlanga zomzantsi nompezulu ;
Sebe lesaqoni kwesezulwini i-*Paradesi*,
Kúbalo kwabenziwe amanxeba engu-Mtyóli.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ibone ntonina lenzalo 'kwa-Jesse,
Lento ibuya imtándabuza e-Golgota ?
Yanana isitsaba se-Golide ngomlilo—
Tsheli *Mikayeli !* vela usilamlele.

Nzwana ka Tixo eyafel' izono zetu,
Yatwála awetu amatyala nezigxeko :
Ngubanina oyakunyuka induli ye-Kalavari
Etwel' ezak' izono ezisa kuwe yise ?

Sixeko se-Jerusalem esizele yintlokoma,
Eyenziwa zi-*Kerubim* ngamapïko zidumisa
Zivuma ngemilomo ubuqaqauli bako,
Yenza nati sitémbe sofika senjenjalo.

Xelela aboni basabele ezintabeni,
Nabasezintabeni emancamin' omhlaba,
Basabe ngoloyiko uburálarume bako—
Kanti nalapo Yesu nguwe ongapámbili.

Hay' intombi zelilizwe *ezingaconiswayo*,
Bona zona azilwenzanga uzilo,
Kanti ezakwa Juda zilele ezintabeni,
Zive kusitiwa intombi inomntwana.

Mntan' unanina lo use-Betelehem,
Simve tina ngabagqiti *Emzimayi*,
Bati' uhleli nonina esitalini,
Babuye besiti uvela ezulwini.

Uzungaqumbi noko siti usiqalekise,
Ng' aba lenyaniso siyigxeka,
Kuba novuke encwabeni asityela
Singekolwa noko kuwe singakwazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bon' i-Tempile zako ngamanxowa,
Imitendeleko yako ishiyiwe,
Nendlela zesikúngo zimile uqaqaqa !
Ipina imbewu yakwa-Xosa neyase-Mbó,

Yokwenzela indlu yako intlokoma ?
Sahluke pina tina kwabalandulayo
Ku Pilati ukuba bayamazi,
Nangezabo izandla bambetelela ?

Mkósi mnina lo ndiwubona ute rerelele,
Uyijikeleza lemvana inamanxeba,
Wambéte wonke iminweba efanayo,
Ikázimla imhlope njengengqele ?

Ndaza ndeva ilizwi lindityela—
" Aba ke bate dwe ubabonayo,
Ingubo zentliziyo zabo zihlanjiwe
Egazini layo Imvana ;

Abate ngoko bavunyelwa
Ukungena ngamasango kulomzi
Benokutya ngoko ngokutánda
Kumti opákati emyezweni."

Akwaba nati beli lizwe soxunela
Sakuva kubaliswa ngelo káya,
Ukuba kunye nabo sebelapó,
Sibuse wena Yesu kwelo Bótwe.

Mntyangampo mnina lo uvela e-Lebanon,
Wehlisa elilizwe wemisa ngo-Túkela ?
Ndiwuve kwintlango ye-Kalahari,
Ubik' ubukumkani bezulu bukufupi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Satshabalala isizwe ngokuswel' igqira,
Siswel' *isanuse* na tina sivumise,
Ké sibuze lo-Yesu umkóndo wake,
Kudala ebikwa simtándabuza ?

Side satátá intonga sabekelela,
Sifike *iqqira lise Tyalikeni* ;
Libike nto'nye mna ndipúlapúla—
Lo Yesu nize ngaye ngu Tixo ngenyaniso.

Batyelwe ngubani-na aba base Tiyopiya ?
Nanku nabo sebekulesesha *emqulwini*,
" Ukókelwe njenge mvana isiya ekuxélweni ;
Kuba nawe ute cwaka akwavula mlomo wako,
Njenge gushakazi pantsi koyigugulayo."

Makuvuke impopóma yendumiso Emqanduli,
Ivuselele inzwinini yenguquko e-Tánganyika ;
Ipákamise nenxila ezonweni emlonyeni we-Gqili,
Liukaulele lomqukuqela ngomtándazo emafini.

Zipina impapéla ezasala e-Mhlatúza,
Ekubulaweni ngumkónto nalíele ?
Nabawel' Umsunduzi beligcuntsu
Elapila ngamatámbo naludaka ?

Senze sikúmbule intsizi Mhlanga
Xa babebïnqe incá ngokuswel' ingubo,
Wabalwisa bazigxota nentshaba zabo,
Besilwa nazo ngentonga zo-Mbangandlela.

Yenz'-amanzi o-Mkómanzi ahlokome,
Enze isijwili nesikálo sikúmbule
Ukuba siyinzalo kowabasándisayo
Ekubulaweni kwintlambo yo-Mpánza.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bekungaseko namnye-na Mesiya
Oseleyo asenzele ibali lezinceba ?
Nanku site sakufika e-Mlungwini,
Salibala sakulahla sakugxeka.

Sixokolo samakólwa esise-Nkandla,
Nzwan'- enkulu ezelwe kwa-Wesile,
Bangene abase Tshatshi ngotélelo,
Kanti ikáya layo linye yi-Zion.

Ndlovu ekumka kunemigudu e-*Nain*,
Yenze imfama yakángela e-Jeriko ;
Nesidenge e-Dikapolisi sitetile,
Siti uvuse obefile e-Betani.

Dibanisa Impenduza no-Mkámbáti,
Zijabule pantsi komnqumlezo ;
Hlongoza abemi be-*Ntwanazana*,
Basabele balandele indwe yako.

Báng isa intlondi ezimbi Emzimnyati,
Ude u-Mrolosi no-Mpompoti
Yangane nom-Zambezi ngenguquko,
Ziqáyise kunye ngo-Baptizesho.

Qause elikúlu ngesikutántasa,
Gxumeka i-Bánile yezwi lako e-Mlambongwenya,
Ibebezele ngenxa yako emafini,
Ibabaze ubukúlu bako Immanyuweli.

Ntab' endlw' enkulu yezikúngo,
Sihlala sodw' endlwini njenge nkaka,
Sihlala sodw' endlwini yase ma
Kanti kulondawo ugodukile.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kåka kampetu kwibandla lo-Baptizesho,
Kåka lomzimba nompefumlo,
Sozipépa ngawe sakupétela
Intolo zokufa nezesi-Hogo.

Ngcongol' etyunyuzwe lu-Betélo,
Ukwenzela aboni basindiswe ;
Gxalaba elitwél' umti wezigxeko,
Ukuze umginwa atwåle isitsaba.

Sifuba lugangato kulo-*Gabriel*,
Menzi wenkwenkwezi nezilimela ;
Umntan' okulala kumbåmbålala,
Wantsuku ntatu ngolwe-Sabata.

Ngubanina ote masisabe umsindo ozayo ?
Note lomsindo ubuyile ngubanina ?
Nanku sonwabile namhla singatútúmali,
Ukuvuma izono zetu pambi kwako.

Amatåmbo alele ekufeni Emtómbe,
Makabetåne ngamadolo etåndaza ;
Namawak' ancwåtyw' e-Sandlwana
Makenze ungqungo esangweni le-Zion.

Kånitsho lo ute inkolo mazibe mbini,
Oko u-Tixo ate malube lunye,
Amasiko obumnyama nobuqaba
Siwashiye ukuba sikólwe senze nina ?

Wena akucekecwanga siti ugweleqiwe :
Siqale ngokwamkela u-Baptizesho,
Kanti noko intliziyo ne[illegible]wa yetu
Asiyako yeka-Satana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Qwaqwadu lwenzulu ye-Nkakayezi,
Olwenze sambát' ubuqaqauli,
Sasaza u-Mbonambi nge-Tempile,
Nezikol' amariwa om-Gungundlovu.

Velela umtinjana ngenguquko,
Uyincame ingqongqo nomyeyezelo,
Ubambáne ngezandla emfundweni,
Ungene ubambáne enyangweni udumisa.

Kálipisa umlisela weli lizwe,
Ngenkolo ubédeshe wena Yesu ;
Ululahle umetsho nomtshotsho,
Uzukise ubuko bako Immanyuweli.

Kuze kudunyiswe wena Yise,
Nawe Nyana, nawe Moya,
Kubek' uzuko nayo yonk' imbéko
Kude kuse kulo ipákade.—*Amen.*

University of Fort Hare
Together in Excellence

Isimangalo sika-Tix

(*Isaiah i.*)

(Ngu W. W. G.)

U Yehova uyateta
Nani, ntlanga zomuhlaba,
Umangele kulw' izulu,
Elokáya lipezulu.

Bek' indlebe wena Zulu,
Wena káya lobunyulu :
Ndimangel' u-" Akunani " ;
Ndideliwe ndingu-Mdali.

Olusapo ndilondlile,
Ngoku lungo-" *Qèlesile,*"
Kanti ndizi kúlisele,
Ababantu ndizondlele.

Q'ipu kanye ! abandazi,
Kwa nekáya abalazi,—
Kant' iqwara, la'a nenkomo,
Ziyamazi umninizo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ababantu kupélile,
Bango " 'Zwe-liqélesile,"
Sebe *kákâ-kamupétu*,
Sebengenwe nazimpetu.

Sekutámba ixálanga ;
Umpefumlo uyanuka,
Yilo ntshontsho, yolofuqa,
Yompefumlo *onegqitâ*.

Ndimangele kuwe Mhlaba,—
Kuba nguwe umdlezana,
Owanyisa abantwana,
Sebebéde ama " dlaba."

Bayanuka, bate bútyu,
Mina, Yise, ndite ṙuqu :
Ndibabiza ngamac' onke,
Ndibameme ngako konke.

Bazonele ngokwenene,
Umdlezana makapúse ;
Omalanga babalele,
'Ze bacïtwe nazimfazwe.

Bangalima, bapándule,
Ngamakúba baqandule,—
It' imvula ndiyibambe,
Imibete ndiyivimbe.

Bangakúpa nemijelo,
Ndoyomisa imilambo ;
Bangafuya ozimfuyo
Zozinkomo kuti, " mo " ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nomahashe, nozigusha ;
Ozimali, nenciniba ;
Ozibókwe nenqanawa ;
Senditshilo,—*ziyatshaba*

Sel'i-Ndim-nje, omangele
Kule nkundla ndikátele.
Ningabuyanga kwapéla,—
Senifile, kwa-impela.

Ungo-Wam umhlaba,
Noko ningo "Béd' indlaba."
Ndininike ngesi sisa ;
Ndinenzela nindisola.

Ndoni gxóta, kulo mhlaba.
Ndini-gxóte, kwela káya ;
Isipélo ke yinina ?
Singu-Ati ! ati ! ke-mna.

Zihlambeni, zicoceni,
Obububi, bulahleni ;
Kánipeze, nqumamani,
Ukwenz' ifa kufundeni.

Púngulani imitwálo
Yabo babandezelweyo ;
Gwebelani inkedama,
Kufuneni ukugweba.

Nabo nabahlololokazi,
Ukuze bangasileli,—
Yenzani ubulungisa,
Xa nipéte ukugweba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kắnize ke kḗsixoxe.
No Yehova sidibene :
Nokw' izono *sekumṙolo*,—
U-Yehova seletshilo,—

Zoba mhlopḗ ngokwe kḗpṹ,
Zibe mhlopḗ njengomqắpṹ,
Zibe *wezá*, njengoboya
Buhlanjiwe, obegusha.

Not' ukuba ninemvume,
Okunye ke nilungile,
Ilungelo lalomhlaba,
Ndoninika, nolixàmla.

Okanye ke nimangala,
Seni bḗda kwanedlaba,
Nakutshaba ngalw' iṙele,—
U-Yehova utetile.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Icebetshu Lokusinda

(*Acts xxvi.* 28)

(Ngu W. W. G.)

Wa mfondini wakowetu!
Watsh' ukumkan' u *Agripa*,
Kuse Bôtwe, kuse Bandla.
Sel' ingaw' amacebetshu.

Kuy' lemini, ngelityala,
Sendipants' ukweyiseka.
Ubuyile ngeziténde,
Esiswini kute *sente*.

Wakungena kweza 'ndawo,
Kukade zaprofetwayo.
Suke qabu okwenene.
Ndaxakeka kanye, kanye.

Ezindawo zindingene,
Inyaniso, okwenene;
Ingaba ke ngu Mnûmzetu,
Ekungaba kubusuku.

Senda kufa *ndine linqwa*,—
Ndixakiwe ngu Mntwenyana;[2]
Sel' enga ange engekô,
Ngendibekela e[illegible]ko.

[1] Festus. [2] Bernice.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sendifane *ndangu myeke*,
Sendi ngumnt' osel' epántse
Ukusinda, andasinda ;
Hay' bunzima bokupántsa.

Bukukufa ufikile,
Elilizwi ulivile,
Wango cúba ubu yeke,
Sel' indaba uzivile.

Bangapi-na abapántse,
Abo bafe befikile ?
Babe ngaba cópïleyo,
Sebe ngaba pantsileyo ?

Ngababuye emunyango,
Welo sango losindiso ;
Ngaba budle ngaw' amehlo
Obọ bom bungapeliyo.

Baku tshixiz' amazinyo
Kweso s'hogo somulilo ;
Kwelo wuba libunzulu,
Bungapezu kobunzulu.

Kwa nanamhla o-Agripa,
Ababanjwe ngo mawonga
Bubuncwane, naziyolo,
Nemihlali yobunono.

Abapántse kwakupéla,
Banqatyelwa kukugqitha,
Lomiyeke 'liwangala,
Emagama ngamagama.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kuma Kristu, kozi nq́ola ;
Kumanxiba, kumaqaba ;
Kuwo onke amabala,
Imiyeke kuyafana.

Masingene ncincilili,
Etèkweni ngapakati ;
Singapá́ntsi ukusinda,
Kanti nokw' asikusinda.

Xa sivayo inyaniso,
Yeli lizwi lika Tixo,
Iseyisa emxélweni,
Masibé́k' emnqamlezweni.

Masitshece lomsontwana,
Ucakatise isimanga,
Ngoku bé́ka kongu-Yesu,
Wowunqamla kuti mu tu.

U Agripa ngowapá́ntsa,
Ukusinda kwakupé́la.
Nati njengay' u Agripa,
Saku pá́ntsa, *saku ndita.*

University of Fort Hare
Together in Excellence

"Ingxoxo Enkulu Yom-Ginwa nom-Kristu"

(Part I)

(Ngu W. W. G)

La madoda ayencokola ehleli ngase buhlanti, encokola ngento ngento ade eza kupâtelela nakwezase-Zwini, nemfundo, nemibuso, owasema-Xoseni nowasem-Lungwini. Kubonakele ngexesha elifutshane efudumala omabini, elowo exâtisele elakć icala.

Usukile u-*Pâkade-likóyo* eselefudumele, wawuncoma umhlaba, way' ebongisela nangobu-Kristu, nemfundo, kwanombuso wasem-Lungwini, wazek' ezantsi ukuteta kwakć, wati :—

Umhlab' uyolile, kunguwo lonyaka,
Usuka amadlu, udloba, utwela ;
Utalas' igidi, umnandi Wancama,
Uyolis' udlubu, unaw' amatshamba.

Utćmbis' ubuntu, ubong' isidwandwa,
Unaz' izinyanya, wotúsa ngezanya ;
Ayabćkabćka onk' amagqoboka;
Angen' eluhlwini, ayawutelela.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umhlab' uyolile, uvus' okudala,
Zintlombe, 'migidi, *kwane ziheula* ;
Kusinw' ingodwane, 'miqolo yenamba,
'Midudo, kuleqa akukó ǵitala.

Kusilw' imitâyi, Kuselw' indloloti,
Kuselelw' ukufa nasezikolweni ;
Inkol' itshitshile, ipél' isidima,
'Ma-Kristu zintusi, ngo-*Jingqi-mabala.*

Kusil' idyakana, kujole omdala,
Kusil' otitshala, kunxil' abantwana ;
Akuko mahluko kum-Kristu neqaba,
Bahleli behluti indyeb' eliteya.

Umhlab' uyolile, ungat' usafika,
'Kulila *imbândè* yomti Wotalaso ;
Yotywala bom-Xosa, bucim izinǵala,
Buncas' inombiza enyanga umxélo.

Imizi ka-Tixo, 'manxiwa kupela,
Kumke bafundisi, kulil 'izikóva,
Ezityalikeni kukwa-Mnebese,
Kufiwe impela, kusingwa kwasemva.

Imfundo yintoni, bap' onyana benu ?
Bagqibe lamazwe, befun' inikisi,
Yonanto ifunwa zintaka inkuku,
Kusa ziqondele, kuhlwe zingayiboni.

Baxwaye nxówana, zizele ngumoya,
Zihabile-saká apa zimdakana ;
Banxule tasana 'zinonǵe yuwana,
Benama pétshan' okuǵatânisela.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bemke nalemfundo, niyenze igugu,
Niti initïmba nibe niyincoma ;
Bemkile kwapéla namangabangaba,
Bemke nesigubu sotywala bomlungu.

'Zip' intombi zenu, i-Zwi liyintoni ?
Zigqibe lomhlaba zifun'o-Misisi ;
Ziqeshe zindlwana, *ziqúm' ulwamityi*,
Zivum' *o-vayise* ezi ndlolotini.

Nalahl' amakázi nalahla ikáya,
Namhla nizigudu kwanama *bungela* ;
Nivinjwa nendaba, nenziw' abantwana,
Ningama fikwana ango-*Nxu-mkónjana*.

Nafane nalahla, umbuso wakw' enu,
Nagalel' emzini, watshona owenu ;
Nifana kwanati, nipóko-pálala,
Ngombus' enikuwo, nidumb' amaqeba.

Suduka mfondini, akuko nto into,
Yekani sisele, sinxile sitshabe ;
Akukontw' isento, umhlab' upelile,
Nambuso, namfundo, nali-Zwi, tu nto-nto,

Sesincamamisa, nangona sekunje,
Kwakulamasiko, aseluhlangeni,
Sasivele nawo, kwase mandulweni,
Sincamis' umxélo, sesifile kade.

Simfaninye nani, akuko mahluko
Kumbuso, kwimfundo, mawo mawoshe ,
Yizani sisele, sidude, sixéntse,
Sibúbé sipéle, *O-Kúnu* badlule.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Iqaba, gqoboka, bahamba nge pasi,
Nomvuz' ukwanjalo nasentsebenzweni ;
Kwindlala, nezifo, kwiŕafu, notĭimbo,
Ndifung' umkẃekazi, *induku nentambo.*

Siselel' ukufa tĭina bomaqaba,
Side sitshonele siye ko-Lwanganda ;
Kwi-Nyangw' epé́zulu siye kundileka,
Kub' asitá́katĭi asikuya kutsha.

Simke kwezi ŕafu nombus' olidlaka,
Waqondwa kudala, kwangama ŕanuga ;
Alahla ancama, kwanama-Hintsati,
Namhla yonke lonto, *matól' esagwityi.*

Zikolo nangena kumzi wasemzini,
Nashiya i-Nkosi neza emlungwini ;
Nawucĭit' umbuso, natelel' utshaba,
Nalahl' imbó yenu, ngomz'u-Pó́yiyana.

Umhlaba ubonga, kujub' izigweba,
Kuvuk' izigxabé́ nakuma gqoboka ;
Inkolo ibĭitye yaba yintshwenyane,
Ingine, inzonze, yaba *lubivana.*

Ifuz' ulovane ludyojwe ngentshongo,
Ngemin' elishushu ilanga le-Hlobo,
Lona lufinyela lube luqotwá́na,
Lunesizotó́ngo sentsila yecuba.

Uzwelizayo

Kawupé́ze mfondini, ká́wuyek' ukunaba,
Kawubuy' izité́nde, ingcinga zingxute,
Uye kwezomini ulilela zona,
Ukuba ngazo-ke Watĭin' u-Ntsikana ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Engeko umlungu, bungeko notywala,
Esaxel' ukuti, 'Lumkani ma-Xosa,'
Ngasempuma-langa kuza imipánda,
Nasentshona-langa kuz' ifatyazana

Zombin' ezondywala zitsolele kuni,
Ze nizicezele, lukwékwe lwexwíli ;
Ziza neshwangusha, nosala nenkwitshi,
Umgqepé bubutí noba ngamaswili.

Umhlab' uyaqwesha, umhlab' uyahlehla,
Utémbis' inkongo, kufumbat' umoya,
Kulandel' isanga, kutembis isitúnzi,
Kutémb' umshologu, kufaml' enkungwini.

Kuvel' amabala, uxel' ulovane,
Uqatanisela nje-ngay' inqumeya ;
Umhlaba uvele wanaw' amatshamba,
Ulidlongodlongw' elizibék' amacala.

Umhlaba yimbúlu, unxib' ezobuntu,
'Kanti unomsila, uzingel' impuku,
'Lizwe lasemzini, *lidl' ankonazana*,
Linje nge nxánxósi, lipósa mcingana.

Bangapina wetu abamke kumdaka,
Bengenalw' itemba, lingekó nekáya,
Begxotiwe apá, besazakámele
Ezint' utí wena zicim' izinqala ?

Ut' umhlab' uyole, uyol' uyintoni ?
Ungenazingondo zanto zizinyani !
Api amandulo abantu bokuqala,
Bemka kwenjenjani, bawushiya ngazwi-ni ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bupi-na ubuntu, bupin' ubumnandi ?
Kuhlutwa kududwa kusemigidini,
Kubi kuxéliwe nako zintonjane,
Kubi kwalúsiwe ngama kándilili.

Upi-na umncono wamanz' obubomi ?
Káuxele kaloku sicaka sobélu,
Nguban' ongalili zintsizi nentlungu,
Zindlala, nezifo, nguban' ongancwábi ?

'Zizungu nobubi nguban' onganxili ?
Ngamashwa, mipánga, nguban' ongaguli ?
Zikúlu, zityebi, nguban' ongazili ?
Bamfaninye bonke, akuk' usileleyo.

Zipin' izityebi zemali nenkomo ?
Zipïna inqili zabonwabileyo ?
Izizwe zomhlaba ziya zixwitána,
Ngetámbo lomhlaba, zisagxagxisana.

Zibúshulisana, zimfamekisana,
Zisene hokoha, kwanalo *igode*,
Lenzuz' engenafa kwelizay' ilizwe,
Emk' umnt' engumguxa ongumpá wezala.

Zipïn' izikúlu, zipin' indwa lutó
Ekade zifuye zonke, zonk' ezonto ;
Zashiy' elemincili kwanez' iziyolo,
Zipïn izigondw' ezimis' imixélo ?

Uqáyisa ngesono, umnand' onesikwa ?
Osukela umntu kusa[illegible] encwabeni ?
Lonto *lidongwane* lo[illegible] nemasi.
Yiva ndikutyele, ezintw' azinafa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wod' umke-na gxebe, ufel' esonweni ?
Uxele inkumbï efel' emcingeni ?
Mfondini wakw' etu, 'du lenze iguqu,
Nganeno kwencwåba kuzanyelw' izulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ingxoxo Enkulu Yom-Ginwa nom-Kristu

(Part II)

Lamadoda mabini u-"Pákade-likóyo "no- "Zwelizayo" aqubulana ukuti-tshapá kwelanga. Uvakele u-"Zwelizayo" esiti, ká-uqube kambe mfo wakowetu, side siké sive okwako ngomhlaba, nombuso, nemfundo, kwa nelizwi :—

Ndakuké kaloku, ndikwenzel' ibali,
Lamhla nge ntlandlolo, yemfiko ye-Lizwi,
Ndib' ukwenjenjalo, ndibonisa wena,
Ukub' okwenjenje, ndenza iziqonga.

Zale mfundo yenu, nina magqoboka,
Ngezwi lika-Tixo, nizenz' amapámba
Angahlali ntweni. Kuba mhlana nemka,
Nashiy' ubuqaba, nabushiy' impela.

Kekaloku namhla, sisele ndawo-nye,
Nibuyel' ezonto, nanizishiyile.
Izwi lika-Tixo, *niligxabele*,
Inkolo nesono, nidibanisile.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Ngqika abenconywa singawaboni,
Kanti ngabantu kodwa bayakéteka.
Sinxiba zibútsi zimfanele,
Kupéla kwegosa lakwa-Hlanganise.

Ezika-Fandesi Mayo :—

Ntw' endlela isemanzini njengomlungu,
Ntwe kuteta kunenceba kunenyembezi.
Nto yoz' izek' intombi ye-Jamani,
Koze kuliwe mhlan' itshatayo.
Ntamb' eqauka ibuy' itúngelwe.

Ezika-Lolo Hlanganise :—

Ke ! Fularâ, ke ! nto ka-Hlanganise,
Nkabi zalenqwelo ngo tshinyonga ;
Ndifike zingqunga ku-Nontongwane,
Ndakángel' ukubila kwamagxagx' aziqúbayo.
Nciniba zisuka ngamapiko zase-Mvane ;
Ke ! zagwityi asintaka zikwélayo.

Ezika-Gqolonchi Mhase :—

Kúbusi lidume ngamazimba,
Eli lingezantsi lelama-Ndlambe.
Táfa le-Colosa lingenankuni,
Alifanele mnt' uhamba ngenyawo,
Lifanel' umntu okwél' ehasheni.
Sebenzani nibuye kamsinya,
Ingqakaqa le iza nam'ránuga,
Ize nitofe mhlan' afikay' u-Mhase.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Suduka mfondini, utet' amampunge,
Bu-Kristu, namfundo, nambuso wa ntoni ?
Undibamb' amehlo, uti andiboni,
Ndixégo lingaka, akunazintloni ?

Ndeza ndingumfana, apa em-Lungwini,
Ndemka ndinengqondo, ebupákatini.
Izwi lika-Tixo, leza no-Nyengana,
Lacaca okunye, ngenxa Ka-Ntsikana.

Lamkelwa kwa oko, yinkos'u-Lwaganda,
Kwanga kuyaxokwa, kwimihla yokuqala.
Wakóny' izililo, wonk' umzi Ka-Ngqika,
Washukuma wonke, wabupitizela.

Kwafun' ukutiwa, ma' be ukáfulwe,
Ujojisw' ubugqi. Makab' ubulewe,
Kwabikw' emaziko, "Inkos' iyatwásа,"
Ingen' ishologu, lo-Yese unina.

Mayibe okunye, ifuz' u-Gcaleka,
Yen' unomshologu, wokuba litola.
Kwaba yintw' enjalo, mfondini wakw' etu.
Sati yinkatazo, yalo mashologu.

Ati amanyange, u-Yes' akaziwa,
Wafika nenkungu, kwakiwe kwa-Gxugxa ;
Kwabikw' emikúlu, kwantuntelw' umhlaba,
Koyikwa kwankwantywa, kwizwe lakwa-Gcina.

Zanduluk' i-Nkosi, zisiya kwa-Gcina,
Zisiya kubona, u-Yes' uno-Ngqika.
Wenyuka no-Mlau ehamba nehlati,
Wabuy' enxámile, sel' yinto yenkosi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Manditi ke kuwe wagqobok' u-Ngqika,
Walahl' ubukosi, walahl' izitémbu,
Wasinga es' kolweni, e-Tyúme e-Gwali.
Wemka no-Nonibe, yedwa kubafazi.

Washukuma umzi, zahamba nendaba,
Safun' ukuncama, simzi ka-Majola.
Sa zinkwabalala, kwalil' iguburá.
Kwafunw' osiyazi, saba zizantanta.

Wakelwa no xande, wahlala wonwaba,
Umzi upótana, ubúla usela.
Kwenziw' imihlahlo, kwanukwa nabantu,
Kwahlatyw' *Isikolo*, imbangi sizatu.

Walahla u-Mjodo, 'Somatshitshilili,
Exakwe bukosi, nalul' *olungwili*,
Lomzi ka Rarabe, oncu lumashiyi,
Owahlulelene, umntu noy' sekazi.

Londlu ka Lwanganda, yasala ńo-Mjamba,
Wendlu Ka-Sukwini. Ngu nyana ka-Ngqka.
Ngowabokuqala, kwabaka-Nyengana,
Waya kugalela, kwabaka-Ntsikana.

Baninzi nabanye, ababe lamkele,
Boyiswa ngumhlaba, *baxák' intendele.*
Babuyel' umbuso, bagweb' amatyala,
Baba yimisila, batimb' amaxóba.

Ndijike kufupi, ndenze le mibuzo—
Lombus' uqayiya, kwanayo lemfundo,
Ezonto zade ké zaleeda banina ?
Kauxele mfondini, kwakumlambo mnina ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kǻuyek' ukubuza, amandul' omhlaba,
Kuba anditshongo, ukut' akufiwa,
Siti bomiginwa, kufa nina nedwa.
Kǻundive kamnandi, kuxoxa ontanga.

Anditsho mn' ukuti, izwi lika-Tixo,
Ukuteta kwalo, akunanyaniso.
Kub' ukuba njalo, ndibonise kade,
Nge nkos' u-Lwanganda, amandl' elinawo.

Langen' emandleni, omzi ka-*Sivanxa,*
Kwamhla lati qata. Langen' ama Ciźra,
Langen' ama-Tshawe, langen' ama-Jwarǻ.
Lahlab' ezintloko zomzi ka-Majola.

Kumzi wama-Tshawe, nguye u-Lwanganda,
U-Noy' no-Ncamashe, *imilondekǻya.*
Kweka Ciźra indlu, ngu mana ka-Gabǻ.
Kwano-Mazaleni, no-Soga kwa-Jwaźra.

Ngo-Njenje no-Hogu, nento zo-Msaseni,
Kwezinye izizwe. Bamane besanda,
Beshiy 'okunene, lona olu tshaba
Ngalo ndihamba-nje, ndisebudengeni.

Le mibuzo yami, nge uyipéndula,
Kub' ukuba njalo, tina isasondla.
Xa Sibona nani, nibuya kwa ngomva,
Nisiza kwakuti base yimiginwa.

U-ZWELIZAYO :—

Mfondini wakw' etu, zundipúlapúle,
Xa ndikubonisa, ubom bomhlaba,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Inkohliso yawo. Zundinyamezele,
Ndikubalisela, uz' undilandele.

Ndakukuzekela, kumavw' amadala,
Aseluhlangeni selebuntsomiŕa,
Ukuze ngokwako, ukwaz' ukuhluza,
Intw' ezi zifezwa, ngokuzekelisa.

Kuko intsonyana ebuntsompotâna,
Yay' ilusizana inezifundwana,
Ilungelelene, nengxoxo le yetu,
Ndibonisa wena, amav' angawetu.

Intsomi

Kwati kekaloku, kutshiwo yintsomi,
Kwakuko nkazana, isel' ingumfazi,
Yay' siya kowayo, icanda entlango,
Kwati enkangala, yeva ngesililo.

Satsho ngelizwana, elisitshotwana,
Lemveku yosana, lungu ntamekana,
Kwasik' imfesane, kuyo lenkazana,
Ikâle lentwana, kweloxe nezwana.

Lentwana ilambe, sel' imacalana,
Yay' lil' uyeva-na ! ipâte kuteta,
Yayipitiliza, mazw' alusizana,
Abeta yajika, kwapél' inkazana.

Inteto yosana

Dicoye ! ndicoye ! ! dicoye ! ! ! wa mama !
Doze dikupâye, dicoye zezana,
Doti dakukûya, dikwenze mnandana,
Dipéya yipângo, se dityitshwenyana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Doze dikupâye, kwimin' ezizayo,
Wopon' inyakenye, yopom' opukoyo.
Dipêyeke mama, woxamny' inqudequ,
Zayw' eyi pâkade, nedyebo ekâya.

Dafeywa ngu mama, sediyikedama,
Di tshizwa zitsizi, dine hayu-hayu.
Diyi kedamana, eyi tagatwana,
Egenapazayi, napatu pakwetu.

Dinayo negama, umteketiswana,
Diguy' u-Sinama-dikunamateye.
Dipêyeke mama, da qauka yiqqeye,
Dicoye, dicoye, diguy' ukekana.

Lwatsho kabuhlungu, usan' oludala,
Yasel' ipâmbuka, yaya kulutata,
Yayipós' emhlana, lentwan' imanyana,
Iyiseze masana, yahlut' imvekwana.

Yay' pête mahlala, anamafutana,
Yawatwâl' entloko, yamemek' usana.
Kute kwakuba pi, wavakal' umntana,
Watsho ngentetwana, yobutângatwana.

Diseze zezana, dipe mafutana,
Yipe ikekana, kuya mapïsana,
Kuyo maseywana, Yip' u-Tamekana,
Udipe pomvana, owak' umcoywana.

Lwahliswa usana, ngunin' umdlezana,
Lwapiw' amafuta, kwelinye ihlala ;
Lwaman' ukwenjalo, amaxa ngamaxa,
Ad' asuk' apela, onke lomaselwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lwabiz' alwayeka, layiy' inkazana,
Yat' ukulandula, yabúla nezandla,
Lwenz' imfakadolo, lwamtwâx' umdlezana,
Lwamfaka uviko, suke nqadalala !

Lwaye olusana, luxake ngantonye,
Lunempau zonke, zokuba linyange,
Lunayo ibélu, lunazo indevu,
Lunayw' imibimbi, namenyw' amakúlu.

Kwanak' ukuteta, hay' indaba zentsomi !
Lwayeke lunjalo, lukâl' ecaleni,
Lomendo wendlela, esinga ekâya,
Lakule nkazana, yacóla lomntwana.

Iti- ke intsomi, kute kusenjalo,
Suke olusana, lwejike ngatyólo,
Kwe tú uxwebetú, selusigebenga,
Intw' emehlw' abomvu, ixégw' intw' endala.

Savakala sisiti, ngegqum' elikúlu,
Ndiya kukukwéla, ndingu sidla-bantu ;
Satsho samdl' umfazi, okad' eskângela,
Samdl' umdlezana, okad' esapúka.

'Yevana mfondini, imbâli yolusana ?
Unjalok' umhlaba, usisigebenga,
Esihend' abantu, ngesaci sosana,
Ulila, nditeta, ngokulusizana.

Ulila uteta, ngayo lemincili,
Nazo eziyolo, zenze isanzwili ;
Uhlel' emendweni, esinga ekâya,
Kwinyangw' epézulu, kwimilondekâya.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukutsho-ke nditi, wuqonde umhlaba,
Ukub' uhleli-nje, uvez' amaq́inga,
Okuwisa onke, onk' amagqoboka,
Abewushiyile, uyawalandela.

Uhlel' enqineni, ngazo kany' ezonto
Uzalatileyo, ukál̊aza ngazo,
Ngazo-ke ezonto, zimhlambi wantaka,
Uwuncoma ngazo, uyalilisela.

Um̈hlaba yinene, usisigebenga
Esingu-Mncamisa, uq́atanisela,
Waginy' O-Akana, nento zika-Kora,
Uginye izizwe, nanamhla usab̈imb́a.

Ingxoxo Enkulu Yom-Ginwa nom-Kristu

(Part III)

Amanḉwi sicaka, kawundikẃelele,
Masenze mafupi, ukuze sivane,
Sixoxe indima, eyakususana.
Sendite mna kuwe, umhlaba woyisile.

Umhlab' uyolile, umzi ugongqile,
Wonke, wonk' upela, uvele ngonwele,
U-Satan' ubonga, kutshone nenkaba.
'Babiza ngoyise, uvav' isimanga.

Irementekazi, isel' isidwandwa,
Ivum' uvayise, izibḗk' amacala,
Isiti i-tempile, yinqu yomshologu,
Ivakal' isitsho, x'iqandul' *iduku*.

Umhlab' uyolile, yinkohla, yinkinga,
Kwimiz' emidala, yexa lo-Nyengana.
Ubukwa nditeta, nanguntamekana,
Oti esavela, amunye nentupȁ.

Umhlab' uyolile, ugangatekile,
Ulilo itsili, lityebe [illegible]na !
Intlangu zewonga, [illegible]b' uyevana ?
Nenkita eninzi, emawakawaka,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yentlangana zonk' ezipántsi kwelanga.
Umhlab' uyolile, inkonzo zizimbó,
Inxitywe inzeku, *kwanesidlokolo*,
Ibamb' ubunene, yeyako-Gwenxane.

Itand' izisulu, ayikó inene,
Iqash' amafusi, ibandez' umhlaba,
Ipet' amakwele, ingene izandla,
It' intetw' endoqo, ingw' idla ngebala.

Maluf' olufayo, sidinwe kuncwela ;
Umhlab' uyolile, akuko namteto,
Udlokov' impela, uwisa nendoqo,
Esezinamava, ku-Nyange-lemihla.

Zizek' izitémbu, zamshiy' elubala,
Abazalikazi, bayimpambámpambá,
Abanye balila, esimantshiyane,
'Kushiywa lusapo, lumka bekángele ;

Beyala belila, bengenakuviwa,
Beyala ngelizwi, beteta ngo-Yesu ;
Konyana nentombi, kusekuli-Awu !
Lontetwana yabo, ayihoywe nabani ;

Ngamanz' epálel' ezintlabatini,
Inxenye kunjenje, yenziwe ngonina,
Yanikw' imikála, yokuzitándela,
Yaqéla ukuya, kwelakwanotanda.

Onina bebonga, bebateketisa,
Yawuqéla umhlaba, kwanoxinopáta,
Ihamba ilala, kwelakwa no-Bánda,
Kwi pati ngepati, zemizi ngemizi ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bakólw' abazali, akwabiko hali.
Namhla zinyembezi, kwizindlu ngezindlu,
Bonke bazigudu, bemkil' abantwana,
Batshula amakóbo, baya kwa-Notánda.

Onina balile, amehl' azidudu,
Basing' *etye-mali*, nakwelimb' ubédu,
Bemka kuzintsizi, zendlala nerafu,
Beshiy' amaxégo, edalas' emdeni.

Bemka kwakupela, akwabeta no wani,
Nanamhla kunjalo, yintambo bayemka,
Basehla nomcinga, *bayalindundula*,
Bashiy' amaxégo, ambéte izandla.

Intlanti zazała, nangumqólodiba.
Asele nentsizi, zomhlab' *olitsweba*,
Baxáp' amagwebu, zibóngobiyana,
Ate nzwi nendlebe, *ngamanqeĩekúma*,

Ayise baninzi, bangenamagama.
Umhlab' uyolile, unjal' udlolile,
Kwinto zase-Zwini, ungo mbémbésile,
Zipéle umkita, zixáy' ubugqolo;

Bati abomhlaba, yingongolotela,
Tina bomaqaba, sakufa sivile,
Izwi lika-Tixo, kade lifikile,
Sixakiwe nini, kuba ninxa-zonke;

Nikó ngaku-Tixo, kuti nigalele,
Siti sakwalŭsa, nisuke nalŭse,
Senza intonjane, nam nivayenza,
Sixéntsa intlombe, zixéntswa nanini;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sizek' izitémbu, nisuke nan' nishweshwe,
Imitshato yenu, yeyetu kwapela,
Onke lamasiko, asema-Xoseni,
Nemka nawo nina, asesikolweni.

Niwenza ngohlob' *olutúng' ama bénya*,
Yinkohliso yodwa, nobumenemene,
Amasiko etu, anxitywa ilokwé,
Ukuz' angaqondwa, nasiti maqaba ;

'Ze nabafundisi, babe nagqoboka.
Iti intonjane, kutiwe yi pati,
Kuzelwe umntwana, kusilwa indywala,
Kuxélw' ozibókwe, kubingw' amadini ;

Igama kutiwe, Kupum' umdlezana,
Kanti-ke lomntwana, ubápatiziwe,
Wafakwa upau, lokub' unikelwe,
Ku-Nyange lemihla, ngok' ubingelelwe ;

Kunqulw' iminyanya, namatiletile,
Ndingatini betu, kungeko nanye-nje,
Kwinto zama-Xosa, engab' isasele,
Ubutí bukuni, amagqwir' akuni,

Onk' amabédengu, asezikolweni,
Uti manditini mfondini wakw' etu,
Pikis' ezondawo, wayek' amagwevu,
Nigqobok' emini, kuhlwe nizincúka ;

Nisezinkantini, nisel' imipánda,
Inani le-Nkosi, ilahlwa ngokudla,
Nipáte kubusa, kwanokutákatá,
Ningabokusikwa, ndifunga' ku-Notayeka.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yizani sixâmle, amanzi omhlaba,
Tin' asikafuni, ukuzikóhlisa,
Sibe ngonxa-zonke, intw' engenacala,
Njengay' u-Judasi, *inceku* ye-Nkosi ;

Kanti nguye kanye, okókel' umkósi,
Nguntaminani, owamkela inani,
Kwintshaba ze-Nkosi, ayipât' inxówa,
Wat' ukuncamisa, ngobo bukóhlisi ;

Wazenza intânda, i-Nkosi wayanga,
Kanti-ke lisheyi, kanti wenz' umpâmba,
Owakwa-Mnyaluza, ninjalo-ke nina,
Nenzan' okwenjenje, nibantu bangaka ;

Anoyikina kodwa, ukuzek' ityala,
Sitini-na tina, xa nani nenjenje ?
Nigqite nakuti, nitet' amafene,
Nizenz' amapâmba, nitet' amampunge ;

Entwen' engenayo, ninan' ukuba-nje ?
Sibambe lipi-na, kawuxele-ke ntanga,
Sakufa sivile, tina bomaqaba,
Kukóhlwa yeyona-nto, makube yiyo ;

'Kub' ukuba njalo, ku ngondo zimayo
Umbus' enikuwo ngowona mshologu,
Awunas' isidima, umbuso womlungu,
Likây elibumpi, lize naletyefu,

Iyile-Bulanti, echit' abantsundu.
Izwi lika-Tixo, lona liyinene,
Nati bomaqaba, selisojâle,
Lipetwe ngabantu, abanamakwéle ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Abafun' inzuzo, into enegode,
Nasukakе nani, bantu bakowetu,
Ninyamanye nati, naba kwelopúndu,
Nagalel' empini, nakáka-kampétu
Nacït' amawenu, nancedis' umlungu.

UVAKELE U-ZWELIZAYO ESEL' EBARÚLA KWAKUSASA, ESITI :—

Ndivana nobubi, ke mfo wakowetu,
Ndakuba ndiziva, ezakw' izizatu,
Kukuba ndisazi, kanene ukuba,
Kuliwa ngenteto, akunga zintonga.

Ziko inyaniso, kulenteto yako,
Azinakupikwa, ndilusiz' ukutsho.
Kodwa-ke manditi, kángela-ke nawe,
Kwezam impendulo, ungenzi *igukŵe* ;

Ukwekwe kakulu, malunga nosana,
Olu lungumhlaba, olu sigebenga,
Akukáng' uvele, wenze nelizwana,
'Kusus' ezo ndawo, zobo bugebenga.

Nantso mna indawo, eyona imandla,
Enditi-ke kuwe, ngewuyikángela,
Kuba zonk' ezinto, uzikánkanyayo,
'Zihendo zosana, olukóhlisayo.

Nawe uteta-nje, ubanjwe kwa lulo,
Lukwenz' *ibéngeqa*, kwanab' obuciko,
Ubenza namhla-nje, kwakuyo lengxoxo,
Sibambéne ngayo, *kute kwa petolo.*

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumntan' enkos' amazik' ayaqúma,
Ungaqabel' e-Báziya sey' izintuli.
Ngugongqo - plangeni, efun' ukupúma nebáyi lendaliso.
Bálani ningabáli mapépá,
U-Dastile nimbeke pézulu,
U-Ngqamekana nimbeke ngasemva.

Dalindyebo Ngangelizwe

(By Rev. E. Mdolomba).

Inkosi yaba-Tembu ngu Dalindyebo, endibacelayo aba Tembu ukuba kébandivumele ndigqibelise ngokutúka umntwana wenkosi naye. Ndivumeleni Magcina, nani Mandungwane, nani Mayira, nina nonke Mahala mabandla ka Sopitshi kénditúke umntanenkosi :—

"Nazo izitya zako Ndyebo,
Nkosi Mtaka Ngangezwe ;
Mzukulwana ka Mtirara,
Ka Tato, ka Zondwa,
Ewe ka Mngutu.
Kipa ka Zidudu,
Moya opolileyo ngovel' ezintabeni.
Isomi elimapiko lakwa Hala.
Lento umatiloshe ligosa emlungini,
Kuba kubizwe inqanawa wayisondeza.
Ntshokovane msindo awunanto,
Mavel' elunguzwa ngabenduku ;
Bamnqabele ngokuma ezintabeni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yiza ndikutyele, ngwevu yakowetu,
Akuko nto into, kwezinto zoshumi,
Uqamele ngazo, kulengxoxo yetu.
Zakupela zonke, kusale i-Lizwi.

Umhlaba lizala, yiva ndikutyele,
Zonk' ezi ziyolo, uḱayisa ngazo,
Zakutsha ngumlilo, ngomhlana wompḗto
Umhla, ndikutyele, wamfo ka-Magwele !

Maze undibuze, woz' undinq'inele,
Ngomhla wokuhluzwa, kwentw' ezilityelwe,
Kodwa-ke namhla-nje, ndifun' uqondile,
Nge mfundo no mbuso, ozikâlazelayo.

Imfundo yenzani, ngombuso utini ?
Manditi ngemfundo, nawe uyavuma,
'Kuba ezi ofisi, nase zikuleni,
Kubâlwa zintsapo, zasezikolweni.

Ipasi kaloku, nibâlelwa ngabo.
Incwadi kaloku, mifundelwa ngabo.
Inteto kaloku, niyiviswa ngabo.
Magqweta nantoni, kutolikwa ngabo.

Kuw' onke lo mazwe, bazazeke kuwo,
Kulapo kwanani, nijozela-kuwo,
Nikúlulwa ngabo, nasezintanjeni,
Zobupinganisa, base mi-Lungwini.

Ngexesha lendlala, kwa nexa le mfazwe,
Nidla ngokusinga, kumzi wesikolo,
Niwenze ihlati, lendlala nomkónto,
Nongiwe nilizwe nibon inyakenye.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngombuso utini, unani mfondini ?
Kanen' asinguw' owanukw' e-Lungcẃini,
Nyakana ngo-Ngqika, wasinda cebetshu,
Wehla nomucinga, weza kwa John Bull ?

Yintoni emandla, anga ngawe-Izwi ?
Intw' engenamipu, engena zikáli,
Kanti-ke kunjalo, kwenzek' izimanga,
Kwamkelw' amagqwirá kwa namanyangaza.

Kuxolelw' abantu, *abalelesile*,
Abanetyéneba, kumteto womhlaba,
Kwamkelwa indlodlo, kwanazw' intangatwá,
Zentlangana zonke, kungeko balelwe.

PÁKADELIKÓYO :—

Maké ndikukaule, mfondini wak' wetu,
Ungeka zigqibi, uzikúp' inyongo,
Uzityand' igila, ud' uziti bóngo,
Sendikute meqe, ndigcine ngentumbu.

Maké kaloku-nje, kugagan' iz' fuba,
Sicupan' obóntsi, sitwáx' ukuteta,
Ibénqe inteto, iz' ingadulusi,
Irole umxélo, nomxól' ingakwekwi.

Kuntsuku siteta, utúng' amabénya,
Andisakuntsela, ndidinwe kukcwela.
Ndopúm' egusheni, siza kuhlazana,
'Zulunge-ke ntanga, kuko mamanyala.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lemitshato yenu, iyeyamani-na ?
Lamacikiciki, nibizana wona ?
Azekelwe pina, kuhlanga lunina ?
Kuba ndikutyele, asiwama-Xosa.

Elikázi lenu, yinqu yomshologu,
Likukuténgisa, ndifung' u-Nontshung...
Ndixégo lingaka, ndaye ndiliqaba,
Kumhla ndalibona, umhlamb' u-Notsayka.

Esi sinyaniso, sibizwa kwi soka,
Sinkabi yahashe, ifakw' amanqina,
Entsimbi kwa-Mlungu, zinto zangapina ?
Nemali zekofu, ze *lityi* nododa ?

Likázi lapi-na, elenu sikolo ?
Lingaqashi zitó, nimtánda umfana ?
Erolile pofu, intwana anayo,
Nibiza kunjalo, kup' ukwalamana ?

Nibe-ke kunjalo, nisiti ngelenu,
Nilanda isiko, eletu maqaba,
Umbuzo manditi, "Ayepin' awenu ?
Awobugqoboka, seningamani-na ?

Tina-ke maqaba, ikázi lilifa,
Liq'ina nekónco, lokwenda komntwana ;
Intombile tina, yinqu yal' ulugxa,
Imbél' amawayo, iwenzel' ikáya.

Inqobo ke tina, asizo zinkomo,
Ikukwalamana, inqobo endoqo,
Yendele yazika, ihlahlwe liq'ina,
Eliyinkazana, nomyeni isoka.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ikáźi likónco, lokuhlanganisa,
Ekuti nokuba, inkom' azanele,
Kuqashwe izitó, anikwe umfana,
Omzi wakowabo, unokwalamana.

Kufaniselana, intombi ixánywa,
Madoda mabini, elinye lihlwempu,
Lidle ngomz' wak' walo, odumo ludala,
Elinye *sivunda*, isimo *yintshenu*.

Ligalel' itála, liqayise ngenani,
Zikútshwe kupéle, ezo zesityebi,
Kwamkelw' ezehlwempu, kuqashwe izitó,
Ngenxa yesimilo, eso somz' wak' walo.

Ime ime mpela, londlu yolotándo,
Alelwe iselwa, umfazi womfana,
Acól' onwabile, eyenza laminwe,
Kutetwa ngoxolo, akungazinkomo.

Eyet' imitshato, ay' naz' ezindleko,
Zekáz' elingaka, elenu zikolo,
Lelisisimanga, nicït' abantwana,
Nipél' ubuhlanga, *senizimpatshanga*.

Nibiza inkomo, isinga nesinga,
Nifun' ozikofu, migubo maxamba,
Nibiza malana, nezokufukama
Kwentombi, kanen' iyangqungqa ?

Nibiza imali, yelokwé isinga,
Neny' into eninzi, zinkom' ezinjapi ?
Kauxele mfondini, kodwa-ke nenzani ?
Nikála ngo-Mlungu, hlala ngokunicama !

University of Fort Hare
Together in Excellence

Elikázi lenu, yindleko kwapéla,
Libang' ubusela, kulondodana,
Efun' elikázi, *lilurokorwane*,
Zinkomo maxamba, zisali mahashe;

Zibang' olumitó, lwezintombi zenu,
Kukúle ushwesho, kolusapo lwenu,
Zandile inqóla, kulenzala yenu,
Bandile *ubufebe*, nonxilo lukúlu.

Ngu-Mlung' owenze-ni, ipina inene?
Ningen' ezintweni, zobumenemene,
Ningenantw' imiyo, ningab' o-*Nontsuke*,
Abangenacala, ningab' o-Nxazonke.

Nik' es' kolweni, nikw' ebuqabeni,
Niko ku-Satana, niko e-Tixweni,
Sibambe lipi-na, kulempambámpambá?
Nixák' u-Satana, u-Sinkwabalala!

Akuko nasiko, nimis' umzi ngalo,
Ulowo ngulowo, akuko *lutênde*,
Ninto zokusikwa, seningamakwabe,
Inkwanca yentlanga, esezapélayo.

'Duvele kaloku, uhlamb' ezindawo,
Ukuze ndiqonde, ukub' utet' into.
Kusihla zimfazwe, nisuke nilale,
Nincu zimashiyi, nigush' izirweqe.

Yonke lemibulo, namanqelekúma,
Ofani ngofani, kuko *nemincáca*,
Etútw' e-Mlungwini, lelen' elotyala,
Intombi' zes' kolo, zezele zitini-na?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kanene utini, ngemfundo yonyana ?
Uqâyisa ngezinto, zingamatshijolo ?
Afunde kwapéla, ubupïnganisa ?
Kwi ofisi zonke, ungev' izililo.

Yabona mfondini, ndinqand' inyembezi,
Ndakuzekazeka, ndizeka ezantsi,
Ukuba kanene, ungayap' uyayo,
Izwe eli lonke, magad' ahlabayo.

Usind' egqweteni, udliwa likúmsha,
Wahlal' ungumtâmo, o-alutywa ngabo,
Kwanentombi zetu, zipela kwangabo,
Ludlezana lodwa, nizel' amaramncwa.

Badl' ubângalala, umti *wezifebe*,
Kóna umangala, lolung' elotyala ?
Enje amakúmsha, ukwenz' *amafene*,
Uqâysa ngabani, ngaba Pémb' eshiya ?

Yiyo-ke lemfundo, ugwagwisa ngayo,
Bub' obugqoboka, uqâyisa ngabo ?
Bub' obubukolo, undidinsa ngabo ?
Yile mirúngwane, nisifunze ngayo ?

Undiqukaquka, ngalomgweb' uzayo,
Nangampelo yezwe, endingay' pikiyo,
Ub' ukwenjenjalo, ungqwanganisela,
Ngento nati sonke, sesingamanq'ina.

Ndoké ndishiy' apo, kâwenze okwako,
Ubekel' entloko, ingabi mafemfu,
Nalamambâmfambâ, enteto yezolo,
Yezi ntsuku ntatu, sidwaliziyo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

UZWELIZAYO:—USUKE SELEFUDUMELE, WENJENJE:—

Ke namhla' zulunge, undihlokohlile,
Ndipézu kwengubo, ndiqaul' incebeta,
Ndopála ndisopá, kub' undibuzile,
Wakuvumbulula, utsho wandosela.

Upále usopá, usenz' iziqonga,
Zobume sikubo, tina magqoboka,
Ndingazipikiyo, xa kutetw' inene,
Inxenye yendawo, sezindifezile.

Noko-ke kunjalo, ndolahla ukade,
Ndibe sendisenza, amazwembezwembe,
Angawobudoda, awako-Gxuluwe.
Namhla okunene, mapél' amagukwe.

Kanene ngotywala, ute maniyekwe,
Nisele ninxile, nibúbé nipéle ?
Kuba-ke usiti, bucim' izinqála,
Zomhlab' opelile, nombus' olidlaka.

Ndit' ukupéndula, Unani-na ntanga ?
Umhlaba lusana, olusigebenga,
Yiy' impemb' enkulu, eginye izizwe,
Kuntsuku ndisitsho, yida upéndule.

Senditshilo kuwe, ukuti utywala,
Busisidla bantu, sizenza usana,
Sizenza imbúlu, u-Ndla-Nkonazana,
Isigwinta mpela, u-Dla-bemkányela.

Indywala kwakona, zizombi ziyendiswa,
Ngabom ngu Satana, umhendi omdala,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Uyazi ukuba, zintomb' ez' nesoya,
Akad' ezendisa, kwintlanga ngentlanga.

Umhlana zafika, apa e-Bunguni,
Inzwakazi mpela, zafika zimbini,
Enye yeyase-Mbó, neyase-Mlungwini,
Wauhlab' u-Ntsikana, kwazingekafiki.

Watsho kusakiwe, "Lumkani ma-Xosa,"
Kuz' intombi kuni, ziza kuhlolelwa,
'Ze ningazamkeli, zizisa ubugqi,
Zoshiya inkwitshi, nakuba zintsali.

Zinembúya batwá, noba ngamaswili,
Nimyeke egqite, uno-Bél' lomsele,
Yintombi yase-Mbó, kunje ngu-Nondebe,
Kuz' eny' e-Matshona, enye inzwakazi.

Yakulo Dyubele, yintombi yom-Lungu,
Ixánywe kwapela, ngumzi ka-*Hintsati*,
Ugalel' itála, uyayilobola.
Ukúpa bukósi, ukúpa nomhlaba.

Ukúpa ubuntu, konke kwapélela,
Tu nto isasele, bapókopálala,
Bacïtwe bubugqi, bayo lonkazana,
Yakulo *Dyubele*, umcïti wentlanga.

Umhlana yeqata, yafika no-Kúla,
Ehambá noduli, weza ku-Lwagánda,
Waf' ka wayihlolela, washiya umkónto,
Nasuke Bunguni, nay' zakel' u-Mjodo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nagalel' itâla, inkomo nomhlaba,
Zangena inkosi, zangena nezizwe,
Akukónt' isele, zele kwa-Cihoshe,
Lonke eloxesha, eny' isagongxile.

Umlobolokazi, way' esahotile,
Engekazibuli. Umhlana wacaca,
Ukub' uyazekwa, kumhla kwaf' u-Mxoli
Kwashukum' umhlaba, kwaya e-Nkoy' yanko.

Abék' amadoda, enxib' i: dabane,
Aye ama-Ngqika, elobol' ekéta,
Inxeny' ilobola, inxeny' itiñbisa,
Watshona umhlaba, wemka no-Rwaqele.

Akuko ntw' isele, ngapándle kwenkwitshi,
Akuko bukosi, akuko ntw' isento.
Ukutsho-ke nditi, kúpáni indoqo,
Sizwe sama-Xosa, bupúme ubugqi.

Bupin' ubu-Xosa, bupina ubuzwe ?
Upina umhlaba, kwanama twálandwe ?
Ipin' imilonde, apin' ama-Tshawe ?
Zonke zonk' ezonto, zenizilobole.

Lentombi yase-Mbó, selinigqibile,
Ngesoya enaso, senimfamekile.
Inomti wentando, nife nemixélo,
Nizizitungula, nidl' isírogolo.

Namhla anisento, ngamafokotshela,
Into zokudlala. Intw' ezapóselwa,
Ngala mankazana, ezinye intlanga,
Exel' u-Ntsikana, isikxo nawazeka.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lentombi utywala, igqibe izizwe,
Ihamb' izícita, isenz' izigede.
Izizwe zase-Mbó, zícitwe ngumgqepe,
Kwanezi zimhlope, yeya ko-Dyubele.

Kanen' undibuza, ngemo yabantwana,
Oti zimpatshanga, amakwab' entlanga ?
Kuba bepá́tshile, bepél' isidima,
Onyana nentombi, zetu siluhlanga ?

Ndit' ukupéndula, balotyolwe nini,
Likázi kaloku. Bangen' es' gutyini,
Sotywala bom-Lungu, nobélu lomsele,
Zicima zinqála. Babuza kubani ?

Nilobole ngabo, bavunywe bubugqi,
Eniti igama, sisidlo senkosi,
Nifel' emcingeni, naxela inkumbi,
Kulamankazana, anikayaleki ?

Utini nge-Lizwi, uti nilivile ?
Seningamanq'ína, owayesifele ?
Uti senibanjwe, siti magqoboka ?
Kuba sinxazonke, O-Lobol' eké́ta ?

Ukuba kunjalo, mabandl' akowetu,
Kúpani indoqo, ninan' ukwenj' oku ?
Lahlani abafazi, bagqibe izizwe,
Bat'imbe umhlaba, usapo nobuzwe ;

Nasala-ke nina, ngo-Ntsala-Manxiweni,
Seninje ngenkumbi, ezisel' kwezinye.
Nishiywe lusapo, nashiywa bubuntu,
Nashiywa yimfuyo, nabanh' isiBubu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Pḗndul' ezondawo, mfondini wakwetu,
Tyapil' undifinge, tyapil' unditwâxe.
'Zugcine-ke ntanga, sakunyatḗlana,
Selundisukule, ndise-Mngungu-ndlovu.

Kanene utini, ngempi yesikolo ?
Ngexesha lemfazwe, kwanawo lombuso ?
Usinik' ityala, lokucita umzi ?
Kwanawo umbuso, wasema-Xoseni ?

Uti-ke umbuzo, umhlana u-Ngqika,
Wangen' em-Lungwini, mhla ngo-Mnyaluza,
Kwanama-Gcaleka, ndawonye no-Ndlambe,
Sasipin' iskolo ? Lendaw' yipendule !

Umhlan' ama-Kwâne, kwanaw' ama-Ndlambe,
Angena kwam-Lungu, zazipin' iz' kolo ?
Umhla kwaf' u-Runqa, kwatṓtyw' u-Maqoma ?
Ngesheyi kwa lenu, zazipin' iz' kolo ?

Asininin' aba, badla ngokulala,
Inxenye isilwa ? Kunjani-ke ntanga !
Zonke ezizinto, undibúla ngazo,
Zezenu maqaba, kúpani indoqo.

Ngemfazwe ye-Zembe, iz' kolo zalala,
Zat' azikungena, kwimfazwe yobusela,
Watsho no-Maqoma, kwatiw' uligeza,
Kwapúm' igcudwana, noyiswa maqaba.

Ngemfazw' ka-Mlanjeni, iz' kolo zalala,
Zabik' emikúlu, ukuba' azikulwa,
Zat' azikungena, kwemfazwe ye-*Gogo*,
Kwemka igcudwana, ngaminy' *imitṓzo*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ibe kwayilonto, ngeka-Ncha-Yecĭbi,
Nahlukene nedwa, nay' ezinkonxeni,
Naw' yekel' umbuso, ogwagwisa ngawo,
Noyika ma-Xosa, kwapúm' imitózo,

Kuti bezikolo. Yaqina imfazwe,
'Yimbini yezolo. Naniyawalele,
Nikwénye l' imisila, nicĭta lombuso,
Ningontaminani ; kúpani indoqo.

Sitina-ke abo, mfondini wakwetu ?
Kauvele kaloku, msukuba simumu.
Ndisukulwe nguwe, msukonway' intloko,
Ukutsho-ke nditi, kúpani indoqo.

Umhla kwaténgiswa, emin' emaqanda,
Ngabo ubukosi, nini bomaqaba,
Namkela imali, esitábatába,
Zipin' izikolo ? Péndula-ke ntanga !

Nani yawa nedwa. Kumhla nanyálasha,
'Kulobola kwenu, de naqongqotéla.
Bapél' ubukosi, kwasal' ubukwayi,
Zemka zonk' izizi, zaya em-Lungwini.

Nibuza kubani, kuyiyo lemini ?
Nizala-kutyelwa, zibona ngolopú ?
Nilila ngabani, ngenxa yeza nzwili,
Zobubi bomhlaba ? Lo ndaw' ikwa kuni.

Yiyo-ke londawo, sifanayo nganyo,
Tina magqoboka, kwanani ngaba.
Samkel' amankazana, akade esenda,
Aseva kutyelwa, ngabawa lilabayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kúpáni lo ndoqo, sizwe sama-Xosa.
Tina magqoboka, kwa nani maqaba,
Bonke abamnyama, abantu belizwe,
Yalani ezi ntombi, zaleni impela.

Nixele u-Kama, umana ka-Cúngwa,
Owala intombi, yenkos' u-Mdushane,
Kuba yayisiza, nodushe is' témbu,
Ubugqi-ke lonto, kumntu ongum-Kristu.

Way' gxota kwapéla, yaya ku-Nonibe,
Way' bopá ngenkomo, asind' ama-Kwáne,
Kudushe ne ndoqo, yase buginweni,
Wakónza i-Nkosi, yasemazulwini.

Namhla sigagene, mfondini wakwetu,
Kolil' izigodlo, zamavo akwetu,
Tyapile wenjenje, ubénq' ukuteta,
Utyil' amanyala, "Nda kukufumana."

Nditi kuwe wetu, kunjenje bubugqi,
Intw' ebifudula, isoy' kwa kwa-Xosa,
Inukelw' abantu, namakósikazi,
Ezekwe adalwa, nawo ebenukwa.

Kwazekwa ngu-Mjodo, 'yon inkosikazi,
U-Sut' u-Mntan' omhle, ntombi ka-Mvaxeni,
Unyana ka-Tshatshu. Nguy' uno-Sandile.
Wakútshwa ngu-Ngqika, kwatiw' unobugqi,

Wasiw' empúmeni. Kwazekw' omny' umfazi,
Intombi yakwa-Tato, eka-Nkosiyane.
Wafa kusenjalo, u-M[illegible]o inkosi,
Waqala u-Sutú, waputum' ehlatini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kwakusoyikw' indoqo, umtĭ wa-Batémbu,
Umz' okad' ucĭtwa ; zizwe zama-Xosa.
Ngakumb' u-Rarabe, umana ka-Pálo,
Kwane sama-Qwati, 'da funa indoqo.

Lento-ke ubugqi, ay' zili mniniyo,
Sisuk' isikúni, sinyuk' nomkwézeli.
Umtĭ wotalaso, ungumgalagala,
Lo uwuselayo, ngoyen' uselwayo.

Mfondini wakwetu, masikúp' indoqo,
Esihleli nayo, tina magqoboka,
Kwanani maqaba. Indoqo yotywala,
Nezinye indoqo, ese zizingondo,

Ese zizinzanya, zen' abantsundu,
Iz' nto zobuginwa, imból' nezitémbu,
Inkolo zobutĭ, nok' unqul' iminyanya,
Zi ndoqo ezonto. 'Yeva-na-ke ntanga ?

Kúpáni indoqo, mzindini wakw' etu.
Utywala mfondini, siqu sempundulu.
Yekan' ubuqaba, lipúm' ishologu,
Lahlani ezinto, namkele u-Yesu.

U-Páxade-likóyo :—Usuke wenjenje :—

Mfondini wakwetu may' pele ingxoxo,
Undoyise mpela, ngale nam[illegible] inteto,
'Kub' uyazivuma, nezami i[illegible]o,
Endikoy' se ngazo, ezizinyaniso.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wenze njengendoda, kuyo le mibuzo,
Undibuze ngayo, nje ngeyam' inteto,
Yemini yezolo. Bendikúp' inyongo,
Bendiqwémeshile, kwade kwayizolo.

Ke undipéndule, wand' fak' imibuzo,
Ndingakufihleli, indenz' isigogo,
Kub' ukuba njalo, imis' inyaniso,
Enami lo ntanga, ndingokwa yaziyo.

Undincinitile, wakuteta ngab' utywala,
Ubufanekisa, nas' isigebenga,
Esiza nge qétsu, elinje ngosana.
Londaw' indoyisile, namhla ndiyay' bona.

Ute wakuteta, ngala mankazana,
Eza kuhlolelwa, saza sawazeka,
Suke ndamangala, ndasi nkwabalala.
Mfondini wotútú, ude wandiminya,

Wakundibonisa, nge nkwitshi nelishwa,
Elisiweleyo, tina boma-Xosa,
Ngazo ezi ndywala zis' kúpe nengqondo,
Watsho-ke waliti,—"Kúpáni indoqo."

University of Fort Hare
Together in Excellence

-Ingxoxo Enkulu Ngemfundo

(Ngu W. W. G.)

UMZEKELISO

Kwabako mzini utile intlanganiso enkulu yolutsha oluntsundu, ekute lengxoxo ilandelayo yenzeka pakati kwalo. Lwaye lonke lungabantu ababe neziqanaqwana zemfundo, ekute ke ngoko ekuxoxeni kwabo, wati lowo waxoxa, wabuza, wapendula, ngangenani lokuqonda kwake ekokelwa nanga mabona-ndenzile elihlabati ezinto ake wazibona, waziva, kususela kwezamini zokuqonda kwake, nokude asiwe esikuleni, kude kuse kwezokupúma kwake kuso.

Kulamanene sizakukángela ingxoxo yawo, amadodana amatandatu ab' ete kwase sikuleni, akanela kuti atómalalise ezifundweni zawo zodwa, aqeqesheka atámba, ati tsaka kwapela ; akolisa ngento yonke kubafundisi bawo, kubazali, kwizihlobo, nakwintshaba zemfundo, nezembédesho ; sapúmelela ngokutandekayo isiqámo sokufundiswa kwawo. Amagama awo aye ngo *Qond'-Imfundo*, *Qond'-Ilizwe*, *Fel'-Inene*, *Baz'-Amehlo*, *Swel'-Igukwe* no *Nyinata*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Entlanganisweni apo kwakuko esinye isitandatu samadodana. Nawo ebe kwase mfundweni, kuseloko wona ebete esawo isimilo, sapámbanisa kanye kunesalawa matandatu okuqala. Ngab'ehlala lemihla, kuko ntwana ngantambo zihla'a zitétéka ngawo, nokuba kukukóhlisa, kukuhlala enesizatu sokuzilandulela entweni zonke, nokuba zezinjanina. Kukúpisa ngokungeva, kukwapúla imiteto, kukuma ezihanqeni izwe nezolo, kutéta izinto ezif' amanqe. Ukuzincoma, ukugagamela izinto ezingawalingeneyo. Ukuhlal' eziŕanela izinto, nazifundiswayo, nokuba kusekufundeni amashishini, nokuba kusezi klasini, nokuba kupina. Ahlala izinto ezikángela ngeliso eligoso, enjalo nje enobunxámo ezintweni, etanda ukuti lemihla afundiswe into ezintsha, nokuba ezokuqala akakaziqondi na. Amagama awo yayi ngo *Fan'-Atete*, *Rauk'-Emsini*, *'So-Ligoso*, *Mbóng'-Ay'-zibongi*, *Mseb'-Usesweni*, no *Yiwenani*.

Pambi kokuze sikángele ukuhamba kwale ngxóxo yala manene akánkanyiweyo, makė́ sixele abantu ababekó kulo ntlanganiso. Ay'ete lamanene onke atanda ukunga angapúlapúlwa nangabanye abantu ezigxoxweni zawo, ngokukodwa kuba inxenye yalamadodana ib'isazana nawo ngemvo zawo ngemfundole. Kwakuko u- *Bė́d'-Idlaba*, *Fund'-Ikŵelo*, *Tand'-Inzuzo*, *Fun'-Izisulu*, *Ntetw'-Igwenxa*, *Tand'-Elake*, *Ngenxenye*, *Malibenje*, *Jik'-Umxoxo*, no *Zweliqė́-lesile*.

Lommumzana ungu *Bė́d'-Idlaba*, waye eyindoda

University of Fort Hare
Together in Excellence

endala, efundileyo kunene ; eb'ite kwase butsheni yawafumana kunene amalungelo emfundo, iwenzelwa ngabantu bolunye uhlanga ; yakútshwa impela kwimbópelelo zobumnyama, zokuqalaqaleka ; inemali ezibánkini, inemihlaba, inemfuyo ; ewe umfo lo epúmelele kanye kwinto zonke. Elinene ke kunyulwe lona ukuba libe ngumpáti-sihlalo kuba umfo ubesel' enamava.

Pambi kokuba ivulwe ingxóxo kungene amanenekazi abeze nawo kupúlapúla. Nawo lusapo lwasemfundweni olwafundiswa into ngento, olube luzindidi ngendidi, ezimilweni zalo kwase sikuleni, olubaluleke ngazo. Amagama awo ngawo la alandelayo,—*Nkwiniza, Cembéta, Noqúshululu, Nokuvátshula, Notút'-Indaba, Nogxwwemu, Nonene, Nosimilo* ; kwane nkosikazi u-*Nontlebendwane* umka-*Bédidlaba*, intokazi yomnumzana u-*Malibenje*, umkuluwe ka-*Jik'-Umxoxo*. Lamanene ke mabini okugqibela ngafike wona kunye namaledi, ezimase amaledi lawo. Lilonke-ke inani elibekoyo kule ntlanganiso yale ngxoxo ngati libe ngamashumi amatatu anesibini (32).

Ivulwe ke njengesiko lentlanganiso. Usukile umpáti sihlalo, umnumzana ongu-BÉDIDLABA waqúba into ekuhlanganelwe yona. Ute ngobuciko nenteto ehlabayo wabonisa indawo zokulunga kwe mfundo, nohlobo ebekufundiswa ngalo ezikuleni kwimini zanqángi, kunolu lwakaloku. Ukuba nohlobo olulona lulungileyo, kokwaké ukubekwa ebekuya kulunga kuti ukuba bekuqútywa ngalo, kúyekwe

University of Fort Hare
Together in Excellence

ezindlela kuqútywa zona zomona, namakwéle, nolunya. Uvakele ekálima ngobushushu obukúlu esiti,—" Nokuba kukwizindlu ezifundisa amashishini, nokuba kuse zikuleni zomtinjana, tu nto yona siyenzelwayo ngoku ngaba bantu. Mna okwam nindibona nje sendincamile, ingaba nini kambe madodana, nani mtinjana wakowetu eningaba nisakólwa ; koko ningekabaqondi aba bantu kuba nisengabantwana. Asikukó nokuba ndiyayibulela lendawo nindibeke kuyo kwesi sihlalo, kukóna namhla ndiyakuké ndizive izimvo zenu, ngohlobo abasifundisa ngalo aba bantu. Lempato basipete ngayo, nelikéte likóyo kuzo zonke izinto ; sahlala tina sibuyiselwa emva kuzo. Ndoké ndipele apo okwangoku ; ndoti ukuze ndipúme egusheni, ndide ndive okwenu manene akowetu, ndisazi nokwazi ukuba kwala manqakwana ndiwenzileyo, ayanele okwanamhla nje lengxoxo ukuba mayivutwe." Utsho ke wahlala pantsi.

*Usukil' u-*SWELIGUKWE
Sel'equmbe ezekene, wati :—

" Hina bawo, *Bédidlaba*,
Okwenjenje wenzani na ?
Faniselana iba yinja,
Isidenge sesidalwa,
Umniniyo sekunjalo,
Imenzela umbulelo.

Nengonyama eliralancwa,
Abany' abantu ibaqwenga,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yena oké wayenzela
Ububele, iyamvuza.

Kwa nempukw' inyamazana,
Ebudenge busimanga,
Iyakwaz' ukumbulela
Lowo wakė wayinceda.

Okwenjenje ukuteta
Usingisa mlambo mnina ?
Okuswela kukangaka,
Unengqond' ukubulela ?

Okukwazi unakó nje,
Sel' udume wacand' izwe,—
Lemihlaba, eliwonga,
Uzizuze ngabani na ?

Ubona nje uzonele,
Isitúnzi sipélile.
Ndiŕaniswe kwa ligama
Lokuba ngu '*Bėdidlaba.*'

X' umntu angu '*Bėdidlaba*'
Ngot' ekóve ukuncedwa,
Wapiliswa, wongululwa
Angakwaz' ukubulela.

Ke, mfondini, lento umntu
Obe vele akaba mntu,
Akakwazi ukumkónza
Omnyuse wayintaba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mandiyeke kénd'ihlale,
Kéndipóle, kéndizole ;
Ndodideka ndakuqúba,
Ndilidumbu, ndobindeka."

*Usukil' u-*Soligoso,
Selejonge ngentanyongo ; wati :—

"Ke lenteto yomnumzana
Ongu baw' u-*Bédidlaba*,
Ndiyitanda isimanga,
Indivisa ukuyola ;
Kub' itetwa ngoligqala,
Iyingwevu enamava.

Ababantu bayakéta,
Kuyinene inanamhla.
Es'kuleni ndinonyana,
Sel'egqibe nomunyaka.

Isi-Grike akasazi,
Si-Latini, akasazi,
Si-Hebere, akasazi,
Ukukúmsha akakwazi.

Wonke umntu onengqondo,
Engotanda kwa nemfundo,
Woziqonda ezindawo
Azimisiley' ubawo.

Kule ngxoxo ndixabene
Nezwi lika-*Swelinjukwe*.
Makavuswe amalinele,
Ozintuli baqátshuzwe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ababantu ba Pesheya,
Ngabaze kusibulala,
Basihlute nomuhlaba,
Asinawo namakáya."

*Púhl' umfan' u-*FELINENE—

"Twíze! twíze! mfana, twíze
Zingatetwa intw'ezinje
Kulengxoxo, 'amafene'!
Kanene-ke, ke manene,
Xa senjenje sihlangene,
Sishiye na ozinene,
Silibale ngamafene?

Zonk' izinto zingaka nje,
Azikó-na ngalenene?
Kón' ukuba inyaniso,
Imi ngakutshaba lwako,
Iyekwe-na? ishiywe-na?
Igqutywe-na? igqwétwe-na?

Ndikángele konakele;
Nale ngxoxo yonakele.
Ukuze sibe luhlanga—
Sisamelwe kukutyalwa;
Kukulinywa, kuhlwayelwa,
'De kuvele ubuhlanga.

Konakele, kunjenjenje
Zezi nteto zenjenje ke,
Ndingodane se ndiyinko,
Zezi nteto zale ngxoxo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukud' at' u *Bẻdidlaba*,
Intw' eyaye ingumhlaba,
Inembắla, nesidlubu ;
Yay' ibúngce ngobusuku,
Beno *Zwe-liqẻlesile*—
Bemikómb' ibẻmbẻsile,
Kuvingcelw' umncedi wabo.

Babezinto zifileyo ;
Bamyekela lomnumzana,
Babaleka bamushiya ;
Sel' esala encinitwa,
Selesala sel'ecïtwa.
Baqubula ozinkomo,—
Sekuntuli kuti mó ;
Kwamigqeku, kwamatắnga
Walinen' u *Bẻdidlaba*.

Efikile kulo mbuso,
Unikiw' amalungelo,—
Awomhlaba, nawemfundo,
Zonk' izintw' abengenazo.
Kwanalap' u *Bẻdidlaba*,
Wenjenjal' ukusiyala,
Obu kúlu, bobakắla
Obu buko *Bẻdidlaba*.

Wa ziledi, namanene,
Kắnicinge kẻnondele :
Ngelikẻte kut'wa apa,
Ngaba bebeteta apa,
Liyenziwa kuti nk
Baluhlanga olumnyama,—

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imibuzw' endoyibuza,
Iyakuba yemubalwa.

Ezimali zitúmela
Ababantu, ba Pesheya,
Zezifolwa ngamani-na ?
Zihlaulelwa amani-na ?

Ndilapó nje 'zenilunge,
Lemibuzo ipéndulwe ;
Kéniyeke lama gukwe,
Kékungenwe kozinene.

Ezizindlu zozimfundo,
Nezimali zingumqolo,
Zifundisa abantwana
Baba bantu balufipá ;
Aba ntwana bafundiswa
Engilane, kwe Pesheya,
Babewezwe, bafundiswa,
Ngamali ivele pina ?

Kóna namhla siteta nje,
Abakó na nanamhla nje,
Abaxáswa kwa Pesheya,
Ngabantwana, bolo hlanga ?

Ndingatútá sendibeka,
Izizatu zolu hlanga,
Ati ngal' u *Bédidlaba*—
Luyakéta isimanga,
Sendopéza okwangoku,
Kéndikuve okwa loku.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Okwe nen' u-*Soligoso*
Andikuse nangeliso.

Nkosi, mnini-wesihlalo,
Nani nonke enikóyo,—
Ndakufela inyaniso,
Kobanjal' izwe nezolo.

Kodwa pambi kokuhlala,
Ndoti jwaxa abe mbalwa :—
Umhlob' am u-*Soligoso*
Utshatshele ngobuyilo ;
Eligama limfanele.
Wab' encanywe nangu yise
Emncinane eyinkwenkwe,
Ngokunq'ina amafene ;

Nantsw' imbangi eyabanga
Ongu yise kwa no nina,
Ukumzisa emfundweni,
Ukususa ezontlondi.

Waba nyangana ntandatu
Engekazi nento betu,
Esabála ngokwe nkuku,
Ezincoma umf'omkulu !

Kwakutetwa nangantoni,—
Hay' int' ingena intloni—
'Mina lo ndi *sistyudeni*,
Onants' aba kum abani.'

Yintw' ehlala ikungele
Ngentsimb' ap' izityéketyé ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sel' itsho ngalo tasana
Ité mpu ngu nodyuwana.
Nimbona nje, eteta nje,
Sel' edala lamampúnge,

Ufuziwe ngulo nyana,
Elohunge le mpatshanga.
Yintw' ehamba izigxeka
Ezondawo zokufunda,
'Hanj' ikátywa, hanj' igxotwa,
Kub' uyis' akamyalanga.

Umɔnile yena kanye,
Ngokusuke amuŕaule ;
Ngemfundwana encinane,
Wonakele ugqibele.
Ezigxeka ezindawo
Zonke ezifundisayo ;
Yen' uyis' u-*Soligoso*
Uyakólwa zezo zenzo.
Endaweni yokumyala
Uyambonga emkútaza ;
Wancamisa ngakumbi ke
Ukupátsha esangena.

Ukutsho ke ntlanganiso,
Ezizatu zalenteto
Yomzalwan' u-*Soligoso*
Azinayo inyaniso.

Makavele az' agxeke,
Ot' umntwana emusile
Emfundweni iminyaka,
Wanyinatwa, wagqityelwa,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wafunyanwa nangu-Moya
Wezo nceba zo-Somandla,
'Ze wapúma ezizonda
Nabazali sebelila !

Cokisani kule ngxóxo,
Masicáne inyaniso ;
Kuncedek' abakowetu,
Boluhlanga oluntsundu.
Ukudlulwa ngamaŕamncwa,—
Izidenge zezidalwa,—
Singa bantu sinengqondo,
Kulihlazo, kulidano.
Kóna gxebe umbulelo
Siwuswele ngolu hlobo,
Asifundi-na kwi mpuku
Nengonyama,—zinge bantu ?

Ukubéda amadlaba
Akunafa kwakudala ;.
Kuli lishwa seli lonke,
Kuku kufa kufunjiwe.

Nditsho ngok' ukuti, 'Twize !'
Kauhlale uk' ucinge ;
Ungafumane utete,
Ungalahlekis' abanye."

Kwesiqibi salenteto,
Kusuk' ongu Bazamehlo,
Wati,—" Nam-ke kulengxoxo,
Ndingojonge, ngentanyongo.
Ndigalele ndi[illegible]e
Kwelinen' u-*Felinene*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

It' inteto yakuba nje,
Sel' imisw' isenjiwa nje,
Zakutyandwa inyaniso,
'De zimiswe ngomuxólo,—
Sasifile bubudenge,
'De kwafika o-Nyawontle,—
Ndifezeke ndoyiseke.
Ndikúmbula elaxesha
Lobunzulu bobumnyama,
Lokufika ko-*Nyéngana.*
Lokuvela ko-*Ntsikana*,
Babevele kusemnyama,
Kusi tóko tóko sodwa ;

Ad' afika amanq'ina
Ab' exelwe ngu Ntsikana,—
O-*Ngcongolo*, no-*Búneli*,
O-*Tomise*, beno *Wili ;*
Ingo *Lose*, beno-*Béne*,
O-*Tshemese*, no-*Gqadushe.*
O-*Gaveni*, no-*Delmeni*,
O-*Elefu*, beno-*Gili ;*
Ingo-*Lanke*, no-*Kameni ;*
O-*Bakile*, beno-*Yuzi ;*
O-*Salmani*, no-*Baliti*,
O-*Habana*, no-*Flepisi ;*
O-*Lentoni*, no-*Niveni*,
Ingo *Sho*, beno-*Tenteni.*
Ngo-*Debese*, beno-*Api*,
Ingo *Manzi*, no-*Hagile*,
Ingo *Wana*, beno-*Gana* :
Inanamhla, basacimba,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Besapánda oluhlanga ;
Seb' esele nezo 'zingxa.
Zokumbïwa koluhlanga,
Zelilizwi lo-Somandla,
Zokuvecwa kwale nkatá
Yab' itúnywe u-Ntsikana.

Babefike kusagqquma
Ingonyama yobumnyama ;
Kusanukwa, kusasikwa,
Kusanqulwa iminyanya,
Kutïnyulwa ngo-Qamata.
Kusalinywa ngemitáti,
Kusabetwá ozihadi,
Kusaleqwa, kusadudwa,
Amapúlo esapúnywa,—
Uyolile nomuhlaba ;
Et' umfana xa esenga
Awapúz' ememelela ;
Et' 'Imazi, yakwa-*Gcina*
Owoy' seng' woy' bopélela.'
Zidwelile kwa nemvaba,
Ozi nkomo besalila ;
Esafuya ama-Xosa,
Enamasi, epálazwa,
Ebalekwa nazizinja
Kukuhlutá, zinomnquma ;
Nempukane ingumnyama.
Kusateta u-*Lwanganda*,[1]
Uso-*Pasi*,[2] ne-*Njalatya*.[3]
Ingu *Nqeno*, oka-*Langa*

[1] Ngqika. [2] Tyáli. [3] Maqoma.

University of Fort Hare
Together in Excellence

'*Bṓtomane* oka-*Mantla*.
Kwi Zikáli ngu-Nompehle.
Ingu *Ndlambe*, no-*Mdushane*,
Ingo *Jwara*, koka-*Hleke* ;
Ingo *Anta*, bako *Tsekwa*,[1]
Ingo *Xṓxṓ*, bako *Ntsusa*,
Ingu *Tyáli* koka-*Mlawu*.
Kusateta kwa-Gcaleka
Uso-*Rili*, ongu *Hintsa*,
Beno *Bṹru*, elogoṕa
Lelocala le Tsonyana.

Ngabafika kusenjalo,
Babezisa nale mfundo,
Niti ngayo kule ngxṓxo
Bayakéta kwa nakuyo.
Ngabanceda lamadoda,
La enjenje ukuteta ;
Afundiswá, akúselwa ;
Kwokunukwa nokusikwa,
Atyetyiswa adikiswa.
Babencame amawabo
Ngokuqútywa lolutando.

Ngawo la ke ngeligala
Sele namhla ezivunda
Eziteta ukutanda ;
Kungangeni nozindlala,
Sel' egud' ezimpuluswa ;
Sekwapĕ́la nezombá́la
Zoko ebe zintangatwa,
Nezidlubu zobufaca.

[1] Unina ka-Ntimbo, umka Mlatu wase Kunene.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Asigxeki okwenjenje,
Asitúki, siteta nje ;
Ngezingcinga zimagwenxa
Sakutyanda amagila,
Sidimbaze amahasa,
'De sifund' ukubulela.

Lomadoda ngezimini
Selekwéla ozikali
Ezingama kázikázi,
Kozibánki enemali,
Sekungene namaratshi ;
Sele namhla enefama,
Engabantu abamnyama :
Sel' elima ngepuluwa,
Imitáti seyayekwa ;
Nabafazi bagwetyelwa,
Kukufika kokukánya.

Kwizitulo zokonwaba
Sele 'zizicicibala,
Sele búda ukuteta
Sele béda amadlaba ;
Abafazi ngamaledi,
Sebeteta isi Ngesi :
Abalimi, abatézi,
Sebeteta nangencwadi.
Sele namhla ukuteta
Nakwi nkosi ezi mnyama,
Nezi mhlope kuyafana,
Ebémbésa, enyelisa,
Ngokubéda kwa ndlába ;
Sele lahla amagele,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ango *Zweliqèlesile*,
Seleteta amafene.

Kunjalo ke ntlanganiso,
Sihlangene kulengxoxo ;
Masicáne inyaniso,
Ze sifunde umbulelo,
Siyondele nale mfundo,
Eyi mbangi yale ngxoxo.

Xa ndilapo ke anditsho,—
Xa sicúba inyaniso,—
Ukuti akuko zinto
Zinganyolulwayo kubo,
Zokugxekwa kolu hlanga.
Kodwa kóna okwanamhla
Sinyolule eze mfundo,
Imbángeli yale ngxoxo,
Koluhlanga lwapesheya.
Singabi ngo *Mseb'-Usesweni*,
Sibe mfama zo-*Nontywili*,
Sikányelwa singaboni.

Kuyo yonke enye into,—
Esizele nembúbíso
Yilefatyi *yobutywala*
Busicíte isimanga.
Emfundweni kánixele
Ezondawo zonakeleyo,
Niti ngazo kukw' ikéte,
Kule ngxoxo mazivele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Eyotywala okunene,
Yiyo muna ndinityele,
Ndingafihli okunene.
Ngaba size, babulala
Yonk' into yatshabalala
Ina namhla kusenjalo.
Iyaqúba yon' imfundo,
Inakanwa nali qaba,
Nembúbïso yezi ndywala ;

Namfundiso yenziwayo,
Namigudu ilingwayo,
Ililifa lobutywala
Bo-Mlungu noba-mazimba.
Makowetu, ntlanganiso !
Nal' utshaba lwale mfundo.

Akuncedi nt' ukufihla,
Sibulawa zezindywala,
Zité totse, ' zingamatwa,'
Ngokucïta oluhlanga.
Kániwondele lamabandla,
Abe vele ngapesheya :
Ngentliziyw' enombulelo,
Nonakana nokwe mfundo.

Kóna kwizinto zemfundo,
Ndizikánkanyil' ezonto,
Ezo bazi tetelwayo,
Ngabatanda izigxéko
Babe shiya inyaniso,
Ngokuqútywa kwale mfundo.
Sihlangene kuleng'xoxo,
Masicáne inyaniso.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ke lendawo, at' umntwana,
Kwasekáya akuviwa,
Ngu Mkángeli wezikola,
Wamfuman' epúmelele
Kweza z'kula zo makáya.—
Ati Umvi Wezikula,
Ngalo mntwana ukuxela :
'Kwisiqibi sesibini,
Sesitatu, umhlaumbi,

Uqwelile nimbona nje,
Makasiwe kwezikúlu.'
At' efike kwesikúlu,
Eb' esiwe ngelo gugu :
Abuyiselwe kwasemuva,
Ukupinda kwalandima,
Wayi hamba kwase káya,—
Lonto k' iyapázamisa.

Batsho kambe abatshoyo,
Isihlahla salondawo,
Inqu yam andinaso.

Kutwa kambe ngabatshoyo :
'Ugoloza, agoloze,
Ekúbula kwalandima,—
Eqongqóta etyafile.—
Wayigqiba kwasekáya :
Kukútshelwa ngapambili
Ababesemv' epámbili ;
Lonto ke iyabulala,
Umuxélo uyatyafa.'
Ndilandela ezonteto
Ukutetwa zenjwanjalo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngabatanda ukusola,
Benxámele ukugxeka.

Niyashiywa, niyasala,
Nilibele kukugxéka !
Ezinteto ngale mfundo,
Mazimise, zenze tsolo,
Zingabuti amabibi,
Ziqápúze ezontuli.

Umnumzana' u-*Soligoso*,
Ukumbiza ngobupóxo,
Andinazintlon' ukutsho :
'Nteto yaké nayo itsho,
Akanayo inyaniso.

Undincamisil' impela,
Akwenjenje ukuteta :—
'Nibonanje ndinonyana,
Es' kuleni unonyaka,
Ubulumko akanabo ! '

Kanti nok' ulind' imfundo,
Nayo epákamileyo.
Ntlanganiso yalengxoxo,
Lomf' udume ngobupóxo,
Kanigwebe ngalo ndawo.
Ad' ancome netshabane,
Limikwa ye *sandawane*,
Ligqïtwa nali *Qwelane*,
El' bulela ne *ngqawane*,
Iyintwana enci*nane*."

University of Fort Hare
Together in Excellence

Pûhl' *u*-FUN'-IZISULU, *wati*,—

"Ndinga kanye ndinge qwiti,
Mina ndisi' bingi-bingi,
Sendiswele kwano 'butí,
Ngendi dwaba yonk' imiti,

Ngendidlisa ababantu
Kuti waca, kuti mú tú,
Bagxekeza umnumzetu
Uy'se ka-*Noqûshululu*,
Umf' odume ngobukúlu.

Ulicikw' akanandoda,
Umnumzan' u-*Bêdidlaba*,
Mn' okwam' undoyisile.
Umfo lo ucikozile,
Yonk' into uyiqwelile.

Ninomona, ninekŵele,
Felinene, *Sweligukwe*,
Nawe bawo *Bazamehlo*.
Umf' onteto yobuciko,
Ngu lo ungu-*Soligoso*,
Nimutúka ngobu pôxo.

Senifane nizimumu,
Senicenga ku Belungu,
Nikóhliwe kumpéndula
Umnumzan' u-*Bêdidlaba*.

Nimhlalele ngale ntlamba,
Indibete ndonakala,
Ndakucinga lamagwamba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nit' avela ngapesheya,
Niti ngesi wabulela.

Ezonanto ndizitïye
Ndancamisa. Sendiswele,
Nibonanje, isihlwele,
Ndizityumze, ndizicole,
Ndingashiyi noko amnye,
Kub' efana onke, onke.

Into apa ezimana
Zisibiza zimalana,
Zemihlaba, zozindlela,
Zomahlati, nokufunda ;
Iyi mfundo yantonina,
Ngaba mona ukangaka ?

Zisibiza zincwadana,
Kwezindlela sakuhamba,
Mgopetyana zimnyamana,
Namagwangq' o Nompilinga,
Niti gxeb' imfundw' ipina,
Noze gxebe niy'nikwe na ?

Zon' irafu yiwangala,
Sezi cima kwane gala ;
Bewuswele nomubuso,
Muny' okóyo,—yinkongolo.
Mina kunje nibonanje,
Andisoze ndibatande.

Yinyaniso ba[illegible]tá,
Ungowetu lomuhlaba ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sel' isiti abafiki,
Sesihamba ngezi pasi :
Intw' ebugqi isimanga,
Intsebenzo yamagwangqá.

'Kude gxebe ninxámele,—
Sibadala, salupéle,
Sinizala nilufana,—
Sinamehl' ukusicima,
Sekukade sibabona
Benekwéle benomona :
Kwimfundiso siyiqonda,
Shishinini siyabona :
Kub' ikéte liyalala,
Lobutshaba bakudala
Kwaba mhlope nabamnyama.
Kánipïke, sihlangene,
Kulengxoxo le yanamhla,
Késiyeke ozintlamba,
Nokuteta ngobusela.

It' inteto yamagwangqa,
Yoluhlanga lwapesheya,
Koluhlanga lumunyama :
Si-Latini, si-Hebere,
Ezo nteto nesi-Grike,
Kwaba ntsundw' azifanele,
Babebangwa-ke lel'kéte.

Ntlanganiso yale ngxoxo
Masimise ozinkozo,
Makungenwe kwinyaniso
Sizikúpe ozinyongo ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Masiyeke inkohliso,
'De zipél' izikálazo,
Sihlangane kule ngxoxo.

Kuténina okuteta
Kutábata amacala,
Kukólisa ngokuqóla
Inyaniso iyashiywa,
Nantsiya iyinkedama,
Kusekungqwanganiselwa ?
Kwi-ofisi sinonyana,
Tina bantu abamnyama :
Bayasoma bayabála,
Sekusel' ibala lodwa,
Won' umvuzo sel' iy' *ntshenu*,
Kubo bonke kutwe *kúnu*

Bengagqitwa ngabe Lungu.
O Titshala abamnyama
Yintapáne yewangala,
Bafundiswa ngamagwangqa ;
Ngabafunda iminyaka,
Bazuziswa mapétshana,
Bakugqátswa ngamagwangqa,
Okuqwela ngokufunda :
'De savuya sibulela,
Kwakungati ngezomini,
Bese kwase zikuleni,
Bakuvuzwa kanobomi,
Bakungen' emsebenzini.
Benikiwe umsebenzi.
Woku titsha, nokutini,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Suke kắta elikéte,
Ngalo apa sibambeneyo ;
Kodw' abantu befundiie
Begqïbile beqwelile,
Suk' umvuz' ube yintshenu.

Ungaya ap' utandayo,
Kusetyenzwa ngale mfundo,
Ngayw' apa sibambeneyo :
Umnt' omnyama ntlanganiso,
Xa sicắna inyaniso,
Nofundiswe ngemfundiso,
Eyiyon' ifunekayo,
Leyo ipắkamileyo ;
Yona, yona inyaniso,
Lon' ikéte lomuvuzo,
Ayivuzwa ngentsebenzo,—
Yenga tandabuzekiyo.

Nit' imfundo yenzanina,
Nombulelo ngowanina,
Sasincedwe mhla wupina,
Nisinina ngalipina ?
Oluhlanga olumnyama,
Nilusola ngantonina ?

Fan'selana umnt' omnyama
Efundile isimanga,
Sel'esoma isidwandwa,
Ukunyuswa kuyingaba,
Intw' ekóyo kukutiywa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Niti gxebe *Sweligukwe*,
Bazamehlo, *Felinene*,
Lenyaniso yodaka-na,
Nakupánd' intw' ezindala ?
Zobugqwíra, zobusela,
Zozidlubu nozimbála,
Zisusa-na, zicima-na,
Ezizatu zamagwangqa ?

— —

Uvel' ap' u-YIWENANI
Wabáfula engateni :—

" Ehla gxebe mnta 'ka bawo,
Uqwelile kule ngxoxo ;
Ute kóna wakufika,
Kweli qétsu lamagwangqa
Elite labonakala,
Kokwenziwa kweli bala
Loluhlanga lwabamnyama,—
Wandifeza, wandigqiba.
Ute kóna wakungena
Kweli sheyi nolu lunya
Lwemfundiso eyinkongo,
Ndaziva ndineinqála !
Intliziyo ibuhlsngu,
Yinkohliso yamagwangqa,
Amabandla apesheya.
Kuyi nkohla, kuyi nkinga,
Sesifane samafiko
Ukuxoxa sikohlwa,
Ukuteta sipélelwe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lamanen' o-*Sweligukwe*,
'*Bazamehlo*, *Felinene*—
Ate gongqo amakáka,
Agalele kuma gwangqa :
Sel'ekóhlwe nakubona
Izipóso ezikóyo ;
Nabo ngabakóhliweyo
Kulandula ezo ndawo.

Abe Lungu, siti kuni,
Abanako okukumbi :
Nosangati ungakubo
Bomŕuqula kwa ngomso lo ;
Kuba wona ama gwangqa
Aketúki *mhla ngakwena* ;
Ahlangene onke, onke
Ukuqúba ngeli kéte.
Káningene nilandule,
Ezi ndaw' zimisiweyo
Ngamanen' o-*Soligoso*
Nelingu *Funizisulu*,
Negqala u-*Bédidlaba*,
Uy'se ka *Noqúshululu*.

Eli qétsu lalo mvuzo
Ntlanganiso yale ngxoxo,
Lenziwayo kwaba mnyama,
Asi kéte na ke kodwa ?
Kániyeke ukuqóla,
Kánipéze ukucenga,
Ati umntu akubuza
Ngezipóso zama gwangqa,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nit' ubéda amadlaba,
Senisilwa, nishwabula.
Makutetwe ekuhleni,
Kungabi magolonxéni ;
Kodwa kambe siyaxoxa,
Asikwenza kuqwémesha ;
Sakupúma egusheni
Sixoxa nje kuy' lemini."

——

Kúpu ap' u Qond'-Imfundo
Etívasile zinyaniso ; wati :—

" Ntlanganiso, namanene,
Silapa nje sihlangene,
Sipïcota zonk' indawo
Ezilunge nale ngxoxo ;
Ke lengxoxo inge mfundo,
Inge mpato, nango laulo
Olu esipántsi kwalo ;
Leyo ndawo iyindoqo,
Mayinikwe zonk' ingqondo.
Mayitetwe ngobutyolo.
'De sikúpe nemincono.

Aba bantu bapesheya,
Bonke, bonke sebepéla,
Bafanelwe kubulelwa
Siti bantu abamnyama
Aba bantu bapesheya,
Okunene babenike
Site tyiki bubulelange ;
Basizama ngale mfundo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sazizuza ezi ngqondo,
Ezi sesigxeka ngazo.
Kǻniqonde, kǻnicinge,
Ninqumame kancinane,
Anilomu kwaba bantu
Nina bantu abantsundu.
Izizukulwana zenu
Zakwaleka pezu kwenu,
Zingafiki neloxesha
Kumabandla apesheya.

Wa ma-Xosa, nama-Mfengu !
Kǻnixele makowetu,
Elilishwa neshologu
Lokukéla elohlati
Senikónce lé pakati,
Sezinqéla zonk' intshaba,
Zonke, zonke zobumnyama ;
Elohlati leli *Gwangqa*
Niti namhla liyakéta,
Alikwazi nokulaula,
Lanihlutǻ nemihlaba,
Aninawo namakǻya :
Kanti noko kuyinene,
Senibeta ingcenene
Ngale mfundo yama gwangqa,
Nolu laulo lwa pesheya
Lungenise ukonwaba.
Nilibele kusinina ?
Kǻnifund' ukubulela,
Ninga bédi amadlaba
Nakukóva ukuncedwa,
Nakukóv' ukongululwa ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nanifude ni' *Ncekevu*,
Namhla nani nizikúlu :
Kuzi nkosi, bafundisi,
Kuzibonda, kuzityebi,
Namagcis' ezityudeni.
'Kubulela kufundeni,
Ukusola kuyekeni."

U NGENXENYE *ute kúpú apo*
Kwesosiqibi salo nteto ;
Wabáŕul' exátapéle,
Kub' inteto imnxálile, wati :—

" Ningetúki ba Hlekazi,
Ninganxámi nozonela ;
Ningetúki 'mhla ngakwena.'
Kwakudlana ozintsimbi,
Akwanyana amaŕoma
Ama gwangqa naba mnyama.
Yabonani nigongqile,
Lomucimbi usendele,
Imbángeli yale ngxoxo.
Lon' ikéte ngokwenene,
Ama gwangqa alipéte :
Yeyona 'nto nibona nje,
Sele onke ey'songele.

Lit' iqétsu ndinityele,
Elindoqo liliqele,
Kwi gubuŕa lama gwangqa,—
' Fundisani inidaka,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kambe lonkwali yambésa,
'De kube kwisi-Hebeŕe.
Kodw' iqétsu makowetu,
Alu túťú lomu Lungu,
Nani nonke boma Búlu,
Masibe naqétsu linye,
Simuhlambi wantaka nje.
Ukuze sipúmelele,
Imidaka ifunda nje,
Masigcine ngomuvuzo,
'Kuz' itshitshe nalo mfuudo,
Bapámbane ezo ngqondo.

'Zenigcine 'nto zak'wetu.
Ke mabandla ka Jon Búlu.
Nilenzile elo qétsu
Kwaba bantu abantsundu,
Loba yoba bazicíte,
Bozilahĺa ngokusela
Is' ŕogolo, so nodyuwa,
Bebefuna ukucima
Ezo 'nqála zezo ngcinga
Zine ngqondo yokubona
Imfanelo ap' ikóna.

Mababe maququlurana ;
Mr. Nantsi es'kuleni :
Kodwa kon' em'sebenzini
Bango-Jeke, ngo Bóyi bonke,
No-Maneli emakáya ;
'Zi Tyudeni ze midaka :
Kunye nabo sebe bála,
Ko mikúlu sebe dweba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ke mawetu lon' iqétsu,
Wa bantwana babe Lungu,
Umvuz' ube yi *ntshenu ;*
Nonke, nonke, kúnu, kúnu
Bonqunguka, bonincama.
Fundisani aba mnyama,
Ezonteto zakudala ;
Ze nigcine ngelo qétsu
Uz' umvuzo ube *ntshenu.*' "

Usukil' u FAN'-ATETE,
Sel'exâke intendele, wati,—

" Hay' intw' imbi ukucenga,
Kuduluswe ukutetwa ;
Zit' inene zisaziwa
Kufukanywe pezu kwazo.
Yabonani sibadala,
Siminyaka kuma gwangqa,
Okunene ké sancoma,
Sasisiba anelifa,
Sakubona nale mfundo
Tina ebesingenayo ;
Sakubona kwa nempato
Yayingati ilulutó ;
Sakubona ililiwa
Laba-saba ukunukwa,
Ukusikwa nokudliwa ;
Sakubona inekwâpa
Kwinkazana nakw mntana,
Yabonisa ukupíla
Yasihenda kwakupéla.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yayingati ipúngula
Imitwálo yomakázi
Alotyolwa ngobafazi.
Kanti, mawo, mawo, mawo!
Siyeyela ngelomkóno;
Yi yimbïla ngayintloko,
Sesitúka kukudala
Saginywayo ngamagwangqa.

Xa ndilapo ke mawetu,
Alusapo oluntsundu
Intliziyo ibuhlungu.
Ababantu mhla bafika
Kwakuyole 'de kwancama,
'De sancama amawonga,
Akowetu, obunono;
Sawushiy' owet' umbuso,
Sawucïta, inanamhla
Sasibinza kwelokáya
Ngezizandla ncakasana.

Eziŕafu ziwangala
Zalo mbuso wama gwangqa,
Lit' ihlati, at' amanzi,
Amahlahla, kwa nenkuni,
Kwa nencá le ncakasana,
Zonke njalo kwa nendlela;
Limunyama kuyinkohla,
Sabémbésa ngase káya,
'De sacïta sapándula
Ukunceda eligwangqa,
Zinga nqïna eza ntaba
Zakowetu zakwa-Ndoda,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Zo-Gqebeni, 'Nozidwaba,
Dontsa, neze-Bukazana,
'Ud' usinge ku-Ndotshanga,
Kwezo-Mnqwazi, no-Molose,
Usingise kwa-Ngqungqushe.
Eza ntaba zo-Lukánji
Ubékis' elwagcibeni,—
Niti zezantoni-na ?

Ngamanq'ina ayateta
Ngati tina abamnyama
Sabulala amawetu,
Elonxeba libuhlungu ;
Sawac'ita lo makáya,
Sati gongqo amakáka
Sawabinza, sawac'ita
Ngezi zetu tin' izandla.

Ibuhlungu lonyaniso
Kwezimini zalo mbuso
Usidike, saṙuquka,
Usidúdu, naso semfe.
Siyafuna, siquleka
Sibuzana, xa sixoxa
Ngobu bume beli gwangqa,
Tina bantu sekudala
Sawashiya amakáya,
Sawagwaza, sawantama,
'De sanxiba nemixáka.
Ngezomini zokuvela
Kwakungati kuti tina
Sitélele kweli gwangqa

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sinqabile kuko konke,
Kanti mawo ngamampunge,
Namhla sonke ngokwenene
Sesijoje amasele.

Tina oko ib' isiti,
U Laulo lusenati,
Bezingekó ezi-kiti,
Ezi-tola, nezi-pasi.
Sabayeka, sabamkela,
Bagawula, bakusaŕa,
Komihlaba babelima,
Amadlelo babenawo,
Lawo nati sasinawo.
Bazimisa ivenkile,
Bazaká nendlw' ezintle,
Bengaŕoli nentwana le.
Kanti bona ngeli gala,
Kwalo manzi, nezo ndlela,
Lomahlati, nezo zigxa,
Ezontili, lomatáfa,
Uyabanjwa umnt' omnyama
Akuhamba ngezo ndlela,
Uyaŕuma ngazo zonke.
Xa kunjalo ke manene
Káni xele kube mhlope
Ezondawo sizonele
Ngazo- ke kunjenjenje ?

Andisokuba sapïnda
Ezandawo zomihlaba,
Itaitile, njalo-njalo,
Namhla pantsi kwalo mbuso

University of Fort Hare
Together in Excellence

Niti nina makufihlwe
Kuy'ubawo u-Rulumente,
'De sidumbe amaqeba
Simukónze ngokuntama
Simkóhlisa, sidiniwe,
Sesibanjwe yimipáta
Yokuswela izihlahla
Zokubinza, nantsw' inene
Ap' ikona ndinityele.

Kodwa nantsi ndiniyale
Eyinqobo yon' indawo—
Asinguwo umkónkoto,
Asikuko konk' ukulwa
Ngezihlunu zale nyama.
Singabinza sonke, sonke,
Sonke sesihlabelene,
Hayi kona makowetu
Singemtin' u Joni Búlu,
Akuncedi nokufihla,
Kulungile ukutyila.

Nal' icebo ndinityele
Elindoqo liliqele,—
Ababantu banetsili
Elidala lobuqili
Bale mfundo nale mpato ;
Pákulani ezondawo,
Nokw' inyosi zisuzela
'De kungweve izamvila
Zezo nzima nitiyama,
Zona ziyanibulala.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ewe kóna siyasindwa,
Masincame ukucinga
Ngokulwa nangokubinza,
Masifunde sinyameke
Sixelis' izizwe zonke.
Mandipéze ndityandile
Ezondawo bezisele,
Ndixolile ndinivile
Niwatyanda amagila."

*Kůpu ap' u-*Qond'-Ilizwe
Ezipête zonk' inene :

"Ntlanganiso yalengxoxo
Inge Mfundo nange Mpato,
Nikálaza koluhlanga
Lwaluvele ngapesheya,
Mun' okwam ndibonela,
Nifanelwe kubulela.

Mandiqale ngalendawo
Yelikéte lale Mfundo.
Anitsho na kule ngxoxo
Ukuti, kwangale mfundo,
Yona, yona iyanikwa :
Ninonyana, baya titsha,
Bayabála, bayaqwela,
Abagqitwa ngamagwangqa,
Sekusel' ibala lodwa ?
Xa kunjalo yiyipi-na,
Enekéte, nenzani-na ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mandingene kweyo Mhlaba
Enilila ngokuhlutwá
Kwemihlaba ngamagwangqa.
Ukusuka kwase-Nciba
Wonke wonke lomuhlaba
Ud' ufike nase-Kapa
Nanifik' unamanina ?

Kánibuze kuma-Kwane,
Zenibuze kuma-Ntinde,
Abawela kula Nciba
Kwangemini zakudala.
Kánibuze ku-Rarabe,
Uso-Mlau, uso-Ndlambe,
Mhla wawela kwele-Nyati,
Kwaf' abantu, kwa mapïni,
Lat' igazi lamurolo,
Yonk' i-Nciba yabanjalo ;
Kwakuliwa nama Lawo,
Esilwel' umhlaba wawo,
Wawatyála u-Rarabe.

Mandingene kweye Mpato
Nikwayi kalazeleyo.
Ama-Mfengu elapá nje
Zikálazo ezikwanje ;
Ad' acïtwa ngama-Ngwane,
Afaciswa yi-Mfecane ;
Efikile kwa-Ngqungqushe
Kwa Gcaleka, kule-Tete
Zikálazo egqitile.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Ntinde nama-Ndluntsha
Ewelile kwa la Nciba
Akálaza ku-Rarabe
Agalela kuma gwangqa
Kweloxesha lika Ngqika,
Inanamhla asekóna
Kususela kwelo xesha.
Ama-Ngqika, ma-Gcaleka
Nawo, naw' ayakálaza.

Eladuli la Malinde,
Lika-Ngqika beno-Ndlambe,
Lalibangwe ngamadlelo,
Kwan' eziny' intw' ezinjalo;
Kubamben' u-*Gxabagxaba*
Isikúlu kwa-*Gcaleka*,
Nesikúlu sakwa-*Ngqika*
Ka-*Fulele*, u-*Mcoyana*.
Kuliwe ke nama-*Ngqika*
Ngama-*Ndlambe* no-*Gcaleka*
Etélele no-*Mnyaluza*,
Wapánziswa ongu-*Ngqika*.
Wawuhlaba ku magwangqa
Amabandla apesheya,
Amcïta u-*Mnyaluza*
Onwabile ese Nqúshwa,
Ambángisa kwakupéla,
Ayenceda ongu-Ngqika,
Agqitela kwa Gcaleka
'Kuze kufe ongu-Hintsa.

Ke kunjalo nama-Ngqika
Ewonke asakálaza,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kwa ne-Mfengw' ikwa kálaza,
Kánixele kut 'wenina,
'Ze nifund' ukubulela ?
Ama Law' ayakálaza,
Akúlulwa kwase-Kapa -
Acandelwa nalo mhlaba
Unendyebo we-Katala.
Ayencedwe kuma Búlu,
Aye ngaw' amakóboka,

Njenge-Mfengu kumu-Xosa,
Batsho kamb' ukusityela
Xa sukuba bencokola,
Yonke lontw' iyakálaza.
Mandingene kozi ŕafu,
Ngumnikelo makowetu.
Ngozi mpondo zozi Ndlovu,
Ngozi mvalo zozi Mvubu,
Ngozi fuba zozi Mpofu,
Ngozi Namba, nentsu ze Ngwe.

Nenzanina okwenjenje ?
Lamadod' atete kade—
'Sweligukwe, Felinene,
'Bazamehlw' atet' inene.
Kánipïke ezindawo
Mxosa, Mfengu, nawe Lawo,
Zezenziwe ngamagwangqa
La seniwakálazela
Niwagxeka niwasola.

Mhl' akúlula amaKwama
'Ka bizanga s'tabatabe;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mhlan' anceda ama-Mfengu
Ukuwela no Elefu
'Ka bizanga s'tabataba ;
Mhlan' anceda ama-Ngqika
'Ka bizanga s'tabataba ;
Kule mfazwe yokupéla,
Ya-Mamfengu no-Mapásа,
Nokw' indlekw' ingakanana
'Ka bizanga s'tabataba.

Zonk' indaw' ezingamandla
Koluhlanga lwapesheya,
Nizenzelwe ngokupéla
Anifundi kubulela ;
Senibéda amadlaba,
Niyagxéka, niyasola,
Nakukóv' ukongululwa.
Ntlanganiso yale ngxóxo
Manifund' ukubulela
Koluhlanga lwapesheya
Abancedi bokupéla.

---

*Usukil' ap' u-*Rauk'-Emsini
Sel' equmbe esikwintshi ; wati :—

Ndincamile ndonakele
Mz' wakowetu okunene
Ngamadoda atetile
Ab' ebonga amagwangqa.
Kanti noko lon' iképte
Noko sebe likányele
Likó lona okunene
Kwinto zonke ngokuhlonipa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Fan'selana sekupina
Umnt' omnyama esebenza,
Ekólisa, sele qwela,
Won'umvuzo uyintshenu,
Okunene kut'we kúnu.
Oligwangqa uyinkosi
Nakuw' pina umsebenzi,
Fan'selana esidenge
Abantsundu bemqwelile,
Nange ngqondo bemdlulile,
Kupélile wozuziswa
Umuvuzo owangala
Kwanegunya lokupáta
Abantsundu, abamnyama.

Kwanelizwe xa lifile
Bomiselwa izidenge,
'Zingazange ziyibone
Lento kut'wa iyimfazwe,
Bapátisw' okwabantwana,
Ngezabókwe betyatyushwa ;
Bat'we cintsi ngeqóshana
Bengo Vula ozindlela,
Amagwangqa etyetyiswa.

Kwi-ofisi kukwanjalo
Abantsundu, tú, nto, nto, nto
Kwanalapo bay' zuzayo.
Niti kodwa mabonwetu
Alibala elintsu[illegible],
Masifihle, masincwabe
Ezondawo zimuhlope ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Siteta nje kukw' i-Bóndi
Ebuqili buyindoqo ;
Ifungele, ibïnqele
Ukuti e-Palamente,
Ezimali zifundisa
Oluhlanga lumunyama,
Mazihlutwé, mazipéle.

Ngamanina law' anjalo?
Eyona ńto soba nayo,
Imihlaba sel' inabo,
Ozigusha, nozinkomo,
Zonk' izintw' ebesinazo,
Bajojisa ngale mfundo ?
Péndulani *Sweligukwe,*
Bazamehlo, Felinene,
Sibulele ndawonina ?

Nale voti ikwanjalo,
Kukw' iké́te kwa nakuyo,
Asivunywa kany' impela
Tina bantu abamnyama.
Pikisani ezindawo
Sihlangene kule ngxoxo ;
Nditsho ngoko ke manene
Ukuti sendincamile.
Okukóna kukudala
Ungenile kweli gwangqa
Kokukona ungumfiki,
Kokukóna ungumzini.

Ndiyapinda ndiyabuza
Kuni bandla elimnyama,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nihlangene ngeli gala,
Sibulele ndawonina,
Ubukáya bubupína ?
Ezindawo zamaqétsu
Azikó-na ke mawetu ?
Nawo onke lamasheyi,
Siwenzelwa em-Lungwini ?

Xa kulapo kuyinene
Sonke, sonke simanyene
Kuba sonke sikátéle,
Masiwal' amagqebeqé
Nakwezo zi-Palamente,
Ngokuteta ngezw' elinye
Ukucása zonk' indawo
Zembulawo ezinjalo,
Asiboni mubulelo.

---

*Usukil' ap' u-*MALIBENJE
Sel' amehlw' ezizadyenge,
Intliziyo isigquru,
Engenguy' u-Mdededuku, wati :—

"Wa mlisela no mtinjana !
Nibonanje ndinjenjenje
Kute qatá okunene
Eza mini ze-Mfecane,
Kwakufik' u-Matiwane
Oyinkosi yama-Ngwane,
Amamkel' ama-Ngqungqushe
Akwa Hlamba ngobubende,
Kwade kwaEli *nishampantsholo.*

University of Fort Hare
Together in Excellence

Uhlatyiwe e-Bunguni,
Kwelo bandla lika-Tshawe :
'De kwahlatywa nakwi gwangqa,
Yabumban' Embólompeni
Yafaciswa i-Mfecane
Ngokuncedwa leli gwangqa
Niti namhla liyakéta.

Ndikúmbula ezamini
Zelaxesha lamajozi,
'Zapómpolo, no Zanusi,
Nembámbáno zobukosi.

Ndikúmbula lampámbáno
Yamaqasho neyezoso
Kwi pakati. Yangu mngcongo,
Yayintshuntshe nomkónkotó,
Ez'hlahleni, kuse Bandla.

Bekujolwa ngama-Gaxa,
Ama-Ngqika ekóhliswa
Elocala lako-Yese
Lomz'omkúlu wo-Nojoli
Lalihlel' elusizini.

Kwada kwati ngamhl' utile
Ama-Ngqika agqugula
Agqibana kwelitshoyo—
"Maze lufe olufayo,
Sidiniwe kukwanyiswa
Sisenziwa abantwana
Simabandla ka-Majola.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Eb' u-Ndlamb' engumnt' omnyama
Enge nkosi kwa-Raŕabe :
Kanti siti ababona
Bokujola beqanana,
Tina sedwa *Mngcangatelo*
Abanini beli Bŏtwe.

Namhla siti abapándle,
Sel' inkosi ingu-Ndlambe,
Ku-Mulau ngu mninawe
Kant' u-Mlau uf'ezele
Oyi nkosi kongu-*Yese*.

Kuy'le mini sidiniwe
Seku'dala sesifile,
Mabavuke sesisosa,
Sesimis' abokujola."
Kwabanjwana kulo nkundla,
Yabinzana yacïtana,
Yakïsana amakénke.

Ndilapo nje ke lusapo,
Sendingene kula mavo
'Zenixole nindileke
Noko ndenz' amabal' engwe
Ndibonisa amabanga
Emfanelo yamagwangqa
Ukuba angabulelwa.

Ngalomini kuliwanje
Ongu-Ngqika benko-Ndlambe
Babe hlezi bencokola
Bengazi nto ngolo liwo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wad' wahlatywa nkakazana
Wayahlula ongu-Ngqika,
Wayibinza wasakasa
Eyecala lakowabo.

Wab'uhlungu ongu-Ndlambe
Kub' eyake yayibinzwe
Yamapïni, sel'icïtwe
Yazindlazi, yazimpánza.
Kube njalo ongu-Ndlambe
Uzifake amatóle
Wafuduka equmbile
Wakumisa ngase-Debe
Kulo ntlambo ye-Laukazi.

Ut' elapo wacapúka
Wasingisa e-Lukúko.
Wapútuma ongu-Mjodo
Kwasukelwa ozi Mpofu,
'Ze kuliwe, kucïtwane,
Akálale ongu-Ndlambe
Ayekuma kwa-Mbïnantle
Esingisa kolo nina
Kuba Tembu ama-Gcina.

'Ze wabikwa kwa-Gcaleka,
Ku-Káuta beno Kánzi,
Kwa nyembezi kwa-Nobuto.
Bauhlaba kwa-Gcaleka,
Namabandl' akulo nina,
Sebentyontya amakwelo
Bemsongela u-Mjodo :
'Ze kuliwe ngase-Cwengwe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

'Ze kubanjwe ongu-Ndlambe,
Abulawe ongu-Kánzi ;
'Ze kutinjwe ongu-Hintsa,
'Ze wanxitywa ubuhlalu
Ngulo nyana ka-Mulau.
Wamkulul' um-Ngcangatelo
Ongu-Ndlambe wenza inqú.

Leyo mfazwe yeye *Mpofu*
'Ze kuvel' eyama-*Linde*,
'Kuz' u-Ngqika ad' abánge,
Asingise ngase-Támbo.
Okunene wawuhlaba
Kumabandla apesheya,
Akabiza s'tabataba.
Zonke zonke ezindawo
Ndizibona nje ngezolo.

Lamanen' o-*Sweligukwe*,
Bazamehlo, *Felinene*,
Kwanamanye olohlobo
Akwenjenje ayeyisa :
Kub' ateta ngezizatu
Ezikóyo kwaba bantu
Sibapéte njenge ntshaba.

Kodwa inye indawana
Esisikwa silinyana
Kule nteto yokupéla,
Yile ati ukuteta—
"Lomuhlaba ngowahlutwá
Koma-Lawo noma-Cwama,
Ususela kwase-Nciba
Kude kuye nase-Kapa."

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kaubuze kuma-Gando,
Kwanakuwo ama-Tshiwo
Ukuwela kwabo. Mhlana
Babesilwa ngobukósi,
Behlabana ngamajozi,
'De baya kwa-Nqobokazi
Iyintlango enkangala,
Kungekó no-Mtwa wentaba.

Ama-Cwama ayepéle
Kwa Hintsat' e-Somalseti,
Ap' u-Gando waya kóna
Akucitwa ngase-Nxuba,
'Ze kubekw' ama Ranuga,
'Ze kubekó nobu Kwayi
Kuma-Gando nama-Gwali.

Xa nditshoyo ndipéndula,
Ezi ndawo zemihlaba,
Nditi ngazo zona zodwa :
Lomuhlaba ngoka-Xosa
Ud' ufike kozi-Nqweba,
Inkoliso yama gama,
Ayetiywe ngama-Cwama ;
Into leyo engateteti
Ukuti, wawungowawo.

Kuba namhla ngeligala,
Amagama ayalala,
Emilambo ngemilambo.
Eguzulwe abengawo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kóna, kóna ngokwendawo
Ezo zona zombulelo,
Sizenzelwe ngama gwangqa ;
Azina kutandatyuzwa.

Ndiyavuma xa sitétá
Ngamaqela azi-Bóndi,
Eziveca izigqibo :
Zamacebo angendawo.
Abonisa eli kéte,
Ngalo apá sibambene.
Koko nawo ak' asiqondi
Kuba nati sinemali
Etyeyeni, endyebeni
Siyafafa njenge-Bóndi,
Ngenqu zetu ngalo mbombo.

Siyamtémb' u-Rulumente
Intw' enjalo angeyenzi,
Singa gungqa, singaqumbá,
Singatétá, singabéna.
Masipátwe ngananinye,
Kungaviwa bantu banye.
Ikwa mnandi ke lendawo
Injalo nje yinyaniso :
Ukuba amagwangqa la,
Ngabahlobo bokupéla.
Gxebe zona ezo-Bóndi,
Zinge dane zibe yinko,
Libe nati ilungelo.

Kuba ke ukuba njalo,
Zingapezu izilwabo,
Kunaleyo iyi-Bóndi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nditi kuni ntlanganiso :
Masifunde umbulelo,
Masifund' ukuzinceda,
Ngokwayama oluhlanga.
Ngale Mpato, nale Mfundo,
Ewe nalo olu Laulo,
Zonk' ezonto zolohlobo ;
Masizole, sizondele,
Singapáng̀i ngokulahla
Amaqele, sibémbése
Sise ndebe zibomvana,
Sizi ntsana ncakasana.

'De kwayola, 'de kwancama :
X' izihlobo zaba mnyama,
Ingabo abo-*Nyawontle ;*
Elo butw' ama-Tẁalandwe.
Anga cofa ngo dondolo
Kwigqebeqé lamacebo,
Nawa vecwa ngozi-Bóndi,
Nawa zond' ukusi ncunga,
Zesi bányalaze silwe,
Sizinake, sizicïte,
Sibe kufa kufunjiwe.

Mandipéte ngelitike :
Ezambála, nezidlubu,
Nokudliwa kozi *ntubu*,
Nokutyiwa kozi njica ;
Kozi nqowa, mipúnzisa
Zonk' ezonto ké zenzeka,
Zezincedwe leligwangqa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mayipél' intlanganiso,
Ndoyisiwe yinyaniso ;
Masifunde umbulelo,
Kuma bandl' akulo-Gompo."

Kwesiqibi, kute cwaka,
*Usukile u-*NYINATA, *wati :—*

" Nditi namu makowetu
Ndingo qumbe ndasi 'mumu,
Ndinjalonje ndidanile.
Kutenina okunene,
Ntlanganiso okubanje,
Ukuswela umbulelo,
Kwezintlanga zanganeno ?
Ndisuka nje ntlanganiso
Sihlangene kule ngxoxo,
Ndibulela ndawana 'nye
Yokuba nize nivane.

Zonk' indawo zivelelwe,
Amanene atetile
Ngezizatu zezisolo,
Nembángeli yombulelo ;
Umhlob' am u-*Sweligukiwe*
Undanyele, wandifeza
Akuteta ngamaŕamncwa
Ezidenge, ebulela.

Umhlob'am u-*Felinene*
Undincamisile kanye
Akungena, ekumiza
Ukwenza kwala magwangqa
Esenzela abamnyama ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umhlob' am u-*Bazamehlo*
Undiminye umuxélo
Akungena ko-Nyawontle
Abawela ezo lwandle.

Akungena kobu bume
Sesikubo okunene,
Akungena kwizigxeko
Zetu tina ngale mfundo ;
Umhlob' am' u-*Qondimfundo*
Akuteta ngobuhlati
Bamabandl' asem-Lungwini ;
Ndakucinga okunene
Ngezwi lika-*Qondilizwe*
Ob' ecáz' iziganeko
Ezibanga umbulelo
Kuma-Mfengu, kuma-Lawo,
Kuma-Xosa, njalo-njalo,
Wandifeza kananjalo

Mandongeze ndawana 'nye
Ntlanganiso namanene,
Mandixele, ndingafihli,
Ndingaqóli, ndingagxeki,
" Kánifunde, nifundise,
Kániyeke lamagukwé
Nisekude, nisezantsi
Entlalweni, emfundweni,
Ekwazini, entwenini,
Aninak' ukuzipáta
'Kuzimela seninedwa,
Ningabánga niti shwaka
Ebusweni bomuhlaba,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bubunqóla, bubuginwa,
Ngamaŕatshi okungazi
Kungalila amajozi,
Ningabáca, ningafaca
Nibuyel' ubu *ntangatwá*.

Gxebe, gxebe nikúmbula
Nihlelinje okokuba
Ningabehle nenz' ulutó
Ningenawo nombulelo,
Ningamaz' umncedi wenu,
Ningazazi nenqu zenu,
Senibéda amadlaba.

Kóna kóna ngokolaulo
Lincameni elobóngo,
Anisoze nizilaule ;
M'san' 'fane nijubalaze
Nokuba niye ngapina
Nakuhlala nibalulwa
Ubuninzi babantsundu
Bahlukana kwamuzuzu
Nemibuso yakowabo,
Abawazi namasiko
Akowabo ezo mbuso

Tú zinkosi, tú miteto,
Intw' enjalo ntlanganiso
Kungatiwa yintomina ?
Abanjalo bangalinga
Ibóngo lokuzipáta ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kắngelani amagwangqa
La niti ke ayakéta,
Azi nkosi zokupéla ;
Adanyus' amaqatálala,
Ongulul' impátálala

Sekuteta *incekevu*,
Izikúlu zite qutu ;
Sekulaula inkunkuma,
Bate cwaka abogaga.

Nganinake kube njalo
Ntlanganiso yale ngxoxo ?
Kungokuba lamagwangqa
Lentw' ikéte akanayo.

Efikile kweli lizwe
Oli-Lawo noli-Búlu,
Ongum-Xosa noyi-Mfengu,
Bayafana kuma gwangqa ;
Namhl' i-Mfengu nje ngom-Xosa
Ingatéta ingalaula.

Kwane-Lawo nje nge-Búlu
Bayafana ku Jon Búlu.
Ez'kuleni bandawonye,
Emhlabeni bakwa nto'nye,
Ofisini, shishinini,
Abe Lungu abakéti.

'De kwavela kwa nakuni,
Ma-Xoseni, ma-Mfengwini,
'Kobokeni, ma-Laweni,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bafundisi o-Nyawontle,
Kwanalapo tú ikéte.

Ama Búlw' ashunyayezwa
Ngama Law' amakóboka,
Ama-Xos' ashunyayezwa
Ngama-Mfengw' amakóboka,
Lipïna ke elikéte ?
Lalaténi silibone.

Kukwanjalo entlalweni,
Kukwanjalo emtétwéni,
Owom-Xosa ngowe-Mfengu,
'Law' 'Kóboka, nowe Búlu,
Kánalate elikéte.

Fama, xande, mjelo, ntoni,
Nkomo, gusha, mal' bankini,
Mfundo, mbéko, ntando,
Zonke, zonke ezondawo
Zezenziwe ngamagwaṅgqa.

Wama-Mfengu, nama-Xosa !
Wa zintlanga zabamnyäma !
Lumkelani, bulelani,
Kufunden' ukubulela,
Makupéle ukusola
Lamabandla apesheya.

Kute kúpú kusenje-ke
*U'Xeg' u-*ZWELIQÉLESILE, *wati :—*

"Oyi ! Metsh[illegible]wa bantwana
Boluhlanga lulufipá ! ! !

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nibona nje ńdimudala,
Sendivela nakwa-Tshaka.
Ke, lamehlo, kad' ebona
Onke la mahla-ndinyuka.
Ukutsho ke ntlanganiso
Sihlangene ngale ngxoxo,
Ndibulela inyaniso
Ezitetwe, zatyetyiswa
K'womabini lamacala.

Amaxesha amadala
Agqitile kupélile,
Eb' emnandi okunene
Ngezomini zobudenge.
Nibona nje ndinityele,
Pézu kwazo ezinene,—
Bazityanda amadlala—
Kwezi zenzo zamagwangqa
Ndizinq'ína, ndiziqonda
Ngobudala bobudoda.
Ngokwenzeke ndikángele,
Nditi kuni namuhlanje,
Okunene la mabandla
Mabulelwe, kuti ngqanga.

Zikátúlwe, zapúngulwa
Iziqonga zamagwangqa
Zokubang' ukubulelwa.
Ukuncedwa kwa-Malawo
Ebukóbokeni bawo
Ku ma-Búlu, etshinindwa
Sendibona, sendiqonda.
Okunene amagwangqa

University of Fort Hare
Together in Excellence

'Kabizanga s'tabataba.
Ukubắdwa ko-*Yantolo*[1]
No *Mkẻlele*[2] njalo-njalo;
Mhla nge sheyi lo mkónkoto
Ze kuzuzw' izipókolo,
Mhla ngengxauka yemokolo,
Kwa nkwebete, sekuyole,
Kuxéliwe e-Xúkwane.

Ndandikwakó mhla ndasinda,
Ngala mandla ka-*Qamata*.
Mhla ngo-Nxele no-Jalamba,
Kwano-Mxắmli ngase-Mgwangqa,
Kwane duli la-Malinde,
Ndi kwakóna, ndikắngele.

Okunene ama-Ngqika
Ad'ancedwa ngama gwangqa,
Amucĩta u-Mnyaluza
Esaseng'ememelela,
Kolo dala lodlezana,
Esaxắmla namaŕoma
Kweso's púpú samatyeba,
Ezo nkabi zakwa-Ngqika.
Wazibutắ u-Xoz'umti
Kwazintuli, kwazintuli,
Wazinika umu-Jodo,
Nalo mini ndandikwakó.

Mhla kwafik' u-Matiwana
Oyinkosi yama-Ngwane

University of Fort Hare
Together in Excellence

[1] Sir A. Stockenstroom. [2] Major Cuyler.

Ngapá e-Mubólompeni,
Ndandikwakó ngalomini ;
Wapánziswa leli gwangqa
Lalinceda abamnyama.

Ukwenjenje ke manene,
Nditi kuni ke mawetu,
Ngesipina ngo ma-Búlu,
Engafik' u-Joni Búlu ?
Ngesipi-na koku nukwa,
Kokusikwa, koku mbélwa ?
Ngekulila amajozi,
Ngesilima ngomitáti.

Ntlanganiso yale ngxóxo
Ndoyisiwe yinyaniso,
Sipélile nesinqála,
Nesantoni ngeli gala.
Abo bango-*Bazamehlo*,
Sweligukwe, *Felinene*,
Qondimfundo, *Qondilizwe*,
Bakánkanya ezankomo
Zalamini ndiy'bonayo,
Sino-Bédidlaba lo, lo,
Sizimbála, sizidlubu
Zokuvela ngakwa-Zulu,
Zindibanga kule ngxoxo
Ukuvuma inyaniso.

Ukugqiba xa nditshoyo,
Ndinenzela isiyalo
Sobuxégo ke lusapo,
Masifunde umbulelo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

*Kwapŕi ap' u-*Jik'-Umxoxo
Ejongole yile ngxoxo :—

"Hayi kodwa inyaniso,
Iyinyat' ematyóbozo :
Indicole ndangumgubo,
Ipélile kwa nenteto.

Nibona nje ke bafana,
Noko ngati kumayana
Lentw' inteto ilungile :
Kub' ikúpá zonk' inyongo,
Kungasali nemincono.

Nibona nje ndingum-Xosa,
Intw' endala yomu-Ngqika.
Ezindawo zemihlaba,
Ukuténgwa kuma gwangqa,
Ndat' ukuze sendikólwa
'Kuba kamb' ayakóhlisa,
Kungomhlaba wama-Cihŕa
Wawuténgwe ngongu-Runqa,
Ozalana no-Ntsikana,
Engu mana kwa ka-Gabá,
U-Msebenz' ne-Shokoshela,

Wauténga kube Lungu,
Zat' inkabi yasipúpú,
Emva koko wacotélwa
Ngama Búlu, waqutyulwa,
Ngobusuku wabulawa.

Inanamhla ezonkosini,
Kwaku ntuli kuti má,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Azizange zibuyiswe,
Kodw' umhlaba uhlutiwe.

Lit' elamu kulengxoxo,
Inyaniso yoyisile.
Xa nditshoyo ndoyisiwe,
Bendikuni ngakó konke,
Ndicásile amagwangqa.
Kute qata mhlenikweni
Andinceda ngo-Nongqausi,
Sazicíta ngelenkolo
Yovuko kwabafileyo.

Yat' itshilw' intombazana,
Itélelwe ngu-Mhlakaza,
'Kwakuvuka amandulo,
Zonk' inkomo koti mó;
Namazimba, kwa nombóna
Anisakuba salima;
Yakán' izindlu ezintsha,
Kwane ntango ningabiy-
Nezisele ningagengqa.'

Sabulawa lelo témba.
Nokupíka nifincele,
Kwabateta amafene,
Bati bona ukuxela—
Tina sonke boma-Xosa,
Ngokuxéla ezinkomo,
Sasisenza amacebo
Kwa okulwa noli gwa-
Kut'wa watsho u-Mhla-
Akunjalo ke bafana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Aze ati angecala
Labantsundu, abamnyama,—
Ad' abénqa ukuteta
Xa akéta amadlala
Kolu Laulo, nale Mfundo,
Nale Mpato yamagwangqa.

Nditembise ngokupúma
Egusheni ndakuniva.
Ndinivile nixoxile,
Tu 'ndawo eziseleyo,
Nivelele zonk' inkalo
Zezililo nenkalazo
Ezenziwa ngabamnyama.

Ukuhlutwá kwemihlaba,
Ubukosi, namakáya,
Nemihlab' enetaitile
Yoma-Ntinde, 'Gqunukwebe,
Nenkohliso yetaitile
Kwabo sebezinikiwe :
Nangeké́te emfundweni,
Kwana ngelise mvuzweni.

Nakánkanya nityebisa
Kwa iké́te lamagwangqa,
Kwabamnyama abapúma
Sebezuze amapépá
Okuqwela bakugqatswa
Emfundweni namagwangqa
Kwa indawo zamu kanye
Nina nindikángele nje.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ke abanye baqwelile
Ukucáza izizatu
Zokunceda abantsundu
Zozimali, zozimfundo,
Zomihlaba, zozintlondi
Zobumnyama ezininzi.

Ke elamu nibonanje,
Ngoku makė ndilikúpė,
Egusheni mandipúme.
Mandiqale ngokwenjenje,—
Okunene ndibonile,
Nam sendoyisekile,
Nikányise kwade kwasa,
Izigqwati nazikúpá
Zobu bėdi bamadlaba.

Ngalemini, le yanamhla
Ndixabene neligama
Ndalitiywa ndilifaca.
Ndapïliswa ngama-Xósa
Ngendifile nibonanje.

Sonke, sonke singakanje
Sasivele e-Lubėlu,
Sasicïtwe ngakwa-Zulu,
Samaswili, sazimpanza ;
'De sacólwa ngama-Xosa,
La ke namhla siwagxeka
Kwandawonye nawagwangqa.

Andifihli ndiyi-Mfengu,
Ndandimbála, nduzidlubu

University of Fort Hare
Together in Excellence

Njengokub' u-Malibenje
Ngum Xos' owaye ndicóle.

Okunene ndiyavuma,
Siwuswele umbulelo
Kuzo zonke ezindawo.

Sifikile okunene
Kweligwangqa sipilile,
Lisipile imihlaba,
Lasinika izikúndla.
Into yona engenene,
Ekuteta amafene,
Kukugxeka abanceda
Mhlenikweni sasifile.

Seza apa, sityebile,
Sesiqúba nemihlambi
Yozinkomo, nozintoni,
Siyizuze enkonzweni
Yabo namhla sibagxeka
Siti,—babe sibulala.

Ke nanamhla kweligwangqa,
Lisicóle ngalemfundo,
Lasifaka kwelopïko
Lalo, yonke leminyaka,—
Kozi mfazwe, kozi ndlala,
Kozi ntshaba-ntshaba zonke ;
Kwanakulo siyagungqa,
Singo pémba 'sebeshiya.

Ndoyisiwe kupélile,
Ndinje ngawe *Malibenje*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Inyaniso zabafana,
'De kwangena namagqala,
Zindifeze zandincela.
Sikuswel' ukubulela.
Akuncedint' ukufihla.

Mayipél' intlanganiso,
Okwa namhla, yale ngxoxo;
Masipúme kulendawo
Incamile imixélo,
Zipélil' izikálazo.

Mun' okwamu makowetu,
Ndimncamile umu Lungu;
Unezenzo ezikúlu
Kuti bantu abantsundu.

Eny' indawo yesiyalo,
Ntlanganiso yale ngxoxo—
Zenilumkele uhlobo
Lokupátana nemfundo.

Imfundwana encinane,
Nati bantu bazidenge
Sesiy' qonde ngokwenene,
Yinkatazo okunene.

Kuba yenza ezingxolo
Zembódlel' o-*Hámlomo*.
Ezibika ngalomgqumo
Okokuba ngamakóbo.
Injalo nje isisiko
Kwabo ibafawudeyo,
Ibabanga amalonga.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Okumiselana nabo
Kubo bayingenisayo.

Babulelwe ngamafene
Ezigxeko nezisolo,
Ngabazenza inciniba
Eziŕola amabádi
Zisingisa eliweni,
Zitémbele ngamapïko
Okuwuza ziye kuma
Ngapésheya kokweyela.

Zezifuna amagama
Kumawazo, ayilela
Ezilinga ukukẃela
Kuyo, zide zokuvela
Kozi-Palamente páya.

Sekubetá intlengetwá,
Zipúmile kubunzima
Bokuba ngo-Vazidlule,
Bokujola ingcenene
Zegúbuŕa lemiteto ;
Bafumane elogama
Lokuba ngo-M.L.A.

Yabonani madodana,
Ndiyapúma egusheni.
Kwelicebo bendikuni,
Nina bango *Soligoso*
Kwanabanye njalo-nja
Makowetu tózamani,
Kánizike emfundweni ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ninxámile nagqitisa
Nina kanye ncakasana.

Ndoyisiwe kupélile,
Zinyaniso ndifeziwe,
Yon' imfundo iyalala.
Ndiqondile ngeligala.

Masifund' ukubulela,
Ndigalele ndafincela,
Mna ke ndiyaqukumbéla,
Zenixele emakáya
Masitande amagwangqa,
Amabandla apésheya.

University of Fort Hare
Together in Excellence

I Hlelo lase-Rabe.

Ngapándle kwe-Hlelo *lase-Moravia* elafika e-South Africa nge 1736, elona Hlelo letyalikė́ lafika kuqala e-Maxoseni apa leli *lase-Rabe*, kuba umfundisi walo wokuqala u Nyengane (Rev. John Thodosius van der Kemp. M.D.) wafika nge 1799. Kulandele *ama-Wesile*, nge 1815, ngokufika kuka Rev Barnabas Shaw owasinga e-Little Namaqualand (kwelama-Qwelane). Oyena mfundisi wama-Wesile wafika kuqala, kwelase-Maxoseni, ngu-Rev William Shaw, nge 1820. Intshumayelo yakė́ yokuqala wayi-shumayela e-Rini, endlwini ka Sergeant-Major Lucas. Emva kwama-Wesile kulandele *ama-Tshetshi* nge 1820. Abafundisi abo base-Tshetshi batú-nyelwa yi S.P.G. (Society for the Propagation of the Gospel).

Emva kwayo kwalandela *i.U.P.* (United Pres-byterians) eyatúmela u-Rev William Chalmers umfundisi wayo wokuqala, nge 1821. U-Rev. Tiyo Soga wafunda pántsi kuka Rev. William Chalmers lowo.

Kwangawo lonyaka yaqala *i-Free Church* (nge 1821) ngokutúmela o-Revds. Mr. Thomson no Mr. Bennie abafundisi bokuqala.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kulandele *i-French Mission*, e-Lusutú (Basutoland), nge 1833.

Emva kwayo kulandele *ama-Luta* (Lutherans), nge 1834 ; *ne-Berlin Mission* kwange 1834 leyo.

I-*Primitive Methodists* ziqale nge 1870 ; I-*Baptists* nge 1879 ; *ama-Salvation* nge 1887.

Boqonda-ke abalesi ukuba kungenxa yokufika kuqala, kweli lasema-Xoseni, okwabanga ukuba eli-Hlelo lase Rabe laziwe kakúlu kumaziko enkosizama-Xosa. Lelona Hlelo lamkelwayo zinkosi zama-Xosa, kwatiwa yoba yeyona tyalike yama *Rarabe*. Até *ama*-Lawu ngokunqatyelwa bubude beligama liti, *Rarabe*, aselesiti,—"*Rabe Kerk*," oko kukuti ityalike ka-"Rarabe," yama-Rabe. Yiyo lotyalikė-ke le kutiwa ngoku *yi*-"*Dipente*."

Ukufika kwabo abafundisi abo balandelelana ngoluhlobo :—

1799. **U-Rev. John. T. van der Kemp, M.D.** wafika kwelase-Maxoseni, nge 10th July. Nge 14th May 1801 uye e-Rafu. Nge 1803 umise isikolo sase Bethelsdorp. Wabúbela e-Kapa nge 1811.

1799. **U-Rev. John Kitcherer**,—umfundisi wokuqala ku-Batwá (Bushmen), wawela i-Gqili waqala umsebenzi pákati kwama-Griqua. Nge 1803 uwele wabuyela kwapesheya ko-Lwandle nama-Lawu amatatu aguqukileyo.

1800. **U-Rev James Read** waqala umsebenzi e-Kuruman, wamisa isikolo sama-Lawu e-

University of Fort Hare
Together in Excellence

Katala, ngo 1829. Wawela nge 1836 waya Peshèya kunye namadodana ama-Lawu, amabini, aguqukileyo. Ubúbéle e-Mpofu nge mfazwe ka-Mlanjeni (1852).

1800. **U-Rev. William Anderson** wamisa isikolo sama-Griqua pesheya kwe-Gqili, nge 1801 ; uye e-Pacaltsdorp wamisa isikolo nge 1821, wati igama laso yi-*Pacaltsdorp*, esitiya ngo Rev. Carl Pacalt owaqala umsebenzi kweso sitïili, nge 1813.

1805. **U-Rev. John G. Ullbright** wamisa isikolo sase Tapolisi (Theopolis) nge 1814.

1816. **U-Rev. Joseph Williams** (U-Velidyam) wafika waqala umsebenzi ngase Katala. Nge 1818 wabúba wancwâtyelwa ngase-Gqugesi.

1817. **U-Rev. Dr. Robert Moffat** wafika wamisa isikolo pâkati kwama-Tshwana (Bechuanas). Waguqula i-Testament yokuqala, yesi-Tshwana, (ngo 1839) waza waguqula i-Bïbile yonke yesi-Tshwana ngo 1857. Waya kwa-Mzilikazi nge 1854, nakwela-Mandebele ngo 1857.

1817. **U-Rev. John Brownlee** wafika wamisa isikolo pâkati kwama-Tshatshu (Brownlee Station) ngo 1826. Sitshisiwe ngondiyalwa ngemfazwe ka-Hintsa (1835) waza yena wabalekela komkúlu kwa-Pâto. Lite lakuxola wabuyela kwase-Gqubeni, koko sibuye satshiswa isikolo nale kanjalo ngemfazwe ye-Zembe (1846). Ubalekele e-

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nqúshwa. Ubuyele kwasenxuweni nge 1848, wahlala wahambisa umsebenzi wada wabúbéla e-Qonce ngo 1871.

1819. **U-Rev. John Philip, D.D.** wamiselwa ukuba abe ngumongameli wetyalike zase-Rabe ezikwelase-Maxoseni. Emva kwemfazwe, ka Hintsa (1836) wawela nonyana ka-Ngcongolo omdala (u-James Read junr.) owayesiya kufunda eskolweni pesheya. Uwele no-Jan Tshatshu (inkosi yama-Ntinde), no-Andries Stoffles i-Lawu lase-Katala. Ubuye pesheya no-Rev. G. Schreiner, no-Jan Tshatshu. Ubúbéle e-Hankey ngo 1851.

1823. **U-Rev. Adam Robson** wafika waqala umsebenzi e-Bhayi apo afele kona nge 1870. Ube ngumfundisi wama-Bástile.

1823. **U-Rev. Rogers Edwards** wafika waya kusebenza e-Pacaltsdorp; wesuka apo wasebenza e-Tapolisi (Theopolis); wesuka apo waya e-Kuruman, wati ukugqibela wabuyela e-Bhayi apo waqala kona (i-Edward's Memorial Church) ityalike yase-Rabe ngo 1856. Wabúbéla kona nge 1876.

1827. Kukufika kuka **Rev. Frederick Gottlieb Kayser,** (u-Gqadushe omdala) owamisa letyalike yase-Rabe ise-Xesi, ngo 1836. Ubúbéle kona nge 13th May 1868.

1829. **U-Rev. Geo. A. Kolbe** waqala umsebenzi e-Caledon River.

University of Fort Hare
Together in Excellence

1837. **U-Rev. James Read**,—unyana ka-Ngcongolo omdala,—waya kutabata indawo ka-yise e-Katala. Ubúbéle kona nge 1894.

1838. **U-Rev. Gottlieb Schreiner** waqala umsebenzi e-Philippolis. Emva koko utúnyelwe e-Thaba-Nchu, e-Lusutu. Nge 1846 waya kungena kwi-Hlelo lama-Wesile.

1838. **U-Rev. Henry Calderwood** watúnyelwa ngase-Mtôntsi kuma-Jingqi, pakati kwempi ka-Maqoma. Upúmile ebufundisini nge 1846 wayi-Mantyi.

1838. **U-Rev. Richard Birt** waqala umsebenzi pakati kwe-Midange e-Mxélo, kwimpi ka-Botomani. Inkosikazi yake yokuqala u-Eliza Budden yenzakala ngokuwelwa yi-nqwelo kwa-Ngwenya, nge 1843. Uzeke u-Margaret Fleischer (umhlolokazi ka-Kwéle-tyeni) intombi ka-Haliti wakwa-Somalseti. Umise umzi wase-Peelton nge 1848, wabúbá nge 30th March 1892, wancwátyelwa kona.

1838. **U-Rev. Nicholas Smit** waqala ityalike yama-Bastile e-Rini, wabúbá ngo 1881.

1841. **U-Rev. David Livingstone, L.L.D.** watúnyelwa kwelama-Bechuana. Ufikele e-Kuruman, wadlula waya kumisa isikolo e-Mabotsa (pakati kwama-Bakhatla) ngo 1843. Ngo 1844 uzêke u-Mary Moffat intombi ka Dr. Robert Moffat wase-Kuruman. Ngo 1845 uye kuqala umsebenzi kuma-Bákwena. Wanduluka apo selehamba nenkosi u-

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sechele nempi yayo (a-Bakwena) waya kumisa isikolo pezu komlambo we-Kolobeng. Lomzi wake watshiswa ngama-Bhulu nge 1852. Ute ukusaba kwake kuma-Bhulu wasinga kumpakati we South Africa, apo wafumana kona amacïbi abengaziwa, walanda nezibáxa zo-Zambési. Wafela e-Central Africa apo ngo 1873.

1841. **U-Rev. Edward Solomon,**—ozala u-Sir Richard Solomon, iqweta elikúlu lakomkúlu e-Transvaal, no-Judge Solomon umninawa wake,—watúnyelwa e-Hankey, waza emva koko waba ngumfundisi wama-Ngesi e-Nyará (Bedford). Ubúbéle e-Kapa ngo 1886. U- Rev. Edward Solomon waye ngomnye wabafundisi abazamanisha (kwi-Greek ne-Hebrew) umbáli walencwadi.

1843. **U-Rev. William Ashton** watúnyelwa e-Kuruman, wancedisa u Dr. Moffat ukuguqula izi-Bhalo nge-Sechuana. Emva kwexesha watúnyelwa e-Barkly West nge 1876, Wabúbéla kona ngo 1897.

1843. **U-Rev. Joseph Gill** watúnyelwa kwa-Somalseti (Somerset East) waqala umsebenzi kona. Ngo 1848 watúnyelwa ukuqala umsebenzi e-Bófolo (Fort Beaufort). Wanduluka kona wawela wabuyela pesheya ngo 1853. I "Gill College" (e-Somerset East) ibizwa ngaye.

1844. **U-Rev. Thomas Durant Philip, B.A.** (unyana

University of Fort Hare
Together in Excellence

omkúlu ka-Dr. Philip) watúnyelwa e-Calcutta. Ute akufika e-Kapa labona igqira ukuba akafanelé kuya kwilizwe elishushu njenge-Indiya. Ujikiwe-ke kwasekusitiwa makaye e-Hankey. Ufike kona ngo-January 1845. Kute ngo 1847 wamiselwa ukuba aqeqeshe amadodana afundela ubufundisi. Onyana baka-Gqadushe bapúmelela ubufundisi kuye. Ngo 1876 ube ngumfundisi e-Rafu. Ngo 1885 i-Ntlanganiso yabafundisi base-Rabe (Congregational Union of South Africa) yamtúmela e-Dikeni (Lovedale) ukuba aye kuba ngomnye wabafundisi abaqeqesha udodana olulungiselela ubufundisi base-Rabe. Inkoliso yabafundisi abamnyama be-Hlelo lase-Rabe babe pantsi koqeqesho lwake. Uwushiye lomsebenzi ngenxa yokwalupála nokungapili, ngo 1894; wabúbéla e-Rafu ngo 1900. U-Rev. Thomas Durant Philip ngomnye wabafundisi abenze umsebenzi omkúlu ku-Hlanga Olumnyama, ube yintsika kwi-Hlelo lase-Dipente. Akwaba bebebaninzi O-"Durant Philip" pakati kwabafundisi betu abamhlope.

1848. **U-Rev. Bartholomew Ebenezer Anderson** watúnyelwa e-Dysalsdorp. Nguye owaqala isikolo esikúlu sama-Bastile e-Tsurini (Oudtshoorn). Ubúbéle e-Somerset West ngo-1900, emva kokugqiba iminyaka emashumi mahlanu engumfundisi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

1847. **U-Rev. Thomas Jones Paterson**, obeyititshala yakwa-Rulumente e-Rafu, watúnyelwa ukuba aye kuqala umsebenzi e-Tinará (Uitenhage). Waké umsebenzi omkúlu kóna. U-Rev. Isaac Wauchope, umfundisi wase-Rabe, e-Bófolo, ngomnye wamadodana aké. Ubúbéle e-Bhayi ngo 1899.

1848. **U-Rev. Joseph Kitchingman** watúnyelwa ukuba aye kutábatá indawo kayise e-Bethelsdorp. Ubúbéle e-Rafu ngo 1875.

1860. **U-Rev. Frederick G. G. Kayser** wamiselwa ukuba atabate indawo kayise e-Xesi (Knapp's Hope). Ubúbele e-Dikeni ngo 1896.

1853. **U-Rev. Frederick William Kolbe** (unyana ka-Rev. G. A. Kolbe), watúnyelwa e-George. Ngo 1856 watúnyelwa e-Paarl, ngase-Kapa, ukuba aye kutabata indawo ka-Rev. Barker (u-Bakile). Ubúbele e-Kapa ngo 1899. Nguye owaqokelela incwadi yamaculo esi-Datshi (Dutch) asetyenziswae-Rabe (Dutch Hymn Book).

1856. **U-Rev. Henry Kayser** watúnyelwa e-Peelton ukuba aye kubambéla u-Rev. Richard Birt owayesiya pesheya. Ute akubuya u-Bâliti watúnyelwa, ngo 1859, e-Gqubeni, ukuba aye kuncedisisa u-Rev. Brownlee (u-Búluneli) kumsebenzi wakė omkúlu, e-Qonce. Ngo 1866 waya e-Uitenkey, waza emva koko

University of Fort Hare
Together in Excellence

waba ngumfundisi e-Bhayi. Ubúbéle e-Tinará (Uitenhage) ngo 1900.

1856. **U-Rev. Wilberforce Buxton Philip, B.A.** watúnyelwa e-Kruisfontein, emva koko waya e-Philippolis. Ngo 1863 waba ngumfundisi wama-Ngesi kwa-Komani (Queenstown), waza ngo 1888 waba ngumfundisi wama-Ngesi e-Kapa. Ubúbéle e-Kapa ngo 1888.

1858. **U-Rev. John Mackenzie** watúnyelwa kuma-Kololo apesheya kwe-Gqili. Emva kwexesha watúnyelwa ukuba aye kuqala isikolo e-Shoshong pakati kwama-Bâmangwato. Emva koko wamiselwa ukuba ongamele isikula sododana, e-Kuruman, ngo 1872. Uké waya kubambá e-Hankey okwexeshana. Ubúbéle e-Kimbîli (Kimberley). ngo 1899.

1858. **O-Revs. Roger Price, William Sykes, Thoma-Morgan Thomas**, batúnyelwa e-Central Africa.

1859. **U-Rev. Thomas Brockway** watúnyelwa e-Peelton ukuba aye kongamela isikula solutsha, ancedisise no-Rev. Richard Birt. Emva koko watúnyelwa e-Madagascar apo abuye kona ngokungapïli. Ngoku aka, saboni bubudala, use St. Mary's Cray, Derry Downs, Kent, England.

1858. **U-Rev. John Smith Moffat** watúnyelwa ku-Mandebele, waqala umsebenzi kóna.

1864. **U-Rev. William Murray** watúnyelwa e-Oxkraal, ngakwa-Komani. Usuke apo waya

University of Fort Hare
Together in Excellence

kuba ngumfundisi wama-Griqua e-Kokstad.

1865. **U-Mr. Hugh G. Owen** watúnyelwa ukuba aye kutabata isikula samakwénkwe e-Ncemerá. (Peelton).

1865. **U-Rev. John Brown** watúnyelwa ukuba aye kuqala umsebenzi ngase-Kuruman, ngoku use-Kuruman kanye.

1866. **U-Rev. William Dower** watúnyelwa e-Hope Dale, waza emva koko waya e-Kokstad, Ngoku ungumfundisi wama-Bastile e-Bhayi.

1868. **U-Rev. John Harper** watúnyelwa ukuba aye kutabata indawo ka-Bhuluneli e-Gqubeni, e-Qonce. Usekóna unangoku.

1870. **U-Rev. James Davidson Hepburn** watúnyelwa e-Shoshong kwimpi ka-Khama.

1870. **U-Rev. Alfred John Wookey** watúnyelwa e-Bechuanaland.

1873. **U-Rev. Charles Helm** watúnyelwa kuma-Ndebele (Matabeleland).

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Qálo Ama-Xosa

Ukuteta ngamaqálo nezafobe ngowona mongo wobuciko kuzo zonke inteto zezizwe, kuba ngawo kuvakaliswa inyaniso ezinkulu nezinzulu ngenteto emfutshane kakúlu. Amaqálo abantu abamnyama maninzi kakulu, yaye inkoliso yawo iqéliwe isaziwa ; ngoko-ke asisenakwandisa ubukúlu balencwadi ngokungena ekuwatyileni, onke, into ateta yona, koko sesiya kuwabeka, njekodwa, lawo siwaziyo, siyekele kubafundi betu ukuba bazenzele. Noko-ke soké, ngendlela yokubonisa ubukúlu benyaniso azitetayo, sityïle abe mbalwa ukuze into esiyitetayo iqondwe kakuhle :—

1 Akuko nkang' idubul' ingeti.
2 Unyawo alunampumlo.
3 Ubódl' usambésa.
4 Akuko qaqa liziv' ukunuka.
5 Akuko nzwan' ingenasipáko.
6 Isisila senkuku sibonwa mhla liqútayo.
7 Umhlahlo ngamehlo.
8 Imbïla yaswel' umsila ngokuyaleza.
9 Umvundl' uzek' indlela.
10 Ubeba uyakwendel' enkosini kumfokazana uyakwendela

University of Fort Hare
Together in Excellence

11 Enamandla yedlayo.
12 Iramncwa elinamandla lelidlayo.
13 Enetúnga ayisengelwa pántsi.
14 Indod' imbá kweny' eqolo.
15 Isala kutyelwa sibona ngolopú,
16 Isiziba siviwa ngodondolo.
17 Olwabatsha luyapindana.
18 Kuhla ngamqala-mnye.
19 Indlovu ayisindwa ngumboko wayo.
20 Kugaulwa owaziwayo.
21 Umlomo awunasizibà.
22 Isityeba-mva sinqol' intaba.
23 Esihleliyo sidl' ukuhlala, esipilayo sesitwétwâyo.
24 Igugu lingaba likúlu umbomb'uyaqósha.
25 Yakun' imvula kuhlokoma nendlela.
26 Ubeba uyakuzeka *eka-Sambuntsuntsu*, kanti uyakuzeka *eka-Sihlongonya*.
27 Ungalahl'imbó yako ngo-Póyiyana, kuba u-Póyiyana uyemka ngomso.
28 Indaba yetyelo ayikóli.
29 Alumlanjana ungagqumiyo.
30 Umntan' uya kufana nonina, kub'angati efane noyise abe ugodukile.
31 Umang' ashiyw' emzini.
32 Neqaqa liyagquma kowalo umnxúma.
33 Uya kukólwa yeyokosa.
34 Akubulelwa luvayo.
35 Uya kubamb' isisila sehobe.
36 Wod' ufunyanwe sesimatónts' abanzi.
37 Ukwanda kwaliwa ngumtákati.
38 Kosengw' ikati.
39 U-Manqumane utshay' elupóndweni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

40 Inkuku isikwe umlomo.
41 Koda kufike abahamba ngamlenzana-mnye.
42 U-Dingiwe wadudelwa ngu-Jambase.
43 Kuxéliwe e-Xúkwane.
44 Iseme lizalela elubala.
45 Intsiza mbúlala.
46 Linqumil' inqata.
47 Uxam wakólwa ngamantintinti.
48 Isikúni sibuya nomkwézeli.
49 Akuko nkwali ipándel' enye, epandel' enye yenetóle.
50 Umtat' uzal' umlotá.
51 Ukuzalwa wedwa *ngumlu* wanyama.
52 Ungaz' uye ebizelweni.
53 Elokufa alityeli.
54 Lento umntu iyemka nok'ibongwayo.
55 Ndoyicel' ivutiwe.
56 Ikóta eyikótayo, zingaba mbini ziyakótana.
57 Ing' iyayikóta, kanti iyayixatúla.
58 Kungaf' intak' enkulu, amaqand' ayabola.
59 Ingwe idla ngamabala.
60 Inchibi yamanzi ifa ngamanzi, eyezikáli ifa zikáli.
61 Lilishwa lomhluzi wamanqina.
62 Sisu sigáb' amasi, soda sigáb' amanzi.
63 Liyagaya liyacola eli litye.
64 Ucwalamb' uyabila, impuk' iyakwézela.
65 Azipáli ngakunye.
66 Azidli mmangweni mnye.
67 Ayibaleki zibayeni zibini.
68 Nocwet' uzibon' ubukúlu.
69 Ububele bufun' obunye.
70 Ulunya lubiza olunye.
71 Ndiya kumbeta ngoluka bényá.

University of Fort Hare
Together in Excellence

72 Nok' ifileyo inyoka, itámbo layo lihlaba umntu afe.
73 Yinyama yamakwénkwe.
74 Lunyawo lwemfene.
75 Ndokupá amatúmb' esikwénene.
76 Lukwékwe lwexwili.
77 Lukwékwé lwakwa-Ntshweza.
78 Sisinama ndokunamatéla.
79 Ukubéd' idlaba.
80 Yindaba yakwantombi.
81 Ndinomtá wedolo.
82 Wokúbe ngu-Qelezana.
83 Ngumkómb' ubémbésile.
84 Linqweme lentulo.
85 Kuhlinzw' intwakumbá.
86 Ngumsont' onyikinyiki.
87 Inqweme lenkau lidliwa babini, owesitatu ngu-mnqakati.
88 Uxam wapúsile.
89 Usilelwe isidudu semfe.
90 Into azimntaka-Ngqika.
91 Ushiyw' enkangana.
92 Umntu asint' izityand'igila.
93 Into ayibetwa ngankana.
94 Ixáma litolwe ngaba-Twá.
95 Sisisele sombinza.
96 Deda mhlangala endaweni ye-nywági.
97 Ngumtya netúnga.
98 Ukuzenza akunje ngakwenziwa.
99 Uyakulila ngasonye uxel' inkawu.
100 Yinjece yabantu ababini.
101 Yindaba yemilowo.
102 Ngumtí ne-xolo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Incazelo

"*Inyam'amakwénkwé.*"

Kuko isifo sodakada esite kuba sisoyikeka kakulu sada sabuhlonitshwa ukutiwa pa ngegama, kwa-ngati soti sakwenjiwa njalo sibahle kakulu abantu ngakumbi. Igama laso *lubende.* Eli-ke noko asi-qálo lona kukukwekwa nje kodwa okuhlonipayo. Kunje ngokuba esiti umntu akuhliwa yigcushuwa, kutiwe,—*udliwe ngumlambo, unehashe elingwevu,* kube ngokwenjiwa njalo kunxwenywa ububi nobu-hlazo beso sifo.

"*Unyawo lwemfene*:—

Imfene asisilo sikė sifuywe mntu ema-Xoseni, sifuywa em-Lungwini kupela. Sisilo esikánkanyelwa kubantu abangama-gqwira. Sisilo ekutiwa size nabantu base-Mbó, kuba ezama-Xosa izilo zoku-tákatá ibizizikóva (otúnywashe), no-tikoloshe nozi-mpundulu, nencúka, namachanti. Izilo zokutwásа ibizindlovu, ingonyama, ne-ngwe. Ke abebe ne-mfene bebezifihla kovimba nezinye indawo ezikólisa ukuyiwa ngabo bodwa; ati noranayo arane ngo-kubona itúpa layo kwakusa, mhlayimbi ngokuyibona ngasebuhlanti, ebusuku, isanya inkomo zabanye abantu. Eliqálo livele kulonto yokuba iyinto enqa tyiswe kakulu ngabaniniyo.

Uti namhlanje umntu oyinzotshoko, oko kukuti, onguntamnani, uve sekusitiwa, *lunyawo lwemfene,* mhlaumbi *lunyawo lika-Jangaumlilo;* oko kukuti

University of Fort Hare
Together in Excellence

yinto esekubonakala imisebenzi yayo yokugaqa nokuhlalela abanye abantu ngasese ebaxoka, ebahleba, esekeleze inżuzo kupela ngabo. Waye enjalonje ezifihla, ebonakala ngati ulungile, ekukányela ukuba unguntamnani, ade alile nokulila. Uti-ke kuba efihlwa kakúlu umntu onjalo, njengemfene, ngabo abatutela indaba, kuze kubonakale imisebenzi yake yodwa, sekutiwa :—*Lunyawo lwemfene.* Ngumsebenzi okukóhlakala kukúlu, obufanele ukuba ungenziwa, ungangenwa, ngabantu bakowetu ngenxa yenzuzo yemali.

" *Amatúmbu Esikwénene.*"

Bekuti kudala xa kutúnywa umntwana, kutiwe,—"Hamba mntwanam, ndokupá amatúmbu esikwénene." Isikwénene ibiyintaka enqabe kunene ukubulawa,kuba ibiyintaka epapazela pezulu kakulu, ibe yinqaba ukuyigibisela ngenduku. Ngoko-ke bezinqwenelwa ngabantu bonke, ange umntu angaké eve nemyama yayo, mhlaumbi amatúmbu ayo. Abantwana bebehlale betenjiswa ngawo kuba bebewanqwenela, bahambe-ke bakutúnywa kuba beba bozuza lonto imnandi inqwenelekayo batenjiswe ngayo. Ngoku, *amatúmbu esikwenene*, ateta nokuba yintonina emnandi nenqwenelekayo kwinto ezityiwayo zasem-Lungwini.

" *Ukwékwé lwe-Xwili.*"

Lenyamakazi ilixwili yinyamakazi eyahlala inokwékwe olungapéliyo. Sekusitiwa into ukuba ayivumi ukwahlukana nenye, sekusitiwa, —*Lukwékwe lwe-*

University of Fort Hare
Together in Excellence

Xwili. U-Ruti waba lukwékwé lwe-Xwili ku-Nahomi, uninazala, akavuma ukwahlukana naye. Isifo esiti sinyangwa sibe singapumi, kutiwa, lukwékwé lwexwili.

"*Ukubéd'idlaba.*"

Umntu ekutiwa, ubéd'idlaba ngote ebenzelwe ububele, wongululwa, wancedwa ebeselusizini, wasizwa ebesengxakekweni, wahlangulwa ekufeni nasendlaleni, aze asuke ati akupumelela, akusinda, akupila, akuba ngumntu, angakátali angabonisi mbulelo kulowo ebemncedile, asuke amcáse amtiye angabi nanto naye, agalele kwintshaba zomncedi wake. Kutiwa umntu onjalo—*Ubéd'idlaba.*

Ukubéd'idlaba ngamanye amazwi kukuba ngu-"*káka-kampetu,*" kukujika ubinze kwasenkosini yako, uzitimbe njengo-Qeto etimba inkomo zika-Tshaka ukumka kwake pantsi kolaulo lwalonkosi ukuze-nje ati akufunyanwa ati, u-Dingana,—"Lomntu ufanele ukubulawa angadli bom kuba engu-Béd-*idlaba* into engenambulelo."

"*Indaba yakwantombi.*"

Lento indaba zalapo kwendele umntwana wako asinto idla ngakuba mnandi yonke imihla. Kuko ezifika zimbi, zilusizi ukuvakala kubantu bakowabo, ngokukodwa kunina noyise. Kukólisa ngokuti nokuba bebesonwabile kuti kwakufika indaba zakóna babe babi bangonwabi, iti yonke into etetwayo ngentombi leyo yabo, nomzi wayo, bangayingeni ukuba ayimnandi, ufike bedungadelisa beteta nto

University of Fort Hare
Together in Excellence

zimbi, nakoyibuzayo, bengafuni kuyingena. Kungenxa yalonto-ke lento sekuko iqálo eliti,—*yindaba yakwantombi*, oko kukuti, yinto endite ndakuyiteta kuye wecwaka, akayingena, wayidungudelisa, yasuke '*yayindaba yakwantombi* kuye.'

"*Into ayibetwa ngankana.*"

Eliqálo liteta ukuti,—" Msukuyikúpela yonke into oyaziyo kubantu basemzini "—Lifana kwaneli liti,—"Msukuzityand'igila," neli liti,—" Msukuzikúp' inyongo." Kutiwa-ke kwakuviwa umntu eyitsolisa, eyimisa ngomxólo into ukuyiteta nokuyixela kubantu abangaténjwayo, kutiwe kuye,—*into ayibetwa ngankana.*

"*Ixáma litolwe ngaba-Twá.*"

Kutiwa ngamanyange bebesiti aba-Twá bakutola inyamakazi bafike baqale ngenqweme balenze ityótama, òko kukuti balidibanise nobubende. Ke bebedla ngokuti bakuba bedle inqweme elo basuke bacubúke, bozele, bafunyanwe zintshaba zabo sebe zisulu. Kutiwa wabafumana ngalonxa u-Gxuluwe·

Sekuti-ke xa kunconywa into ebusulu, kutiwe,—*Ixáma litolwe ngaba-Twá.*

"*Wokólwa yeyokosa.*"

Abantu abaninzi kudala bebekólwa yinyama eyosiweyo kunepékiweyo. Eliqálo livele ekubeni ebesiti umntu akudikwa yinepékiweyo apambukele kweyosiweyo. Sekusitiwa-ke umntu akuxakwa yinto, kutiwe,—*Wokólwa yeyosiweyo.*

University of Fort Hare
Together in Excellence

"*Ukubamb' isisila sehobe.*"

Lonteto itatyatelwe kuba ebesiti umntu akubambisa ihobe ngomgibe nokuba kungezibata, ati, ngokunxáma, kanti ulibambe ngesisila, aze ati akulikúlula kanti liyakuti ngokubábá sisuke sixwiteke, lipúluke libaleke ashiyeke edanile. Sekusitiwa umntu ngoku ote waya kucela into kwababantu basebenza ezidolopini, aze atenjiswe ukuba uza kunikwa into, kutiwe makeme endaweni etile alinde logama asasebenzayo omnye, wobuye eze kumbona, aze kanti lomntu esitsho-nje uya kupúma ngomnye unyango (kwezi zindlu ziminyango mininzi zasemlungwini) emke amshiye, abe yena umceli lowo emi kulondawo elindile—Ati ngokubona ukuba kuyahlwa uwabo engafiki, ade asuke emke ngokudinwa, ati xa lonto ayixela kwabanye—" U-Nantsi ute wanditembisa wati mandilinde ekutini, ukanti esitsho-nje, *undibambisa isisila sehobe.* Lifana neli liti, '*undibambise iliwa.*'

"*Isisele sombinza.*"

Umbinza ngumti obutyiwa kakulu ema-Xoseni, ungenzelwa ndlala. Ubusiti ukuba ufunyenwe uluhlaza, ungekavutwa, udwatywe, ukiwe, umbélwe izísele, uti wakufumana ukufudumala esiseleni ubehle uvutwe kamsinya. Lukwanjalo u-Tóngoti. Ke ezo zisele zombinza beziba zizisulu zokubiwa ngabantu bonke nezingalunge kubo. Livele apo-ke eliqálo. Iti into yakuba luhlantlalala olungenabani, ati wonke umntu azenzele kuyo engayicelanga, kutiwe, —'*sisele sombinza.*'

University of Fort Hare
Together in Excellence

"*Deda mhlangala endaweni yenywâgi.*"

U-Mhlangala ne-Nywâgi zinyamazana ezipants' ukufana ngezimilo zomzimba nemilomo yazo ukuba zintshuntshute, koko noko zahlukile ngamabala nangeziqu zazo. Eliqâlo laqala kubazingeli namanqâwa abehlala ewabona ukweyisana kwawo lomaramncwa, aqonda kakuhle ukuba u-Mhlangala uyoyiswa yi-Nywâgi, ngangokuba uti yakufika i-Nywâgi apo ubukona selusuka udeda umka kulondawo. Liqâlo ati umntu omkúlu akufika kuhleli umntwana nokuba ngumntu amoyisayo, ati kuye—"Deda mhlangala endaweni yenywâgi."

"*Umtâ wedolo.*"

Eliqâlo lizekelwe ekubeni umntu esiti nobeyimbâleki enjani, nobebulala abantu ngamendu akuhamba umhlaba, nobe litwâzi elinjanina ukukauleza entweni, mhla ahliwe "*ngumtâ wedolo*" ubeshiywa nazizi nyóla, neziqúza, ekuhambeni nasekubalekeni; abeti-ke ngoko osukuba ebedumele oko, akuxakeka namhla ngenxa yentlungu ezisedolweni, alile ngeliti:—"*Ndinomtâ wedolo.*" Selitétélwa zonke ingxakeko ezimxakayo ngoku umntu. Utsho olihlwempu akupóswa ngamadini angeyeba uyawenza ukuba ebenezinto, ukuti, akuva iminzwi yomnqweno wentliziyo, engeyeba ubeyenza ngokucwayita, ukuti:—Awu! koko ndinomtâ wedolo'.

"*Ukuzalwa wedwa ngumlu' ubunyama.*"

Eliqâlo litetwa mhla kunubi, kulusizi. Lidla ngokutetwa ngumntu, nokuba ngabantu abaye-

University of Fort Hare
Together in Excellence

kelweyo, nokuba kuse ramncweni, nokuba kusempini, ekuti xa amanye amadoda abuyelana eluhlwini, ngokuzalana kwawo, xa ati nokuba nguwupina oxakiweyo, nokuba ngowenzakeleyo kuwo, avakale ewabiza ngoyise, mhlaumbi ngesiduko sakowawo, ati akuti, :—" Ndingasala-na bani wakobani, mabandla akwabani ? " Abuye lawo akowabo nokuba sekunjani aye kufela ndawonye ; ati kungenjalo amopúle lowo ebeselefile, ukuba ayivelanga mizalwana yakḗ, mhlayimbi impi yeziko lakowabo. Imi-Dange yakḗ yamhluta u-Tsili ngalonto kanye, eselesisiwa e-Rini, elikṓnxwa, ngemfazwe ye-Zembe, lati i-Lawo awayeqánywe nalo alinqumla isandla ngomkṓnto, emka naye u-Tsili lowo, lati kuba lalingenabani wakowalo lashiywa lisimayile, laba "*ngumlu-wanyama*" ke-ngoko. Ukuba "*mluwanyama*," kukuba sisulu sabantu bonke, kuba yinto ebiba namaqasho amaninzi alungele intlobontlobo zabantu, kude kube kwabasemzini ; waye ukwasisulu sozimpetu. Kutshiwo ngoko-ke ema-Xoseni ukutiwa, :—" *Ukuzalwa wedwa ngumlu-wanyama.*"

" *Ingwe idla ngamabala.*"

Kuko intlobo ezitïle zamaramncwa eziyelele kunene kwingwe ezi, nangemigqumo, nangoburamnco bazo, abade bati abantu kanti abazicṓselele kakuhle ukuziqonda ezona ndawo yahlulwe ngazo, inqu *yengwe*, kwi *Hlosi*, bagqibe mpela ukuba *ihlosi* yingwe, nokuba *ingwe* li-hlosi. Ke ingwe le beku-

University of Fort Hare
Together in Excellence

funeka iqondeka kakuhle eyona iyiyo, nempau eyahluke ngazo. Iminweba yezingwe ibifudula isambátwá zi-nkosi nezipakati ezinamagama; ke ngoko ulusū lwengwe yinto ebisiwa komkúlu, kuba ibingafane yambátwe ngabantu-nje kodwa; ke ngoko ibikángelwa kakúlu ukuba yiyo asiyiyo kusinina. Olunye-ke upau ibingamabala ayo. Bekuti xa kute kanti kukó nezama *Hlosi* izintsú, zibehle zikétwe egezingwe ngenxa yohlobo lwamabala azo, zifumane inani elingapezulu ke ngoko kunezama-*hlosi*. Lavela apo-ke eloqálo.

"*Akukó Nkwal' ipándel' enye, epándel' enye yenetóle.*"

Eliqálo lelona lisekuhleni, kuba lelona lihlala libonakala imisebenzi yalo nakwezi zasekáya *inkwali* siti ukuzibiza zinkuku. Yonke inkuku uhlobo lwayo kukuzipándela. Kuti ukuze ipándele ezinye ibe kuxa ingumdlezana, kuba yonke into eyivumbúlula emazaleni, nokuba kupïna, iyibizela amantshwentshwe ayo. Kukwanjalo nakwezase ndle. Ke eliqálo lisetyenziswa ngabantu ngohlobo lokuba nakomkúlu kudala umntu ubepándela abaké onyana izikúndla zobu páka ti; kutetwe ngokuba bona ngababuselweyo nguyise, babizwe ngokuba "*ngabantwana bogaga*," ibe oko ikukuti ugaga obelusandlalwa ngu yise lubafanele, ubupákati kwane wonga lika-Yise. Bekungenwa ngaye nangabakowabo, abafake emicimbini ehlonge naye, abagosise, babe yimisila, abe ngokwenjenjalo ebapándela kuba

University of Fort Hare
Together in Excellence

esele *yinkwali* enkulu yena, eseliwazi amazala, bona bengamatóle ake. Sekunjalo ngoku nakwaba-sebenza emlungwini. U lowo xa angumfo opambili, nokuba kukuwupina umsebenzi, indawo ezilungileyo uzipándela abakowabo pambi kokuba azinike abanye, kuba *eyinkwal' enkulu* kulondawo. Waye ngo-kwenjenjalo epándela amantshontsho asekeleze yena, ngobugosa bakć kubelungu bakć. Livele kwindawo ezinjalo eliqálo, litándwa kunene zizo zonke izizwe ezintsundu.

"*Ukuba ngu-Qelezana.*"

Eliqálo lizekelwe kwisizibá ebekuti xa kusikwa ingubo yenkomo, ziti zakuba zinganele kakuhle ezona zilungileyo, kć kufunyanwe kubanjiswe ngesi-zityana nokuba sesinjani, ize sibuye siqaqwe kwaku-fumaneka esona sisiso. Igama leso-ke kubanjiswe ngaso bekutiwa ngu-*Qelezana*, oko kukuti, "*ngu-no-bambiso*," ngumhambi, yinto yasemzini, ngumpá-mbukeli.

Ke namhla selitetwá kwinto ezininzi, kuba kusitiwa ukuba umntu ute ukuwuma kwakć umhla-ba akaqiniseka kuwo, kutiwe akahleli, usabćka-bćká, usafunzele pambili, akaróli nerafu zawo, kutiwe, "lomntu usengu-Qelezana, usafana neso-sizibá sakudala. Namhla-nje izizwe ezimnyama, ebezingabanini balomhlaba, sezingo-Qelezana kuwo, kuba sezihleli njengentaka ecópe esebeni lomtï, ingaqinisekile apo iya kulala kóna ngomso; ngoko-ke zinje ngeso siziba sakudala, singu Qelezana,

University of Fort Hare
Together in Excellence

kulombuso wanamhla, kuba zi!qaǫ́wa kalula emalungelweni ombuso ezipántsi kwawo.

"*Umkómb' ubémbésile.*"

Eliqálo asiqálo belifumane lisetyenziswe yinto yonke, nakuba ekuhambeni kwamaxesha lasuke laba sisibongo sénkosi zendlu ka-Gwali, kuba kuti xa kunqulwayo yilendlu ka-Ntaba,onyana bonyana baka-Gwali, kutiwe, :—" Amabandla ka-Ntuli, ka-Ntaba, ka-Mkómb' ubémbésile."

"*Inqweme lentulo.*"

Eliqálo kusemhlotsheni ukuba malibe libeko emva kokuba ama-Xosa esel' enokwazana okukúlu na-Batwa. Ukutsho kukuba intulo asinto idliwayo zizizwe ezimnyama ezinje ngoma-Xosa, nama Zulu. Kute ukuze yaziwe ukuba hleli-nje yinto etyiwayo yabonwa ku-Batwa. Esisidlo s'linqweme lentulo kutiwa ibisisidlo esinqabe kunene ku-Batwa ebesinga fumane sidliwe ngabantu-nje, ngapandle kwamanqáwa namacúla enene, kwaye-ke kunjalonje sinqabe kuba bekungelula ukuzifumana intulo. Kutiwa beziti ukuqinwa kwazo zilaliswe ngemihlana, kube njalo naxa zosiwayo, kwaye kulunyukelwe ukuba kungabikó nto iyakufumane ipálale pantsi ingatyiwanga. Kutiwa bekuti naxa zityiwayo, zitátyatwé nganye kancinane, kucongconyiswe ukusiwa kwazo emlonyeni, itiwe *nkwa kamsinya*, aze um-Twá awuqute umlomo, kuba esoyikela amafuta azo ukupálala.

Kubantu abamnyama abanje nga-Besutu banaso nabo isidlo ekuqutwá umlomo xa sidliwayo ; nakuso

University of Fort Hare
Together in Excellence

akuncokolwa nokuncokolwa ngexa esisadliwayo kwanje ngenqweme lentulo. Eso sidlo kutiwa, *lu-Tshongo* sona asiqutélwa milomo ngasizatu sakunqaba, nakuyola ; kungenxa yokuba singumgubo osuke ati umntu nokuba uké wakóhlela, usuke uti bóngo wonke. Apo-ke livela kóna eliqálo kusekuvinjwaneni kweli nqweme lifanele abantu abatile kupela kwanjengenqweme lenkau.

"*Umsont' onyikinyiki.*"

Eliqálo lizekelwe ekubeni usinga ebekutúngwa ngalo ingubo zenkomo, imigqweto, izikáka, ibilolwe nkomo. Pambi koko kwakutúngwa ngamevá, kuba zaye zingekabikó izilanda, ziqale ukubako kwakufutwá izinyiti, zaze zanda ngakumbi kona kwakufika abelungu nengcingongcingo zabo. Ke ubusiti umsonto ukuba umanzi, awomile wanquma encamini, usuke uman' ufingana. Imvaba nezibozi bezitúngwa ngemitya yentlonze, kugqojozwe amaqondo apo lomtya uyakutúbungela kóna. Bekuti ukuba umtya lowo ubunyetenyete, ufaniselana intunja yengqanda iwulungele, usuke uti wakufakwa uman' ufingana, ungavumi ukupúmela kakuhle entunjeni, kutiwe-ke, "*ngumsonto onyikinyiki.*" Namhla sekutshiwo nakumntu ofihle intloko entweni waxelisa esi silwana kutiwa yinyekevu. Kutiwa usuke wangumsilasila, ingqukunyembe, umsont' onyikinyiki. Umntu onjalo uyandwetyelwa kunene kuba sukuba engu-Nxa-zonke, engafuni kwaziwa elona cala alilo. Umntu onjalo kusuke kutiwe, site

University of Fort Hare
Together in Excellence

sakuteta naye ngalomcimbi wasuke,—"*wangumsont' onyikinyiki.*"

"*Inqweme le-Nkau lidliwa babini, owesitatu ngumnqakati.*"

Le nyamakazi iyi-nkau inomhluzi oyole kunene, injalo-nje inqweme layo *ludlwabevu*. Kube kusiti iǫinga lokudliwa kwayo ngamadodana, iti yakubulawa, inqunyulwe intloko, nezandla, nenyawo, ize liguqulwe negama layo kutiwe, :—"*Yi-Ntlakotshane*, kungabi satshiwo ukutiwa yi nkau. Ke eliqâlo lizekelwe ekubeni bekusiti lakuvutwá inqweme layo liviwe ngabambalwa, basilele abaninzi, nangenxa yobuncinane balo kwanokuyola. Ebekuti nokuba batatu kudle ngokwanela babini, asilele owesitatu ongumnqakati. Sekuti-ke ngoko nokuba kugqugulwa into ngabantu abatile bodwa, engenakuviwa ngabanye, kwenziwe eloǫalo kutiwe, :—"*Linqweme le nkau,*" *ku-*"*Hlinzw' impuku.*"

"*Uxam wapûsile.*"

Eliqâlo asiliqondi ncam eyonanto litâtyatêlwe kuyo. Kodwa kutiwa ngabaziyo lento inguxam asiyo nento ububele xa ingumdlezana. Into yasema-Jwarêni, u-Nonkobe into ka-Jiyelwa, ib'ihlale ilinganisa ukulila kuka xam, ngo gwali lwayo, xa alilisela, eteketisa amatôle akê. Ubesakuti-ke uti kôna angapûsa kulumeze nenyo ukuwabukula kwakê, awasukele awalume kakubi xa awalumlayo, asel' ewapûsela. Yenyê-kê leyo indawo efan'

ukuba indulule eliqâlo, noko zikóyo nezinye indawo ezizimbi. Ukuze libeko eliqâlo libangwe kukuba ati umntu, ebekuzuzwa kuye izinto, busulu, asuk' atshitshe, aselefunyanwa eyintshibakŵe namhla elugqwegqwelele, kutiwe-ke ngaye, xa kuxelelwa abanye, :—" E ! senibuya, *uxam wapŭsile.*"

" *Usile!we isidudu semfe.*"

Lento isisidudu yinto ebisetyenziswa kunene ema-Xoseni kuzo zonke intlobo zezifo, kupela kwento ebelingwa ngayo umntu ofayo, kuba ikupela kwento efudumeleyo kwezitâmbileyo. Ke, bebesiti bambi benze nesidudu semfe xa sukuba umntu esifa sisisu, siti-ke kuba sirara, aruquke angabuye atânde kusipĭnda. Sekusiti-ke xa umntu aruqukileyo no-kuba uruqulwe yintonina, kutiwe, :—" *Usilelwe isi-dudu semfe.*" Elo liyafana neli liti :—" *Andifuni negqabi letapile.*" Sukuba kusitshiwo ngumntu onqu-ngukileyo yinto emdinileyo nokuba yeluhlobo lunina.

" *Into azimntaka-Ngqika.*"

Eliqâlo lizekelwe kunyana wo-Nobutó, umka-Ngqika, oliqadi lako-Sutu, ogama lingu-Matwa, obezalana no-Macumbu no-Tente. Lo-Matwa ubeli-gosa elikúlu lakulo-Mbómbó elikĕ lawupĕtela kakúlu umzi, laza lada laduma lacandizwe nangokukâ-lipâ kwalo, udumo olude lwaya kufikelela nakwa-Gcaleka. Lento ingamatwa zizinto ezifanayo zili-ngana, kutiwe-ke ngamatwa, o[illegible]ye kutiwe zite-nqwa, zitĕne-totse, kude kutshiwo nokutiwa, zin-...

University of Fort Hare
Together in Excellence

gamatwa-totse. Lihl' apo-ke eliqâlo. U-Matwa lo ubetấndwa kunene kulomzi ka-Ngqika. Beku-kó́lisa ukuti xa isincoko singaye, libe bucezelwa igama lak'é ukutiwa pà, kudle ngokutiwa :—"Kwati, kwati umntaka-Ngqika." Yabonakala sel' iguda londawo, yamdumela kanye, wade wangati nguye yedwa ongumnta' ka-Ngqika. Nanamhla uti owa-hlula into enkulu kwenye ati :—"*Ewe zinkulu zombini, kodwa-ke noko azimntaka-Ngqika, oko ku-kuti, azi-Matwa.*"

"*Umtya ne-Tû́nga.*"

Eliqâlo lizekelwe endaweni yokuba itû́nga ema-Xoseni belifakwa umtya, kuba bekuhlalwa kufudu-kwa, ize-ke lityatwe emagxeni. Kengoko ibingento bekusahlukana umtya netû́nga. Ngoku-ke seku-sitiwa ukuba izinto zitếne-nca ngokutandana, no-kuba ngabantu, kutiwe :—*Ngumtya netû́nga*, mhlau-mbi, *yintlaka nexolo*, mhlaumbi, *yintlangu nenja-kazi*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umkóndo wama-Gqunukwebe.

(Ngu. W. W. G.)

Kutiwa u-Lungana, unyana omncinane ka-Debe, wazimela kowabo ema-Gqunukwebeni weza ku-kónza kulendlu ka-Tshawe, ngemini zika-Tshiwo. Wamkelwa, wabusa, wanobupakati kwaku-Tshiwo apo. Wazekelwa umfazi, ngu-Tshiwo, waza wazala u-Kwáne oyintanga ka-Rarabe. Wati kuba ngelo-xesha u-Pálo ubesika kunene abantu, waba lelinye lamagosa anikelwa abantu abangamagqwira ukuba basikwe. Kutiwa kute ngexesha u-Pálo ebemi e-Nxaruni apa, kwafika abantu abasuswa ngu-Gcaleka ukuza kuhlaba umkosi ku-Pálo no-Rarabe ukuba umzi umanyonywana ngu-Nqósini inkosi yama-Gqwashe, nama-Gwangqa, kwanama-Nqósini. Lonkosi yileya yayikė yalwa no-Kánzi, mzuzu, ngopóndo lwendlovu, besebancinane u-Rarabe no-Kwáne. Namhla yavukelà u-Gcaleka, owati yena waza kuhlaba umkosi kuyise, nasekunene ku-Rarabe umninawe wake. U-Pálo uyihlanganisile eyake (Umnqálasi) eyona ilixhiba, baza bati-ke u-Kwáne no-Gaba inkosana ebikwakónza u-Pálo, iligosa nayo lokusika abantu, bati ukuvela kwabo bavela

University of Fort Hare
Together in Excellence

namahlati ezimpi ezikólise ngababantu kwakutiwe mabasikwe bayatákata.

Kutiwa wati akubona lonto u-Pálo wasel' ebamisela ebukósini, wabanikela indwe yalomabandla bawapeteyo, wabanxiba ubuhlalu (intsimbi) ukuba bawatete bawagqibe amatyala, (noko awokubéna ebeya kuya kuye wona naku-Rarabe) ize nayo yonke iminikelo ebisenziwa komkúlu, enje ngokwindla (ulibo), uvalo lwemvubu, isifuba sempofu, izintsú zengwe, indwe, inamba, izizi, bazamkele.

Wagqibela ngelizwi eliti kubo,—"Ize nibinze nakum ukuba ndinonile. Wayetéta-ke ukuti ama-Gqunukwebe nama-Nqósini angabinza ko-Rarabe no-Gcaleka onyana bake abakúlu. Yiyo-ke lendawo wade wamtimba wambamba u-Rarabe ngakwelahlati lika-Nxele, ukuze ade apútunywe ngu-Kibiko omnye wonyana bake.

Umnombo ka-Debe

Kutiwa u-Debe wazala u-Lungana, waza u-Lungana wazala u-Kwâne. U-Kwâne-ke kutiwa uzele u-Tyara no-Bábá intombi. Abanye bati u-Kwâne wazala u-Gqunukwebe, oyena wazala u-Tyara. Asiyazi-ke eyona nyaniso ukuba yiyipina.

U-Tyara uzele u-Tshaka. U-Tshaka wazala u-Cúngwa inkulu, no-Nxashe, ozele u-Mbini, ozele u-Gqamana ekunene. U-Cúngwa uzele u-Páto inkulu, no-Kobe no-Hina abamaqadi endlu enkulu, kwa no-Toni no-Nyengana. Kwelinye iqadi kwalendlu enkulu kuzelwe u-Situ, ozele u-Hobeni, ozele u-Momo, no-Bádi ekunene. U-Momo uzele

University of Fort Hare
Together in Excellence

u-Zondani. Kwiqadi lakulo-Bádi kuzelwe u-Nkuntsu, ozele u-Kúlu, ozele u-Kilasi, ozele u-Mdyogolo. U-Bádi uzele u-Mánana, Témbani, no-Dyemane ekunene. U-Mánana uzele u-Frank, Daniel, Máya, no-Samuel. U-Témbani uzele u-Ntanti, no-Sonamzi. U-Zondani wazala amankazana odwa. Igama lenkabi ka-Cúngwa yomzi omkúlu *ngu-Nxwála.*

Ekunene u-Cúngwa uzele u-Kama. Kwiqadi lasekunene uzele u-Mama ozele u-Mbúlwana (James) no-Boyce Mama. U-James Mama uzele u-Lot, no-William, no-Holford, nabanye. U-Boyce Mama uzele u-Shadrach, James, nabanye.

U-Páto uzele u-Dilima inkulu, no-Mate ekunene, no-Yongama ixhiba. U-Dilima uzele u-Namba. U-Mate uzele u-Mkónzi. U-Kobe uzele u-Katikati kwindlu enkulu, no-Dyani, no-Mqali; ekunene wazala u-Kosani. U-Kosani uzele u-Kalikeni inkulu, nabanye. U-Kama uzele u-Mani (Samuel) inkulu, no-Xhanti (William Shaw), no-Mzinana (John Wesley). U-Mani uze'e u-Lutúli nabanye. U-Hina uzele u-Sampu kwindlu enkulu, no-Sentile no-Feni. Ekunene uzele u-Jayi no-Nalo. U-Toni uzele u-Tapolisi nabanye. Buninzi-ke obunye ubukósana obukóyo ema-Gqunukwebeni.

Imvela nqángi ka-Cúngwa

Imvela nqángi ka-Cúngwa ngu-Kobe, umfo oke wawupáta kakuhle wonke lomzi wasema-Gqunukwebeni emva kokubúbá kuka-[illegible]gwa. Kutiwa ngumfo obenamaci amahle okuwupáta umzi, owati

University of Fort Hare
Together in Excellence

wabapâta kakuhle abantwana bakayise u-Pâto no-Kama. Yinkosi ebitandwa kunene ngama-Gqunukwebe. Kuvakala ukuba maninzi ama-Gqunukwebe awasalayo kuye, akaya no-Kama e-Tala. Ngu Sampu, unyana omkulu ka-Hina, inkosi yase-Mxumbu, owaya no-Kama e-Tala. Wanyamezela wahlala no-Kama lowo, wada no-Kama wamzekela intombi ka-Dwane inkosana yakwa-Ntinde.

U-Pâto Inkulu

U-Pâto intw' enkulu ka-Cúngwa yinkosi ebitandwa kakulu ema-Gqunukwebeni. Asinkosi ibikólisa ngakulala ingene ingaku-Rulumente kwezimfazwe zonke bezisiliwa. Yinkosi ebiligora, eliciko, ebisiti kw'cala ebambé kulo kwezimfazwe ibambé kalukúni kude kumamaniseke.

U-Kama Ukunene

U-Kama yinkosi ebizolile, ibabekile ibatanda abantu bakowayo. Ide yafun' ukugubungela ngodumo nangesitózela, ngangokude uninzi lwabantu, abalunge ku-Páto, babuse kuye iminyaka emininzi, engenzi kéte ekubapâteni kuba belunge kwenye inkosi. Ite eyonanto yambangela ngakumbi udumo yaba kukwamkela ilizwi lika-Tixo ngomxélo nangenyaniso. Wasikeleleka kunene, wabekwa wahlonelwa kakulu nasebukwéni bake kwa-Rarabe. Akavumanga ukuzeka isitembu, wayigxota nentombi ka-Mdushane awayeyigatywa ngamakowabo. Ityala lokuyigxota lagwetywa ngu-Maqoma iciko

University of Fort Hare
Together in Excellence

elikúlu, wati,—" Ngubaniṇa onokupïkisana no-Tixo ka-Kama, u-Tixo odale bonke ubukosi obukoyo ; yena (Maqoma) ezalwa ngu-Ngqika-nje, akana-mandla okumpïkisa u-Tixo ka-Kama."

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imikwá

(Ngu H. C.)

Ukunyaniseka

Yinto entle nebukeka kakúlu kuzo zonke intlanga lento ikukunyaniseka. Nakuba ngati inelahleko, okwexeshana, kumntu oyibambileyo, noko ekupeleni ilelona tyólo angazimela ngalo umntu, ukuze abe nguye kwabanye, atenjwe, apumelele, abe negama eliyakuti noko angasekóyo libe lona lisateta.

U-Tixo wasipa ulwimi lokuteta inyaniso. Yinto embi kakulu kumntwana ukuxoka, ize igqite ukubambi kumntu omkúlu ukuteta into engeyiyo inyaniso. Ukuxoka ngumkwá oti wakumqéla umntu usuke ungabi sahlukana naye, ati kanti naye akasazazi nokuba ehamba-nje ulixoki, onke amaxesha atetayo uba uteta njengabanye abantu abaqéle ukuteta inyaniso, ukanti eteta-nje abantu, noko ngati bayampúlapúla, bate nqa kuba besazi ukuba uyawaxoka.

Kuko indlela ezininzi zokuxoka :—

(*a*) Ukulandula into umnye uti andinayo kukuxoka okuqélwe kakulu ngabantu ebebefanele ukutenjwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

(*b*) Ukuti uxelelwe into, uze uyalwe ukuba ungayiteti nakubani, uz'usuke wena uyitete komnye umntu wesitatu, ngendlela yokuti uyamhlebela, kukuxoka, kuba kukwapúla idinga nomnqopïso pakati kwako nowenu, waye usenjenjalo-nje ufuna ukubambisana abantu ngolwimi lwako, ongenakó ukuluqóbosha.

(*c*) Ukuyigqweta, ngabom, inteto etetwa ngomnye umntu, ngokunga ingavakala kakubi kwabanye ukuze imenzakalise, kukuxoka.

(*d*) Ukongezelela kwinto oyitetayo ngapezu koko ibinjalo kukuxoka. Ukuluteketisa ulongezelelo olo, ngokuti ndikúlisa inyaniso, kukongezelela kwa obunye ubuxoki. Iti imbóngi yasemlungwini, (u-Tennyson) " Inyaniso eyenziwe isizekevu ukuxelwa, obo bobona buxoki budluliseleyo."

(*e*) Ukulubuka undwendwe, ulubonise ubuso obuhle, utete kakuhle nalo xa lusepambi kwako, kanti uzakulusika impundu, uluhlebe kwalusatitshiki, lonto kukungabi nakunyaniseka. Yinto elungileyo ukuyixela, into oyaziyo, wakubuzwa ; kodwa yinto eyahlukileyo nembi ukuhamba upololoza, ugxeka, uteta into ongayibuzwanga. Isimilo sexoki senzakalisa lona ngapezu kokwenzakalisa abo lihamba liteta ngabo, lixoka. Yehla ! akwaba u-Qamata angawapa amadodana nentombi zetu amehlo, nesipo sokúba bazibone njengoko babonwa ngako ngabanye abantu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imibuliso

(Ngu. W. K. N.)

Imibuliso efanele ukugcinwa ngabantu yile :—
(1) Ezinkosini kufanele ukutiwa—A ! bani !
(2) Eluntwini kutiwe—Bhota ! bani.

Lemibuliswana ibuvuvu ingo-*Royinani* ! no-*Royindara ! Molweni !* ibifanele ukulahlwa kuba yeyasemzini, yaye ingenanto iyitetayo kuti bamnyama. Akunaninani ukuti,—" Yitshoni."

University of Fort Hare
Together in Excellence

U-Nokónya into Ka-Nyanga

(Ngu. W. K. N.)

Lembáli lunga ulutsha lwakowetu lungayifunda lude luyiqongele, kanti mhlaumbi lungatúngulula luwazi amaq'inga okupúmelela kuyo lentlango yobubom.

Ngemihla ka-Ngqika, pakati kwengcobo yepákati ebelibusa, ubungafike ubone into eyenziwe isihlambezo, egama belingu-Nokónya into ka-Nyanga. Bekusiti kwakuxélwa ayitúté yonke lonyama ayise kwindawo ngendawo zayo, aman' ukufutafuteka ukupéka isifuba, kanti amanzi uya kuzikélela kwangokwake. Yema-ke lonto imi, waxola naye ekubonakaleni akakátala.

Bekusiti xana kubutiweyo, ati kuba u-Ngqika ibingumfo onamagcigala, ambize u-Nokónya, ati makatiwe gangxa ngokakayi lwenkomo entloko, aze aye kuhlala ezantsi ebuhlanti ; abiz' izinja zake-ke u-Ngqika azifunze kuye, isuke ibe ngamawawa-ke! Ubesiti akuqonda ukuba ziza kumbamba asuke ati-rabi ngapaya kotángo, ibe-ke selingumrarara wodwa epákatini elililo. Wahlala-ke u-Nokónya kulomo injalo ebusa akemka komkulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Watiwa hala umkosi ngenye imini, kwatiwa,—"Zimkile e-Qanda ematáŋgà," kanti-ke sipúpú senkabi zika-Ngqika. Wawageqela pandle umntu amakáka, waye-ke ngeloxesha u-Ngqika emi e-Xúkwane wada weza nase-Peuleni.

Yabéka ematáŋgà eka-Ngqika ukuya kutabata umkóndo, waye-ke seletenya pakati u-Nokónya. Ute-ke umkóndo bawutabata kwasenkundleni, ekoko ukuya kuwela ku-Banzi, kwada kwahlwa bengazifumananga, balala endle. Kuse bepátelela kwakuwo, waye usinga e-Mnyameni, latshona kanjalo bengazifumananga, balala kwasendle. Kute kwesikabádakazi wavuka u-Nokónya, we qú qú amadodana amabini, ekoko ukubéka ngecala obusinga ngakulo umkóndo. Uté wakuvuka umkósi omnzi, uye ngapi u-Nokónya? Uyengapi? Bate abanye, ugodukile ukúmbule kwa izisulu zakomkúlu.

Kute emin'enkulu babona ngotúli, suke batingxungu! Yintonina leya? O! maké kunqunyulwe ikába liye kuhlola ukuba ingaba yintonina! Kanti-ke ngu-Nokónya, ubeke akayeka waya wazibeta kumaŋyangaza, walwa wasakasa wawagxota, wazinqanda. Ubuyile umkosi kubuzwe indaba wazenza, wati ekuzenzeni waqukumbela ngeliti, "zinqandwe ngu-Nokónya." Ite inkosi ukuti-guququ kwayo yavakala isiti :—

U-Sitengile,
U-Nqaba kwa-Ntsinga.
Wazitandisa umntu Ndingamtandi,
Impuk' enent' enkulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yatsho-ke inkosi yamnika intshuntshe zambini. Kumini lomhla wapúma, ezimbizeni, waba ngumpâkati.

U-Mtyingili no-Gongqolo

Bati u-Mtyingili no-Gongqolo besiya kuŕanuga ema-Bhulwini baqubisana namapolisa, afike ati lamapolisa kubo, 'Ningamasela'. Ute u-Mtyingili kuwabo batinina? Ute yena, kuba yayiliŕanuga elidala elikwaziyo ukusoma, bati, 'Singamasela.' Uvakele esiti u-Mtyingili teta ngentsobi Gongqolo uti,—'Asimasela tina.' Upinde wati, bati baya kusisa entolongweni. Ute omnye yindlu enjanina intolongo? Ute omnye 'Emnyama, embi kunene.' Uvakele esiti u-Mtyingili, 'Lento iyadina Gongqolo, masife kéśatúka njengamadoda.' Yiti kubo, 'Zintondini, zinkononkonondini zimibombo inamaxolo.' Ute yena omnye akawasa lamazwi, wazama kupéla indlela yokuba bakúluleke, kanti-ke okunene baya kukúluleka.

Isifundo :—"Ilizwi elitámbileyo libuyisa umsindo," satsho isilumko.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umfana Ovela e-Báyi

(Ngu T. U. H. T. 1887)

U-Xamu nabalingane bake o-*Bâshula*, *Ntengento*, no-*Maqetseba* baya kusebenza e-Bâyi besuka kwisikolo esidala sakowabo, esimfundisi wayesand' ukuvela pesheya, eshumayela ngamandla nangobushushu obukúlu. Abantu ngeloxesha babese shushu kakúlu eli-Zwini lika-Tixo, bembekile umfundisi. Idyakana yayingamagqala abekeke kunene, abuso bunzima, bushwabeneyo, bulungiselele ukukálimela isono. Ngelixesha *i-Ronoskapu* (Genoedschap) ibizitumela ingubo idyakana, ingubo ebezizenza zoyikeke kunene, umpantshwa omde omnyama, nebâtyi apa engu jobela esikwe yabeta pezu kwenkaba ngapambili. Abadala abo ubungababona nge-Cawa beventshula kwakusasa. U-*Rôlihlahla*, omnye wazo, ubepáta igqudwana elincinane, ewaka pakati kwezitulo ngexesha lenkonzo ekángela abangaba balele, mhlaumbi bayanqwaleka, mhlaumbi bayahleka. Amakwénkwe asileyo ubemana ukuwanqotóla ngalo etyalikeni.

Kwati ngamini itile, inkumzi yenkomo ka-*Rôlihlahla* yahlatywa yeka-*Lobol'eketa*, iqaba lase-Lalini, yasel' inqunyulwa. Amadoda ahlanganisana

University of Fort Hare
Together in Excellence

kwa-*Rôlihlahla* kuyiwe kudliwa intloko, ndawabona apo amanene :—O-*Busobengwe*, u-*Landingwe*, u-*Matôlengwe*, u-*Nkomombini*, u-*Ngubombini*, u-*Dubulekwêle*, u-*Dumekude ;* namafaca, u-*Qobikâba*, u-*Cand'ulwandle*, no-*Dlangamandla*. Kumakôsikazi awayeze eluswini nesixânti, inyama yabafazi, ndapaula, kubafazi abakúlu :—U-*Nosefu*, u-*Nosanti*, *u-Nosafa*, u-*Nosesi*, u-*Nobêsi*, u-*Nomesi*, u-*Notasi*, u-*Notesi*, u-*Nolasi*, u-*Nofasi*, u-*Nomanti*, u-*Nomonti ;* namaqegukazi o-*Nonibe*, u-*Notônto*, nono-*Sonti*. Kubafazazana yayingu-*Noaki*, u-*Noenti*, u-*Nomanti*, u-*Noventi*, u-*Novili*. Amadoda ate makapêndulelwe inxôlo ; ide yopúlwa nentloko amakwênkwe selewasazela.

U-*Rolihlahla* umise u-*Matôlengwe* ukuba abe, yaye imbêko yokujola ibinikwe u-*Dubul'ekwêle*. U-*Matôlengwe* uyibeke kumahlahlana ngamahlahlana encedisiswa ngu-*Qobikâba*. Ute ku-*Qob'ikâba* :—"Tâtâ le, ubeke paya kulamadoda." "Tâtâ le, ubeke kumanantsi lawa,"—"Tâtâ le, ubeke kwelacala." Ndite ndisate nqadalala ukuba amakwênkwe opiwana, wavakala u-*Rôlihlahla*,—esafake ilungu elinye emlonyeni,—ebiza esiti, "*Ntlanganiso*," heyi ! Ina kwedini ; inkwenkwe—enkosi ! " U-"*Matôlengwe*,"—*Cekiso* ! heyi,—Ina, enkosi. *U-"Dubul' ekwêle*,"—*Fedi*, heyi—Ina, enkosi.

Isuke yasisipitipiti ukupiwa kwamakwênkwe ngamadoda, abizwa macalana onke. Ndamangaliswa lomini kukupâ kwesisizwe sama-Xosa. Kusile amadoda ahlanganisana kwakwa *Rôlihlahla* esiya esi-

University of Fort Hare
Together in Excellence

fubeni. Ndipaule namhla ukuba kuko namanene, o-*Mtyingizane*, u-*Ndabangaye*, u-*Magumasholo*, u-*Baliso*, u-*Komani*, u-*Mdodana*, no-Gebengana. Kumatâmba ibe ngo-*Mageduka*, *Somama*, no-*Mpatâlala*. Kute kwakusa kwayiwa emanqineni kanti namhla kuya kusuke kubekô isipitipiti ngokulwa kuka-*Josi Matôlengwe* no-*Qob'ikâba*. U-Josi lo ibingumfana ongevayo ongakâtalele namnye umntu esikolweni, nomfundisi engateni nguye, noyise emdele kanye. Lo Josi wakê wasiwa nase-sinaleni, e-Dikeni, kuseloko wagxotwa nakôna ngokungeva nokudela abafundisi. Ebuyile e-Dikeni apo wangena kwindlela ezininzi ezimbi, ungene wasela notywala basemlungwini. Uqale watênga umnqwazi omapïko abanzi, abesuke awugobe amapïko awo pêzu kwamehlo akubon' abantu, angaba kângeli. Wafuna neqïya abefike abopê ngayo indlebe ne nqintsi, aze asuk' abôtoloshe esikolweni akunxila.

Ube noqôvuqôvana apa lwehashe ati ukulibiza ngu-*Gob'isongololo*, abehlala elikwêla esinga enkanti abuye selelifunze lalala pantsi.

Nangalomhla kwakudliwa amanqina ufika emnandi ebevela enkanti. Ute uyafika waseletûka u-*Qob'ikâba* ngobufaca, wamhluta nenyama yakê. Ate onke amadoda amngxolisa. Usuke yena wati, :— "Ayinakunikwa ifaca inyama eyifuna." U-*Qob'ikâba* ubonakele selesangene, wapêndula ngokuti :— "Andifaca lako mna!" Unge akatshongo waselegalela u-Josi ku-*Qob'ikâba*, uhlanganisile omnye wenyamba uduma entloko ku-Josi wabeka pântsi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ahlula amadoda, evuya kodwa kuba oselwe u-Josi, waye edinisile ngokunxilela ebantwini. Kuse u-Josi intloko eyibopé ngeqiya ngenxa yokuba lukúlu koduma lwaké. Ute egqita kwa-*Rólihlahla*, (kuba lento yokubetwa kwake ibisel' igqibe ilali) abafazi bahlola emnyango, bati, "Kwowu ! ubulewe u-Josi yilanto u-*Qob' ikåba*, ezi ziquku ziza kuba-gqiba abantwana betu." Ute egqita kumadodana wawavela esiti,—" Kwowu ! lufunyenwe ngu *Qob'i-kåba*, yinkabi lento u-*Qob'ikåba*." Ate amadoda amakúlu :—" Namhla inkewu ibulewe ngu-*Qob'ikå-ba*." Amakwénkwe ahleka akumbon' edlula, esiti :—" Kwowu ! woyisiwe ngu-*Qob'ikåba*, unoduma into enkulu." U-Josi uhambe engena e-Lalini equmbe wasisifu kuba esuke wasicululwane sentsini kulempi yasesikolweni.

Ite i-Lali isahlafuna lento yako-Josi no-*Qob'i-kaba*, ngabusuku butile, xa kudliwayo, inyanga imhlope, kwavakala isililo kabukáli. Bagilene kwa-ngoko abantu ukupúma ezindlwini, abanye beshiya nokudla. Bepúmile isililo sivakele kunye nesitónga sentonga ngakwa-*Busobengwe*. Uvakele umntu esi-ti :—" Wapéla umntu sizani " ! Apálazeka amadoda ukusinga kwa-*Busobengwe*, amakwénkwe elandela, eciciteka ukuhleka. Abafazi babekála besiti, " O ! wafa umntaka-Nantsi amadoda eko."—

Afike amadoda aseleluvula ucango, wapúma u-*Nomesi* umka-*Busobengwe*, elila, eteta esiti, " Mye-keni andibulale." Izinja zazikónda kuyo yonke i-Lali kupitizela nabebesebelele behamba ngemi-

University of Fort Hare
Together in Excellence

bâlo. U-*Rôlihlahla* ute, "Yintoni-na mfondini *Busobengwe*, pêza! U-*Busobengwe*," Unani ukuba umfazi asuke izwe-nemihla ndingateta naye apïkele ukunditúka? Ibuziwe imbangi, ute—"Ndibuza umfazi ukuba lisiko linina eli lokumana evotshoza elalini imini yonke,abeke imbiza ebusuku, ize kudliwe apa sekulelwe kuyo yonke ilali, nabantwana sebede balala bengadlanga, ekubeni kukudala nditeta ngale ndawo, ndisiti, "Makaliyeke elisiko." Namhlanje uyibeka imbiza sekusebusuku-nje, nditi ndisati, *Nomesi* elisiko a—, aselesuka enditúka esiti, 'Unanina, uyafa, uyabúda, uyanxila, uyapúpá'? Nditate intonga yam ndapúma, usuke ndipándle ndimve esiti, "Ndidiniwe ke betu yilento izinxólo zite gongqogongqo ngati zeze hashe lidiniwe?" "Ndiqale apo-ke ukusuka ndimbete." Ipelisiwe ke lenkatazo kwasa i-Lali lento iyihlafuna, abafazi bemvel' usizi u-*Nomesi*, aye amadoda evelana no-*Busobengwe*. U-*Busobengwe* nomkake babe zicululwane nondabamlonyeni elalini apo iveki yonke.

Inge ingadamba lento, kwabonwa ngamini itile u-*Josi matolengwe* etwélwe esisiwa kokwabo, xa limkayo ilanga, ezele zinduma engenako nokuteta, eyinto ebomvu nobuso obu. U-*Pónoyi* no-*Shweni* ababe mtwele (amaqaba) bate kwakubuzwa:—"Ubesilwa enkanti nama-Xósa, amgqebá amshiya efile." Isizatu abasazi bafike enkanti kungaseko mntu ingu-*Josi* lo yedwa efile. Bamgalele amanzi. Exesheni ude wati balulu wawavul'amehlo. Yaba lixesha elikúlu egula u-*Josi*, egcuma. Waba ngu-

University of Fort Hare
Together in Excellence

mzekelo omnandi kumfundisi nabadala xa bayala abantu ngesono sokunxila.

Pambi kokuba ndibuyele embálini yo-Mfana ovela E Báyi, makė́ ndenze impau ngo kufutshane ngo filisho luka *Magumasholo*, unyana ka *Landingwe* elinye lamanene elaliko ekudliweni kwe ntloko nasesifubeni, kumadoda, kwa-*Rólihlahla*. Umfana lo waye filisha e-Xesi esaye kwa kanye, enamhla ebeza kupinda, bekufuneka ehambe nendoda etenqi yokuteta udaba olo—U-*Landingwe* ebeyi lentanga ixubayo. Ilizwi ulamkele sele mdala kade, akapika nanto ininzi yase-Mlungwini. Intlalo, imvo, namasiko amatsha ube namatéle kuwo, enendelo enkulu nencaso kumasiko amatsha ase-Mlungwini. Ubengazi nto ngo filisho lwase sikolweni, kuba yena mhla wazeka u-*Nondaba* walobola, waduda, yapela inteto, umfazi wamzuza. U-*Magumasholo* ibi ngu nyana wake omkúlu. Ubefuyile u-*Landingwe* inkomo, ubecáse kanye ukuba u-*Magumasholo* aye emsebenzini. Umfazi wake no nyana bebe zama ngako konke, ukuba amvumele unyana aye kusebenza, bebonisa intswelo ka-*Magumasholo*, kanti uyafilisha. Ukubancámisa u-*Landingwe* ubuze wati,—

"Nihlala nindifundekela-nje ngale ntsebenzo yase-mlungwini,—ufuna wena *Magumasholo* ukudungudela, undilahle.—Upina u-*Nkohla* no-*Mbáli* onyana baka-*Baliso* abemka nawe useyi nkwenkwana?

"Hayi ukuba unyula ukundilahla, nokudungudela ungahamba, mna ndide ndibe ying[illegible]u-nje andizange ndiwugqite umyalelo ka bawo." Kanti-

University of Fort Hare
Together in Excellence

ke noko esenjenjenje ukuteta, u-*Landingwe*, ukuba unyana ubeké wacúkumisa ekubeni kutengiswe inkomo afune impahla zokufilisha, ilinga elinjalo ngecala lika-*Magumasholo* belakuyitóba mpela ingqumbo ka yise, ukude abonakale ewucïta umzi eseko, elo linga belakubanga ukuba u-*Landingwe* ahlanganise amadoda ati,—"Kâniyale lomfana unxamele ukucïta umzi."

U-*Landingwe* akalanga, manditi wavuma ukuba U-*Magumasholo* afilishe. Kodwa akayibonanga imfanelo yokuba abe nengubo ezintsha ngenxa yalo msebenzi. Ube sazi ukuba yimfanelo yake, ukuba alobole, kuba laliya kubizwa ikâzi, gqibi ke. Zazimi ngoluhlobo ke izinto. Suke ngamini itile u-*Landingwe* wacela u-*Matólengwe* ukuba apéleke unyana wake aye e-Xesi. U-*Matolengwe* evumile, u-*Magumasholo* ululungiselele nzima uhambo olo ngokuswela impahla yokunxiba. Kodwa ilali noko yamnceda ekupéleni. Ihashe walikúpa u-*Dubulekwéle* nomyalezo oti,—"Yabona-ke mfana wam ihashe lam uligcine ungafeketi ngalo, uya qonda ke"? U-*Rólihlahla* wayikúpa isali nomyalelo wokuba,—"Ugcine isali yam ungayonakalisi." Umkâla uwukúpile u-*Mtyingizane* nomyalelo okwanjalo. Ibâtyi uyikúpile u-*Stephen Rólihlahla* nomyalelo oti,—"Wetu ibâtyi yam ungayonakalisi kupéla kwayo yeye Cawa."

Ibúlukwe uyikúpile u-*Tom Busobengwe* kwa nomyalelo ofana nalowo we bâtyi. Itopu zokukwéla netasi zikútshwe ngu-*Tuse Nkomombini* (itsolo ebelisebenza e-Bâyi). U-Maqwazi ingowake wona.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ikala, nama q'ina, nehempe etilekishiweyo, ene-sifuba, zikútshwe kwa ngu-*Willie* Nkomombini.

Ngamini itile kusasa, lisile, amanqilo elila kamnandi, u-*Magumasholo* utsole kwakusasa wafaneleka, yangu-Mlungu lō umpumlo itsolo, oti, tā'-tā'-tā'. Ilali yamangaliswa. Epúmile endlwini uqubisene no-*Rólihlahla* ote, "Awu inkewu namhla yavata, kunyembélekile kusinina namhla nkabi ?" Abafazi abakúlu bate. "Ukuba kuhle, yangu mlungu namhlanje umntwanam." Amadodana, "Litsolo ma-dade-wetu namhlanje umfo ka-*Landingwe*." Umtinjana usebeza, ute,—"Efanelwe ke betu zezampahla." Intwazana zipikisana zite,—Kwowu ! wavata u-*Magumasholo* namhlanje ! U-*Nomi*, asi zozake. U-*Nongcikivane*, zezake zona. U-*Nomi*, no-*Sesiwe* kunye, asizizo hi awu ! ibátyi yeka-*Stephen*, ibúlukwe yeka *Tom*, itopu zezika-*Willie* kodwa zona. Tyó, hi awu unanina u-*Nongcikivane* ! Amakwénkwe apánts' ukulwa kwangokupikisana ngengubo zika-*Magumasholo*.

U-*Dubulekwéle* egqita kwa-*Landinguve* selebotshiwe amahashe ute, "Uligcine mfana ihashe lam, uligcine." Bekwéle-ke bate bati ngqo bakufika e-Xesi. Befikile kusile kuhlangene amadoda ase-Xesi kulo-ntombi. Kubuzwe indaba nehambo ku-*Matólongwe*.

Exelile kungenwe entetweni nodaba, wavunywa u-*Magumasholo*. Kusile ubuyile u-*Matólengwe* no-*Magumasholo* bakugaleleka ekáya.

Ezibuyisile u-*Stephen* impahla zabantu upaule ukuba ibátyi yake ibuye igqibele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

U-*Stephen* kǻngela nawe ma igqibele. U-*Magumasholo* ufumene amazwi amabi, kubanini mpahla, ambangele intliziyo ebuhlungu, waqonda ukuba into zabantu yinkatazo.

Kube njalo ukuma kwezinto esikolweni ngemi-nyaka emihlanu u-*Xamu* ebesebenza e-Bǻi nabalingane bake, u-*Bashula*, *Ntengento*, no-*Maqętseba*.

Ngenxa yokuswela kwam ixesha sendiya kubekela entloko nditi, u-*Xam* simshiye esasebenza e-Bhayi nabalingane bake u-*Bushula*, u-*Ntengento*, no-*Maqętseba*. Uyise, u-*Mfazwe*, intliziyo yake ibisembi ngenxa yokunyibilika konyana bake ababini, u-*Nkohla* no-*Mbǻli*, abakuluwe baka-*Xam*. Weva ngamarę́ abantu besiti bayeza, ubuye weva abanye besiti u-*Nkohla* selashweshwa i-Lawokazi. Ezonto zonke zamenza buhlungu kakúlu, kwabonakala ukuba akazalanga.

U-*Xam* akuba engeko ekǻya iminyaka emihlanu wagqiba ukuba agoduke namhla. Watúmela izwi ekǻya lokuba uyeza, wagaleleka-ke pǻkati kobusuku ngamini itile. Yonke indlu yakokwabo yotúka ngovuyo olukúlu, yavuka yonke akuba efikile umfana lowo uvel' e-Bhayi.

U-Nolenti, unina, ute,—Azi umntwana wam uyakudla ntonina efika kungeko nento-nje epę́kiweyo !

Umfan' ovel' e-Bhayi,—Hayi ma andifuni nto ndidiniwe ndifuna ukulala.

U-Mfazwe, uyise, umamkele ngobubele obukúlu, kuba umfan' ovel' e-Bhayi ekolisile ngentsebenzo yake.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umfan' ovel' e-Bhayi ufike udade wabo u-Nomfeketo no-Tyálibóngo umninawe wake sebekúlile. Ufike yena waya kulala, abalingane bake u-*Bushula*, u-*Ntengento*, no-*Maqétseba*, ubashiya besebenza kodwa sebeza kubuya nabo.

Ulele kwadé kwasemini ngolwesihlanu enzelwe umkúsane ngunina.

Udaba lokuba ufikile luhambe njengocingo pakati komzi. Kungene kwakusasa u-*Nondaba*, udade boyise, kunye no-*Nokupela*, no-*Nonkomponi*, intombi zoninakazi, nento eninzi yezihlobo ezifike zamane ukutyóbeka zifika umfan' ovel' e-Bhayi esalele, u-*Nolenti* unina esala ukuba avuswe, esiti, umntwanaké usadiniwe kuba uhambe ubusuku bonke.

Exesheni umfan' ovel' e-Bhayi uvakele ukuba uyanxiba. Epúmile emkúsaneni uvakele selesiti u-*Nondaba* udade boyise—"Yo! ndashiya ama-Zangwa, umntwan' omnakwetu wabuya selengumlungu ukuba mhle ekúlile sel' eyindoda! Niyabonana esuke wahlal' ukuhlal' oku-nje kumkúluwe wake u-Nkohla? Kauze *Xam* mntan' omnakwetu ndincamise." Esisile isidlele sake umfan' ovel' e-Bhayi ubonakele ejalile engenalusini. Eyibulisile yonke indlu uhleli pantsi, udade boyise wabuza ukuba ujaliswe yinina.

Umfan' ovel' e-Bhayi ute,—"Zendingabuye ndilive eligama lokuba *Xam* ndibizwa ngalo, andilifuni; asililo igama lam elo, igama lam endabaptizwa ngalo niyalazi ukuba ndingu-*Samuel!* Kunceda

University of Fort Hare
Together in Excellence

ntonina ukuba umntwana apehlelelwe, atiywe igama etyalikeni, xa abazali basuke balidukisele ngemiteketiso yobudenge etiyekileyo netóbayo ? ”

U-Nondaba—“ Unyanisile mntan’ omnakwetu, kuseloko tina maxégokazi asisokuze siyeke ukunibiza ngalamagama, sesiwaqélile.”

Umfan’ ovel’ e-Bhayi—“ Anditeni nokuba niwaqélilena, into inye nditi eligama andilifuni. Igama lam ndinalo lobaptizo. Enye into umntu ndingammangalela ngokunditúka, kuba kukunditúka umntu xa andibiza ngegama engelilo elam lobaptizo. Andinakungena kubudenge bama-Xosa abantu abafumane bamjoke umntu ngegama engalifuni.

Ipelile-ke lendawo, ide yahamba imini, umfan’ ovel’ e-Bhayi, ebukwa ngabantu bengena bepúma ukuza kumbona.

U-Tyálibóngo, inkwenkwe, ubaleke wasibékede ukuya kuténga ikofu kwa-*Tikoloshe* evenkileni kwakusasa. Yantyintywa ukupúngwa oku lokofu imini yonke.

U-*Nosayi*, u-*Nosanti*, no-*Nomanti*, onina bo-*Bushula*, u-*Ntengento*, no-*Maqétseba*, bafike bakémezela beza kubuza ngempilo yabantwana babo e-Bhayi. Amadoda asesikolweni ayebute ngasebuhlanti kwa-*Mfazwe*, kuba evile ukuba kuko intwana eselwayo. Izihlobo zam ezidala,—u-*Mató-lengwe*, u-*Landingwe*, u-*Dubul’ ekuvile*, u-*Madyongolo*, u-*Mdyogolo*, u-*Giny’igazi*, u-*Qo[illegible]’ikába*, no-*Mpatálala*, kunye nomnuzana u-*Rólihlahla*, u-*Magumasholo*, no-*Baliso*, ndizibone apa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Um-Sitó wama-Xosa

Um-Sitó ema-Xóseni ibiyilento ngezimini zanamhla kutiwa ngum-Tshato, kuba nakuba bekuko ukutshata ekwenziweni kwawo lomsebenzi, eyonanto ibinamandla ibikukusita kwezizwe.

Indlela zokuzek' umfazi ema-Xoseni bizimbini. Bekuko ukuzibonela ngokwako, kukwako nokuti ubonelwe ngabazali, mhlaumbi zizihlobo nezalamane zako. Lè ke indlela yokugqibela bekutiwa ukubizwa kwayo *kukuhlolela*, yaye ibikólisa ukwenziwa ngabazali nokuba ngabakulontombi mhlaumbi ngabakulosoka. Into ebiyimbángi yalonto kukusuke kutándwe umzi, kuba ukwendisela *kwa-Nantsi* nokuzeka *kwa-Nantsi* ibiyeyonanto inkulu kuma-Xosa, nokuba *ama-Nantsi* lawo angamahlwempu. Eyonanto ibinkulu ibisisimilo somzi lowo, kunenkomo nobutyebi bawo. Ibiba ligugu elikúlu kunyana womfo ukwazi ukuba uzeke intombi ka-Nantsi *yasema-Nantsini*, kube kwanjalo nakwintombi ete ngetámsanqa yendela kumzi ka-Nantsi *wasema-Nantsini*. Ibilelona gugu likúlu kumfazi ukuzibiza ngokuti yena ungumfazi wasema-Nantsini, mhlaumbi ungumolokazana *kazibanizashe*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukufilisha

Ubesiti umfana obone intombi, waza wakólwa yiyo, asuke aye kuzivelisa kubazali bayo acele ukuba azalwe kulomzi, kanti esenjenjalo-nje mhlaumbi akakateti nokuteta oku nayo intombi leyo. Abazali bentombi bebesuke bamvume ukuba umzi wakowabo bayakolwa nguwo, bati kanti bemvumanje intombi ayinanto iyaziyo, isuke ibone kufika inkomo zekázi, mhlaumbi ive mhlana kutiwa mayiqabe iyahamba, ukanti mhlaumbi kusitshiwonje isiwa kwisoka engazange ilibone nokulibona. Bekuti noko kunjalo isuke ihambe, ngokutóbela abazali, kanti iyakufike ihlale, ixole kuwo lomzi, ibe nesizinzo. Bebenjalo abakudala bona abantwana, ingekó kubo into yokuti bakubonelwa isoka ngabazali basuke bati, " Ingaba nini eniya kwendela kulo mna okwam andicingi."

Ibi yinto ekólisa ukubakó futi ukukúpisana kwamasoka amabini ngentombi enye, ati ukuba ayayitánda omabini, asuke abeté ezinkomeni, alobole omabini, abe yena uyise wentombi ete cwaka ekángele lonto ayenzayo, ade mhlaumbi asuke ayifeze iminwe ayifunayo, kungenjalo elinye ligqitise kwelinye ngokulobola. Bekuti-ke, kungaba njalo, kubizwe intombi ukuba ibe yiyo eza kwahlula elona soka ilifunayo. Ibiti yakulixela, kutiwe mayizikéte inkomo zelo ingalifuniyo, iziqúbe ngokwayo izise kowazo. Ibiti-ke yakugqiba ukuhomba itábate umnqayana omhle, otámbileyo, iziqúbe izise kulomzi, ifike izingenise ebuhlanti, izishiye ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

libe-ke elo linkomo zishiyekileyo lelona livunyiweyo.

Ukuhlolela

Lento ikukuhlolelela lelona siko belisenziwa kakúlu ngama-Xosa, kuba ibilelona siko lilungileyo kunokuyeka umntwana, into engenawo namava, ukuba izinyulele ngokwayo ukwendela kumntu embona bumini, engamaziyo nokumazi isinqe sake, nomnombo avela kuwo ukuba unjanina.

Ukuhlolela-ke bekuhlolelwa intombi ye-Nkosi nokuba yeyompâkati, ihlolelwe kumzi owazekayo, mhlaumbi kwinkosi eyazekayo. Lisiko-ke elikóyo elo, nakwezinye intlanga ezikânyiselweyo, ukuti intombi yenkosi nokuba yeyompâkati ihlolelwe kubukósi obazekayo. Bekusiti xa kuhlolelwa intombi, kususwe umntu, ngobusuku, aye kulomzi unesoka elitândiweyo epéte umkónto ebekutiwa ukubizwa kwawo *ngumlomo*, kuti kungenjalo apâte *intsimbi*, nokuba *zizacólo*. Ubesiti-ke akufika kulomzi asuke lompahla ayiti-nyenge kweyona ndlu inkulu kuhlalwa kuyo, ukuze ibe nokubonwa kwakusa, aze yena abuy' umva agoduke. Ubedla ngokuti-ke ashiye izwi, kumzi okufupi kulowo, lokuba uze uye kuxela ukuba lompahla yeyakwa bani. Bekusiti ukuba akabonananga namntu angamxelelayo, emizini ekufupi, kususwe mntu wumbi, womnye umzi, oyakungati ubehambela nto zimbi kulomzi. Ubesiti-ke ekuncokolelwa kwake nabantu balomzi ahlale enxuse londawo anayo embilini, ade ati ngokungeva nto ikânkanywayo ngalo-

University of Fort Hare
Together in Excellence

mpahla ibishiyiwe, azenze umntu ongati wakė́ weva uyise wentombi leyo eteta ngokuyihlolela intombi yake kulomzi. Ubesitsho-ke ancome ubuntu babazali bentombi leyo, nobuhle nokukútala kwayo, abe noko atshoyo engayekanga ukulahl' amagxulusha ngokuman' esiti, "noko asibantu ndibaziyo, kuba andiqė́lene nabo kakúlu, kodwa ukuba bendinonyana bendiya kumzekela kulomzi."

Ubeti-ke akuwutimba umoya wabo balomzi, aselesuka ezenza umntu onxámileyo ukuba agoduke, kuba ehlwelwa, kanti esenjenjalo-nje uya kuxelela abakulontombi into etetwayo. Belisiti kodwa isoka ukuba intombi leyo aliyifuni, lingalibazisi, lisuke lomkónto liwubuyise kwaoko, ibe-ke lonto ipė́lile. Ukubuyiswa komkónto kweye-Nkosi intombi ubuyiswa nenkomo ukuze kungabiko mfazwe.

Xa kuhlolelwa intombi yenkosi umkónto usiwa emini, utúnywe umfana ekwaziwayo ukuba uyimbáleki. Uti akufika kulomzi akángele indawo amapákati abutė́ kuyo, aze asuke umkónto lowo awugxumeke enkundleni, pambi kwawo, abaleke agoduke. Ubesiti akubonwa esenza lonto kukútshwe amadodana ukuba amsukele, ambambe, eze naye, ati ukuba uwashiyile kwapė́la, wada waya kufika ekáya, abe uzuze udumo, anikwe inkomo komkúlu. Ubesiti kodwa ukuba ufunyenwe engekayi kufika ekáya kuziwe naye, abotshelelwe izandla ngasemva, nomkónto lowo ubotshelelwe kwakuye, agoduswe enjalo. Ubeti akuti-tú ekáya enjalo ibe yinto yentsini kwamanye amadodana nasezintombini,

University of Fort Hare
Together in Excellence

kuba esuke wabanjwa wahlazisa umzi wakomkúlu nowakowabo.

Ubusiti-ke ukuba umlomo lowo awubuyiswanga, kukútshwe *abafazi* ababini nokuba batatu, abaziwa ukuba banengqondo, baye kulomzi wakulosoka. Bebeti bakufika basuke bahlale pandle, kufupi nezindlu, ukwenzela ukuze bade babonwe ngabantu balomzi, babuzwe imvelapi yabo. Bebesitike bakubuzwa, apo bavela kóna nalapo baya kóna, basuke bahalalise ; bati kwakutiwa mabasebelala kuba kuhlwile basuke bangavumi, babe pófu besiti abagqiti. Bekuti kungaba njalo kuqondwe-ke ukuba ngabantu abalandele *umlomo*, abaze kuhlolela intombi leyo, baze-ke sebekútshelwa indlu abaya kuhlala kuyo logama balinde ilizwi lalomzi.

Bebehlala-ke iveki ngeveki, bepáta kude basebenze nokusebenza ekáy' apa, kungekó mntu ubabuza nto. Bekuba kodwa ukuti ngamanye amaxesha basuse omnye wabo, ukuba aye ekáya, ukuya kuxela izinto abaziva zitetwa ngawo lomcimbi bangawo. Ubesiti-ke oté watúnywa ekáya azimele, ukuya nokubuya, ukuze angabonwa ngabantu abo bakulosoka, kuba lonto ibingaba lihlazo nesigxeko kwintombi yabo, kutiwe baquq' endleleni beyifunela indoda.

Ubusiti-ke umzi wakugqiba ukuvana ngekázi eliya kurólwa, baqale ukuxelelwa abafazi abo ukuba bagoduke, baye kubiza uduli ukuba luze.

University of Fort Hare
Together in Excellence

U-Duli

U-Duli belufika nentombi, namankazana namadodana ayipelekelelayo, kunye nendoda enkulu nokuba inye. Belusiti ukufika kwalo lufike ukutshona kwelanga, xa impahla ibuyayo, luhlale kufupi nomzi, kwintatyana nokuba yindulana ekufupi, ukuze luman' ukubonisela into ezenziwayo, nalo lube nokubonwa emzini lowo. Beluti lwakubonwa kususwe ababini ukuba baye *kulutúndisa*, luti-ke lona lukúpe *isheleni*, nokuba *zisheleni ezimbini*, ukubanika. Boqala-ke *abatúndisi* abo ukuluzisa ekáya, baye kulufaka kulandlu yayikutshelwe *abahloleli*.

Bekusiti emva kokuba lunexesha lukó kutúnyelwe izwi nguso-Soka lokuba intombi iya kubonwa ngomhla otile ngamadoda. Luti-ke olosuku lwakufika, iqale iqabe kwakusasa, ipúme-ke igqunyiwe iye kungena ebuhlanti, apo amadoda akóna, ifik' iguqe, ikángele kuwo, izite-tyi wonke lomzimba ungentla. Iti yakugqitywa ukubonwa isuke apo ishiya *isheleni*, nokuba *zintsimbi*. Ukusuka kumadoda iya kubafazi, ibuye yenze kwalonto. Emva kokuba ibuyele endlwini, kubanjwa inkomo eza kuxélwa kubizwe amadoda, aseludulini, ngamazwi ati :—

" *Yatsh' inkomo Nomazakuzaku.*"

Bayapúma-ke aboduli bayikángele, bete-cwaka, babuye babuyele kwasendlwini. Iti inkomo leyo yakuxélwa inxalenye yenyama isiwe kuduli, ibe-ke oko kukufezwa kweqina lokubandakanywa kwe-

University of Fort Hare
Together in Excellence

ndoda leyo nalonkazana. Loqala-ke uduli lukúpe inqakŵe oluze nayo, luyinikele ngomlomo kumninimzi. *Inqakwé* idla ngokuba zinkomo *ezimbini* zesibunu, nokuba *zintatu*, ukuba intombi yeyomntu nje kodwa. Kweye-Nkosi, nomntu osityebe, ziba lishumi nangapezulu, ngangokutánda koyise wentombi leyo ; ezinkomo-ke zezokwălá iselwa lomntwenyana, nokumondla.

Um-Sitó

Kuti mhlana ngomsitó kumenywe izizwe eziti zize nenkomo zokusenga, namaqegu atwéle imvaba ekuza kusitwá ngazo, oko kukuti abeza kuxuma bancedisise ngazo kwindleko zokudla komtshato lowo. Ema-Xoseni ibingenziwa into yokuba umntu eze emsitweni equba isisu saké kupéla, engapéte nto. Zifikile-ke izizwe uyaqala umdudo oya kuqútywa intsuku nokuba *zintatu*. Kweye-Nkosi intombi umdudo ubugqiba intsuku *ezisibózo* nokuba *zilishumi*, nokuba zingapézulu kwezo, njengoko wawunjalo umdudo ka-Mapássa.

Bekuti-ke mhlana umdudo upélayo, ukumka kwemini, kuhlanganiswe inkomo ziye kuleqwa, uqale uwabon' apo-ke amaxáka amapákati aduda ngawo. Ebesiti-ke akumka amadodana, nenxalenye yamadoda akwéle emaqegwini nasemahasheni,ukuya kuleqa inkabi ezo, uqale uqútywe umtshato.

Um-Tshato

Mhla ngomtshato umntwenyana ubehamba pambili exákwe ngabantu abamngungileyo. Ilokwé

University of Fort Hare
Together in Excellence

yake yokutshata ibiba sisidabane asinxiba njengesikáka. *Isidabane* eso ibiba lulūsú lwe-ULA nokuba lolwe-HLOSI. Ubehamba-ke nabalingane bake engatwéle nto entloko, esuke wayichaza kwakupéla, lomzimba ungentla uzè. Bebehamba kuhle, benyatela kunye, bebambene ngezandla, besinga exhantini, umtshakazi epéte umkónto, u-*Nomazakuzaku* ehamba pambi kwabo etshayelela. Bati bakufika esangweni, umtshakazi awubinze lomkónto páakati ebuhlanti awushiye. Baqale-ke bajike, abatshati abo, basinge emadodeni bekókelwe ngoku ngabafazi balomzi,abahamba belinganisa imisebenzi aya kuyenza (umntwenyana), enje ngokutéza, ngokuk' amanzi, nokulima, nokuhlakula. Bebesiti bakufika kufupi amadodeni beme, kusuke indoda ibenye, eyazekayo, imxelele lomtshakazi imisebenzi yake aya kunyenza kuyise nonina, nendlela aya kuzipáta ngayo emzini wake.

Kwakugqitywa *ukuyalwa* ubebuyela kwakulandlu ebepúme kuyo. Lomtshato usenziwa-nje umyeni wake usemadodeni paya, mhlaumbi uhambe nempi eye kuleqa inkomo, kuba oluxákano, lomyeni nomyenikazi, lwenziwa esikolweni ngoku, belungeko ema-Xoseni.

U-Duli beluhlala intsukwana lumlibazisa, lumtézela inkuni ukumqalela igoqo, luze-ke lumshiye yedwa, baze-ke oninazala bamtabate baye kumbonisa indlu yake. Kulendlu yake uyakuman' ukuya ngokulala, ehote esicla kokwabo apa, ade abe nomntwana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

I-KÁZI

Inkomo zekázi bezinikelwa uduli mhlana lugodukayo, oko kukuti ikázi ebelite lasalela likútshwa kwakuba kududiwe, ziqale-ke *intsimbi* zamadoda nezabafazi ukukútshwa.

Lento ilikázi ema-Xoseni ibihamba *nentsimbi*. Esikolweni kufunwa ikázi lodwa, bati abakulosoka bakuteta ngokuba kufolwe *intsimbi* kutiwe bavusa amasiko asebuqabeni. Isuke lonto isikúmbuze amazwi ka-Paulos, ati:—"Wena uqáyisa ngomteto uyamhlaza u-Tixo ngokugqit' umteto, kuba igama lika-Tixo linyeliswa ngenxa yenu páakati kwazo in-Tlanga."

Ikázi nentsimbi *ngamapút' ahlati-nye*, libetana nazo ujengokubetana ko-*swazi* nesi-*hlalo*. Belutike lwakugoduka uduli ube upelile umtshato.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imbáli Ka-Makánda (abati ngu-Nxele)

(Ngu W. K. N.)

Kwati emva kokumka kuka-Nyengana, kweli lasema-Xoseni, kwavela u-Nxele e-Mgwangqa kwa-Ndlambe, esiti uteta into eyayitetwa ngu-Nyengana, yaye-ke nalonto wayeyiteta yayingaqondwa bani.

Imfundiso yake.

Ubesiti, xa afundisa abantu, i-Nkosi zimbini zaye zisemanzini zombini, enye yazo *ngu-Tayi*, enye *ngu-Dalidepu*. Ubesitsho ati-ke mabati abantu xa sukuba bewela umlambo, babulise bati—*A Tayi! A Dalidepu!* Lonto-ke yaba ngummiso kubalandeli bake. Ubemana eteta-ke umfo ka-Gwala lowo, esiti, umzi mawulahle ubuti, ungarexezi, ulaule amapúpá, ati wonke umntu azixele izinto azenzayo nawaké wazenza. Kwaba kupela umzi wenza lonto ongamadoda nongabafazi. Ute umfo wasema-Cwereni, akubona ukuba umzi uwoyisile, waqala kaloku wavelisa elokuba,—"Abantu bapantsi komhlaba, baye beya kuvuka bonke ekufeni, apo baya kupúma kona kukwa Gompo"—Utsho wati, odwa wona ama-Ngqika ayakuba zinkuni, imbóvane, namawa, kuba ahlal' epete igazi. Avakele

University of Fort Hare
Together in Excellence

ama-Rarabe esiti,—" Inantoni-na lento ukuba itetwe ngulo ka-Gwala, ngoka-banina yena ? Akakóna amapakati alomzi ama-Jwara, ama-Cira, nama-Ntakwenda ? " Bate besitsho babe besiti lomntu makavunywe ade abonakale eyonanto azakuba yiyo.

Bamvuma-ke bamsa ebucamagwini ngenkomo ezimdaka, ezilubélu, nezimnyama, laye ibala eliba-laseleyo ilelimdaka nelilubélu.

Ate ama-Ngqika nama-Gcaleka awuzela kwa-Ndlambe ngokoyika ukuba zinkuni, imbóvane, namawa, nangokoyika ukumka noqwítela lomoya awayesiti uyakubakó kwelo lawo. Ahamba ebulisa kulemilanjana yonke esiti, *A ! Tayi, A ! Dalidepu*, waye umntu ebonga esiti :—

U-Qweqweda pezulu, umkónto awungeni,
Iqutu lika-Tayi,
Inkonjan' emnyama edlala emafini ;
Iqutu elimgxashe.

Wati ofuna ikúbalo wabalekela kona, wati umntu lakududumа izulu, " Ta zulu lika-Tayi ! " waye-sitsho eligxota.

Abanye abantu baqéle ukuva kusitiwa u-Nxele lo yinto ka-Bálala um-Ngwevu, kanti akunjalo. U-Nxele yinto ka-Gwala yasema-Cwereni. Waya kwa-Bálala engumfana elandela unina, nodade bake, nomkuluwa wake u-Magolo. Uyise wayeselebúbile, waye-ke yena wayeselehlala kwa-Ntentema ema-Mbálwini. Elona gama lake wayesaziwa ngalo nga-ma-Rarabe lelokuba ngu-Makánda, koko kwaduma

University of Fort Hare
Together in Excellence

elobucamagu bake, eli lokuba ngu-Nxele. Wabanjwa ngama-Ngesi, eyokungenela i-Rini nemi-Dushane, waza wawezwa wasiwa *Esiqitini* (Robben Island) apo wafela kona nge 25 December 1819, zingadange zizaliseke ezo ziprofitesho zake.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imfazwe Ka-Túlúla

(Ngu W. K. N.)

Kwati ngexa u-Ndlambe awayemi em-Nyameni kwavakala ukuba unomfazi oyimbálasane ngokuba mhle kwake. Lomfazi waye ngu-Túlúla intokazi ka-Mtúnzana. Ute u-Ngqika akubuva ubuhle balomfazi wasuka wamnqwenela ukunga angamtabata, ku-Ndlambe, ngokumbá aze abe ngowake. U-Ndlambe lo wayenguyisekazi ka-Ngqika lowo.

U-Ngqika ke wabiza u-Ntlebi, omnye wamapakati ake amakúlu, wati makesuse abantu baye kumbela u-Túlúla em-Nyameni. U-Ngqika ngeloxesha ubemi e-Ncwázi, waye u-Ntlebi ebemi e-Tyúme ngakwa-Sikútshwane.

U-Ntlebi wasusa u-Bongwe no-Folisa into yakwa-Mdange. Bati bakufika em-Nyameni bati goxe ematyólweni ku-fupi nomzi ngexa lasemini, baye belinde ukuba kuhlwe. Bate kwakuhlwa basondezela ekáya benxámele ukuqonda eyonandlu abafazi babuté kuyo. Babone umntwana bambiza, bati kuye káwusibizele inkosikazi u-Tútúla, uti, naba abantu befuna ukumbona. Uyile umntwana wambiza weza. Afike lamadoda amrolela magama nomzi,

University of Fort Hare
Together in Excellence

ati, "Usibona-njesisuswe yinkosi u-Ngqika, ute masize kubà wena uye kuba ngumkakė́.

Ute kuba kutiwe cápa kwigama lika-Ngqika waseletsiba endlwini yake. Ufike watabata isidanga senkosi abesinxibile, wasisongela elukúkweni wasishiya. Uhambe kwaoko nalomadoda. Bahamba ubusuku bonke baza kuselwa xa bawela i-Nxuba. Bati kwakusa bayilahla indlela, bajika baya kuhlala entabeni bebonisela ngasemva ukuba akungebi kuyalandwana. Bate kwakuhlwa babuya behla baya kungena kwasendleleni, bahamba bada baza kufika naye e-Tyúme kwa-Ntlebi. Ufike u-Ntlebi wamfaka entangeni engalali mntu, wesusa u-Ngqoko ukuba ayekuti mvi inkosi, ati kuyo lanto ikó. Waya-ke okunene wayixelela inkosi. Ibambe *ingqawane* igama lehashe layo, yaliti natya ukuya kona ingabanga salinda nepakati namhla ukuba liyipáhle. Ite yakugaleleka yaselisiwa entangeni leyo. Kute kwakusa inkosi yagoduka naye, yaya naye emzini wayo. Ate kanti ama-Ndlambe alandile, alubona unyawo ukuba luze kuwela i-Nxuba lwasinga komkúlu apo. Abuyile aya kubika kwasekáya.

Livile-ke ipákati lomzantsi wakwa-Ngqika, o-Nontshinga, ukuba u-Ngqika utabate unina wamenza umfazi. Lihambelene ngalendawo lisiti, "U-Ngqika ushoba ntonina ngokwenjenje"—Libúnge ngalento lagqiba ekutini makaye kohlwaywa.

Wahlatywa-ke umkósi, waya kuxelelwa no-Ndlambe. Lite ipakati kuba lalisiti lento yenziwe

University of Fort Hare
Together in Excellence

ngu-Mguye (umpakati omkúlu) laseliraula owakė́ umzi kwaseṇtloko. Kuliwe kunene yagxotwa eka-Ngqika yasem-Rotshozweni, kwatinjwa kakúlu inkomo. Ute u-Ndlambe empini yake yinkosi leyo, ningabantu abamnyama nina, msan' ukuyisukela. Zite izinto ezipetwe ngo-*Senzo*, no-*Ngxokela*, no-*Gege*, no-*Cakana*, no-*Magwanya*, azalibekela ndlebe elozwi, zayifunza zingabanga salilinda nezwi lika-Ndlambe,

Undaba nduna, u-Gabulakúla,
U-Notyelw' engeva,
U-Hlumis' ameva abuy' amhlabe.
U-Bâsh'. ose-Xúkashe,
U-Tâmbis' amatângà ngapakati.
Unyok' ubânjatiwe ngama-Qéya,
Usigenga ngamkóntw' ezibukweni.
Usoziqitsiqitsi ukusing' esangweni,
Uvumaza, uvumaz' imfazwe.
Usilinge ose-Bunguni,
Umsitâ nganzala yadabadaba.
Unontsika zanyati,
Namhlan' apúma ko-*Nokėwana* no-*Noyena*.

Ilwile kakulu yagxotwa namhla ngum-Rotshoza, ngo-*Ntlebi*, no-*Ganya*, no-*Mguye*, no-*Ncamshe*, no-*Nteyi*. Kumhla lomini kwafa.

U-*Nodude*, unxeba lagul' endaweni yobom,
U-Kúz' ukutyeba nokunqina,
U-Qandase, usibunu mtsélu [illegible]ndindinya,
U-Nongxangalatile inkabi ka-Marotya,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Untam 'ingacilishe ligxot' elinye,
Imbábalan' entsundwana yase-Mtúqwa.

U. *Ngxokela* wabulawa-ke yi-Midange. Kute kuba ibingumfo odla ngokuya kungena kuqala ekulweni, aze ati kuyaliwa-nje kanti yena selenzakalisiwe, aze asuke abuye avuke noko, wenza kwalonto ngayo lemini. Ite iyalwa-nje wabe yena selelutywantsi. Ite xana igxotwayo le yakowabo bambona selepákamisa intloko, bati nankuya u-*Ngxokela* evusa intloko ; batsho bati, maze namhla nimnqumle intloko. Waselesuka u-Ngqika emgodusa u-Túlúla, emnikela umntu, laza ngoko laba liyaxola. Wazizuza lomini u-Ngqika ezizibongo ziti ;

Nguqubek' *embékeni* nakoninakazi nako-Túlúla,
Isilw' esiwudla umzi siwukányela,
Sisiti udliwa ngu-*Makábalekile.*

Kwaqalela kulomini ukuze kubeko intsonkotá eti,—"Azi ngekukakúlu kuko-*Mnguye*, kuseloko kuko-*Ntlebi.*"

Ukufika kuka-Nyengana

Wafika u-Nyengana xa u-Ndlambe ase-Mnyameni. Wafika weva ngaye ukuba inkosi enkulu u-Ngqika inganeno-apa. Wanduluka waya komkúlu apo e-Tyúme. Efikile inkosi imbuze imvelapi yaké. Ute yena uvela pesheya kolwandle. Ute u-Ngqika uze kwenza ntoúma kwelilizwe, wati yena, "Ndizise i-Lizwi lika-Tixo ati yena (u-Tixo) mabati abalivileyo balise kwabanye." Wabulela

University of Fort Hare
Together in Excellence

u-Ngqika wati, "Ukólisile u-Tixo." Wavunyelwa-ke ukuba alihambise, kwatiwa ukuba uyatanda angahlala e-Tyúme apo. Yonke lenteto yake nenkosi yayitolikwa ngu-Kúla ibhulu ebelisema-Xoseni ngezomini. Undulukile u-Nyengana, wakė wanga uzakuma kwesihlambo se-Laukazi esise-Debe, koko nalapo akahlalanga ; weza e-Ncábasa wati nalapo akahlala ; weza e-Mgqwakwebe (Pirie) apo wahlala umnyaka omnye watyala nomti womsintsi. Ukusuka apo wabuyela kwase-Qágqiwa, wahlanganisa ama-Lawo wawashumayeza ilizwi lika-Tixo. Ama-Ndlambe, i-Midange, ama-Mbálu, ama-Gqunukwebe, nama-Ntinde, ayemi em-Nyameni ngeloxesha. U-Tshatshu, inkosi yama-Ntinde, watúmela unyana wake u Jan Tshatshu ku-Nyengana apo ukuba amfundise.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imbáli Zama-Xosa

(Ngu W. K. N.)

Umlibo ka-Hleke

U-Tshiwo, u-Hleke, no-Mdange, ngonyana baka-Ngconde. U-Tshiwo wazalwa yedwa kokwabo, u-Hleke no-Mdange ngabeqadi lakokwabo. Lento igama lika-Hleke *lingembálasane*, kungokuba engazange apúme kowabo abe lupóndo oluzimeleyo. Ute yena u-Mdange wapúma wanga umka ngokuzingela inyamakazi, yasuka yati yonke impi yakomkúlu enevuso yaya kuye, kube njalo-ke ukuze abe nabantu, abe licala elivakalayo unanamhla. Bute-ke obuka-Hleke ubukosi bapela ngokusuke ahlale, alibale kukujola izifuba zenkomo komkúlu apo.

Iti imbáli amacala ka-Hleke ebemane : Ibiyindlu enkulu, ikunene, ilikóhlo, ili-Xhiba. Kwindlu enkulu wazala intombi yodwa egama lingu-*Ntlushe*, wati ekunene wazala u-*Mtyawu*, inkulu, kwanabanye. Ekóhlo uzele u-Mtshiza owaya kutátyatwa waza kufakwa kwindlw' enkulu, kuba ibingenamntwana uyinkwenkwe. Ube-ke yinkulu yomzi.

Ute-ke yena wazala u-M[illegible]á awamshiya kulomzi, wabuya yena waza kwasekóhlo kwicala lakokwabo

University of Fort Hare
Together in Excellence

e-Mahobeni. U-Manxá wazala u-Xili no-Vazi bengamawele. Kumfazi wokuqala u-Xili uzele u-Xálata no-Nongongo, wati ukupind' ukuzeka wazeka intombi yasema-Mpingeni, u-Nokándlo, ete yona yazala u-Bini, u-Kwánkwa, no-Tshetshe. U-Bini lowo watátyatwa wasiwa kwindlw' enkulu. Ngelakè icala u-Vazi, uyisekazi, uzele u-Mambu, u-Cata, no-Kula ; ekunene uzele u-Bádulo, u-Mpóntsi nabanye. Ute-ke u-Bini akukúla wavulelwa oka-Xili umzi, akawunikwa owase-Mbonjeni. Owase-Mbonjeni wanikwa u-Nquku intw' enkulu ka-Mtshiza eyayingazalanga. Ute tú u-Bini, ngamhlana utile, weza kucel' inqoma kuyisekazi esiti uyalamba. Wamlandulela omnye. Ute akulandulelwa waselesuka esiya komkúlu, kwa-Ngqika, e-Xúkwane, esiya kumangalela uyisekazi lowo ngokuti umhluta umzi.

Uye wati u-Vazi lomzi wase-Mbonjeni wawunikwa yena ngumkúluwa wake. Lite ipákati wawunikwa eye pina u-Bini ? Ute yena kwatiwa mawugcinwe nguye. Ilandiwè lonto ifunyenwe ingenabunqina, waza wagwetywa u-Vazi ngu-Ngqika kwatiwa makazikúpe zonke ezonkomo azinike u-Bini.

Amagxamesi ase-Mbonjeni ibingowakulo-Ntsundwane, nowase-Rosheni, nowase-Teke. Kwatshiwoke kwatiwa makusale owase-Mwangwini, usale usalūswa kwangu-Bini lowo.

Kute ngamhla utile u-Vazi wamema ipúlo, lapúma-ke labulala into yonke ibuya lagoduka. Kubuyiwe kwahlanganiswa izintsū ezo, yazikúpa,

University of Fort Hare
Together in Excellence

ke impi ka-Bini. Ute u-Gwadela, owayebulele indlovu, walusa upóndo lwayo komkúlu kwa-Ngqika, waza yena wasala nolunye. U-Vazi wema elumema olu luseleyo, waye u-Gwadela lo ebengumntu ka-Bini. Ude ngenye imini u-Vazi watúma umntu ukuba aye kuzeka olopóndo. Ute lomntu akufika wabetwa ngu-Bini wemka *emajajana*.

Ute esandul' ukumka umntu lowo aye selekútshwa amakáka kufunzwa kwa-Vazi ekáya. Ibonile eka-Vazi yapúma yema entla komzi, ukukwélela elusatsheni. Idibene entla komzi apo, ihlabe ngelokunene into ka-Xili, kwasala amadoda amabini kweka-Vazi, yamemelela xana imkayo kuba idlile.

Wancama ngoku u-Vazi, kwati emva koko kwafika intw' enkulu *yecesika* ekwati kwafa o-Bini, umka-Kwánkwa, onina bo-Kwánkwa, lafa ipákati kwati bole, kwatiwa-ke *sisimangala* esaya saténgwa ngu-Vazi eba-Tenjeni waŕola imazi enetóle.

Kwasinda u-Kwánkwa no-Tshetshe abaninawe bo-Bini. U-Bini uzele u-Nomaheya, u-Jwaŕa, no-Tïyeka. U-Jwaŕa wemka kowabo esengumntwana, akufa uyise, wasiwa kulonina kwa-Mjubi. Wemka nemazi ezimbini netókazi elikúlu. Enye imazi igama layo ngu-*Búngane*, enye ngu-*Notshe*. Wakúlela kulonina apo wada walŭka, wabusa ku-Hintsa. Lafika ixesha lokuba apútunywe ngamakowabo ama-Hleke. Kwasuswa u-Tshetshe, u-Gqibeni, u-Mbóma, no-Tyúluba. Ute inkomo awaye zizuze kwela lizwe lakulonina wazishiya ; weza nenkomo zilishumi, wawashiya amashumi amabini, yaye-ke ingamanqabanqaba

University of Fort Hare
Together in Excellence

nokude eze kweli lakowabo lakwa-Hleke, kuba ube nesoya etándwa. Wafika-ke umzi upétwe ngu-Vazi, owatike yena akufika wamnikela umzi lowo. Wafika wahamba komkúlu, wabusa ku-Ngqika ngeya-Malinde imfazwe engumfana neŕwala, kwa-Mjubi, kulonina.

Ukuya Kwa-Diko no-Sonto.

Kwati kuqala kwanduluka abafo bo-Nondwayi baya kuhlola ukuba bangafumana nkomo-na. Bahlole babuya bengenzanganto, bafike bawa ngazo ku-Sonto ukuba asintw' inankomo, *ludala*. Anduluka-ke ama-Hleke epetwe yinto ka-Bini :—

U-Ndits' owabangayo,
Ikóncw' elinqila lase-Bunguni,
Ums' ukuvimba ungumntan' enkosi ungumnta ka-Bini.
Umnyolula nto zinde zasemlanjeni,
Unkomo zidla nenkunzi ka-Mondliwa yase-Mamfengwini.

Baya kubà kwa-Diko. Bati bakufika kwintaba ye-Gungululu batúma intlola u-Jwaqu, um-Hleke, no-Heyi wasema-Mbálwini, nabanye. Beye bafika baviwa, kwati ukupúma komzi wabanjwa u-Heyi nento ka-Canekana. Ivakele imemeza u-Jwaqu isiti—"Wena Jwaqu! Wena Jwaqu! ndibanjiwe, makuze inkomo zam zize kundikúlula"—Bamte rwaqa ngengqanda entla kwenkaba, besiti *linya-ngaza*, abambulala. Bamhluta umpu, kuba wayepéte wona, baya kuwubeka kweny'indlu, kuba babewo-yika, bati uyakubonwa ngomso yinkosi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

O-Jwaqu, ndawonye nezinye intlola baye baxela ukuba u-Heyi ubanjiwe. Yeka-ke u-Sonto (kuba yayiligosa lakḗ) waselesiti makufunzwe, awavuma umkosi ngeliti kusebusuku kofunzwa ekuseni.

Yagaleleka-ke xa kuti qḗke ukusa, sasi wandawili nesipḗndu, kuseloko yafika kubu *lwangu*. Wati u-Heyi waselesiti-púlulu ebuy'etsiba kwakulandlu ib' inompu wake wawufumana, walwa kwa ngawo. Igqoroze kwaba maxóba kupela, iqúbe isantsule ekoko. Ite-ke yakubon' ukuba ikudekufupi, yetú impi ka-Dikọ kwindawo ngendawo yenz' izilulu, kwati kuba kwakute-gxwa-gxwa *impokela* zaba-Tembu kubo, ekuyeni kwabo, bavakala besiti :—" Isenjenjeya-nje impi ka-Diko iyeza." Batsho-ke banyel' imicïza. Ibonakele ihlangana isel' ilandela. Lavakala 'ivamb' elisishunqe lika-Nqeno', lisiti :—" Sidiniwe ukumane kuko into eman' ukusilandela." Utsho wabong' into ka Cȃlata u-Bȃsi, wabong' into ka-Gola u-Lekuza, wawabeta ngamanye, bati kuba bona beyeyamahashe, bati ukuwajika kwabo yeka ! bakuwabamba sebepakati kwayo. Yeka-ke impi ka-Diko ! Yenz' intane, yali kȏhle-kȏhle, yagxotwa le' yamahashe. Ifikile-ke eyenyawo yadibana kwanti-zitshile, latshat' apo-ke iroti lama-Hleke, u-Jwaqu, lenza izigede. Babonakala noko ukuba balundwendwe namasela, bagxotwa.

Wabonakala esala u-Jwaqa kudinwa, bavakala besiti :—" Yima bunguni sihlabe." Wati u-Jwaqu " Bayaxoka wena baleka." Watsho-ke wabuya,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Uso-Ndundumesha,
U-G' úz' ixáka.
L' uek' amalongwana simke,
Mazembe lukúni, nakóna beyijwaqa
akukupúma nto.
Umzimba wenxáwa utwana ingaka-na ?
Idla ngetshoba sihlahlaninga.

Waye seleyilahlile nengubo yake yegusha, wasinda noko-ke. Anqandwa lomaxóba ngapandle *kwesi púpú* senkabi esasimke ngamahashe logama kuliwayo, babaleka naso esino "*Dangazele*" inkabi yentonga ka-Diko. Bafa abantu kunene lomini, abasazekayo ngoku ngu-Dlakwe into ka-Gepela eyada yakála yabandisa, yavakala selisiti :—"Imfecane, ubunguni busifundekela ngani-na, túturo Mxosa!" Kumhla kwafa u-Mzati into ka-Nyamende, u-Kakalo into ka-Xobongoshe, uso-Zilaqa, u-Lekuza into ka-Gola, *u-Mfene*. U-Bólo into ka-Xókolo, u-Gomo into ka-Póngwe, *u-Mvala*. U Nxapála intw' ekade idliwa ngenxa yokuvimba ; yaqala ukudliwa ezi-Ncúka, yafika yadliwa e-Rulu. Kwafa u-Ntshengecana into ka-Nzawu, kwafa u-Balwa into ka-Madolwana, into abebesiti ukuyibonga :—

Nguso zilaqa,
Udud' eneqúbu,
Umxésha ka-Hoshe.

Inxenye yama-Hleke yasaliswa yindawo yokuba k'wati xa kuxótywayo, ukuyiwa kuDiko, kwasuka kwa atsha indlu yonina bo-Jwara, aseleman' *ukunqwa-*

University of Fort Hare
Together in Excellence

sana ngeliti, 'yake yakóna lento'? Bahambake abanye baya bafika ibulwangu vangu impi ekáya, kanti-ke impi ite ngokuva kuko ya inkabi yentonga ka-Diko, u-Dangazele, bazi ukuba utshaba selubanyatele, basebeya kuti gilili-gilili emapándleni.

Yati-ke imikosi yabuya, ayandule ingene emzini, yakė yazinqambi yapėkelwa ngengcedevu, yayeke ihlanjwa ngamayeza kuba ivela kumzi wobugqi, "Imfecane."

U-Jwara uyilwile imfazwe ka-Hintsa, eye-Zembe, eka-Mlanjeni, yile ka-Ncáyecïbi yodwa abe ngundilele kuyo. Wati akubuzwa ukuba uyakutini-na, wati yena, ndimdala sendiyakuti ndihlale ndilinde indlu yetyalike, watsho-ke kwakukó.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imbáli Yama-Xosa

Umkóndo Wenkosi

(Ngu W. W. G.)

Imbáli yama Xosa ite kuba ingeyiyo ebáliweyo, yafana yadakela esitubeni sika Ntu. Ayitsho ukuti u-Ntu ngumntu wokuqala owaba kóyo ezweni, kuba siti sakubuza ukuba waye vele pina, isuke iti ukupelelwa kwayo—" Wavela eluhlangeni." Londawo yodwa, icacisa mhlope ukuba kupelelwe imbáli ekuqúbeleni pambile paya kolwa hlanga avela kulo u-Ntu lo. Kutshone amagama ezo zizukulwana ngezizukulwana bezi pambi ko Ntu, kuba imbáli ibigcinwa ngetloko, inga bálwa zincwadini zalutó. Lentshayelelo maya nelise bonke ababeba imbáli yama-Xosa iti u-Ntu waye ngu Adam. U-Adam yena ayimfikeleli kanye, ayimazi nokumazi, nokuba kwaye kuko umntu onjalo. Imbangi yokuba siqalele ku Ntu, kungokuba kulapo zipélele kona inkumbulo zamandulo akowetu. Kodwa akazange atsho ukuti'—" Lowo waye engumutu wokuqala," kuba angeyengatsho ukuti—" Wavela eluhlangeni." Londawo ibonisa ukuba u-Ntu lo uvela kwintlanga ebesezikó kade, kuselako zingasakúmbulekiyo ngenxa yokuba kudala. Ke ngoko nantso

University of Fort Hare
Together in Excellence

imbángeli yokuba nati siqalele ku-Ntu ukubalisa singegqitisi. Ndihla nayo, namhlanje njengo nyileyo esihla nezimba.

Icala Lase kunene ku-Ntu

Imbáli yamandulo yona iti :—"U-Ntu wazala u-Zulu kwi ndlu enkulu, no-Xosa ekunene. U-Xosa kutiwa wazala u-Malangana, u-Zizi, no-Sutu (abancinane). U-Malangana wazala u Ncwángube ozele u-Nkosiyane, ozele u-Nkosiyamntu, ozele u-Cirha, Jwarha, no-Tshawe (Lusibalukúlu). Kutiwa u-Cirha ngowendlu enkulu, u-Jwarha yayi kukunene, waye u-Tshawe engowe qadi lendlu enkulu. Ifike yenjenjalo ke imbáli yamandulo ukuhla nawo lomnombo wenkosi. Ndoká ndimke nalomkóndo weqadi lakulo Cirha lendlu enkulu, kuba imbáli yomkóndo ka-Cirha ndiyeza kuyo, kanjalo eka-Jwarha ndisayimbá asikuko nokwendela. Kanjalo imbáli yenzala ka-Ntinde andikayifumani ngokulandeleleneyo kakuhle.

Nmnombo ka-Tshawe

U-Tshawe kuvakala ukuba wazala u-Sikómo kwindlu enkulu, wazala u-Ncwángu ekunene. Ukunene kuka Tshawe nguwo lomzi wase Batenjini, kuba kutiwa u-Ncwángu wazala u-Tembu nabanye. Ndisakuké ndimke nendlu enkulu ka-Tshawe okwangoku, yona ndinofifi kanye kuyo. Sikómo uzele u-Togu, ozele u-Ngconde kwindlu enkulu, no-Gwali ekunene.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Unina ka-Ngconde ngu-Senzangakóna. Inxenye u-Gwali imenza unyana ka-Tshiwo esingazi ukuba londawo iyizekele pina, kanti kumhlope-nje ukuba akunjalo. Kwiqadi lendlu enkulu kuzelwe u-Ntinde. Kutiwa unina wabe eli-Lawokazi, intombi ka Nqósini (Nqosoro), (kuba oko ibise ngama Lawo) yiyo lento bekudla ngokutiwa ku Tshatshu, wakwa Ntinde, ngu-Tshatshu wenkosi ukumahlula kwa-banye o-Tshatshu bezinye izizwe ezinje ngaba Tembu ezikwano Tshatshu. U-Ngconde uzele u-Tshiwo kwindlu enkulu, (nakuba ezelwe engaseko uyise) wazala u-Gandowentshaba ekunene, igora lama-ndulo, ne mvela-nqángi ka-Ngconde. Kutiwa igama lonina ka-Tshiwo ngu-Sizakwana. Kwiqadi lendlu en-kulu kuzelwe u-Hleke inkulu, no-Mdange umninawe wake. Kuloko kute ngenxa yokumatá kuka-Hleke suke kwacúnyelwa u-Mdange, kwasekungati nguye oyena mkúlu. U-Tshiwo uzele u-Pálo inkulu, no-Tïso (inkazana) ekunene. Ngudade bo-Langa, lo ndicáza umkóndo wake ngezants'apa. U-Pálo uzele u-Gcaleka no-Yonzi, no-Nomrinti (intombi) nabanye kwindlu enkulu, no-Rarabe ekunene. Unina ka-Pálo ngu Sivanxa igama lake. Inxenye iti ngu-Gwali ukunene kuka-Tshiwo, ize abo batshoyo bangamazi u-Tïso apo alunge kóna, ize kananjalo abanye bangamazi kanye u-Gando. Okunye uti wakubuza ukuba ngubanina unyana ka-Togu wase-kunene, bangamazi. Benjenjalo abangoku abanye ababalisayo, kodwa-ke amaninzi amanyange, anga-sekóyo inxenye, ayamisa wona kakuhle ukuba

University of Fort Hare
Together in Excellence

u-Gwali kukunene kuka-Togu, nokuba u-Gando kunene kuka-Ngconde, nokuba u-Tiso (inkazana) wamiselwa ngo-Langa ekunene kuka-Tshiwo, nje ngo-Mdushane (unyana ka-Ndlambe) owafakwa kulo-Cebo (inkazana) ekunene kuka Rarabe. Ubuninzi benzala ka-Gwali andikabi nayo imbali yayo.

Kodwa pámbi kokuze ndingene kulomkóndo ka Langa, maké ndenze amanqakwana malunga nendlu enkulu ka-Tshiwo. U-Tshiwo senditshilo ukuti wazala u-Pálo kwindlu enkulu, no-Tïso (inkazana) no-Langa umnakwabo evuselwe lonzalo ngu nyana wake u-Pálo. U-Pálo-ke senditshilo ukuti wazala u-Gcaleka kwindlu enkulu, no-Rarabe ekunene. U-Gcaleka uzele u-Kauta, Kánzi, Tilana, Ncwini (lo wafela e-Tyúsha kunye no-Kánzi), nabanye. Kanjalo u-Gcaleka uzele u-Raba ezi-Ténjini ; nguye ozala u-Mnzabele. Igama le nkabi ka Kauta ngu-Gojela, yiyo lento kuseko umzi ogama kutiwa kukulo-Gojela nanamhla kwa Gcaleka.

Onyana baka Gcaleka

Ngo-Kauta, Kánzi, Tilana, Ncwini (wafela e-Tyusha), Velelo, Nqoko, Raba, esibaqondayo.

Ekunene kuzelwe u-Velelo, ozele u-Gxaba, ozele u-Dalasile. Kwiqadi lendlu enkulu (yakulo Kauta) kwazalwa u-Nqoko ozele u-Mguntu, ozele u-Sigidi. U-Velelo wazala u-Lutshaba, ozele u-Nxito. U-Kauta uzele u-Hintsa no-Tete (intombi), no-Buhru. U-Tete ngudade bo-Buhru. Enye intombi ka-Kauta ngu-Nonxama. U-Mbune ikwa yinto ka-

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kauta. Nguye uyise ka-Mxoli, lo lemfazwe ka-Nchayecibi yehla ngaye. U-Hintsa uzele u-Sarili, (Rili) Lind'inxiwa, Ndima, Xóxó, Tyelimnyama, Mjezu, Boboyi, Nozwane, Ncapayi, Luyenge, nabanye; kwanodade wabo u-Koloza owendela kwesika-Fubu inkosi yasema Qwatini. Inkabi ka Hintsa ngu-Mali, yiyo lento kuko umzi okutiwa ngowakulo-Mali kwa-Gcaleka. Abase kunene kuka-Hintsa ngu-Ncapayi no-Luyenge.

Onyana baka-Hintsa

Ngu-Sarili, Lind' inxuwa, Ndima, Xóxó, Tyelimnyama, Mjezu, Boboyi, Nozwane, Ncapayi, Luyenge nabanye.

Intombi

Ngu-Koloza nezinye.

Lenzala yalomzi ininzi kunene, ndobuye ndiyingene ngokuzeleyo xa sendinayo yonke.

Ndoke ndimke kwanomkóndo wase kunene kuka-Tshiwo kuqala, lo uyinzala ka-Langa ; ndobuye ndiyikángele indlu yase kunene kuka-Tshawe. Yenjenje ukubaliswa kwayo inzala yama-Mbálu :—

Inzala ka Tshiwo ekunene, umkóndó Ka-Langa

U-Langa ngunyana ka-Tshiwo wase kunene, wecala lakulo Tiso (inkazana) owaye zelwe wayedwa kwelocala. Unina ngu-Nqamashe. Kute kodwa esel' efile u-Tshiwo kwatiwa u-Pálo inakazekele uyise umfazi welocala lasekunene, aze amvusele imzala.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukumila komzi ka-Langa ungoluhlobo :—" Kwazekwa (ngu-Langa) uniná ka-Tóle, um-Tembukazi, kwindlu enkulu. Kwangeloxesha kwazekwa unina ka-Nqeno, um-Nqósinikazi, wafakwa ekunenè. Yena u-Tóle uzele u-Mapásа no-Hintsa. Unina wabo ngu-Nomaza. Kute ekuqúbeni kwexesha (kuba umzi ub'usendawonye kwahluke intlanti zodwa) washiyiselwa ngesisa unina ka-Tóle, nguno-Nqeno. Suke uno-Tóle wapéka ngembizana encinane alamba amapákati elocala abalekela kulo-Nqeno. Kutiwa uno-Nqeno ebe ngumfazi ongatetiyo, noko abafana bebemane bezilingela kulembiza yake. Kanjalo yena ubepéka ngentwenkulu yembiza, kuhlute yonk'into. Kute kwakuba njalo babaleka bonke abafana becala elikúlu babéka ekunene. Ute u-Langa akuyibona lonto wayibuza kumapákati ukuti :—" Kodwa niyayiqonda-na lento ? " Avuma amapákati. Kutiwe makubizwe bonke abafana becala elikúlu babuzwe.

Babiziwe babuzwa into abayinyangayo. Isuke yangumpángalala, ongenasidima santeto nto, kuba lowo ete akubuzwa wasúke wonwaya intloko, adumzele apúme asinge kwakulandlu yakulo Nqeno. Suke yayinkohla. Ade amapákati abona iqïnqa lokuba lembizana yono-Tóle mayibulawe ukuze apéke ngenkulu, bahlute abantu. Bayibà bayibulala okunene. Ute kwakuba njalo wapéka ngompánda wake, intsukwana ezimbalwa, waya kubabumbi wafuna kwa inbizana ekwa ngangaleya yabulawayo. Asel'encama kaloku amapákati.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kute kwakuba njalo, wati u-Langa, lento mayi bikwe ku-Rarabe, kwa isaqala-nje, kuba sekubonakala ukuba sekupélile, ubukosi buyemka kulo-Tóle, buya kulo-Nqeno ekunene. Ate amapákati : "Lendawo iyabonakala, kuba nati noko ngati sisahleli-nje, kweli cala likúlu, asihleli, kuba onyana betu ngabo abaya bemkileyo bonke basinga kula ndlu. Ukwenjenjalo bemka nobu bukosi bale ndlu." Kute kusenjalo, u-Langa esati makuye kubikwa lento ku-Rarabe ; kwafika abantu abaze kubika ukuba inkosi engu-Gcaleka iyafa. Oh ! watsho u-Langa, sekuya kulunga. Lento maze mimshumayeze, u Rarabe, xa silundwendwe olunye sisinga kwa-Gcaleka. Utsho wesusa abantu abaya ku-Rarabe, nokuze banqopisane apo bakuhlangana kona. Bebuyile abo bebetunyiwe ku-Rarabe, babuye nokuti :—Inkosi (u-Rarabe) iyivumile yonke iminqopiso. Lifikile ixesha, kwandulukwa ngama-Mbálu nenkosi yawo kwaya kuhlanganwa no-Rarabe kwindawo yomnqopiso.

Kufikiwe kóna ama-Mbálu afike angenisa lento yezizindlu zika.—Langa, nento eyenzekileyo nento esekumi ngayo ngenxa yamadodana. Ute u-Rarabe akuyiva lonto,—" Nitinina-ke Mambálu elenu kulento ? Kuba koti ukuze sipendule nati kakuhle ké sive elenu kuqala, kuba umzi ngowenu. Okunye no-Gcaleka uyakubuza kwalonto naye. Kushiyenwe apo-ke kwasa kundulukwa lundwendwe olo lonke kusingwa kwa-Gcaleka.

Kufikiwe kwa-Gcaleka kwakuzwa i-Nkosi leyo

University of Fort Hare
Together in Excellence

kuba ibiyinkosi enēndawo yokutwásа, nobugqiſa. Kukúziwe kwagqitywa kungenisiwe lendawo yaba bafazi baka-Langa. Eyivile u-Gcaleka ubuze elama-Mbálu. Até akuliwisa elawo, wasuka u-Gcaleka-wati—" Hayi, nani-Mambálu niyaqonda mhlope ukuba unina ka-Tóle uyakútshwa ebukósikazini, u-Tóle uyatenwa ebukúlwini bakwa-Langa. Nani ma-Mbálu niyaqonda ukuba unina ka-Nqeno obe-fakwe ekunene, engum-Nqósinikazi, kwa olunye upóndo, namhla ufakwa ebukúlwini ngonyana benu eniti banishiyile bonke bakungena kulo-Nqeno. Ke ngoko lonto yodwa iyagweba ukuba ipélile into ebitetwa. Ngu-Nqeno inkulu-ke namhla. Kwaba njalo ukupúma kuka-Tóle ebukúlwini, nokungena kuka-Nqeno kubo.

Kwiqadi lendlu enkulu kuzelwe u-Gelebá, u-Nkasa, no-Ngcelwane, ngu-Nondiso (unina) um-Tipakazi. U-Gelebá ibiliciko elikúlu. Ngoyena be-kusiyiwa kuye ngamabali amadala azo zonk' izinto.

Maké ndibuyele kwaku-Tóle nditi, " wakútshwa-ke kwapela wasiwa kumzana waselu-Hlalwini." Igama lenkabi yawo yayi ngu-*Nya-nto*. Kutiwa-ke nalapo akabanga nakuma, bamshiya nabantu abesenabo basinga kwaku-Nqeno, wasala-ke *seleli-Kwayi*.

Kwenye indlu eliqadi lako-Nqeno kuzelwe u-Dunjwayo, Dlau, no-Yani. U-Dunjwayo wakutshwa kulondlu wakufakwa em-Nzwini ka-Langa. Inka-bi yalo-Mnzwi ibingu-*Dunga*. Kwatatyatwa u-Dlau, wakufakwa kumzi ekutiwa kuselu-*Pútshini*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Intombi zika-Langa ngu-Sisa, Kónca, no-Wetúka, owendela ku-Gqatyana umpákati wakwa Ntinde, unina ka-Mfama, *um-Nkabane.*

Kwenye indlu ekwaliqadi kuzelwe u-Dali, no-Faku. Koko ngabonina-ngonina noko ingaba calanye. U-Sisa ngunina ka-Qwésha inkosi yom-Tembu. Unina ka-Sisa ngu-Mangqishe. Kwiqadi lakulo-Dlau, kuzelwe u-Sonto, Ngaba, no-Zana. Uté akufa u-Dunjwayo kwabanjwa ngu-Sonto lowo em-Nzwini apo, kuba u-Nqoró unyana ka-Dunjwayo ubesemncinane. U-Kónca wendela kwa-Mdange, U-Dali wafakwa kumzi wase-*Siqabéni* sakwa-Langa. Kwenye indlu yeqadi kuzelwe u-Xáyimpi odade wabo ingu-Jaka, intokazi ebinofundo.

Ekunene u-Langa uzele u-Maguga, Xáma, no-Mkámanga. Igama lenkabi yalomzi yayi *ngu-Qanda-wakwa-Ntsimbi.* Enye intombi ka-Langa ngu Mshici, owendela ku-Mbóniswa into yasema-Qocweni, uyise ka-Mabóza no-Mancapá.

Inzala ka-Nqeno

Kwindlu yake enkulu uzele u-Mali no-Qazo intombi zombïni kwakupela. Unina wazo ngu-Nontshungu. U-Nqeno ube neshweshwe abelitanda kakúlu ebekutiwa ngunina ka-Matye. Lahliwa sisi-fo lisengumdlezana walomntwana, lafa. Lusele olusana yaba yinkohla ukuba luya kutiwanina. Inxenye yamapákati ite malubulawe. Ute u-Nqeno "Lityala lonto, singadliwa sibulawe ngu-Rarabe, umzi angawucïta eké wayiya lonto." Kuyakuti-

University of Fort Hare
Together in Excellence

wani-ke, avakele esitsho amapákati ? Ute u-Nqeno makubizwe amakósikazi (abafazi bake) eze kutetwe ngolusana lushiywe ngunina. Befikile ute, — "Makosikazi, nalu usana lungenanina, makubeko olutabatayo kuni, aluzale lube ngumntwana wake." Ivele apo inkosikazi yake enkulu, u-Nontshungu, yaluti-hlasi, yati,—"Mna ndiyalutabata ukuba ndiluzale ukuze lube ngumnakwabo bo-Mali no-Qazo kuba mna andizali"—Wakúla-ke lomntwana wada waba ngumfana. Wenzakala wafa mhlana kwatinjwa inkomo zika yise u-Nqeno ngumkósi wabelungu, oweza nomkóndo kwelo tángà lika-Nqeno belingase-Ngqakayi. Wati lomkosi waku-fika wapúma u-Matye efuna ukukángela int' ongaba ufuna yona, watiwa-*qwaka* ngembúmbúlu kwalapo, zatinjwa nezonkomo zika-Nqeno. Kuseloko abe-lungu abafumananga nanye, kuba zati intwana zasema-Mbálwini zakuhlab' umkosi zasuka inkomo ezo, kuba zazikólise ngenkabi, zapála kwalapo zatsho kwasipúla netóle ukusinga kwasemva. Babe ngaxésha ngamahashe abelungu abanceda luto, kuba asuke apéla lomahashe abo bade bazincama.

U-Mali wendela ku-Páto, inkos' enkulu yama-Gqunukwebe. U-Qazo wendela ku-Kula into yase-ma-Nkabaneni isikúlu sakwa-Ngqika.

Kwiqadi lendlu enkulu kuzelwe u-Tsaba, Doto, Stokwe, no-Heyi. Igama lonina wabo ngu-Nosutú. Ute akwalupála u-Nqeno kwafakwa u-Stokwe kwi-ndawo yake,kuba kwakusitiwa uliciko,utóbile, utand' inyaniso, baye abakúluvwe bake bona benomsindo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

bengabazele nto abantu. Kuye kubikwa ku-Rarabe naku-Gcaleka bavuma, yaba ngu-Stokwe-ke inkosi yasema-Mbálwini, kwatiwa kukulo-*Nxibilílishe*, inkabi ka-Nqeno. Ukunene kuka-Nqeno ibe ngu-Maroti. U-Maroti wenzakala ematútwini ese-mncinane, wafa, ukuze kufákwe oweqadi lakowabo, *u-Ngcweleshe*, esikúndleni sake. Udade wabo, ibingu Nomyayi, owendela ema-Gqwasheni kwa-Mdange.

U-Nqeno yinkosi ebitándwa kunene nakwa-Gcaleka ngenxa yobuciko bayo, nobulungisa boku-gweb' amatyala. Ubesiti xa kusenqina afike alalele ngapándle, aze ati mhlana angangenwanga zinya-makazi, ayeke zide zisiw' esikúngwini ezisukuba kubangiswana ngazo, aze ati xa sekukóna akángele eyona inkulu, nokuba ngu *ngece*, asuke ayanye ngentshuntshe, kuviwe ngaye selesiti :—"*Tsi ha, ha, ha! Izikáli zika-Langa, zika-Tshiwo, zika-Nomagwayi wase-Mbó!* Aselesuka ama-Mbálu eyi-twála embonga kude kutshone nenkaba, nomniniyo aselesuk' eyeka, exola, kuba ibulewe yinkosi enkulu ebekwe kunene. Wafela e-Rura apo ebesel' emi kóna.

Inzala ka-Ngconde

Umkóndo ka-Mdange

Kutiwa u-Mdange wazala u-Mahote inkulu, no-Xása nabanye. Intombi zika-Mdange ngu-Noyiba no-Nyanti. U-Mahote uzele u-Nginza inkulu, no-Funo ukunene, no-Mantla. U-Xása wazala u-Fili uyise ka-Mvinyeli. U-Jalamba uzele u-Nqúbudwane

University of Fort Hare
Together in Excellence

ikwangomnye wonyana baka-Mahote, kuba kuko esinye isiqendu semi Dange ekutiwa ngama-Jalamba.

U-Nginza uzele u-Bangela, Kúbashe, Manana, no-Nqini udade wabo, owendela ku-Mapassa inkosi yaseba-Tenjini. U-Bangela uzele u-Fobe, Kám, Sende, Sangotsha, nentombi ezitile. U-Bangela ngulowa wakútshwa ngu-Ngqika ebukósini, ngenxa yokungeva kwake, ukuze sekungena lendlu ka-Mantla ebukúlwini bakwa-Mdange, kuba ikunene ingu-Funo. U-Mantla uzele u-Botomani, Halo, nodade wabo u-Gengxe. U-Botomani uzele u-Jona inkulu, no-Fandala. Ekunene wazala u-Tokwe, Mpangele, no-Ngani. U-Fandala uzele u-Fafolo no-Piwani. U-Manana wazala u-Conta inkulu, no-Qela, no-Lokwe. Inzala ka-Kúbashe ayingencedi nto ukulandwa. U-Conta uzele u-Lobese ongu-Mkokeli wetyalike yase-Rabe e-Ncemeŕa, ka-Biliti, no-Leketa owendela ku-James Tembu unyana we-pákati elikúlu lama-Jalamba, into yase Mangwevini.

U-Qela uzele u-Yapi, Meya, Latefu (owabúbayo), nabanye, kwanodade wabo u-Annie, owendele ku-George Coto, e Tamaŕa into yasema-Ceteni.

U-Funo wazala u-Tola, igoŕa elikúlu elafela ngakwele-Nyati kunye nonyana balo. U-Tola uzele u-Gceya, ozele u-Madolo.

Inzala ka-Gando, ukunene kuka-Ngconde

U-Gando wazala u-Pázima, u-Pázima wazala u-Gciniswa. U-Gciniswa wazala u-Noyi no-Tshazi-bana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Inzala ka-Noyi

U-Noyi uzele u-Sangani (Makapéla), Siténge, John Beck, Hugh, Robertson (Seni), Ketshe (u-Somonase), Jacob (u-Mnxúma), Niveni, no Jane (u-Jini) intombi eyendela ku-Nomwa, um-Tembu. U-Tshazibana (Nçontso) uzele u-Nqába, Payase, Metu, nenye into eninzi. Yiyo lendlu selisaziwa ngokuba ngama-Balfour. Lendlu ka-Gando inkulu ibanzi kakúlu. Ngabalondlu o-Kóte aba bakwa-Mdushane, kwano-Linde lowo use-Ncemeŕa, nento eninzi yama-Kwayi alunge kulondlu.

Inzala ka-Tshawe

U-Tshawe ube nonyana ababini. Kwindlu enkulu uzele u-Sikómo, ozele u-Togu, ozele u-Ngconde, Gwali, Ntinde. Ekunene kutiwa uzele u-Ncwáangu, ozele u-Tembu nabanye. Kulapo ihlangene kóna lemizi mibini aba-Tembu, nama-Sikómo onke. Oko-ke kukuti ngu-Tembu, Gcaleka, no-Rarabe wonke.

Ukuhlangana kwayo noma-Mpondo, Mpondomse, noma-Jwaŕa

Leyo mizi kaloku ihlangene ngokusuke u-Nkosi-yamntu azale u-Ciŕa uyise wama-Mpondo nama-Mpondomse. Ekunene uzele u-Jwaŕa, waza-ke waza-la u-Tshawe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Isizatu Sokuxélwa Kwe-Nkomo ngo-Nongqause

(Ngu W. W. G.)

Kwati kwa Gcaleka, ezi-Tenjini, kwesika-Mnzabele ngomnyaka we 1856, ati amantombazana emabini, eye kulinda intaka emasimini, enye igama ingu Nongqause intokazi ka-Mhlakaza, nenye ingumtshana, emlanjeni ekutiwa kuse-Kámangeni,—kwafika amadoda amabini kuwo, ati :—"Maze nisibulisele emakáya niti singo-Nantsi" (atsho awaxela amagama awo). Ate lamagama azibize ngawo yangamagama abantu abafa kudala. Ate, "Noxela ukuba umzi uza kuvuka wonke ekufeni, niti nenkomo ezi zikóyo mazixélwe zonke kuba zifuywe ngezandla ezinçólileyo, kuba abantu bapete ubuti."

"Ize niti makungalinywa, makumbiwe izisele ezikúlu ezitsha, kwakiwe nezindlu ezikwazintsha; kubiywe inqili ezinkulu zentlanti, kusikwe intsuba, kulukwe nengcango *zobuka* zibe zininzi. Abantu mababulahle ngokwabo ubuti, bangade bambúlulwe ngamagqira. Noti zitsho inkosi u-Napákade into ka-Sifubasibanzi."

Efike ekáya amantombazana afike awa ngazo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

kuloko akapúlapúlwanga mntu, kusuke kwahlekiswa ngawo. Kuse epángela intaka, kwati kungasenini babuye bafika ababantu, babuza ukuba zibaxelelena abantu ekáya, nokuba kufike kwatiwanina ? Axele ukuba lonto ifike yayinto yokuhlekisa, ayapúlapúlwa mntu. Kusuke kwatiwa ngabantu siteta intsomi. Lento yehla ecwébeni le-Gxara kwa-Gcaleka.

Lamadoda ati, ize niti kubantu abakúlu mababize zonke inkosi zakwa-Gcaleka, zakwa-Tato, zakwa-Ngqika, nezase-Magqunukwebeni, bayixele kuzo lento. Kuse u-Mhlakaza namanye amadoda besiya emasimini, asuke lamadoda akavela. Amana eteta, engabonakali, no-Nongqause eviwa nguye yedwa nenye intombazana leyo, waye u-Nongqause emana etolikela amadoda lawo into etetwa kuye zezo *zitúnzela*. Zati, "Xelela amadoda lawo ukuba aye kuhlanganisa inkosi, eze nazo kuti apa ukuze sivele."

Kuyiwe-ke komkúlu kwa-Rili, e-Hohita, kulo-Gojela, kwabikwa esi simanga sixelwa yintombazana ka-Mhlakaza. U-Rili ususe u-Botomani, inkosana, ukuba iké iye kuyiqonda lento ngokwayo. Ifikile lamadoda akavela. U-Rili ususe izigitshimi zokuya kubika kwinkosi, ukuba kuko abantu abeviwe yintombazana ka-Mhlakaza, besiti makubizwe zonke inkosi zize kuhlangana neyabo inkosi u-Napákade ka-Sifuba-sibanzi ecwébeni le-Gxara.

Kwa-Tato kwesuswa u-Maramntonto ka-Fadana ihamba no-Shwele into ka-Zozi. Ku-Mandungwana

University of Fort Hare
Together in Excellence

kususwe u-Dlulaze into ka-Qwésha ezalana no-Ndarala. Kuma-Tshatshu kususwe u-Mpeke into yasema-Mfeneni.

Kwa-Ngqika kwesuswa u-Namba into enkulu ka-Maqoma. Kwa-Gcáleka yaba ngu-Rili no-Lindinxiwa into zika-Hintsa, no-Ngubo into ka-Malashe, no-Nxïto into ka Lutshaba. Kwa-Ndlambe kwesuswa u-Nowawe into ka-Ndlambe. Ema-Gqunukwebeni kwesuswa u-Dilima into ka-Páto. Yonke lompi yasinga e-Gxara kwa-Mhlakaza. Kufikiwe kóna ite inteto, uti u-Nongqause impi mayihlelwe eya kuya ecwébeni elo le-Gxara, ize lompi iyayo ikólise ngenkosi. Kwenjiwa njalo okunene. Bate kuba abantu benendawo eyoyikayo, bati xa baya kulomfula we-Kámanga basuke bati kóte imiqala, banendawo enxanwayo, baye bekókelwe ngu-Nongqause enze izazobe ngembóla. Bavakele abanxaniweyo besiti,—" Angasela-na umntu onxaniweyo ? " Ute u-Nongqause,—" Osukuba engenabo ubuti angasela angoyikeli nto."

Yesuka apo into ka-Páto, u-Dilima igora elikúlu, wayiti-tya páya ingubo yake wanqwila wasela. Awa ngokuwa amabandla ka-Nomagwayi wase-Mbó.

Umbono Owehlayo

Kute kusenjalo kwavakala kudilika amatye amakúlu eweni elisemantloko e-Kámanga, asuka amadoda afakana imilomo, ayi[illegible]oyika nokoyika ukungati kuko nto iza kuqúqúmba kweli liwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bate besate nqadalala yilento yavakala intombazana isiti, "Kánibekise amehlo enu elwandle" —Bate bakuqwalasela emanzini olwandle, kwanga kuko abantu okunene, kwanga kukónya nenkunzi zenkomo, kwa nenkabi, yasisibiba esimnyama esimane sibuyabuya sada sabuya semka, saya kutshonela kwaselundini paya lwamaza olwandle; baqala-ke bakólwa bonke abantu.

Inteto Yesibiba.

Lomkosi uselwandle awudange upúme usondele ezinkosini ezo, nenteto yawo ayiviwanga mntu wumbi ngapandle ko-Nongqause. Ute-ke wakumka, wati u-Nongqause—"I Nkosi eziya ziti, godukani niye kuxéla zonke inkomo, kungabiko nto niyifuyayo izinkomo, ukuze uvuko lukauleze. Maze ningalimi, yimbáni izisele ezikúlu ezitsha, niyakubona sezizele kukudla okutsha. Yakáni izindlu ezintsha, nenze ingcango ezininzi ngobuka, nize nizivalele ezindlwini, kuba ngosuku lwesibózo mhlana uzayo umzi nenkosi u-Napákade ka-Sifuba-Sibanzi, zonke izilo zehlabati nezemilambo, nenyoka, ziyakuba zizibádubádu kulo lonke ilizwe. Ize kanjalo nikudimbaze ukutya okuseziseleni niye kukulahla. Ukuze nisinde ize nivale ngengcango ezininzi, niqamangele ukubopélela, nilahle bonke ubuti."

Enye i-Nkosi.

Ute kuko nenye i-Nkosi, ekwele kwihashe elingwevu, egama lingu-*Ngwevu*, elinye ngu-Satana,

University of Fort Hare
Together in Excellence

ayakuti wonke umntu ongazixélanga zonke inkomo zake abe ngumntu walo nkosi ingu-Satana. Lomntu akayi kububona ubungcwalisa beyetu inkosi u-Napakade ka-Sifubasibanzi. Yiyo leyo-ke imbángeli eyabanga ukuba zixélwe inkomo ngo 1856 ide ibe ngu 1857.

Ukuvela kuka-Nonkosi

Kute kusenjalo kwavela enye intombazana kwa-Nkwitshi into yasema-Kwémteni, yakwa-Ndlambe, ngase-Mpongo, egama lingu-Nonkosi. Inteto yayo yayinye neka-Nongqause. Ibibasa abantu ecïbini ebelise-Mpongo apo, basuke babone abakwéta betshila ecïbini elo emanzini, bange beva kubetwa nengqongqo, kuvunywa imiyeyezelo, kusombélelwa abakwéta abo. Abantu bahiliteka kangangokuba bade bati, babone nempondo zenkomo zivelile, bakuva nokunxakama kwendlezana zenkomo, nokukónkota kwezinja, nokumemelela kwabasengi.

Umteto we-Nkosi

Zite-ke i-Nkosi zakuba zibuyele ngendawo zazo, zafika zabuta izipákati zayishumayela lento yokuvuka *kwa-Manyange*, namhla selematsha, nokuvuka kwazo zonke inkomo eziya kuxélwa nezafa kudala.

Wayete u-Nonqause azati umntu ote wayixéla, wayenza isimawusi inkomo zake, awuqashe umpefumlo wayo, ukuze iti mhlá ivukayo ivukele yena, ibe yeyake. Watsho wati bonke abangaxélanga

University of Fort Hare
Together in Excellence

baya kupépétɛka sisaqwíti esikúlu baye kweyela elwandle.

Ukwahlulelana Komzi

Umzi wati-qwenge kubini, omnye awaké uvume ukuxéla, noko wawukólwa ukuba uvuko olo lwabafileyo, ingelulo olwenkomo, loze lona lubeko. Kwabonakala kusahlukana oyise nonyana, onyana bamntu-mnye,inkosi nabantu bayo, imizalwana nemizalwana. Kwavela amagama amabini alamacala omabini. Abanye kwatiwa ngama-*Tâmba*, oko kukuti ngama-gqoboka ka-Nongqause. Abanye kwatiwa ngama-*Gogotya*, oko kukuti abemi ngonqâme, abangavumiyo ukuyenza into, abangavumiyo ukuxéla. Baxéla-ke abanye, baze abanye abaxéla.

Usuku Lwesibózo

Kute kaloku zakukólisa ukuxélwa inkomo, bete abanye baxéla ngokoyika ukubulawa nokunukwa, lwaye uninzi lwaluselungamafaca ukulamba, selupïla *ngempotsha* kupela ; kwaqala kwaqwalaselwa usuku lwesibózo. Lusuku ekwakutiwe loze ilanga lanele ukupúma libomvu, lize libuye litshone kwasesibákabákeni, kuze kubeko ubumnyama obukúlu abayakuti abantu bazivalele ezindlwini ngabo, baze baqale-ke abantu bavuke beze ekáya, liqale-ke libuye ligabuke. Lapúma ilanga lomini kwanje ngenihla, abanye sebehlambe amehlo ngamanz' olwandle kwa-Gompo, abanye [illegible] ngeziroba ezindlwini, abanye, abangakolwayo, besenza imise-

University of Fort Hare
Together in Excellence

benzi yabo pandle ; kwasuka akwabikonto ihlayo, alatshona nelanga, akwabikomntu uvukayo, akwabikonto yenzekayo kuzo zonke ezozinto zazitetiwe. Sabanjalo-ke isiyikili sika-Nongqause, bafa kakúlu abantu yindlala, kunqina, nasisifo. Kukuze kubeko iqálo eliti umntu akuxela into esimanga kutiwe :—

"Uteta u-Nongqause."

University of Fort Hare
Together in Excellence

I-ZIBONGO

Umnombo we-Nkosi

Bati abakė́ bawulanda lomnombo we-Nkosi uqala ku-Xóśa into ka-Malangela. U-Xosa uzele u-Tshawe, u-Tshawe wazala u-Ncwáng̀u, u-Ncwáng̀u wazala u-Sikómo, u-Sikómo wazala u-Togu, u-Togu wazala u-Ngconde.

Kutiwa kute kwakufika kwixa lika-Ngconde, zaqala izindlu zenkosi zambini, yako ekutiwa *ye-Nkulu*, yako nekutiwa ukubizwa *yeyase-Kunene.*

Inkulu ka-Ngconde ngu-Tshiwo, ukunene ngu-Ntinde. U-Tshiwo uzele u-Pálo, inkulu, no-Mdange ukunene. U-Pálo uzele u-Gcaleka inkulu, no-Rárâbe ukunene.

Buqale konyana baka-Pálo ukwahluka ubukosi bama-Gcaleka nobama-Rárâbe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umnombo wama-Gcaleka

Uti, u-Qáyigana into ka Dlakiya, yakwa-Lamla, umpákati obezalwa ngumpakat' omkúlu ka Rili uyise :—" Ama-Gcaleka la apúma kwa-Cetywayo kwinkosi engu-Zulu. Kwapúma u-Togu, into ka-Zulu, ngapáya ko-Mngungu-ndlovu, kwa-Tshaka.

Kutiwa isizatu sokumka kuka-Togu, wati, uyise engeko eye kucela inkomo esizweni sake, wasuka u-Togu wabambá inkomo wayixéla kwezikayise, ukanti ubambá irwéxwana elibomvana elibizwa ngokuba "*yinkabi yentonga zamadoda*," oko kukuti, yinkabi esisilunga sako-Mkúlu, kuba ibifana nenkomo yobulunga.

Ute akuyibona imposiso ayenzileyo waquka amapakati wayixela lento esiti, "Mzi ndiwile, ndiya kubulawa yinkosi yakufika, kuba ndite kanti, ndingazi-nje, ndixéla *isilunga* sa-Komkúlu ; ngoko ke ndiyemka kulomzi." Ute akutsho umzi wamvumela. Undulukile-ke neqelana lamadoda, wahamba ezingela inyamakazi wada waza kuma ngo-Mnzimvubu, apo afele kóna. Ufe eshiya u-Nowa unyana wake omkúlu. U-Nowa lowo uzele u-Tshawe unyana omkúlu. U-Tshawe lowo ufele e-Wilo emazants' e-Nqúmá. U-Tshawe ushiye u-Tshiwo inkulu yake. U-Tshiwo uzele u-Pálo

University of Fort Hare
Together in Excellence

into yake enkulu. U-Pálo uzele u-Gcaleka into yake enkulu, yangu Rárábe ukunene. Indlu *yase-kunene* ibingento ikoyo kwinkosi zangapámbile, iqale kulenkosi ingu-Pálo, kuba ku-Tshiwo into ebiko *ibingamaqadi* emabini ; elikúlu ibingu-*Dange*, elincinane ingu-*Hleke*. Ute-ke akufa u-Gcaleka washiya u-Kauta inkulu, ukunene yangu-Velelo. U-Kauta-ke uzele u-Hintsa, ukunene yangu-Búrú (i-Tsonyana-ke elo).

U-Hintsa uzele u-Sarili, ukunene yangu-Ncapayi. U-Sarili uzele u-Sigcau, ukunene yangu-Mcotama. U-Sigcau uzele u-Gwebinkumbi, ukunene yangu-Xélinkunzi. U-Gwebinkumbi ngulo uyinkosi yama Gcaleka ngoku.

Indlw' enkulu ka-Pálo engama-Gcaleka imi ngo-luhlobo :—

U-Gcaleka uzele u-Kauta inkulu, no-Velelo ukunene.
U-Kauta uzele u-Hintsa inkulu, no-Burú ukunene.
U-Hintsa ,, ,, -Sarili ,, , ,,-Ncapayi ,,
U-Sarili ,, ,, -Sigcau ,, , ,,-Mcotama ,,
U-Sigcau uzele u-Gwebinkumbi inkulu, no-Xélinkunzi ukunene.

Amagam' enkabi ze-Nkosi

Ezama-Gcaleka :—

Eka-Kauta ngu-Gojela, kutiwa-ke kulo-Gojela.
,, Hintsa ,, -Mali, ,, ,, -Mali.
,, Sarili ,, -Tiso, ,, ,, -Tiso.
,, Sigcau ,, -Zulu, ,, ,, -Zulu.
,, Mcotama ,, -Ndoqa ,, ,, -Ndoqa.
,, Ncapayi ,, -Jingqi ,, ,, -Jingqi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

IZIBONGO ZE-NKOSI ZAKWA-GCALEKA.

EZIKA HINTSA KAUTA :—

Nguso-Ráróba, uhlwat' olumadolo luka-Kála,
Umhle ka-Nyawoshe, uso-Zanzolo.
Umbéka ntshiyini bati uqumbile,
Udumbéle imilenze, isibi esikétwayo kweziny' izibi ;
U-Nondwangu, imbábalana entsundwana,
Abayikúz' ukuhlaba ingekahlabi.
Ngu zigodlwana zemaz' endala,
Zingahlal' endleleni zilahlekile.

EZIKA-SARÍLI HINTSA :—

Nguso-Pasi, ujukuty' amapámbili,
Pófu engawasingisi mntwini.
Yintsundu yo-*Nomsa*, unxówa inemilenze
Yokufak' amadun 'akowabo, o-Páto no-Sandile ;
Yinamb' enkul' ejikel' i-*Hohita*.
Ovuk' emini akabonanga nto,
Kub' engayibonang' inamb' icombuluka.
Lilunga legwaba lika-Hintsa.
Ngumagan' indlezana, ngumavel' elunguza
Nge nchi yencúka *kwabe-Nduku*, kwa-Mshweshwe.
Yinqab' enkulu, isilo esingaziwa mnxúma.
Ngu njengenkosi yomlambo sona silo singaziwa
mnxúma.
Yintw' enkomo zimalunga zinje ngezika yise,
Ziya ngokusel' e-Mkútúkeni.
Ngu tyab' inkobe elona gama lakė.
Ude wanceda mhlopė ka-Ntshunqe
Umntan' enkos' ukumnik' indawo yokuhlala.
Ngumdaka ka-Hintsa, usal' wa ngeqúb' elisesiswini.
Ngu-Gweb' ityala, elisemva, elibizwa yimbongi,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ugweb' ityala lika-Feni walizinzisa.
Ngu nqanawa ezavalel' ama-Joni,
Zaya zawakúpa kwa-Somtseu,
'Kuz' ama-Bhac' alwe nama-Ngutyana.
Ngu nyoka yobugqi nguma-*Mlambo*,
Nguzwe lafa ngembiza zika-Mbúne.
Hayi ngomon' ama-Mfengu ase-Gcuwa.
I-Gcuwa libáliwe ngaba-Fundisi.
Ngu-Xakat' ugaga, ugwangqa lika-Mpóhlo.
Gxotan' imantyi ziy' e-Mgwali apo zibuliswayo.
Incwadi yemfazwe ibomvu ngegazi,
Ibe zililo kwabase-Mlungwini.
Ngu ncwadi zapámbana kwelika-Xama,
'Kuz' ama-Bhac' alwe nama-Ngutyana.
Ama-Mvulan' akagidinga mhlamia aluka,
At' ihasa eqadini lisisidonga.
Alibala kukumshwabulela.
Hash' elingwevu, ndim ndodwan' omdal' ebantwini ?
Nite ezizinto ndizazi ngantonina betu,
Into zonke zindo ngamele-nje ?
Kundongamel' ukulima nokulambá,
Bundongamel' ubuntu nobukosi,
Bundongamel' ubuhle nobuciko,
Kundongamel' ukup[illegible]okulaula,
Bundongamel' ubukúlú nokuduma.
Zindinqenil' izizwe zade zaxdelana,
Zindinqenil' izizwe zade zacel' umlungu,
Ukuze ziti-nje *zakulil' izinandile*,
Abiz' u-*Fulele* kutwe wayek' ama-Mfengu,
'Kub' ohlwaywa ngu yise, [illegible]wawafak' ekwápéni
[illegible]nhlana afika ;
Kukuze lixole ngo-Ncha-Yecibi, isizwe siwel' u-Mbáshe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-SIGCAU SARILI :—

Inkos' am ngumfusa ka-Rili,
Isixabela sentombi yakwa-Tato,
Isixabela besoyika ngamehlo,
Singazange sonento pófu.
Nguso-Manangashe, indlov' edl' igoduka,
Umavut' ukuhamb' axelis' umlilo,
Umatwét' ukuhamb' axelis' inyanga,
Umagongq' ukuhamb' axelis' ilanga.
Intw' entsente zilukúni ngati licangci,
Ngati licangci lase-Mlungwini.
Nencúka yakwa-Tato iké yajwaqa yapúk' amenyo.
Ndit' ovuk' emini akabonanga nto,
Kub' akayibon' ang' inamb' icombuluka.
Yapúma lankwenk' ezi ise-*Mbáncólo* kuyasa,
Yapúm' inkwenkwez' emapoliseni kuyasa,
Yapúma lankwenkwezi pézu kwe-Bende kuyasa
Watsh' umlil 'emantlok' o-Mndundu kuyasa.
Ngubanina lo unditúka ndihleli,
Ndenziwa umva kwendlu ndingumtshana,
Ndingumtshana wentombi yakwa-Tato.
Nants' into eyakáma kwatshon' inyanga,
Bayawati simang' abase-Maxoseni.
Ngu-Ngindizayo umhlopé ka-Rili,
Intw' enenkunz' ebomvu eyizuze ku-Hlálo,
Ezek' ezakulo-Nozwane yaziyek' ezakulo-Yakupá zazigudu.
Nants' int 'enentong 'emnyam 'engaziwa-Mxósa ;
Nants' int' enenzip 'ezimnyama kupánd' izihlanga,
Ngolonyakana kwa-Gcaleka zadliw' inkomo ;
Intw' efanelwe linxuwa enkwa-Nkunzimbini.
Ngunxuwa le-Cawa lif' amafutha,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Liba nelang' elase-Nkumandeni.
Ngu-Gomb' itámsanqa alifak' esiqwini,
Intw' emzimba unencwina ngati luhlanga,
Intw' engalo inekúlu lamadoda.
Nditi ngunqina yemfengu ka-Ncha-Yecíbi.
Kwabekw' u-Mapásа wenziwa igosa.
Kwavuk' inyat' emazants' e-Bengu,
Yaligqib' ilizwe ngokuliyelela.
Ngu ramncwa alivelwa ngasemva,
Nabalandayo bábeta besotúka,
Nakwa-Kónjwayo liké labonwa,
Zaloyik' izizwe zahlabelana ;
Watshon' emhlabeni kwadade wabo,
Kwafik' u-Gcaleka kwafik' u-Pálo,
Wawatyál' ama-Mfengu asinga kwa-Tshaka,
Kulap' imikósi yatshabela kóna ;
Inxalenye yabéka kwa-Molose elu-Sutú,
Kulap' imikósi yatshabela kóna.
Yingwe yetúnzi umfusa ka-Rili,
Iyabalek' imizana yakowabo,
Yoyik' ukutshiswa libandezi,
Ngumntan' enkosi umzimb' uyaqúma.
Ononqayi bahlal' e-*Ngqubusini*,
Ononqayi bakángel' ukuhla kuka-Mhlontlo,
Uyazondwa ngowasem-Lungwini,
Ubulel' *u-Hope* ebehleli naye.
Nguzwi-linzima elibizwa pákati,
Uxális' imantyi ngokupéndula.
Bendifudula ndimdela umlungu,
Kanti yindoda iqél' ukupéndula.
Teta zikétwe li-Tsonyana,
Usisi xáso somhlaba nezulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kukál' amaqáwe ngase-Mandluntsha ;
Izizwe zonke zikwalatá *ngezinti.*
Saká sab' *ama-Bomvana* likáya,
Seva sekulilwa singazi lutó,
Kwaf' *oka-Gezane* noka-*Mfunze,*
Ngalemini kwaliwa elu-*Vulweni.*
Mntan' enkosi ongatéti zincuku,
Gcin' u-*Sitata,* ugcin u-*Manxiwa,*
Kutiwa bayoyika bebeké babinza,
Ngalemini kwaliwa nge-*ntlelelwan'* e-Bika.
Uyint' emlom' umbi njengoka-*Mbóxwana,*
Ungamtétél' umnt 'angabuy 'asinde.
Ngu-Gcaleka watwásа ngomlambo ;
Vimba wenkomo, bayakudel' abant 'abakukónzayo,
Koko-ke wen' ubaxaka ngelizwi,
Uti no-Rili akadumanga kusek' u-Hintsa.
Hay' u-Ngqika owanqand' umlungu !
Owabet' ama-Mfengu ahamba ngegunya,
Asipángele kade asing' emandleni,
Ebeké akucela abuy' anqandana,
Ubuya kuwabetá ngesitúnzi adangale.
Waká wawanceda mhla ngo-Tshaka,
Uyabona-ke ilizwe aligqibile,
Emi nge-Cwecweni ema nge-Ngqutu,
Anxamel' ukusinga kwasemva,
Eva kusitiwa umhlab' uxolile,
U-Tshak' unqandiwe ngu-Somtseu.
Mang' angalingisa kulo ka-Hena,
Abek' amabele kulo ka-Kwaza.
Ningab' izibond' ezi ni[illegible]ulisa,
Ezi zama-Mfengu nezas[illegible]-Xóseni,
Ziyawugqweta lomhlaba ka-Pálo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Zifumen' abantu ngo-Ncha-Yecibi,
Zingabazuzanga ngo-Mlanjeni,
Zingabazuzanga ngempi ye-Zembe.
Namb' enentsente yakulo-*Nogqoloza*,
Ayiqéleki kwizinci zakowayo,
Ayiqéleki kumacal' akowayo.
Yinkos' engenagosa litétáyo,
Ngumntan' enkosi ufuze kulonina,
Ngumbulali *wenkongo* ka-Menziwa,
Mhla ngalemini nga-*Mangoloti*.
Ngumdaka wo-Nohute wenkosikazi,
Ngu sihogo bangaze beyele mhla kutétwayo,
Uteta ngelidala ngelika-Hintsa.
Ngabetá ngomnqayi ku-*Madolo* no-*Sijako*,
Umntan' enkosi angapékelwa nkobe,
Afel' enkundleni kowakwa-Ngqika.
Ndiyabulela nyana kama-*Gisha*,
Umntan' enkosi ukumsez' amanzi.
Nditi yinkunz' ezikwélayo,
Iyawakónya nezisihla zodaka,
Ikónyel' inkunz' ezise-Rini,
Ziyawatákazela kwimizan' eyoyikayo.
Yint' eyahlab' enkundleni lasibekela.
Umntan' enkos' intliziyo lixégo,
Uz' uwagcin 'amaqad' akokwenu,
Ilunda lakó ngowakulo-*Mtoto*,
Izwembezi ngowakulo-*Yekanye* ;
Ngu nkunz' inamandla ngenyama zayo.
Ndipúp' u-Sigcau endinik' inkunzi,
Kant' amapúp' ayandishwabukela,
Kute kwakusa ndadana kwakubi ;
Kwesuk' u-*Kauta*, kwesuk' u-*Nqoko*,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bati nimnik' iduna sisi alam,
Ngasemv' usapo luyalamba,
Kant' inkosi zam ziyanditetelela.
Nditi, lilunga lom-Tsheko into ka-Rili,
Nditi, lilunga lento ka-*Ntaba*.
Luqwang' olulushica, olutyiwa zincúka nengonyama,
Kanti noko azisokuze zilugqibe.
Yintw' engalo ifanelwe *ngumnanaso*.
Nditi, ngubamb' ingwe ngentamo,
Afik' ama-Gcaleka seyipólile.
Bayawaxál 'abantu bezixótyana,
Baw' ondizalayo.

Ezika-Mcotama Sarili :—

Umntaka-Rili ngu gungqa nje ngepulu,
Yon' igungquzay' ukuba kuyalinywa.
Ngu ndlel' ibék' e-Ligwa, ize ngesinq' ingekafik' e-Tyumbu.
Ngu nkung' eselundini, ngu ngqel' isezulwini.
Umka-Nongemane noka-Gwadiso batet' inyaniso,
Bati mazibulaw' inkosi zisembini, zosixaka zakuza-lana.
Kwafik' intsimango kwafik' umoya,
Bati simang' abasema-Xoseni.
Ngu-Ngindizayo umntan' enkosi,
Uhlalele ntonina apo abulawa kóna ?
Yintw' emzi uyinqaba njenge namba.
Ngu zulu liyazuza, nyukani lulwandlekazi
Nize kubon' uno-Hayi kuba yindoda.
Ngumtát' oqele ongangeni nezembe ;
Nguso-Ngcangcashe, udolo limdaka,
Undingabéty' umlenze ndokufela ku-Nxumangele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ndingumnt' owohlala ekubonga pina,
Ndingumnt' ohlala eshukuma-nje ?
Ngu stompa ngengal' ukuba zintle.
Bizan' ama-Tshawe eze onke,
Aze kubon' umntan' enkos' ap' azalelwe kona.
Inamb' end' ejikel' umzi wakulo-Mvukela ;
Ngumang' angayizeka nentombi yomlungu,
Ngu cúl' ukunyatela inge yinkosi yomlungu,
Ngumaz' ebizelw' emtini kulo-Nogqoloza.
Yavum' ukubotshelelwa.

Ezika-Siwengu Nxíto, oweqadi lasekunene ku-Gcaleka :—

Ngu xam' ozindelayo.
Nalo iramncwa liwabúl' amapíko,
Lo wakwa-*Ndamase* lowambátisa, kulo wakwa-*Kónjwayo*
Loya ngentsiba. Intshokovane yomsindo ayinanto.
Yinto ezingela ku-Mnyulwa ne-Qweqwe.
Sibinza ngamkónto kutshe umlambo,
Bati simang' abasema-Qwatini.
Yintw' etánga lise-Mnga,
Nenkunzi yegwangq' enashuminye lamatókazi.
Ngumntan' enkos' ozalelw' e-Mgwali ;
Ngu *galatya* yindlovu, ngu mkŏmbé *yintsekemfu*.
Ngu ncuka ngumdaka, inamba ngunogqoloma,
Ingwe yinal' ebomvu, ingwe yase-Gxaleni.
Ngu *gxawu* onemilenze wako-Xina.

Ezika-Mtoto, Sarili :—Uzalwa ngu-Noswi i-Tshawekazi le-Tsoyana—

Inkos'am yingungqungunggqu yentombi yase-Tsonyana,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umtí oté ukuwa wabúkuqeka,
Wabékis' amasebe emlungwini.
Umzi wenkos' ujongw' ezibukweni,
Ujongwe e-Nxínxólo.
Ngu-Ndancama elona gama lakė́,
Umagam' enkosi ayandipázamisa,
Uyandipázamis' u-Rili no-Sigcau.

Ezika-Dumalisile, Ncapayi, umzukulwana ka-Hintsa ozalwa ngu-Nomonti, um-Tembukazi.

Ngumakúmb' enyati ka-Ncapayi,
Uwasombulul' amaduna akowabo,
Umsombulul' u-Ngetu no-Matshinga.
Ngumzondokaz' ompondo zimanqindi,
Kulamahlahl' ebegaulwa ngamakwenkw' izolo.
Ukuhlafuna kwako uyatabateka,
Ufanele ukuginya kamsinya.
Lu rafu lomlungu luka-Ndevu.

Ezika-Sibózo Mnzabele, umzukulwana, ka-Raba ezi-Tenjini kwa-Gcaleka :—

Ngu ntententе, ingqombo yoso-Ndaba,
Isanará lentombi yase-Tsonyana yama-Kwayi,
Eyabekw' enkundleni kulo-Notembu.
Yingqanga yakwa-Hala,
Eyarwel' ebusweni kumka-Xélo.
Luqóqó lwenyati, inxeb' elisabóbó lisemhlana,
Lidutyulwe nge-*Lefele*, lompu mhle wasem-Lungwini.
Yintw' enzipó zimnyama kuvdl' intlaka,
Intw' emzi mkúlu, upétwe ngu-Mitiyo no-Mntalana,
Amadelanto angapiki nancuku zitétwayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yintw' ehlati likúlu lingu-Mkamkam,
Limelwe ngu-Nkombi no-Madongci.
Kwakuze kuy' u-Mxape mhlana bemkayo.
Ndixaza zizibonda, ngu-Nkwantyane no-Kani,
Ngu-Qâmpa no-Mfiki. Ndibabele ndema ngo-Qakazana,
Ndababela ndema ngo-Cofimvaba,
Ndat' umntan' am uyemka, uyahamb' uy' e-Mndundu,
Kwatiw' umntan' enkosi waká wahamba yinina!
Asint' inje ngankomo zibingelelwayo-na?
Elika-Tekela lise-Mbóngiseni;
Umntan' enkosi ogqushelwe ngamagqushane,
Kub' etétélwe ngu-Mitiyo no-Mntalana.
Ityala lipúmile ku-Malikoso,
Selivingcele ku-Xiki no-Ntlokwana.
Ká nikwéz' apa niye ku-Gunundu,
Niyokuxel' ukub' umntan' enkos' uyatyiwa zizinja,
Umntan' enkos' ogosa litetayo,
Kub' etetelwe ngu-Galada noso-Mbóvu.
Yintw' ebulele umntu imbuzela,
Intw' enkomo zibomvu zentombi zakowayo,
Zentombi zakowayo zakolo-Notémbu.
Isizib' esinenkwenkwezi nenyanga sasema-Tshaweni;
Ngu ncwadi sezipámbili kwa-Lutúli.
Ké zatyílw' endleleni kwa-*Komanisi*.
Wakubong' ubabela wena mfana ungu-Nqómo,
Kuko mbóng' isand' ukufika ema-Ntlaneni,
Yiyo le iténgwe ngesonka ngumka-Zisi.
Ukáfikan' umfan' esapa ku-Mayekiso,
Ukuxel' ukut' umntan' enkos' uyadliwa-zincúka?
Tina siluvil' u-Dimba luyafana,
Noko lufana em-Rótshozweni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nani bo-Kase nani-Ngunundwa,
Nyusan' amakwenkw' umntan' enkos' uyadliwa zincúka.
Umntan' enkos' upaulwe ngama-Qinebe,
Kub' epaulwe ngu-Guqu no-Simontsi,
Kwelika-Tekela e-Mbóngiseni.
Nilivilen' ukub' i-Kámanga lingqongwe ngama-Mfene.
Ngumazondwa zingwevu zakowabo,
Kub' ezondwa ngu-Qámpa no-Mfiki.
Yinamb' enkulu ejikel i-Qolóra,
Iya ngokusela kwawe-Nyumaga.
Nguso-Rwángxu, upákamis' umlenze ndirwángxule,
Pántsi kwentab' e-Támará nale ka-Nzunga,
Ukanti ngobude ziyalingana.
Ngu nkomo zigqit' apa zinomgqeku,
Kuba zipép' oka-Sikétshane no-Sigonyela.
Ngu sigqalakaz' ukufana nendod' umka-Mapékula;
Nguso gaul' iminga yodwa siyekw' isitólo,
Nok' imitólo yobuye isihlabe.
Zipámbene ngocúk' ingwevu zakowetu,
Ngayo lemini kwatshilwa kwa-Mabóngo,
Koko zibuye zanqenana sakufun' ukuvula.
Amantlok' o-Mfihlela ngu-Mnyukula;
Nguziqúnyana zobuti zenziwa ngenxówana
Ngapa ngase-Lutúkela.
Qabu! ke tina e-Mbáshe lixolile,
Kuba tina sesihamba ngentswazi.
Ngumnt' onehlazo e-Magqunukwebeni,
Kuba ké layotyw' i-Kwelerá mhlana ndanukwa,
Labuya ladana mhlana ndahlanjwa,
Pámbi kwendlu ye-Bálaki izi-*Landana*.
Ngu-Madol' ingwevu yakwa-Mdange,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ebitétel' amadod' e-Nqabanqozi,
Nyakana kwaliwa ngo-Ncha-Yecibi.
Sihleli kwa-Mt'ubomvu tina Magqunukwebe ;
U-Ngandiza mnye nento ka-Ndesi.
Ngunkomo ziyakál' ezakulo-Kóntyeka,
Zizala ziwahlab' amatóle.
Funani umkónto siy' e-gqireni,
'Kuze lihlab' inkatazo namasholo**gu**.
Tina ké salinga kul' asekáya,
Won' ahlab' u-*Tikoloshe*.
Yintw' enomlandu ngasemlanjeni,
'Kuba kutiw' ibulel' umntaka-Tikoloshe.
Ngu-Búbani onendaba,
Ngulizwe libáliwe ngu-Nofelit' umhlope wase-Mqotwáne.
Ngu-Básangil' elona gama lake likúlu.

Ezika-Ntsimba Mdingi, umzukulwana ka-Kauta obemi e-Tuturá. Uzalwa yintombi yasema-Qwambini :—

Nguso-Gotyi, undila wezele, umdabalalana,
U nang' umzi wako bekukwélela kulo-Dunga.
Linxel' elinendevu lasema-Tshaweni,
Ngu páng' ezibukweni, inxel' elinomtsi.
Ngu ngqungq' embetweni,
Untaba ka-Lukánji neka-Mnqwazi,
Uzakángelan' intab' eziya e-Gqili.

Ez ka-Ngubo Malashe :—

Ngu-Gampu ka-Mlenze, incwad' eneroba ka-Malashe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumtúndezi wemaz' *ezinoqónqa*,
Umfana ka-Ngubo ngumtshangatshangiso.

✗ Ezika-Mtshiki Hintsa :—

Yimbádlul' ukukúp' umoya,
Intw' eyati yakumitá zapél' impundu,
Yati yakuzala zand' ukuvela.
Irásowa, ugxel' egxumeka,
Ungqengqa ngezibond' inge ngumt' omhle.

Ezika Botoman Mtini, wecala lase kunene ku-Gcaleka.

Yimpuk' enempondo into ka-Mtini,
Ingqanga yasekóhlo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Rárabe

(Ama-Ngqika)

U-Rárabe kukunene kuka-Pálo. U-Rárabe uzele u-Mlau into yake enkulu, no-Ndlambe ekunene. U-Mlau uzele u-Ngqika inkulu, no-Ntimbo ekunene, koko u-Ntimbo wafa eseyinkwenkwe kwaza kwa-fakwa u-Anta endaweni yake. Impi ka-Anta ngama-Gwelane.

U-Ngqika uzele u-Sandile inkulu, yangu-Maqoma ukunene. U-Sandile ufe engenamntwana uyindoda kwindlu enkulu yakwa-Noposi. Ufe kulondlu ezele kupéla u-Fitoli, intombazana eyendele ku-Mdlangazi inkosi yama-Mpondo. Ngoko-ke ufe kusalaulwe ngamapákati odwa, alinganisela oyena nyana, ku-Maqadi, angamiselwa ebukosini, aze asiwe ku-Rili, ngokwesiko, ukuba ammisele.

Into afe seyenziwe kukusa, ku-Rili, amakósikazi amabini :—u-*Noposi* intokazi ka-Myeki, um-Mpondomsekazi ; no-*Nojini* intokazi ka-Ngxangana, um-Nqósinikazi wobukosi baselu-Sutu,-ukuba abamisele endaweni zabo njengesiko. U-Rili wamisa u-Noposi ebukúlwini, wamisa u-Nojini ekunene.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukunene kuka-Sandile ngu-Gumna ozalwa ngu-Nojini lowo. Ukunene oko ngama-Zala.

Kuté-ke, kuba u-Noposi engazali, kwatátyatwa unyana omkúlu, weqadi lako-Posi lowo, wafakwa kwindlu enkulu leyo, waba ngunyana ka-Noposi; lo nyana-ke ngu-Gonya (Edmund) lo uyinkosi yama-Ngqika ngoku, kwa-Centane.

Umnombo wama-Rárabe

U-Rárabe uzele u-Mlau inkulu, no-Ndlambe ukunene.

U-Mlau uzele u-Ngqika inkulu, no-Ntimbo ukunene.

U-Ngqika uzele u-Sandile inkulu, no-Maqoma ukunene.

U-Sandile uzele u-Gonya inkulu, no-Gumna ukunene.

Amagam' enkabi ze-Nkosi

Eka-Ngqika *ngu-Mbómbó*, kutiwa-ke kulo-Mbómbó.
„ Sandile „-*Mbéde*, „ „ -Mbéde.
„ Sandile ekunene *ngu-Zala*, kutiwa-ke kulo-Zala.

Izibongo ze-Nkosi Zakwa-Ngqika.

Ezika Ngqika Mlau :—

Nguso-Tshul' ubembe, uhlek' abaneligqo,
Umpámbani nencúka zigoduka,
Untsimangwana yakwa-Nkwebu,
Unyok' emnyam' ecand' isizibo.
Ngu xálang' elimapíkw' amadúka,
Untloyiy' onendlwano waso majoj weni,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Uxámakaz' olupóndo lunye—
Luka Ngcengulana—elifel' efusini.
Ngumafuman' alumbóle nase-Mpembeni,
Ukála akanameva pofu bat' uyahlaba.
Liramncwa elidla umzi liwukányela,
Lisiti udliwa ngu-*Nyelenzi* no-*Makábalekile* ;
Umvalo obuvalel' inkomo zika-Pálo,
Owowuvula ngowozek' ityala.
Nguso-Qaco, untshikintshikikazi :
Ulima bemsusa ing' asindawo yake.
Oka-Matshitshilili, uvumb' eligxot' izizwe.
Pum' entangeni, wabe inkomo,
Ubumlala-nj'unyok' ubusiti woyiva pin' imbátu kwedini ?

AMAZW' EKWAYALWA NGAWO U-SANDILE MHLANA WANGENISWA EBUKOSINI :—

U-TYÁLI owayembambel' ubukosi, wati :—

"Nabo ubukosi siyakunika, namhla, nakuba besesibuqélile ngokuba nati singabantwana baka-Ngqika. Uz' upáte umkónto ubinze ukuze ubuzuze, ubugcine ubukosi."

U-MAQOMA wati :—

"Yini-le ! U-Ngqika ufana nezinye inkosi ! Unani lomntwana uyalwa ngelishwa, uyalwa ngo-mkónto ?" Utsho wati,—"Nabo ubukosi, kambe uze wázi ukuba namhla abantu [illegible]bakó, amapúlo ngawakó, incá yeyakó, inyoka zezakó, inkomo zezakó, izimba lelakó ; yonke into yeyako."

University of Fort Hare
Together in Excellence

U-Mnxúma Tshangana, into yasema-Bambeni, ye-hlelo lase-Mnzwini, umpákati omkulu, wati :—

"Sazi nkwenkwenye namhla, kuba asizanga salŭse siyaqala ukwalŭsa ngawe lo ; ukutsho nditi,—Nabo abantu bakowenu uz'ubagcine, ungafeketi ngabo, kuba ungumtúnzi wabantu bonke."

Amazwi ka-Tyáli, eyati inkosi u-Maqoma alilishwa, namhla enzekile. Ilishwa elaxelwa ngumntaka yise lizalisekile, kuba umntaka Ngqika ute akubinza ngalemfazwe, ka-Ncha-Yećibi, wafa ngelishwa, wafa ngomkónto awati u-Tyáli aze abinze ngawo ukuze ubukosi abuzuze abugcine.

Izibongo zika-Sandile Ngqika :—

Ndibuzen' amatóngo ndiwaxele !
Ndipúp' ikwábaba likwél' endlwini,
Ikwábab' elimhlop' amapiko.
He ! Nditi, singabantu bogaga,
Ugag' oluhamba lugongqoza lwakwa-Ngqika,
Ugag' oluhamba lugongqoz' ukukwéz' i-Xesi.
U ndanda' ko-Vece, u-Xesi magqagala,
Umtúnzi wabantu bengaka-nje.
Isikwénen' esidla kud' umkóba,
Kuba site sise-Gqoncini sabe sise-Montini.
Usitshaya makámb' abelungu,
Usitshaya ngaxilong' inqawa zihleli.
Udong' olubomv olwayam' abelungu.
Intak' esunduz' umqal' [illegible]' isuke,
Iyawafinyez' umqal' ukub' ihlale.

University of Fort Hare
Together in Excellence

U-ncúncú ayiseli kwabalekayo,
Isel' ezadungeni ngokoyik' umlom' ukugoba.
Inamb' enkul' ejikel' izi-Ncúka,
Kutwâ nase-*Gqolonci* ikê yabonwa.
Intw' ebantu *bantlaninge* bagqib' elilizwe,
'Kuba yoz' itinina nyak' ibabutâyo.
Ulwandl' olubomv' ulutyelwe yini-na,
Engakutyelanga-nj' u-Gcaleka no-Pâlo ?
Usizek' u-Noposi apêkel' u-*Sutu*,
Ukubandez' amaxiba ka-Mlau.
Int' ewe emtini lwavulek' ucango,
Ukuz' abantu bapâtwe ngumlungu.
Ngu sibinza ma-Mfengu abaleke,
Aye koyise kobelungu.
Nalomhlope *ka-Feni* kâniwugcine,
Ubâl' incwad' esinge kwenkul' inkosi ku-*Tela*,
Kub' u-*Tshalisi* siyamkâlazela,
Ufan' ukwazana noma-Jelimani.
Ngundlela *zinamacâpaz' egazi*,
Ngu ndlovu inentsente,
Umangange cwilika ka-Gomololo.
Ngu-sela lokub' inkomo zomlungu,
Kwapúk' ipulanga zisemnyango.
Wok' uve xokindini, wonganzingwa wedwa yeyo-
Mlungu,
Kub' ufumane wayilwa *lemp' imakwênkwe*.
Ngumntaka-*Smiti* umntan' okumkani,
Bayekê bambambâ bams' e-Rini,
Wabuya wakútshwa, kub' ingumntaka-Smiti wenkos'
enkulu.
Ngundlel' *ise-Montini* mhlana wazalwa,
Ngundlel' ise-Dikeni mhlana wakútshwa,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kwavulelw' inkanunu mhlana wakútshwa.
Nani bo-Mhala no-Toyise,
Hlalani kakuhle aninal' ityala,
Ityala lincinane lino-Sandile,
Kub' ete, 'napákade aliyi kuxola,'
Wancokola ngekúlu lamadoda,
Bab' abanye bencokola ngomakúl' enkomo.
Yinkab' eqaliswa ngokufakwa pámbili,
Iqaule intambo yakuqal' ukufika.
Nguzwe loniwe ngo-*Kondile*,
Ukuze zibe nkosana zonke zipét' incwadi,
Kant' incwad' ifud'-ibany' ingene ngo-Ngqika,
Abe ngu-Ngqik' oyibángx' imilambo,
Ati, yikúpen 'eny' ibéke kwa-Funo,
Ati, yikúpen 'eny' ibéke ku-Nqeno,
Won' owase-Mnzwini sowuxelela.
Ngunkwenkwan' ingamoyikiyo no-Ndlamb'uninakúlu,
Uké wabaleka nenkunzi ka-Rárabe,
Way' ebandez' amaxóba ka-Mlau.
Nditi, ngumtúnzi wabantu bengaka-nje,
Nabakwa-Gcaleka nabelilizwe.
Ngumntaka-Ngqik' ogcinwe ngu-*Tshalisi*,
Uké wamqúba wampúmeza,
Ubuye wamnqanda wamgodusa.
Ngu cíbi lingqungu lise táfeni,
Elifanel' ukuselwa ngabashwabuli,
Ngo-Midange noma-Mbálu.
Ngungal' inenkomo,
Ngu hashe lidl' izitá zabakwékazi,
Zo-Nomdade omka-Mxákana.
Ngumt' okúle wada wagabadela,
'Kuba nowakwa-Ngqik' uvel' esandundwini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-XXÓ NGQIKA :—

Ngu-Nokuzingabila, uxaba wakwa-Xunge,
Utyumz' umtúma womlungu.
Intw' enxeba lisentloko ngesinandile.
Ngumsezeni ngeyeza lomdubu. Angafa ukub' unesidiya,
Angapil' ukub' unehlwile mabandla ka-Mlau.

EZIKA GONYA SANDILE (Edmund) ozalwa ngu-Nonanti intokazi ka-Nqumana, um-Nq̓osinikazi.

Ligwangq' elibuqingqi, ubúlukwe magwashu,
Umagudl' eboyeni kobomlungu,
Upát' enqineni watshw' epángweni.
Umpondo nq̓i zekwánge,
Umpondo hlab' izulu zingayi kulifikelela ;
Umahashe shwak' emini besiwakwéle.
Funani nime ngamakúl' amahlati,
Niye nime ngekúmbi lika-Nyelenzi,
Niye nime ngehlati lika-Ndoda.
Umntaka-Sandile,
Unxaxéba yemazi yakulo-Jingqi.
Ukúpan' inxaxéba yemazi,
Ukuz' abantu bapán' imihlomlo.
Udindilili pántsi kwengubo,
Untamb' ihla nenyonga.
Ukwéz' i-Cwára, *ahamb' ebamb' amadun' akowabo,*
Umntwan' enkosi izwi limntyangampo.
Imaz' elile *e-Kapa* wev' okwa-Gcaleka,
Kutúnyel' u-*Wakashe* ukuya ku-Rili,
Kutúnyel' *u-Pányaza* ukuy' e-Magqunukwebeni,
Babuya besiti umntan' enkosi
'*Kasuswang*' *endaweni* yaké.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-MATÁNZIMA SANDILE umninawa wake.

Ngu-Rârágayi ka-Ngqoqo,
U-Kâla-kúlu liluml' abantwana.
Ugungxula, utóba tye lingwevu,
Ukanunu eyaduma kwa-Matóle,
Abalek' amagwal' eza kwelilizwe,
Abalek' amagwal' apâpátéka.
Ngumdak' ofanel' ukusal' exhibeni,
Hay' ungasiw' e-Mnzwini kwa-Mxâmli.
Ugibisel' inqwelo kwapúk' imbâmb' amacal' omabini,
Kwapúk' intentiva kwasal' ibókuva.
Izul' elineqanqo, inqwel' enamandla yesezulwini,
Yon' itób' imbókotwe yavul' amahlati,
Ukuz' amagosa alale ngemiḥlana.
Uramncwa elagqum' emazants' e-Ncememe,
Kwanqikek' umkóba nengcambu zawo.
Isihunuha senkunzi ka-Rarabe,
Aniyisilari-na lenkomo yobulung' indala-nje ?
Isikwénene sentombi ka-Myeki,
Sifike no-Mancótywa mhla safika.
Intw' enzipo zimnyama kupând' uhlanga,
Intw' enyatel' enkundleni kwa-Fitoli.
Intw' enolugxa lwe-kofoti lwe-peki,
Uyawawumbil' umkóba, pantsi
Ko-Gcolo, wawupósa pantsi ko-Gqontshi.
Ixónti lase-Bholo,
Intw' ede yaf' ingazang' irâfe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Um-Ngcangatelo

U-Tyáli, inkosi yom-Ngcangatelo, ngunyana ka-Ngqika.

U-Tyáli uzele u-Feni inkulu, yangu Oba (u-Ngonyama) ukunene. Inkabi ka-Tyáli ngu-Kwéleshe, noko-ke isizwe saké kutiwa ngum-Ngcangatelo. Sibizwa ngegama lenkabi ka-Mlau, kuba u-Tyáli wamiselwa ngu-Ngqika, uyise, ukuba abe *lixhiba* ukuze agcine uninakúlu (oko kukuti unina ka-Ngqika) u-Yese. U-Yese, inkosikazi, (umka-Mlau) uzalwa ngu-Xígxa inkosana yaseba-Tenjini.

Izibongo zika-Tyáli :—

Ngu-Tyáli ebengasokufana ?
Unkomo zimalunga nezika yise ;
Ngundoda sobanye, ixónti lika-Lewu.
Ngu sihlala ncwábeni balila ngaye,
Kuba beti balitate pina betu !
Ngu ngcelo ye-púti, ukwálikwál' akafikeleli pézulu.
Ngu kúla sihlahla ndigaul' intonga,
Umazondwa ngemaz' entusikazi yakowabo
Yasesikolweni, yakulo-Mjamba.
U mahomba ngenal' ebomvu yasemveweni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

NGONYAMA TYÁLI :—

U-Ngonyama, ogama limbi lingu-Oba, ngunyana ka-Tyáli onguyena mkúlu ngokuzalwa. Life ilizwe ngemfazwe ye-Zembe engumfana. Eyona mfazwe ayilwileyo yeka-Mlanjeni (1850–3) kwa-Matóle. Yinkosi ebinengqondo kakúlu.

Ute u-Feni, ongoyena uzalwa yinkosikazi, akuba yindoda ngenxola-zwe ka-Mlanjeni saqala isizwe sahluka kubini, yati eyakomkúlu yemka no-Feni yaza eyasekunene yahlala no-Ngonyama.

IZIBONGO ZAKE :—

Ngu-Gampu ka-Mlenze, umnqayi wam wodada luka-Pálo.
Umdaka ka-Tyáli nguso-Nqwenerána,
Ugoxoz' imixáka, udwamb' olulal' ezingcongolweni
Umakáfula bembiza ngegama,
Inkunz' etshwezwe kwakowayo,
Ungaz' utini yahlaba kwa wena ?
Umazondwa ngenkunzi ka-Mafixi yerwanqana.
Ngu mbámbó ngapá, umbámbó ngapá,
Umqolo pákati.
Ngu jwabu linamandla linomzamo,
Libikeni ku-Maqoma, kuyise, nyakana walúka
Ngumnqiki walityе lizincomayo,
Kade lizincoma ngokuba nzima.
Ngumt' otshixiza komny' umti ;
Ngu bakáfule bembiza ngegama,
Lasuk' iyeza langcweng' inyembezi.
Ngumdak' ongqungq' emawabeni lika yise.
Az' um-Ngcangatel' unalishwa lanina,
Kant' onoteta-futi bakó nakulo-Mbómbó !

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngunkomo zidl' i-Tyúme zingaliweli,
Ziya ngokusela kwelika-Nqúme,
Ngokoyik' onyana babelungu.
Ngumnga ot' ukuwa wabúkuqeka,
Wawasingis' amasebe kulo-Ntsusa,
Zahlal' ingcamb' em-Ngcangatelweni.
Ngugqoboz' izulu ngesibili,
Uncwadi *ka-Tshitshiba* yeza negazi.
Ngumtúndezi wenkunz' enoqónqa,
Kub' engumtúndezi wenkunzi ka-Rárabe.

Feni Tyáli

U-Feni Tyáli yinkosi yama-Kwéleshe, oko kukuti yinkosi yom-Ngcangatelo :—

Izibongo Zika-Feni :—

Into ka-Tyáli ngu-Blom, u-Skóta ka-Túnga,
Uramncwa elimazinyw' angxangula,
Mhlamnye liyalum' entloko ku-Kaka.
Ngu gungq' ose-Tsitsa, uxóba lesitinga pantsi kwe ntaba,
Kángela-ke kade ndikuxelela,
Ndisit' umntan' umnxiba ntshinga yanina!
Langa lapúm' enkundleni kulo-*Ncúguwe*,
Mhlamnye liyapúma kwa-Tshaka.
Mmango we-Nciba *ludalasi*,
Unqunyulwe ngumsenge pézulu.
Mbishimbishi, tyani *be-Jadu linikelo*,
Ndiyawugxek' umlamb' oty' inkomo.
Qonc' elihle lika-Mazaleni,
Nangon' uyinzwana akundembelela,
Akunje nganyibib' ikwéz' umlambo.
Debe ngumfula, Qanda zintaba,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Intw' ezwi limntyangampo,
Elakwáz' u-Dyasopu kwa-Ndlovukazi.
Ngu bádi lase-Bólotwá, umbulali webád' elincokazi,
Ibád' elinebúla lase-Qwebeqwebe.
Ngubukúlu abubangwa ngamlomo,
Bahlulwa kukutshata kwabafazi.
Nanko-ke umalūsi wenkunzi ka-Sandile.
Yibulelen' intombi yakwa-Tato,
Kub' isizalel' umntu wafana noyise,
Zancam' intliziyo safun' ukuxola,
Yibuleleni niyandlalel' ukúko.

Ezika-Kokwé Tyáli :—

Ngu-Sinadoyi, ungnangnane elimanqin' amdaka,
Uvimba wakwa ntsundu,
Utimla ngemazi ka-Velelo,
Yakowabo, yasema-Tshaweni.
Unkosi yamapolisa ekwa-Somtseu.

Ngubezulu Feni :—

U-Ngubezulu ngunyana omkúlu ka-Feni ozalwa ngu-Nomashwa intokazi ka-Jumbá, um-Tembukazi :—

Inkos'am lizwembezi lenkunzi ka-Mlau,
Umahash' ayagad' ukukwéz' i-Qoloŕa,
U-Cetywayo onenkani.
Ujangajanga lwentombi yakwa-Jumba,
Intw' eyagqum' i-Qombolo yalizalisa,
Unkomo zite-qúshe ku-Mabululu,
Zaza kuti-gqi enkundleni koka-Lutwéyi.
Yihla nkwenkwezi ndibambélele,
Ukuze ndibon' izivalo zezulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sabisel' elwandle apo kukw' amanqúba,
Mna andingebawi ndiligosa,
Ndingu-Qázolo, ndingakángel' ukojelwa ndiziselwa.
Ugosa ngoka-Tyokwana, koka-Rútu u-Mpulatyi.

Siteti Feni, umninawa wakė ozalwa ngu-Nodukusa intokazi ka-Kawe yasema-Ngwevini.

Nguso-Nkwali, intak' efunzela ngesabonkolo,
Yay' ifun' ukuz' amatóle abe zibukutú.
Ngu-Wutíshe, umbómb' elidlălā,
Uvum' icesika, umt' oŕaŕa wasema-Tshaweni,
Unxele leqadi lakomkúlu.

Ezika-Janyawuli Kokwé, ozalwa ngu-Nonguqu intokazi ka-Bé́ŕaŕa yakwa-Tshatshu eba-Tenjini :—

Ngu-Gongqo-plangeni, umnqandane womti wamafusi,
Umntaka-Ntsasela baye behlangana,
Undokwandlala ndilingane pína,
Ungangam ndigaqe ngamadolo ?
U-Ráfani ka-Hlal'-epét'-imali,
Int' emali zibánge zehla nondonci.
Uqaqambashe, umaziny' amhlope nawemihlati ;
Udubul' esendlwini, bacól' int' esemnyango,
Kuse beyifanisa, ingabi ntaka ingabi nyamakazi ;
Ibe ngugilikanqo, int' esikúndla sisemkánzini kube kupela.
Kunqúŕulekile ihobe e-Mtónjana,
Kwade kwamasuku silipúlapúla.
Mhlamb' onenqayi ngu-Mcwangele,
Kub' ingumhlamb' onenqayi nam[illegible]odana.
Intw' emzimb' unentlantsi ngati uyaqúta.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ndiyakugxeka wena-Manyaka kwano-Nq̇ayi,
Umntan' enkosi nimxélele' inkunzi.
Elihashe lakukwélwa nguwupin' umlungu ?
Kuba lihashe elipáhle nto mbini,
Libamb' ukupépa nokudlokova,
Liyekeni likwélwe ngu-Satana,
Kuhlangan' amaxok' omabini.
Umnt' ongenamvaba makat' emfengwini,
Até ku-Ngwalashe kube kupéla,
Kub' iyiyw' imvab' etúngwe ngemizi.
U-Qáv' úqununu, ungat' ubal' inkwenkwezi ungazi-
gqibana ?
Róde ndilazi nenduli zalo,
Isi-Dikidi ngumlambo-wama-Tshatshu,
Kok' ama-Bomvan' angevumi ndakutsho,
Ngumhlamb' esikólisa ngokuqúlana.
I-Ngoji ngabantu baka-Mgudlwa,
Yalwa, yalwa, yada yakángelana,
Yat' eyasema-Xosen' ukuncama sipántsi kwenyawo.
Ngu-Nkinkish' iketile elona gama lakè,
Kub' unomenteshe litóle le-békile.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Jingqi

Igama lenkabi ka-Maqoma, inkosi yama-Jingqi, ngu-"*Ntsilantle-Kant'-ubóloshiwe.*" Eligama latiywa ngu-Ngqika uyise ngexesha u-Maqoma awaye ngumkwéta. Kute ukuze litshitshe-nje, wati kanti u-Maqoma wayete, eseyinkwenkwe, waya kucela inkomo *ku-Jiyelwa* into yasema-Jwaréni, ebimi e-Tyúme. U-Jiyelwa wamnika inkatyana entsundu enemizila emhlope. Lenkomo uyitabatile u-Maqoma waya kuyibeka ku-Mdabe umpákati wakowabo. Ute xa angumkwéta, esutwini, bati abakwéta abaluke naye, lenkabi mayiye kuzekwa ukuze baké bayibone. Okunene-ke ipútunyiwe. Bepúmile abakwéta bayikángela bayitíye igama lokuba ngu "*Jingqi*," bati, "Tina singamabandla akulo-Jingqi." Kwasusela apo-ke ukuze kutiwe-nje impi yaké ngama-*Jingqi*.

U-Maqoma kukunene kuka-Ngqika. Uzalwa ngu-Notónto intokazi ka-Nxiya, um-Nqósinikazi. Igama lika-Notónto afunga ngalo ama-Jingqi *ngu-Menyezwa*.

U-Maqoma ngoyena wazalwa kuqala kuno-Sandile. Yinkosi ebingafani nankosi ngokukúta. Ibisaziwa idume ngokukálipa. Nanamhla ama-Ngesi nama-

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lawu akakakulibali ukukálipa kwaké, nento awayenzayo e-Mtóntsi ngemfazwe ka-Mlanjeni, mhlana wawuti-nyátye umkosi ka-Fordayise (Col. Fordyce) kulontsunguzi yase "*Water Kloof.*" Nanamhla ungaliva i-Lawu lisiti, lakuqunjiswa lelinye ;— "Lumka, undibona-nje mna ndiyinjana ka-Maqoma, ndokuluma."—Wati akubúbá u-Ngqika, u-Sandile wabanjelwa ngu-Maqoma wada wakúla. Ute emva kwemfazwe ka-Hintsa (1835) wafuduka waza kuma e-Mtóntsi, kumandla wase-Bofolo. Lite lakufa ngeye-Zembe akalwa kuba wayengavumelani nokuba ilizwe lide life ngocúku luka-Tsili. Eyona mfazwe wayilwayo yeka-Mlanjeni, waza ngayo wenza imbúbiso enkulu, kwimikosi yama-Ngesi, ekunye ne lawu lake, u-Uithalder, elabúngca emlungwini neqela lomkosi wamanye ama-Lawu awaye ngamapolisa pantsi ko-Rulumente wama-Ngesi.

U-Maqoma uzele u-Namba, u-Dalasile, u-Tini, no-Riliho kwicala lendlw' enkulu ; waza wazala u-Kona ekunene.

AMAGAM' ENKABI ZE-NKOSI ZAKULO-JINGQI.

Eyase-Xhibeni *ngu-Ngcweleshe.*
Eka-Maqoma *ngu-Jingqi*, ekutiwa kulo-Jingqi.
Eka-Ngqika ekunene *ngu-Teta*, ekutiwa kulo-Teta.
Eka-Namba *ngu-Ndila*, ekutiwa kulo-Ndila.

,,	-Kona	,,	*-Dumashe*,	,,	-Dumashe.
,,	-Jamangile	,,	*-Zulu*,	,,	-Zulu.
,,	-Ndamase	,,	*-Gxara*,	,,	-Gxara.
,,	-Ofisi	,,	*-Tanga*,	,,	-Tănga.
,,	-Ofisi, ekunene,	,,	*-Ntola*,	,,	-Ntola.

University of Fort Hare
Together in Excellence

IZIBONGO ZIKA-MAQOMA :—

Ngu-Njalatya, u-Jong' ums' obomvu, isijorá sc-Notónto,
Sentokazi ka-Nxiya yasema-Nqósinini.
Yinyok' emnyama ecand' isiziba.
Ngu-Nompondwana, upúnguza nampofu.
Ngu-Desh' oneqúbu, usayama ngentaba ka-Mnqwazi.
Luhlwat' olumadolo lo-Notónto,
Umanqumla ntloko zemifulana zo-Nomshwaka.
Yintshuntsh' enkulu yakulo-*Nomina*,
Usivumbéleni axel' ingonyama,
Ufa lako lakutyiwa ngabe ntaba,
Kuba lakutyiwa ngabasema-Mfengwini ;
Ubuyokwenzani-na wena kulontaba ka-Sihota ?
Ngumatánd' ukuba nenkabi, kanti yinyaniso wozifuya.
Ngumdak' ozikweliti zipúmelayo.
Nakuba noko zidla *ngokubuy' umva*.
Yinkunz' enqukuva yase-Ntolweni.
Godusan' imivundla sisenge,
Kub' umntaka-Ngqika ungxoxwa yimilomo.
Ngumatánd' ukuhamba *netyabákazi*,
No-Noxina no-Fatase.
Yint' eyaty' u-Gxebekana nenqwelo zakè,
Akwanya lutó noko *kundlel' ezinamaqèkez' ebótile*.
Ngugqodoza ngentshuntshe,
Umval' usekel' amas' apálale.
Yintw' eyazibula ngo-Ngcweleshe mhla yazibula,
Nok' uvele-mva umzi wakulo-Jingqi.
Ngu-Ngqik' unenkom' ezibádi,
Ukutyelwe yinin' ukufung' u-Nojoli umgumntana-nje :
Yingwe ka-Fuldays' e-Mtontsi.
Ngumafel' *esiqitini* kwesomlungu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

KONA MAQOMA ukunene. U-Kona uzalwa ngu-Noxina intombi ka-Ntlebi yasema-Gqwasheni. U-Kona lo wayemiselwe ebukúlwini ngu yise u-Maqoma, koko ute akuvela u-Sandile wamténa, ngeliti, akanakuba yinkulu kuba ngowom-Xósakazi.

IZIBONGO ZAKÉ :—

Ngu-Búlu, umacal' exáma.
Ngu nkos' ayizalwanga ngum-Xósakazi ;
Nguntlahl' ing' ingaténgwa inikw' abatándwayo.
Sabis' aŕwaqele law' elinepúpá,
Mazondwa ngemaz' entsundukazi
Yase-Péuleni, yakwa-Holo ;
Somtseu, Róji ka-Jingqi.

NDAMASE KONA, inkulu ezalwa ngu-Nohukwe, intokazi ka-Mapássa, um-Tembukazi.

Ngu ty' elimnyama lama-*singatá*,
Uwandlal' intshuntshe,
Unqwel' enkulu yakulo-*T'óliwe*,
Usabela wabizwa kowenu kulo-Mbómbó.

OFISI KONA, ukunene. Uzalwa ngu-Nobési intokazi ka-Bikitsha yasema-Qocweni.

IZIBONGO ZAKÉ :—

Ngu-Dela, uxális 'izulu ngomoya,
Owapézulu ab' etsalel[illegible]pézulu ;
Owasezantsi ab' etsalel[illegible]zantsi.
Ovuk' emini akabonange[illegible]nto,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kub' akayibonang' inamb' icombuluka,
Kolu gudu luka-Nyaba.
Umntan' enkos' intliziyo lixego,
Xelelan' elimfeng' u-Menziwa-ndikúp' ingcola,
Ayokuxela ku-Gungu ukub' igama lihlutiwe,
Ngalemini yengweny' ase-Mgwali.

KADENI KONA, weqadi elikúlu. Uzalwa ngu-Nofosi intokazi ka-Matu, u-Mpondokazi.

Ngu-Pákamile, lwandle luyavimba,
Kuba luyayivimb' imilamb' emikúl' engenisayo,
Azi luti lwakuzala lwele pina!
Itye lika-Gompo linomlomo,
Kuba litete kwaw' amatóntsi.
Ngumsezeli wamahlung' ase lwandle,
Ingwe yinal' ebomvu,
Ngwe ze-Gqunube ziyimidaka,
Zingamagwangq' ezaselu-Nwelueni.
Ubélu yingonyama, incúka ngumdaka.
Yinto ezwi limqonganqo,
Eyatet' ise-Tsitsa kwev' ose-Róde,
Watet' u-Dyassopu ku-Ndlovukazi.
Ngu sityída yinyati,
Bóxoti lixáma,
Bijela licánti.

EZIKA-MONI KONA umninawa waké.

Ngu-Nadopu, u-Hewu libandayo,
Ngu gubu litetayo lika-Jong' [illegible]
Nguvela banyakame
Abakowabo basema-T[illegible]hawen[illegible]

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumnqonqozi wenkom' elu pŏndweni.
Andimtând' umnt' ondinyokonyayo,
Ndikólwa ngumnt' ofak' aluyeke.
Bityo lunenzeku. Mzi ka-Smiti ngowakowabo,
Wabuyela kóna nyakana laxola.

MADONDILE NDAMASE unyana wentw' enkulu ka-Kona. Uzalwa ngu-Nolenti intokazi ka-Tyebi yasema-Cwéreni.

Ngu-Jiningisi, u-Hewu ligwetyiwe,
Ligwetyelwe umhlaba wakwa-Ndungwana.
Ndlovu yakwa-Tshaka, egqume yada yambámbázela,
Yada yanga iza kutya usapo luka-Matiwana.
Ngumcel' ontsiba-nde nezamapíko.
Hay' umlonjane ontsiba zilubélu.
Inkosi yomnga ngumngampunzi.
Lisiko lomntwan' osi-alam
Ibúlukwe ukuba neziroba.
Umlamb' onencwina kuselu-Bélu
Apo nama-Mfengu ebeyiká kóna.

EZIKA-NOHUKWE umka-Kona omkúlu.

Ngu gomba ngopóndo ;
Unowakwa-Tshatshu ngowakowenu,
Nowakwa-Ngqika ngowakowenu.
Uvimb' icitywa kub' elibekel' indoda.
Nguwopúla kuse shushu,
Indwendwe zode zihambe.
Ngu seb'enzani ningakángeli mna,
Kuba mna ndingowenkos' umntwana,
Ndingoka-Mapássa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

PITOYI VANQO into yaselu-Sizini iqadi lako-Joli :—

Ngumtwâl' onzima wako-Zobi,
Ewe, ugazi ka-Yongose,
Uncúka enomgada.
Uwadan' umtwâzo wakwa-Matóle,
Usipândlwa zintshingà.
Umdoko unani ungasi kuma-Xâma !

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Ndlambe

(Kulo-Gaxa.)

U-Ndlambe kukunene kuka-Rárabe. U-Ndlambe uzele u-Mdushane, no-Mqayi, no-Mhala, no-Nowawe. U-Mdushane, oyinkulu ngokuzalwa, watatyatwa wafakwa kwindawo ka-Cebo (uyisekazi), into ka-Rárabe, emva kokufa kuka-Cebo, baza ubukúlu baba bushiyeka no-Mhala, kuba u-Mqayi waqubul' intonga wemka ngemfazwe ka-Hintsa waya ku-Páto no-Kama.

Kutiwa u-Mhala wabuzuza ubukosi ngokusuke anuke umkuluwa wake u-Jan ngokuti uyatákata, kuba wasuka u-Jan lowo wanxámela ubukósi. Kutiwa-ke bati abantu baka-Jan bakuyiva lonto, basebemshiya besiya ku-Mhala. Bate nabaka-Mqayi benza kwalonto, ukuze u-Mqayi aselesimka-nje esiya kwa-Páto.

U-Mhala wayilwa imfazwe ka-Hintsa neye-Zembe, e-Mgwangqa, apo umninawa wake u-Mxámli wabulawelwa kona nento eninzi yentwala-ndwe zakomkúlu. Ama-pákati akazange abe samvumela ukuba ayilwe eka-Mlanjeni, ukanti noko bona abantu bake banyebeleza baya kuliwa lepetwe ngu-Qasana,

University of Fort Hare
Together in Excellence

ebekutiwa ngu-Mfundisi elinye igama. U-Qasana lowo waya kungena naloma-Ndlambe kuma-Ngqika kwa-Matóle. Ute u-Mhala noko angundilele kati uwavulel' itúba ama-Ngqika, angondiyalwa, ukuba eze kufiniza kuye nempahla yawo. Ite i-Ruluneli, u-Sir Harry Smith, yakuyiva lonto yati makahlahle, waza wahlahliswa inkomo eziliwaka.

U-Mhala uzele u-Kondile, inkulu (N.C.Umhala) waza wazala u-Smiti, namawele u-Makinana no-Mtshatsheni, no-Ndimba, no-Mayezile. U Nathaniel. C. Mhala ngulo uyinkosi yama-Ndlambe ngoku.

Izibongo zika-Mhala Ndlambe :—

Ngu-Mbódla ka-Sitóle, umbódla ka-Sigqeku,
Intw' esidanga simnyama selawukazi.
Ngumdaka wase-Dikeni,
Into ka-Ndlamb' ujiyis' uwuca.
Ngumang' angayizeka neyomlungu, ka-Mjacu.
Yavel' incúk' irwéx' elimdaka,
Ngwe yinal' ebomvu, ubélu yingonyama.
Ngusayama ngantaba ka-Gqebeni,
Lukóz' olumapikw' angqangqasholo lwakulo-Gaxa,
Ngumzi ka-Gcaleka siwugqwetile.
Inkos' iba nkos' ukub' ikálipe,
Nazibonan' ezasem-Lungwini,
U-Rulumente wenziwa ngemilomo.
Ngu-Wongxi, umt' osesangweni,
Ovalel' inkomo zika-Ndlambe.
Ngu-Galatya yindlovu, umkómbé yi-ndamsi.
Ngu yavuk' incúk' iŕwanq' elimdaka,
Yawaguqul' amaxám' ez' ekáya.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumdak' olw' esigingqini se-Gqorâ,
Nguhlati le-Rûrâ *lamulekile.*
Lilo lodw' ihlat' elinembâli,
Kub' itshate kón'imbódla ka-Sigqeku.
Yinkunz' etetela mizi mibini,
Itét' e-Mnzwini nakulo-Gaxa.
Ngumzi wenkos' uwutetela ngasitébe sinina,
Kanti kowawo kutetw' etâfeni.
Ngu guda zilingeke inge yintonga 'yakwa-Faku.
Ngusidl' esintlokw' *inempobole* ;
Ngusihlala xabeni kulo-Tuba bat' uyabanga ;
Ngu-Sikólokotâ, umazingela bat' uhlol' indlela.
Ngunkomo zom-Zantsi zinoqónqa ;
Ngu nanko-nanko apo angayi kóna,
Ubeké wazam' ukunyuka kwa-Gqolodashe.
Lomntwan' ubulawa ngamadun' akowabo
Ubulawa ngu-*Ndayi* no-*Tshunungwa.*

Nowawe Ndlambe umninawa bo-Mhala.

Nguso-Koyi into ka-Ndlambe,
Ingqang' enepíko, ingcalangcalakazi.
Umntan' enkosi wakwa-Mgangató,
Upâhl' oluhamba luxokozela,
Unqwelo yofika maxa limkayo.
Ngu nkomo zidla namahash' omlungu,
Yintaka ninale imnyama ngesinqe,
Ibomvu ngamapíko ngati ligolomi ?
Ndiyibonile nam lihlwilihlwili,
Lentak' ifunzela kwa-Qoboqobo.
Ngu nyosi zagxot' ama-Ngesi sihleli ;
Yintamb' enkul' ebamb' ama-Jamani ;
Lucing' oluhamba ludumzela,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lugqit' *e-Bȧlini* balombȩ́lela,
Lwaya ngokulal' emapoliseni,
Baluxelel' indlel' ey' e-Montini.
Ngunja zidlul' apa zigxot' iliza,
Alibonwanga lilunga lika-Fali.
Yintw' engeyiy' incúk' ezinyamakazini ;
Ngu sisu senqwelo sibȩ́ke pezulu,
Ingab' ikúmbula pesheya kolwandle.
Ngundaba zivela pesheya kwe-Gqili
Zivela *ku-Pauli* inkosi ye-Búlu,
Kutiwa ugxotiwe u-Mzilikazi.
Ngundab' encwadini ziyinto eninzi,
Zincinan' indaba eziyinyaniso.
Yintw' enoboya nasemlenzeni,
Ngati lifamnco lasemzini.
Lenkosi yama-Nyange ifanelekile.

Ndimbá Mhala ozalwa ngum-Sukwinikazi iqadi lase kunene :—

Nguse-Rȇsi into ka-Mbȏdla,
Uzola ngamaxȃka nakwimvul' engaka.
Mazibuy' indlovu sisik' imixȃka ;
Ngu-Nobȩ́cuza intak' esindwa sisila,
Lukúnikaz' olubekwe nyakenye,
Luye lwabekw' emantlok' entlambo,
Kwafik' o-Nkombisa balufunqula,
Batȩ́ngisa ngalo ema-Jamanini.
Yinqwel' enkul' emahash' alubȩ́lu ye-Búlu,
Ngu-Nongqaus' udal' amafanuga,
Ungab' akaxok' uxel' inyaniso.
Xȩ́lan' inkom' ezo nishiye izinja,
Kuhlalel' ukufika inyamakazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yinkos' yamatámb' angamadoda,
Eyama-Gogoty' iyahula nonyaka,
Kub' ihlel' emhlabeni ka-Ngubencúka.
Umntan' enkos' uyazondwa lutshaba,
Lumk' intamb' ingazigqit' indevu.
Kutw' u-*Rúvexu* uhlalel' ukufika,
Kuhlalel' ukugwetyw' amagogotya.
Ngufik' e-Zagwityi watshisa ihlungu,
Kwa-Ziduli-zide umlambo omhle,
Kok' umiwe ngama-Mfengu pézulu.
Ngu-Gqunube utá lis' elwandle,
Kukw' isigingqi apo lingena kóna,
Limelwe ngu-Masele pézulu.
Untak' obusi zibúl' amapiko,
Uva kunuk' ubusi emnxúnyeni.
Lomntwan' ukwél' amahashe mabini,
Kub' uyaxakeka lakuba linye,
Lomntwan' akavunywa nanguyisekazi.
Akavunywa ngu-*Makeleni* pesha kwe-Qonce,
Selefumana wahlala kwa-*Tshalisi*,
Nay' umtánda ngokubátala.
Ngumntan' uhlal' enkantini *kwa-Keli*,
Uhlalel' ukukátywa li-Jamani.
Ngulunga lehash' andikaliboni,
Ndidla ngokubon' ilunga lenkomo.
Ngu pos' enkul' idume ngama-Joni,
Kant' ak' akwél' ahamba ngenyawo.
Lamt' usenkundleni mawugaulwe,
Umntan' enkos' upants' ukwenzakala.
Ngumazingel' abuye ku-*Komanisi*,
Aze ngokulala ku-Bolonisi.
Wasuk' u-Eleki waxél' igusha,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ubuye kwenzani-na kwele-Nyati ?
Ufun' ukubanjwa *ngu-Bulunga*,
U-Bulung' uzigqibil' inkosi,
Uyazoyik' ezasem-Lungwini,
Mbambéni nimxélel' izinja,
Akasokudliwa ngamaxálanga.
Yintw' endlela zinemigonx' ukuy' ekáya,
Uswaz' olude lokubet' amaxégo,
Lokubet' amaxég' akulo-Gaxa.
Ngu-Gqunube lehla ngom-Singama,
Ukuze ne-Xiníra lingene kóna.

Toyise Gasela inkosi yama-Ndlambe, e-Mnzwini.

Ubesakuma nesizwe saké ngase-Sihobotini, ku-fupi nalendawo inesitishi sakwa-Loliwe kutiwa yi, "Toise River Station"—U-Toyise ngumzukulwana ka-*Nukwa* owalwa kakulu nama-Ngesi ngemfazwe ye-Zembe :—*Kutiwa* ukubongwa kwake :—

Ngundadela ndikólwa,
Ngwevu *ka-Xobongo*,
Mawel' i-*Nkemfu* lika-Mxálanga,
Ntsás' enemizila.
Inkos' emnyama yinto engendawo,
Kub' ibulel' ilizwe iseyindodana,
Ukuz' ize *nenquqú ka-Mjembu*.
Ngusifihla buso sivelis' ingalo,
Ixáka lenkosi lika so-*Finyeza* ;
Kulamahlat' inkawu zimangele,
Kuba nizibamba nizis' em-Lungwini,
Zibe zingadlanga nto yamlungu.
Incibi yakwa-Gcaleka andikayitúmi,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yaqala ngesinq' ukupál' amapúti,
Eyona ndaw' inamandla kwinyamakazi.
Ngu-bésh' ukumka wasal' epéka,
Ingcapé nesigodlo, umtya netúnga,
Intlaka nexolo, nditshilo -nje nditshilo,
Andiyi kupínda dad' olunentonga.
Ngabeta ngomkónto kulamagwala,
Aqut' amanqina ndakuwapéka,
Ukuz' eze *nentsundu yakwa-Sana*,
U-Maqunqu, intsund' engeyintle,
Kok' igxekwe zindlebe nempondo, umsil' *ulugqobo*
Nase-Cenyu nase-Cumakala.
Zirólen' iqiya zokubédesha ;
Ingqakaqa yabagqib' abohlanga,
Imbambil' *u-Dila no-Fintela*.
Nqina lenkom' ulibuza kum-na ?
Akulibuzi ku-Pánda nosi-Cwesha,
Bona badli benqina bepúm' inqina ?
Ungab' uwadlile amas' akwa-Bozi,
Asengelwa ngu-Bozi no-Gayeza,
Kuhlangen' *izicútú* zozibini.
Inkobe zapekw' emtíni zavutwá,
Zibaselwe zimbíla nesikóva.
Ngumntanam akangelili ndihleli,
Ndingaye kutéza, ndingaye ndawo.
Kéfu sombawo, ugugu njengaxina,
Umazondwa ngenkunzi yerwanqana lakulo-Mbómbó,
Elabuya lagwetywa kwakulo-Mbómbó.
Mgawuli wentong' esemeveni,
Nyok' emnyama ecanda siziba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Moto Gasela, ukunene kuka-Gasela.

Ngu-Wohakwe ka-Ncéte,
Umxatúle, uqolo bék' e-Gcuwa,
Inkew' engoz' inkulu,
Kub' isuk' ihlanza nakwi-Namb' ezulu.
Intw' enwele zibomvu ngokwandlal' idobo.

Mditshwa Gasela, itshawe lase-Mnzwini kwa-Ndlambe. Ezi zibongo zilandelayo wazizuza mhlana walwa no-Toyise owayemhluta ubukosi.

Ndiniken' uswazi ndimbete umntwana,
Umntan' enkosi uvalelwe kwavimba ngama-Jinda,
Evele ngezipánga zozibini.
Kulokw' irámncwa limnqikil' uvimba ;
Intak' emehlw' abomvu kukulila,
Kub' ayilidlang' ilifa lika yise.
Imaz' embilin' uqoqoz' igazi,
Yad' anga ludonga lusand' ukunetá.
Lento yoso-Nakė ndiyiqondile.
Ngubani-na ondibiza ngegama e-Mdizeni ?
Mxeleni ndimbize ngegama.
Ngutyibilik' emhlaneni ka-Mbáli koka-Ngqongw' ayokuwa ;
Umntan' enkos' uzibule ngenkakazana ngo-Malinani,
Ndiyakwendis' u-Nomvató kwezase-Bótwe,
Wohlal' u-Cudulu andikumendisa,
Ukuz' abe likúbalo kwezase-Bótwe.
Ngumazondwa ngemazi yakùlonina ngo-Siqwabé,
Umazondwa ngemazi ka-Nyeleka.
Uyifumene pin' ileli yokuy' ezulwini ?
Uye wayibeta kwa-Nqobokazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mjuza Nxele, um-Ngwevu, ote akuba sibonda e-Tshabo kwatiwa ngum-Tshawe.

Ngumahodi-ayalila, inqab' enje ngetsili.
Uso-Gqoloma, *indlovu yase-Nciba*,
Iramncw' elinzipo zibabayo,
Umhla-mnye liyakwéla *ku-Bomvu*,
U-Bomvu wasema-Ngwevini.
Ugatya lamkwínta, um-Bémbéla,
Umazel' amnandi kamvulazana,
U-Sixákwe, uzinzel' ihlahla.

Búkula Mjuza, um-Tshawe, umzukulwana ka-Nxele.

Ngu abelung' abaludad' ulwandle,
Beza ngenqanawa kweli lizwe.
Ngumkós' onamandla wama-Jamani ;
Nguvela kwa-Gqadushe pezu kwe-Xesi,
Imfengw' elilel' inkomo yakwa-Mdodana,
Kwarazuk' i-Ncwázi kwavel' ama-Támba ;
Ngumazingel' esayama ngentaba ye-Cwáru,
Intsimb' equtú yasem-Lungwini,
Etíyel' amacánt' esizibeni.

Ndayi Tsora, um-Giqwa, ipákati elikúlu lika-Mhala, ebelisisibonda e-Mncotsho. Wazizuza ezizibongo mhla ngomdudo omkúlu owawuse-Ncúlu. Mhlana kwendiswa intombi ka-Kona Maqoma emva kwemfazwe ka-Mlanjeni. Mhlana waduda zanqwili intokazi. Bekutiwa.

Nants' into ka-Tsoráwukulu,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Uxáka-nxamko, inkabi ka-Ziya,
Ugombél' ekáya.
Nal' ihlati lamagwal' oyik' indlala,
Ungqanga yak' amanzi ngepiko,
Yafik' enkundleni yawapálaza.
Yintw' engange puluwa *ka-Semsem*,
Ipuluw' enkul' elim' amatapile ;
Imbiz' enkul' epék' amanz' etyuwa,
Abantu benkos' ubadub' ubenzani,
Ujokene nokubanukuneza,
Ujokene nengub' ezimarwexu.
Yintw' efana nenyoka zomlambo,
Intw' enxuwa lidala linemitúma.
Ngu ngak' ubon' apo kupúm' ilanga,
Ladal' umnzwi apo litshona kona.
Ngutshayel' esigodlweni senkabi,
Umntan' ongadli nkom' asemzini,
Odla ngokudl' inkom' akowabo.
I-*dawuwa* zinkab' ezimabádi,
Mpondo ze ere zibéke pezulu,
Ezo-mkŏmbé zilandelelene.
U-Rómoti, uwelwa ngumwewe,
Into ka-Tsor enkulu.

MQIKELA NDAYI, unyana waké omkúlu.

Nants' intw' enkulu ka-Ndayi,
U-Sinandile, ungqamb' esililini.
Unxeba lisabóbó lesinandile,
Masibulise, sihleli ngoyihlo.
Qengqelek' emhlaneni wenkabi.
Ngu-sidul' esintusi kwezimdaka,
Umka-Sanxawe usik' imixáka,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ndimdela ngokuyicukuceza.
Ngu nkomo ze-Damesi zitya kwa-Gaga,
Ziya ngokusel' elu-Pilisweni.
Ngumdak' onḳwiniba zinokwḗkwḗ,
Ngewufile ukub' uyinkazana,
Kok' uyindod' umxḗl' ulushica.
Nguntonga zipâteni ngonxelazana,
Lumkani kuyiw' ezibukweni,
Umkos' wabelung' uyalalela.
Ngumseng' awotiwa,
Kub' uteta nenkos' yapḗzulu.
Ngu-Dilek'-etúbeni, undlu zimhlopḗ zezabelungu,
Ity' elingqut' elityel' ama-Giqwa.
Ngu-Tḗmbela, intak' emnyam' ekwḗz' isihlambo,
Intw' engango-*Mapisa* kwesika-Ndlambe,
Ingango-*Tshongweni* kwesika-Ngqika,
E-Qonc' apa ingango-*Nyamezele*,
Inga ngo-Sangotsha kwesika-*Xâma*,
Emlungwin' ingango-Sonyâkatyâ,
Koko lomf' emnyam' efana nenkomo.
Uvumba nuk' *imirûkwane* yengubo ;
Ipont' enkul' engangentsimb' eṙuka.
Gcin' upónd' olo lungakuhlabi.
Ngu-wanabanaba wakwḗz' umlambo,
Wakwḗz' u-Mncotsho no-Mntlabati,
Ukuz' inkomo zidl' intsimi yomkwḗkazi
Yasema-Ngwevini.
Ngumnumzan' omvaba zimagxarâ,
Yenz' ubitiw' inkom' ezilubḗlu.

Páya Ncíntsi, um-Kwayi ongomnye wamapakati, ka-Mhala, e-Mncotsho :—

Inqúkuva ka-Ncíntsi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Msukuxóba kaume sibuze,
Ufun' ukulwa ngabuxoki bunina ?
Uké wenjenje nase-Zipúnzana
Nto ka-Ncíntsi, hesha *ngepúnga*,
Mty' ondindilili wasema-Kwayini.
Elikába lidl' imofu liyikányela,
Libe lisiti idliw' esikolweni.
Ikába lesilaŕa lidl' umkúnyu,
Lil' uhlale mka-Makinana,
Incwad' ifike maxa kulalwayo,
Kuhlalel' ukufik' u-*Katikati*.
Ntw' elutétè lundawonye necongwane,
Nyam' enkunz' iba nkulu ngentamo.
Mntaka-Ncíntsi uyazondwa ngo-Joni,
Kuba bati wamshiy' um-*Lungukazi*,
Bombamba bams' etolongweni.
Hashe lexilongo lajikajika,
Liwel' u-*Gezana* labuyelela,
Ndikè ndalibona ngawam' amehlo.
Vusa lomaz' imnyama kwedini,
'Zuyis' emtíni 'zufak' intambo,
Uzunikel' imaz' engwevukazi,
Neŕwanqakaz' elibotshelelwayo.
Inkom' ifelwa nditánda yona,
Bendiba yofa indishiya nohlobo,
Inkunz' enqúkuva nenkab' exáka.
Zinqandeni nizise ku-Matóle,
Kutwa zijiyile zixakekile.
Ntw' engeyinzim' ukub' iyabelekwa,
Kúp' intambo ndikúp' amatóle !
Ndihleli-nje andilalanga pèzolo,
Kuseloko ndivuswe ngu-Yihwe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Rangi Gwelele, um-Bamba ongumpáka ka-Mhala.

Rangi ka-Gwelele, nqata lilubélu,
Qúq' axel' igwangqa ;
Uyakwaz' ukupál' ukuyekile.
Tina zingcol' asiyi mzini,
Kufanel' ukuyiwa ngamaqoqa,
Zona kali zisabukekayo.
Luti lumanqanam oluvel' ebu-Lembu,
Qoza lakwa-Tixo, póndo jikel' amagqab' emiti,
Túngel' *imbénga* lomdlezana.
Inkom' endincokola ngayw' ezizweni,
Ndiyitanda ngebal' elipákat' elisesibilini.
Ingqomb' ase-Xesi.
Udl' *amatál'* uwaqingq' emnyangо,
Ungawanik' abawalilelayo.
Intshol' emnandi yeyamakába,
Ndiyipúlapúle kwada kwaw' inyembezi.
U-Dandi-sidondile, unco yimaz' ebomvu,
Owazek' inkomo zazilwa yinkunzi.
Bira kundawonye no-Mgwalana.
Ngubandez' amafus' engawalimi,
Engawanik' abatand' ukulima.
Lenyok' inkul' imehlw' amaqakamba,
Bat' ukuhlonipá bati yi-Namba.
Ulubúbú lubélu ;
Zitómbo zamazimba ngamazimba,
Esotiya sitsha msinya,
Ses' amazimb' eké sibambélele,
Ntw' eman' ukugxish' ixel' abantwana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Tobi Qélo umzukulwana ka-Ndlambe oyinkosana yase-Mnzwini :—

Yi-pot' enkulu yakulo-*Zimela*
Umntan' enkos' utyesh' embi kanye,
Angaziseng' inkomo zakowabo zakulo-Zimela.
Into ka-Qélo, umtúngeli wengub' ezimaŕwexu.
Umntan' enkos' utámbek' *eqoqweni*,
Intw' engaz' ipáte lupúlukayo.

Yoywana Qélo :—Um-Jwará.

Yindlov' enenxeba, unonqan' ogwangqa,
Ungqongwa ngabatshana,
Inkabi ka-Mtika ka-Mazaleni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imi-Dange

Imidange ngowona mzi mkúlu kuma-Tshiwo nakuba u-Mdange yena ekukunene kuka-Tshiwo. Ubukósi bama-Gcaleka nobama-Rarabe (ama-Ngqika) buvele kwi-Midange. U-Tshiwo, into ka-Ngconde enkulu, uzele u-Gwali, no-Hleke, no-Mdange. Ute u-Gwali, obeyinkulu, akayikólisa inkosi ngokuti izo-nezolo akuba nomsindo asuke ubulale umntu. U-Hleke umninawa wakė washenxiswa yinkosi wanikelwa ku-Gwali, ngenxa yokungakwazi kwake ukubusa. U-Mdange wayikólisa inkosi ngenkonzo yake, yaza-ke inkosi yaseliwushiya naye umzi wakomkúlu.

Kute ngokungazali konina ka-Gwali inkosi yabuya yazeka, wati lomfazi wazala intombi ezimbini, wafa-ke u-Tshiwo eshiya u-Mdange komkúlu. Yiyo lento kutiwa yi-Midange ka-Tshiwo.

Zihlangene izipákati kwabuzwa ukuba, inkosi ifile-nje, umzi uya kupátwa ngubanina. Lite ibúnga makupátwe ngu-Mdange kuba u-Gwali ukóhlakele. Uvisiwe-ke u-Mdange wamangala ngeliti,—" Andina kuzitatela ityala ebendingadifumananga." Ute akunyanzelwa ngumzi, wati kwo,—" yekani ndiya kunenzela." Watabata *u-Libela*, omnye wama-

University of Fort Hare
Together in Excellence

pákati, into yasema—Ntakwendeni, wati makangene inkosikazi leya ibúbé inkosi izele intombazana ezimbini kuyo. Inkosikazi leyo yamita yazala u-Pálo, yanguye-ke inkosi. U-Pálo lowo-ke uzele u-Gcaleka ; waza u-Gcaleka wazala u-Kauta ; yena wazala u-Hintsa ; yena wazala u-Rili ; yena wazala u-Sigcau (u-Nonqane) ; yena wazala u-Salakupátwa (u-Gweb' inkumbi). Ekunene u-Pálo uzele u-Rarabe ; yena wazala u-Mlau ; yena wazala u-Ngqika ; yena wazala u-Sandile ; yena wazala u-Gonya ; yena wazala u-Faku.

U-Mdange, kwindlw' enkulu, uzele u-Ngwema ; yena wazala u-Marúla ; yena wazala u-Kuse. Ekunene uzele u-Mahote ; yena wazala u-Jalamba ; yena wazala u-Funo ; yena wazala u-Gceya ; yena wazala u-Madolo. Ngoko-ke impi yentw' enkulu ka-Mahote ngama-Jalamba.

U-Mahote wayezeke u-Nodukwe intokazi ka-Qánqolo yasema-Cireni. Ekunene uzele (ngo-Nodukwe) u-Nyanti intombi eyasuka yatwásа ayabi senda. Imidange ifunga u-Nyanti lowo.

Emva ko-Nyanti uzele u-Gudisa, ote yena wazala u-Sabeko, ote yena wazala u-Nciniswa, ote yena wazala u-Vandala.

Emva ko-Gudisa uzele u-Njomose, ote yena wazala u-Xásа, ote yena wazala u-Fili, ote yena wazala u-Ngola.

Emva ko-Njomose uzele u-Qo[illegible]ote yena wazala u-Cálata, ote yena wazala u-Dyani, ote yena wazala u-Maki.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Emva ko-Qoba uzele u-Nginza, ote yena wazala u-Bangela ; yena wazala u-Kam ; yena wazala u-Zinto lo use-Mnqaba ngoku.

Emva ko-Nginza uzele u-Diyeka, ote yena wazala u-Botoman ; yena wazala u-Fandala ; yena wazala u-Fafolo.

Izibongo zika Tokwe Botomani inkosi yemi-Dange.

Ngu-Sobantu, u-Ndili ka-Ngonyama,
Iramncw' elimazinyw' abutúntu,
Ngamhla-mnye liyakwél' endodeni.
Ngumkónt' onqukuva wasebu-*Nguni*,
Obulel' umntu ngefuniselo,
Umaz' ebomvu ngu-Mjikantamo.
Ngu zulu lazigingqi, u-Habalalashe.
Umka-Madonci, uncebeta ligos' emabeleni.
U-Ngeshe wono-Manto, unkos' iba nkosi ngankosi-
kazi,
Iraw' elinentunja.
U-Sitokwe umnt' ondinik' inkunzi,
Into ka-Botomani, ixák' elilubélu.

Mpangele Tokwe unyana ka-Nokazana um-Cira-kazi.

Lidomb' elimilenze, u-Stemele,
Intw' engangenqanawa zipúm' elwandle,
Kula mmang' umnyama kuso-Yikanja.
Ngunanganganga lambát' ingub' engwenya,
Nkunzi yambótyi yazal' amarwexu,
Nkunzi ka-Tokwe nek[illegible]ndala
Zinqúkuva zombini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Zihlab' elundeni kweyomulungu,
Zihlab' elundeni kweka-*Madondile.*
Nguso-Saŕa ingwevu yomlungu,
Hashe lika-Sixitolo,
Bekḗ salincoma sati limpemvu,
Kanti hayi kuba ligwangqa.
Ngumayifuduk' imi-Dang' e-Nxấxa,
Kub' izigqibil' igusha zomlungu.
Ngqang' eneṕiko,
Mhlan' omhle wokugudl' intokazi.

Rámbalamatye Tokwe ozalwa ngu-Nokazana intokazi ka-Ntengu yasema-Cireni :—

Ngu-Bấlakisi, uso-Rấfukazwe liyabấtalwa,
Uso-Bú́kwe kancwad' ebấl' izi-alam.
Ngu qóqó fusakazi, umnyenyeka,
Umbḗla kama-Xấnti,
Upíkis' abantu bemqongqota.
Uruxesh' onenkani wakulo-Nyanti,
Ugomb' ihlwihlwili,
Ugqoboz' izulu ngesibili.

Wongama Tokwe unyan' omkúlu ka-Mpangele ozalwa ngu-Nojaji intokazi ka-Bangani, um-Ntandekazi.

Ngu-Wongama ngewonga,
Umntaka-Mpangel' u-Wongama ngexấka.
Undaba nguye bayashumayezana,
Ujwabu linamandla linemizamo,
Libikeni kuyis' u-Zotan' ukuze linqamke.
Ukṓnzis' abantu bempấlala,
Kḗ kwamnandi mhla bacel' amafusi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Intamb' eqauka kubanjw' inkabi.
Udwangudwangu lwentombi yakwa-Mbúdu yaseba-
Tenjini.
Ufingxeleka sidanga *sonyiwa*,
Untloyiy' ontusi wakwa-Lutúli,
U-Napákade ka Sifubasibanzi.
Umatwét' ukuhamba axel' inkonjane.
Umntaka-Mpangele,
Isizib' esimnyama sokudlul' amadoda,
Udob' elinemicinga nemizi.
Iramncw' elindlu zimanqugwala,
Sikángele sancama mhla kwawel' inkosi,
U-Rulumente kubambene no-Pálo,
Sombon' owoyiswa kuba wobátala.

Botomani Mantla umzukulwana ka-Mahote.

Ngu zembe mqungqulu, ubólosh' upóndo,
Ingqwenga *nezibozi* mhla nimkayo,
Umatáng' ayabanda njengawe cánti.
Umtát' oqele ongangeni nezembe,
Umnt' otúnywe futi ngoka-Mlau,
Xámakazi lakwa-Ngcembulana.

Fandala Botomani :—

Ngu-Hata-ka-Hoyi, inkomo zase-Gqili ngamaxáka.
Ingevengevana, inkosi yase-Támbo,
Umahob' akabalanye nok' alubélu,
Intsundu ka-Watshaba.
Umdak' omnyam' onkopé zibomvu,
Umafanelwa yimból' engaviqabi,
Azi angabek' api max' aviqabayo,
Umalūsi wenkunzi yakulo-Mbómbó.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kubashe Nginza inkosana yakwa-Mdange engumninawa ka-Bangela. Ezi zibongo wazizuza ngento embi awayenzayo nakuba yayintle ilungile kubo bona bahedini. Kutiwa wabutá intombi zika-Ngqika, ngesiko elibi lo-"*pándlo*," waya kwela nazo ekáyeni laké ebelisekungeneni kwe-Táwa e-Ncwénxa. Wayindila u-Ngqika eputúma. Efikile u-Kubashe akavumanga nazo wasuka watimba. Wangqingwa apo-ke ngu-Ngqika wada wazikúpa. Izibongo zake :—

Ngu gca mkondwana njengowencúka,
Ulobol' epétúka.
Umemez' inqina engayipúmi,
Ugqwidi kuziwisa kwabeminxeba,
Ilawu lika-Nginza.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Aba-Tembu

Ibali liti Aba-Tembu, nama-Xosa, nama-Mpondomse zizizwe ezipúma kumnombo omnye, zipuma ku-Njanya into ka-Mbulali, waye u-Mbulali lowo iyinto ka-Zwide. U-Njanya wazala onyana abatatu, u-Malandela, no-Mpondomse, no-Malangela. Aba-Tembu bapúma kwinkulu u-Malandela; Ama-Mpondomse ku-Mpondomse; ama-Mpondo nama Xosa ku-Malangela.

Xa-ke singasafuni kulanda sifumana ukuba Ama-Hala, ama-Jumba, ama-Qina, ama-Tshatshu nama-Ndungwana, apúma ku-Xekwa. Isizwe esingengabo aba-Tembu kanye ngama-Qwati.

U-Hala ngowecala elikúlu kuba-Tembu, aze u-Tshatshu abe ngowasekunene, aze ama-Ndungwana abe lixhiba lakomkúlu.

U-Ndaba, umzukulwana kamzukulwana ku-Tato ongumzukulwana ka-Hala, uzele u-Ngubencúka inkulu, no-Jumba ukunene. U-Ngubencúka uzele u-Mtirara, waza u-Mtirara wazala u-Ngangelizwe inkulu, no-Matanzima ukunene. U-Siqungati no-Mfanta ikwangabaka-Mtirara.

Ekunene u-Jumba uzele u-Mgudlwa inkulu, no-Mdukiswa ukunene.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ába-Tembu-ke ngumz' omkúlu. Bazalwa ngu-Dlomo, ozal' u-Ndaba, ozal' u-Ngubencúka, ozal' u-Mtirara, ozal' u-Ngangelizwe, ozal' u-Dalindyebo. Inkosi epantsi ko-Dalindyebo ngezimini ngu-Sipéndu Bacela ose-Kwenxurá pesheya ko-Mbáshe. Exhibeni ngu-Novili, unina ka-Dalindyebo, intomb' enkulu ka-Saŕili. Umi e-Tyálaŕa, pántsi kwentaba zo-Mtwéntu, apo wafela kon' u-Ngangelizwe.

Izizwe zaba-Tembu

Izizwe ngoku ezikúlu ezimiyo kwelaba-Tembu zihlanu :—

1. Ngama-Hala. 2. Ngama-Tshatshu. 3. Ngama-Ndungwana. 4. Ngama-Gcina. 5. Ngama-Qwati.

Kuma-Hala,

U-Mtirara uzele u-Ngangelizwe inkulu, No-Matanzima ukunene.

U-Ngangelizwe uzele u-Dalindyebo inkulu, no-Silimela ukunene.

U-Matánzima uzele u-Mvuzo inkulu, no-Sabata ukunene.

Kuma-Tshatshu,

U-Tshatshu uzele u-Bawana, waza yena wazala U-Mapassa, waza yena wazala u-Gungubele.

Kuma-Ndungwana,

U-Bejula uzele u-Nene, yena wazala u-Qwésha, yena wazala u-Ndarala (u-Sipéndu elombuliso), yena wazala u-Tshaka, yena wazala u-Mvumbi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

KUMA-GCINA,

U-Tyópo uzele u-Mpangele inkulu, no-Gecelo ukunene.

U-Gecelo uzele u-Malangeni.

KUMA-QWATI.

U-Noni uzele u-Lutshaba inkulu, no-Mbutu ukunene.

U-Lutshaba uzele u-Fubu, waza yena wazala u Dalasile.

Ekunene u-Mbutu uzele u-Ndlela, waza yena wazala u-Stokwe.

Izibongo zika-Ngangelizwe Mtirara inkosi yaba-Tembu ezalwa ngu-Notasi, um-Mpondomsekazi.

Liŕamb' elinendevu lakwa-Mtirara,
Elabonwa ngabafazi bakwa-Mbáng a bepángela.
Sisigcaw' esinoboya sakwa-Ngubencúka ;
Ngukála-kúlu liluml' abantwana,
Liluml' u-Mbánga no-Gqirana.
Ngugez' elagezelwa ngamagqwir' akowalo,
Lagezelwa ngu-Mngomeni no-Giladile
Amadun' amakúl' akwa-Hala.
Ngumtúnz' ongqongqo wase-Mbáshe,
Oqauk' ubuy' uhlangana,
Kub' uqaulwa ngu-Mbánga no-Gqirana.
Yintw' enkomo zintlaninge zigqib' elilizwe.
Ngundlw' enezibungu,
Itshiswa ngabakwam[illegible]kazi ngabakwa-Rili.
Hayi-hayi-ke mna ukuswel' amapiko,
Ndindandazele ndixel' amahobe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumahob' azizantanta ngenxa yokózi,
Ma-Rúdulu ! lozililela neliswel' amapïko.
Ngumbál' incwadi yadlob' enkundleni
Ko-Mateza, yayiya kutób' ubugqi
Bakwa-Mshweshwe kobe-Nduku.
Ngu-Joyi akazindabi pézu kwe-*Xwili*,
Kub' esoyik' ukuhlatywa yimicinga.
Yintw' eti xa ilwa nabantu,
Ib' isiti inyek' u-Makúnzi ngowakowayo,
Kanti waŕeqa kudala way' ema-Xóseni.
Yindlovu yakwa-Tato engafanelekuhlal' ema-Mfengwini,
Kuba yindlov' engango-Faku kuma-Mpondo,
Ingango-Rili kuma-Gcaleka,
Ingango-Mshweshwe kwabe-Nduku.
Yingungxula, ngu tóba tye lingwevu,
Umt' ot' ukuwa wabúkuqeka,
Wabékis' amagqab' elu-Túkela.
Ngududani ma-Hala nidude nenkosi nidude no-Qéya,
Nidude nesigcaw' esinoboya sika-Mtirara,
Esabonwa ngomka-Mapútuma sikwéz' i-Kwelerana.
Ngu timla kotúk' ama-Zizi,
Kotúk u-Mbádlisa no-Mapútuma.
Ngundaba ngaye bayashumayezana,
Abakwa-Gcaleka-Tato nabasema-Mpondweni.
Sisibénekaz' esihle sakulo-*Kázeka*.
Yintw' elucwe lulicwéb' elingu-Mbáshe,
Esiluselayo tina bakwa-Tato.
Ndiţi, ngu-Dadashe, udad' awel' i-Tyumbu,
Aye kupúm' e-Gqili,
Eyakubon' ubugqi buka-Mshweshwe kwabe-Nduku.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngulanga lapúm' enkundleni kwa Somtseu,
Zapúm' izilo zonke zagcakamela.
Ube ngumva-wendlu ubuzokwenzani-na wena ?
Ubuzingenele nin' indaba zemizana ?
Indaba zo-Mbánga no-Gqirana,
Imizan' ezungulwa kucitákala.
Ewe ! nja ziyabusa ngokukónkota,
Ngokuba zisiti, hau ! hau ! xa zibon' umnt' ozayo.
Ngupóko-pálala, balala belushiy' etáfeni,
Intwan' enyawana ncinan' ummangaliso,
Zibonwe ngu-Mxúma no-Yame,
Bafun' izikónkwane babetélela.
Nina ma-Béle nikála yinina,
Sininik' u-Mténtu wacúm' amazimba ?
Lukóz' olumapík' angqangqasholo,
Ndada ndanqwen' ukunga ndinganamapíko.
Ngumkwézeli wentlants' eziqúqúmbáyo,
Ziqúqúmbel' umfana ka-Hintsa.
Injongan' eyajong' ama-Gcalek' e-Bityi.
Nguzwi limpóngampo,
Utet' ese-Zantsi kuv' ose-Roda.
Ilizwe lafa ngo-Makála kwa-Tato,
Kwabálw' incwadi kwanikwa u-Mpíti,
Esiya kutat' inkomo ema-Mpondweni,
Wagqit' enkundleni ngakwa-Gqirana,
Kwakángelwa kwayekwa.
Kodwa zahlutw' inkomo mhlana wagoduka,
Kwada kwatet' amadun' akowabo,
Kwatet' u-Nkebe, kwatet' u-Menziwa,
Kwatet' u-Fubo, kwatet' u-Mlatá,
Bat' umntan' enkos' u[illegible]hwa lanina !
Umntan' ohlel' ehlatin' *elingenantonga*,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ehlatini lika-Gulandoda,
Eligaulwe ngamadun' akowabo,
Ligaulwe ngu-Ngqazwa no-Sotúka.

Dalindyebo Ngangelizwe, inkulu ezalwa ngu-Novili intombi ka-Rili. Ingama lenkosi leyo lasemlungwini bati, ngu-Oliver.

Ngu-Bé́xesh' ilang' aliqal' elwandl' aye kuliyek' e-Gqili
Apo litshona kóna.
Ngu-Zokobe, suka pántsi kwentaba
Uyahlatywa lizul' esixántini.
U-Njikomame, ingom' evunywa zingwevu zakwa-Maya,
Ivunywa ngu-Pákana no-Njeya.
Umhlamb' onenqayi ngu-Mewangele,
Ude wanenqayi namadodana.
Yekan' elihashe likwélwe ngu-Satana,—
Into zelihashe zimbi zombini,
Lipát' ukupépá nokudlokova,—
Kuguxan' amaxok' omabini.
Ngungubo zifólofu kwa-Mnyimbashe,
Yityuwa yodw' efayini kupéla.
Wang' ungaz' umnt' obamb' u-Cetywayo no-Sikúkúni,
Bayek' amagxebekush' asipáng' amahlati,
U-Nomentesh' umnkinkishi ketile.
Pé́ndulan' ibókwe zibuz' ilizwi,
Ziti kwakutenina nyaka zadl' amaqáshu ?
Yi-Ngojin' abantu baka-Mgudlwa.
Bantu baka-Ndamase zixólosi.
Ngama-Konjway' abantu baka-Gwadiso.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Búnga lipéle ngo-Magqeku no-Ngqwemla,—
Uba ngu-Mavango ngeyepéndula,—
Loniwe ngumfana woso-Ngcata,
Umntan' enkos' ukumtyel' inxuwa.
Yintw' enxuwa limandla lise-Ngqutwáne,
Kant' u-Binase ngaye ligosa.
Eli *seme* lodutyulwa nguwupin' umlungu,
Ek' u-*Nolutshokoju* beno-*Jidini* ?
Ndiqél' ukukúmsha no-*Jilingisi*.
Ngumzingani nencwadi yetitshala,
Uze seleqabanj' alahl' ubukolo.
Nguntlomb' imnandi emagqobókeni,
Kub' at' eyivuma ab' ekánkany' i-Nkosi,
Akánkany' u-Yehova no-Kilisitu,
Axaka ngantony' ukumqulusel' eyi-Nkosi.
Ngu ratshi lisandleni, untlola yesandl'
Ibuya msiny' ukuza kuxel' ukuba kulungile.
Ngu gusha-fanandile, ugqira kuyazana nomshologu,
Liti lakulala kuqubisane.
Umntwan' enkosi pánga kwa-Mzizi,
Kulap' ama-Gcalek' aye nqabe kóna.
Ngumntwan' enkos' owaká wandipáni,
Engandipánga kulamahash' anco bawabangayo.
Ut' owase-Mlungwini lelakowab' ixóba,
Ut' owasema-Xoseni lelakowab' ixóba,
Ndindim ngendivumel' owasema-Xoseni,
Ndit' amahash' otúswe ngu-Menziw'
Embámbéni yehlati lika-Toto.
Ngumbulali wegubu loso-Mbande.
Ongenantlonze makat' em-Mfengwini,
Até ku-Ngwalashe kubi ngapéla,
Sona sibozi sitúngwa ngemizi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ugaga oluhamba lugongqoza,
Umkónto awungeni ;
Umvubu ecanda isiziba,
Ubuyokwenzanina ecibini
Lentshile e Rautini ;
Gaxa mlandwini bawoyikayo
Yintonina leyo ipambi kwako
Lerotoli, Makáwula nawe Mpondombini
Namb' emsindo efukamele ukunduluka ;
Qondani Mahala baf' abantwana,
Nkunzi ka Gocini neka Njokweni
Ziyacela intaka zakwa Zulu ukuba zixhelelwe ;
Mlungu omkulu ngu Ndabeni,
Mfundisi omkulu ngu Hagile,
Igosa ngu Ngxukumeshe wama Rhumrhum :
Honoshe ! Bolomposhe,
Gqukunq' olunkozonkozo,
Gqukunq' Umbashe uwenz' indlela
Ntab' ezinde zezikwez' Umqekezo
Zifike ku Matyantya zibe zingobozi ;
Ndlovu edla e Xonxa.
Izingele ime ngo Zidabane.
Nkosi engango Sarili kwezakwa Gcaleka,
Engango Ncapai kwezakwa Bhaca,
Engango Ndamasi kwezakwa Faku,
Engango Tshaka kwezakwa Zulu,
Engango Mbandine kwezase Swazini,
Engango Sobhuza ka Ndungunya kwezakwa Sotshangana,
Engango Bhungane kwezama Hlubi,
Engango Mzilikazi kwezama Ndebele.
Engango Dweba kwezama Zizi,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Engango Mshweshwe kwezabe Sutu,
Engango Napoleon kwezase Mlungwini,
Ndikufanisa no Ngubengcuka kwezakowenu.
Kude kulo ma.—Cicilili."

GECELO TYÓPÓ inkosi yama-Gcina yase kunene.

Lugibid' olukúlu lwakulo-Nompofu.
Uso-Dibela, isebe lamahlati,
Umpondo-nde zombini,
Kanti nase-Xonx' apa ziyapúmela.
Umpondo hlab' u-Kónco,
Zahlab' u-Mqadi pántsi kweliso,
Wapápátek' ukusing' e-Jojweni.
Intw' elundwendwe lukúlu lunqumlezayo,
Intw' ejong' iremente yaqekezeka,
Yaqekezek' irement' emazants' e-Sikwanqa ;
Osesi-Kwánqeni urora ntonina,
Lingeramncwa lingaqala mntu-nje ?
Oku-Ncúka-zimhlope urora ntonina,
Lingeramncwa lingaqala mntu-nje ?
Elimtyayo limtya ngetyala.
Amanxanxadi la amalunga yinina ?
Lung' alizalwanga ligwangqakazi,
Kanti noko liyazalwa liwasakazi,
Yintombi ka-Mnxeba.
Ombuzabuzayo umbuza ntoni-na,
Engumntan' entombi ka-Mnxeba-nje,
Eyatshat' enkundleni mhlana yatshata ;
Yabinq' i-Ula isidabane,
Yarol' umkónto yabinza isang'
Wavel' umfana wawuncotúla ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngu gangqa venkileni, apúme nama báyi
Awanik' amadoda.
Kade sikutyela-ke nkew' enkulu,
Sisit' amadoda msukuwafak' intambo,
Zinto zakowenu zamhla kukubi.
Sibik' amadod' ukub' apiw' inkomo,
Sibik' amadikaz' ukub' apiw' iṅgubo,
Sibik' amakwenkw' ukub' apiw' ibókwe.

Stokwe Ndlela, inkosi yama-Qwati yecala lasekunene.

Mna ndingu-Nongqengqelekile,
Ndingu-Tyesh' ombi kanye ;
Ndingu-Kála mqadi wafa yintsika.
Ndiyinkomo ka-Sotúku no-Gangata,
Ndingu-ǵag' elibaleka nomtya walo.

Gungubele Mapása, inkosi yama-Tshatshu eba-Tenjini.

U-Dwesa ngempumlo, usi-Kínza umntaka-Vanqa,
Utshazwa lizulu pézu konyawo.
Umpondo ngumabaso,
Kuba zivingc' inkalo ye-Bólotwa,
Zivingc' inkalo yama-Péwu.
Umjokani nokum' ema-Jojweni,
Kub' em' e-Cíntsa wakum' e-Nyumaga.
Ngumlung' obúlukwe zineziroba,
Uhlala tafileni axel' abelungu.
Umntaka-Mapass' uhlahl' i-dyaliti,
Uzemb' elintshentshe[illegible]
Kuba ligqib' izinga ze-Bólotwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ungub' iluwalala inge yeyegeza,
Ka-Ndaŕala no-Mbengo.
Uso-Kusingasinga, umbone ngan'
U-Dywili esiseleni ?

Sipéndu Bacela, inkosi yama-Qina eba-Tenjini.

Liramncw' elizandla zibomvu lakulo-Noqwanti,
Ngusinga singavuya sakuv' umoya.
Ngu ndlazi na ntshwili azikó kwelilizwe,
Zise-Nqabaŕa kupél' apo zihlala kóna.
Nguzwe lingombónqa lingenandlela.
Ngu-Nadumbu-dinakwe,
Ingom' evunywe kwa-Mtirara,
Wayitákazel' owasem-Lungwini,
Wayivuma ngentumb' owaselu-Gedleni.
Owase-kóhlo woz' ubuze ngelizwi,
Uz' uluyek' u-Gedle luka-Mbóla lolwakowenu.
Ngumzimb' unameva njengenkunzi.
Ngumntaka-Bacela yindindilili,
Uyabonakal' ukuba ngowenkosi.
Ngungal' imhlope kup' inkomo,
Kup' inkomo' abantu bakowabo.

Bacela Ngcutsha, uyise ka-Sipéndu.

Yintshikintshikikazi inkewu ka-Gqongonya,
Ilawu lika-Nkunta nelika-Kwézi.
Umahlala bemsusa ing' asinkos' enkulu ;
U-Gcwagcwa wakwa-Ntshwawu.
Umntwan' enkosi nimvalel' endlwini,
Ut' ezip' izigezenga nibe nisiti ziyamqumbela.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imazi ka-Bacela ngu-Hula-kobanani !
Usala kupúza kwez' ingwebu.
Yanxakama yajong' esi-Rósheni,
Ikúmbul' apo wadliwa kón' unina.
Ngundlu ka-Tekwana ligxokogxoko,
Noko nditshoyo ndobuye ndingene.
Ndakángelwa yimfama ngombane kwasitúkutézi.
Gqobá wamabala,
Lowo undalayo unditúl' entabeni.
Nants' inzwakaz' emabel' abet' esiswini,
Wena-Notasi ungoka-Marúne,
Wena-Nototi ungoka-Manjanti.
Umhlamb' onengqeqe ngowa-Mahlanga,
Kub' udla ngokugudl' emwehleni.
Hamba mntaka-Ntlombe mahashe zinqambi,
Kub' angaf' umntan' ako kuzele lona,
Andigxeki mahashe ngakuba nditsho,
Zinkobonkob' ezobuye zimke,
Ziye kowazo kwase-Lwandle.
Mntaka-Ntlombe wakwa-Nyosi.

Holomisa Mdunyelwa, inkosana yaba-Témbu ezalwa ngu-Noseyile Diko intombi yenkosana yama-Mpondomse.

Ngu-Holomis' elona gama lakė́,
U-Nazoté-denisi-ngamacal' omabini,
Nakuma-Gcaleka nakuma-Mpondo.
Ubélukaz' olunje ngesheleni,
Utye libutélezi lakulo-Nyolisa,
Angatyibilik' ongalinyatelanyo.
Lomhlamb' ama-Gebe ugeza wonke-na ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bati xélelan' itóle lalenkomo,
Iti ukulila isinikel' umva.
Ngumalamb' ang' angazitya,
Ang' angazinyakatisa.
Alambéle nin' amadun' ezityebi ?
Nqandan' u-Bóyi no-Mkencele,
Bahlalel' ukubék' elusizini.
Myeken' u-Sankobo ngowakwa-Mtwá.
Umangangecwilika ka-Gomololo,
Lowa mlungu besimténga singabantwana,
Umlung' oténgela ama-Jalumani.
Igqushekil' indlela ey' e-Mgwali,
Kulapó likón' *iqósh' elinoqoqo*,
Ozi sikisipeni nozi sheleni.
Umaya ngokulalela e-Bulembu,
Bada baxál' abamel' u-Bulembu.
Utáfa le-Mbózisa lelakowenu,
Lelakowenu kwaseluhlangeni,
Nababelinconca mabaliyeke.
Sihla nanqanawa zikwéz' ulwandle,
Ay' aziyek' emizantsi yemilambo.
U-Makúnza ligosa lika-Moni,
Ubamb' inqanawa wayisondeza,
Wagqit' enkundleni kwa-Dalasile,
Epéndulel' izingwe kub' eyinkosi,
Wasuk' u-Bédla wajong' isiziba.
Umajanyelwa ngenduk' ezimdaka,
Ngu-Tshiza no-Timot' ama-Mfengw' akowabo.
Gwangqa-gwangq' izulu laduduma,
Sabaleka sangen' ezindlwini,
Sati sakungena satsits' ibúnga,
Majali wadibeni nama-Ndlazana,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nguwona mhlambi siwubon' amadoda,
Sibone ku-Qova no-Nyumbâna.
Ugxuba lwenkomo zakwa-Tânga,
Ezasikw' ingqongqo mhlana waluka.
Umafuman' awele axel' intsunduba,
Sona silo singakéti zibuko.

Sandile Mzolisa, inkosana yaba-Tembu ezalwa ngu-Nofatyi.

Yingwangqaza ka-Mzolisa,
Isikúmb' esimanyam' avele kanci,
'Kaz' owosirora ngowositini ?
Intlakotshan' embél' abatâkati,
Yambél' u-Mbâza no-Mabaso.
Zitsha nganin' indlu zika-Mabaso ?
Zitshe zema nge-Ncambédlana.
Ihobekaz' elizandla zibomvu,
Elapék' inkob' emtini zada zavutwâ,
Zakwézelwa yi-Nyanga zine-Langa.
Inkosi yom-Zantsi,
Inkosi yo-Makúnza no-Dalasile.
A ! silo silambile,
Ndingatsho kwiramncwa ndiyabulisa.
Nal' iramncwa livele ngomxâk' emnxúnyeni,
Imaz' ekâbayo yasema-Mpondweni,
Ikâb' osengayo yayek' umbambi,
Yakâb' u-Mbôlo yayek' u-Nqeketô.
Ubélu lo-Nofatyi loka-Gogonya.
Umntaka-Mzolisa, umxawo-nde zombini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

QWÉSHA NENE, inkosi yama-Ndungwana.

Ngu-Notyelw' engeva,
Unohlumis' amev' abuy' amhlabe.
U-Bắshe ose-Xǒkashe,
Usagenga ngamkǒntw' emazibukweni.
Uso-Ziqǐtsiqǐtsi ukubḗk' esangweni.
Uvumaz' utshaba ;
U-Nobetḗlekile wase-Mbǒ ;
Usivuma ngamehlo asema-Xǒseni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Gwelane

Ama-Gwelane abufumana ubukosi ngokusuke kubúbe u-Ntimbo ukunene kuka-Mlau. Ute akufa u-Ntimbo, engenamntwana, kwamiswa u-Anta, into ka-Ngqika, wabizwa ngo-Gwelane inkabi ka-Ntimbo. Eka-Anta inkabi ibingu-Busoshe. Ukunene kuka-Anta ngu-Hamlana, ama-Ndlovu, inkulu ngu-Bóbózayo. U-Anta ngoko lixhiba lika-Mlau, kwanjengokuba u-Tyáli elixhiba lika-Ngqika.

U-Anta wamiselwa e-Xesi mhla kwazekwa u-Sutu, unina ka-Sandile, intombi ka-Tshatshu, ukunene kuka-Tato. U-Anta ubeyinkosi entle, eliciko.

Anta Ngqika :—

Yinkunzi yakulo-*Nqankase*,
Indlovu yakwa-Macibi,
Yiyekeni yakáma lilanga.
Ngumpondo bék' e-Hewu,
Kanti uya e-Dikeni.
Ngu gwaqa, ihi, kanti uyipósile.
Lenyamakazi uyiqasha nganina,
Ntambo ende yakulo-Nqankase ?
Nzwan' enozinzo yeeja-Jojweni,
Eyabet' u-Nonqane ngoqwemesha.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Udindilili napántsi kwengubo,
Umntan' enkosi, inkunzi ka-Nqetshana.

KÁLTOM NGQIKA :—

Ngu-Ródolo, u-Kai wakulo-Anta ;
Ngumahlal' ange uziqékezile ;
Ngu-Nongxangalatile.
Nguwel' engasaboni,
Ufungel' iránq' emin' enkulu.

HAMLANA ANTA, ukunene, ozalwa ngu-Nontsha intokazi ka-Gxowa.

Inkos' am ligeza lo-Nodasa.
Uncámlel' icánti,
Nasematánga nasemanxuweni.
Ngu rolani bantu bakulo-Ndlovu,—
Lendaw' ixakekile,
Nime ngo-Daliwe nime nge-Waqu.
Ndayawákúmbula kwa-Nontshinga kowetú,
Apó ndaziwa kóna ukuba ndiyindoda ;
Ndatsh' ukutsho kwam ndatsho ndampola.
Xha, ja ngentshiyi !

NFENE NAPAKADE ANTA :—

Ndabábá ! ndabábá ! ndekáhl' elwandle.
Ndafika ! ndafika ! kwinto yakulo-Ndlovu,
Ndafika ! ndekáhl' emazantsi elwandle.
Ndibongeni nam ndikálipile,
Ndaká ndazinqanda mhla ngaba-Twá.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumntaka-Anta, udulus' ukusuka,
Uyaxok' ukulila ngamadolo.
Nguma-Ngqika akoyiswanga yeyom-Lungu,
Yaf̀ol' iq́inga yavun' amazimba.
Ndiyakudela Toyise.
Yeyonanto yam yokusul' ukubila kuba
ndiyindoda.

Fondorana Ngqisha, into yasema-Tshaweni kuma-Hleke.

Into yam nguso-Deti,
Untaka yandibizela kwa-Teletele.
Ngumagala ase-Nqweba,
Unyalas' ukuxéntsa,
Kant' umntu siyamaz' ukuba ligwala.
Vumani bafazi, taruni madoda,
Nani bakwéta nandibalekela.
Inkosi yakwa-Mdange iteta libenye,
Ihlal' ihlale iti, "Makufudukwe."

Madada Cúntu :—

Uvela pina no-Rosh' ihashe ?
Ukúzani ngaye ezishologwini.
Nguyena mdala kad' ebalisa,
Umntan' am ngu-Vinqa kalu-Gwali,
Upúlapúl' imicondo ukubetána.

University of Fort Hare
Together in Excellence

I-Tsonyana

Gecelo Mapassa, ukunene, kuka-Mapassa inkosi ye-Tsonyana. Uzalwa ngu-Notyúme intokazi ka-Bómela, *um-Gcaleka*.

Ngu qanda lase Qowa, ugantuntu yimpunzi,
Umt' ontonga zintle, bayadlula bonke bayaxúzula.
Lilung' eliluxunga, ukútuk' umhlana kuxwela,
Usikolo sizingungululwana, asidlelani ngemvalo
simelene,
Umzi wesikolo kusemzini.
Ngunkomo azifuywanga sityeb' esinobuti,
Umhlamnye ziyabetwá ngentonga ngamanye.
Ngu wade wazinqand' umntan' enkosi,
Uwade wazinqand' u-Njengelanga.
Ngu ngweny' enesizibă,
Sokunqandel' intombi eziyek' amadoda.

Xóxó Mapassa, inkulu ka-Mapassa ezalwa ngu-Nonasi Mkúmla, um-Tembukazi.

Nguso-Dovu, umkon' omhle Zama nenyembezi,
Intsas' enemizila.
Ngunyam' iselutángweni bayavovika.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumt' orara wakulo-Zenani.
Ukupéla kwelizwe kumi ngolwandle.
Ngu matapil' amnyama nawenjakazi.
Ngu-Nonesi 'nga erola umlandu,
Simdumisile sambiza ngenkomo zakowetu zase-
Mgojweni.
Umntan' am wentombi yoso-Gala,
Umntan' am wentombi yakwa-Ngxabane,
Umntan' am wentombi yakwa-Ncokazi.
Ngu-Mbáshe na-Nciba kuyalamana,
Inga bantu ngebe hlonipána,
Imiqóro ukufana aniyiboni-na ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Gqunukwebe

U-Kwáne wazala u-Tshaka inkulu, no-Tyará ukunene.

U-Tshaka uzele u-Cúngwa, waza yena wazala u-Páto, u-Kama, u-Kobe, u-Mama, no-Hina.

U-Páto uzele u-Dilima, no-Matḗ ; waza u-Dilima wazala u-Namba.

U-Kama uzele u-Mani, u-William Shaw (u-Xhanti), no-John Wesley (u-Mzinana). U-Mani uzele u-Songo ozalwa ngu-Nolanti Mneke um-Gcalekakazi, no-Ngangelizwe ozalwa ngu-Nomonti Buhru um-Gcalekakazi.

U-Kobe liqadi lakwa-Páto, yena-ke uzele u-Mlungwana.

U-Mama liqadi lakwa-Kama, yena-ke uzele u-James, no Boyce Mama.

U-Hina liqadi lakwa-Páto lakulo-Nxwála.

U-James Mama uzele u-Lot, no-William, no-Holford.

U-Boyce Mama uzele u-Shadrack, no-James, no-Walter Lamplough.

U-Páto yinkosi enkulu yama-Gqunukwebe. U-Páto yinto enkulu ka-Cúngwa ezalwa ngu-Nobutó

University of Fort Hare
Together in Excellence

intokazi ka-Bhuli (or-Péme), um-Giqwakazi. Inkomo yake ngu-Nxwâla, ngoko-ke kutiwa impi yake ngama-Nxwâla.

U-Páto wayilwa imfazwe ye-Zembe watélela kuma-Ngqika, koko ngemfazwe ka-Mlanjeni akalwanga nomlungu, wanceda u-Rulumente ngokumana ukukúpa imikosi yokupélekelela inqwelo zika-Rulumente ukuze zingapángwa, zitinjwe ngondiyalwa.

U-Kama umninawa wake, owayete wafudukela kwelaseba-Tenjini ngokungavani no-Páto, wati, ngokuncend' u-Rulumente ngemfazwe ye-Zembe, wanikwa i-Tala ngase-Hewu. Lomhlaba yayingumhlaba ekwakugxotwe kuwo aba-Tembu.

Ute ngemfazwe ka-Mlanjeni wabuya wanceda u-Rulumente ngase Vetilisi (Whittlesea), waza u-Sir Geo. Cathcart, obeyi-Ruluneli, wambulela ngokumnika lomhlaba use-Xesi. I-Xesi eli yayingumhlaba owawutinjwe kuma-Ngqika.

PÁTO CÚNGWA inkosi yama-Nxwala ebisakuma e-Bhira.

Ngu-Mandoli akavunyw' emlungwini,
Uyakuz' abanjwe nyak' abonwayo.
Yinqukuva yentombi yama-Giqwa.
Ngu-xhiba lika-Tyaŕa alikó ku-Tshaka,
Elinamandla lixhiba lika-Cúngwa,
Kub' unamandla umzi wakulo-Nxwâla.
Ngumasala nembátú yotshaba,
Akut' amadoda sipántsi kwenyawo.
A! nto lwayigxota *kwa-Mahululu*,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yancam' imali yasem-Lungwini yaténga abe-Nduku.
Ifik' izol' incwadi ebiye e-Bédе,
Ebiye kuma-Qwelane selibuyile.
A ! mval' uvalel' inkomo zika-Kwáne,
Owowuvula ngowozek' ityala.
A ! ntw' igweb' imipu ingaténgi zinkomo.
A ! katsi yakwa-Nkanga emazinyw' abutúntu,
Eyabamb' u-*Gomomo* yayek' u-*Fani*,
Ukuz' ihlamb' izandla ngenkunzi ka-*Ngcipúle*.
A ! ntw' ijik' ixilongo lapúm' amanzi ;
A ! ntw' *ivul' indlela* enqabel' abelungu,
Iké yawel' isilará ngo-Mlanjeni yawel' incwadi.
A ! ntw' inyawo zibomv' ingaloli nkwali.
A ! nto ka-Cúngw' enkulu gob' indinganiso,
Bantu benkosi baka-Mbángobuso.
A ! ntw' eyalwa yagxotá kuma-*Bululu*,
Ukuz' um-Lung' ayincam' imal' aténg' abe-Nduku,
Ukuze bayek' abe-Nduk' ukutshaya *ngengcebetsha*.
A ! ludlolokazi lwakwa-Matinise.
A ! nto ka-Cúngwa, ngqung' ezibukweni.
Nto imzimb' unamasi njengomhlontlo.
A ! nqushululu, bélu lono-Mpofu,
Ntw' inkomo zingondli mdlezana wayo,
Kuba zibayek' o-Noxina bafa yindlala.
A ! sebenza behlel' abakulo-Nxwála,
Masala nambátú yotshaba.
Nyakana ngemfazwe ye-Zembe,
Zilwe zonk' izizwe zamkwélela.
A ! ncúnc' emnyama eqeba libomvu,
Ehlekwe zezimdakakazi.
A ! Kál' akanameva bati uyahlaba,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ntw' inkomo zintlaninge, zisendle zisekáya,
Njengezomdongwe, njengezamakwénkwe.

William Shaw Kama, into ka-Kama ez' emva kwenkulu.

A! ndaba nguye bayashumayezana,
Kuba kuyahambelan' u-Rili no-Mshweshwe.
A! *Latóni* ligosa kulu-*Dziya*,
A! iké yafik' incwadi ka-Molose,
A! Mntwan' enkosi, bélu lwase-Xesi.
A! Mn' andibonang' ihashe lisidl' itámbo,
Nok' iyinkomo yasem-Lungwini.
A! Mnt' onegxames' elise-Bánkini lemali,
Kub' elenkom' igxamesi lise-Bófolo naku-Bókil' e-Nxuba,
Elegush'igxamesi lise-Mnqaba.
A! Nyam' esilára ikatshwa ngu-Ompi,
Ukuze bahlut' abase-siláreni.
A! Ngub' encúka uyamcel' u-*Magwa*,
Kub' enyanga-mbin' ehlal' em-Lungwini.
Aba-Temb' aba bahlala bekánkanywa,
Kub' eké wabatób' u-*Njengelanga*.
Ababant' ama-Mfengu ngodludla-naye,
Kuba bangene kwa-Gcaleka mhla bafika;
Kuba babaleka nenkomo zika-Hintsa,
Behlel' o-Nonying' amahlwemp' amadala
Omzi ka-Hintsa bengazinikwa.
Untokaz' ezindala zokuv' utywala,
Kuba ziqale kwasegwelen' zibuva,
Kwada kwaya empungeni zibuva,
Zabuyeka kwakukúv' ukuhluzwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

A ! Mondliw' ebulawa ngabakowabo,
Kub' ebulawa ngu mana ka-Ntlokwana,
Kuba ké bambambá ngo-Ncá-yecíbi ;
Kuba beye bawuhlaba ku-Matebese,
Ukuze lipúm e-Tyen' ixhiba lika-Cebo,
Lingene nge-*Kámanga* mhla lafika,
Ukuze litímb' igusha ku-Manana.
Yapúma kwa-Holo eyasem-Lungwini,
Yati yakufik' enkalweni yafumanana.
Yasindiswa lihlati lo-Mya eyom-Xosa ngeyipélile,
Inqina lalomini kwafa uso-Kiya.
A ! Camagu lentombi yakulo-Jingqi ;
A ! Mnqálasi xhiba lika-Pálo,
Elika-Ngqika ngum-Ngcangatelo.
Ixhiba kwa-Gcaleka ngu-Mtshayelo,
Elika-Cúngw' ixhiba ngama-Nxwála.
A ! zemb' endikapa ngalo amahlahla.
A ! Mazi yobulunga buka-Emma yodade wabo.
A ! Sibéne senkosi sika-Mbá-ngobuso ;
A ! Lomf' u-Tyutu unamamenemene,
Kub' efike e-Mnyameni wava ngentonga,
Ukuz' ancom' ukuba nzulu kanti lizibuko.
Yingonyam' endijonga ngesw' elibomvu,
Kub' ifun' ukumka nenyama yosendo.
Ngu-Banxakam' abafazi bakwa-Dunga,
Bebesitsho kwamadal' e-Ndakana.
Yintaka yakwa-Mpemvu,
Umt' omhle wase-Silaŕeni,
Ongawaziyo makawubuze ku-Bhili naku-Semsem.

GANA KABA, inkosana yakwa-Mdange ese-Magqunukwebeni.

Ngu-Zaqoweni, untaba ka-Mnqwazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Udumezwen' ukub' ukálipile.
Ngu-Midang' ayidinwa' kucóla,
Kub' ungumhlamb' ohlal' ućitákala.
Ngu-Silupókopálala njengesi Qabé,
Kub' inguwo wod' umhlab' ongenandili.
Ligwangq' ẹlilubélu, elifana nemali zomlungu zika-
Filepisi.
Ngu-Nowaya, umpi ziyabinzana,
U-Nontshuntsh' uyadlulwa li-Tsonyana,
Kuba ndifik' u-Gunuza emdlul' u-Dyibi.
Ngundlu yecánt' ihlal' inesiciki esinamanzi.
Ngundod' ilitémba' kutyat' umpu.
Yinkab' enqukuva epúm' amaxáka,
Yenz' indawo elitémba kumnini wayo.

James Mama, inkosana yasem-Jadwini. U-Mama uza emva kuka-Kama, ngabaka-Cúngwa bobabini ngomfazi omnye intokazi yasema-Qocweni.

Lilung' eliluxuba lakulo-*Tiyabo*,
Elaké laxélwa labuya layekwa.
Ngu lung' alinani lakulo-Tiyabo,
Intw' ebantu bantlaninge bagqib' ilizwe,
Kuba bemi nge-Dawuwa bema nge-Debe.
Into ka-Njokwen' intliziyo zimbini,
Kub' inxámel' ukuza kuti ma-Xosa.
Nguvimb' akalingani nowase-Newázi wama-Mfengu
Ngundabulal' isi-*Dafini* ndisiy' e-Gqili,
Ukuze kutinjw' ixhoba ngabelung' elilubélu.
Ngu-Akwazeki, kuba ningalixel' ical' elinokwazi
Senikà nim' igqir' ikwayi-Nkosi,
Yobuy' ixele ukuba kolunga,
Yobona msinya ukuba konakele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngundlel' inye yokulandul' izinto,
Kub' esit' umnt' enenkomo, ati andinazo.

Martha Boyce Mama, inkosikazi ka-Revd. Boyce Mama. Yintokazi, ka-Nyamani, yasema-Kwé-mteni.

Ngu-Nogaxagaxa, ukáya labantu basemzini,
Inyati ematyobozo.
Ngundlov' ayisindwa ngumboko wayo.
Nguyazazi nentaba zika-Ngqwaŕu,
Uyayazi nentaba ye-Gungululu.
Ngu-Mcambéle ne-Ncambédlana zingen' e-Mtátá.
Sisikúkukaz' esimapikw' abanzi sase-Xorá,
Esikúsel' amatóle aso az' angemki,
Emke neziny' intak' eziwadlayo.
Nguyaziw' e-*Nqwebeben*' ukuba ngu-Nomagaxagaxa,
Uyaziwa nakwa-Bác' ukuba ngu-Nomagaxagaxa,
Uyaziwa lizwe lonk' ukuba ngu-Nomagaxagaxa.
Nguguda nentamo inge *yinamb' ezulu.*
Camagu ! ntokazi yakulo-Jingqi.

Walter Lamplough Mama, unyana omncinane ka-Revd. Boyce Mama.

Igwangq' elibomvu ngezitó,
Sapánts' ukuloja siti yinyama.
Ngumnye nento ka-Xúngu u-Biya-ngongana,
Ngu-Gongqongqo, umehlw' akafikelel' emarólo-meni.
Ngumpak' ayiténgwa ngetókazi,
Iténgwa ngemaz' enetóle.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ndizizekele ngokuténg' imfene ka-Bákubáku,
Ukuze ndibe ngu-Ndaba-mlonyeni.
Ndlebe zam ndazinik' isikóva,
Sangena naz' eludadeni,
Zapúma zingamaqotólolo.
Mayidud' imidaka sibonele,
Sowubon' umdak' ontlanga ninzi,
Kub' usidl' amas' akulomfazi.
Ngunkos' ayizalwanga ngum-Xósakazi,
Ikólis' ukuzalwa ema-Tshaweni.
Ngumntan' enkosi yinqab' enkulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Hleke

Ama-Hleke ngama-Tshiwo, kuba u-Hleke yinto ka-Tshiwo yecala lakulo-Gwali, okwangunyana ka-Tshiwo. Ama-Hleke ne-Midange kuyazalana.

Lawu Mambu, umzukulwana ka-Jwará into ka-Bini yakwa-Hleke.

Unyana wam ngu-Zangwa,
Ngu-Banjwa-ngazibini igama lakė.
Ngumntan' am wentombi yakwa-Mhlandla,
Wentombi yasema-Cireni.
Ngu-Kwáz' ixálanga.
Ngumbandezi wamabal' enkomo,
Wenkom' ezimnyama nezilubélu.
Into yam ngu-Bukúlu-abubangwa,
Ukångel' ukutshata kwabafazi.
Ngu nakulo ka-Jwara ndobek' ipiko,
Kuba no-Jwara akazalanga.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imi-Dushane

Imi-dushane ngama-Ndlambe, kwanjengokuba ama-Ndlambe iyimi-Dushane. U-Mdushane ngunyana omkúlu ka-Ndlambe owati u-Cebo, uyisekazi, akufa wangeniswa endaweni yake.

U-Mdushane uzele u-Siwani inkulu, no-Siyolo ukunene. U-Siwani uzele u-Menziwa lo uyinkosi ye-Midushane ngoku pesheya kwe-Qonce.

U-Siwani waba luncedo olukúlu ku-Rulumente ngemfazwe ye-Zembe, noko abantu bake babesilwa, kuba waman'ekúpa abantu bokutútá iposi ka-Rulumente pakati kwe-Qonce ne-Nqúshwa.

U-Siwani Mdushane uzalwa ngu-Nonibe intokazi ka-Mjikwa yaseba-Tenjini :—

Into ka-Mdushane sisangqwaka sentombi ka-Mjikwa.
Ngumntan' enkos' intliziyo lixégo,
Kub' usibonis' ukulala singasakuboni,
Nanamhla sisev' ubutóngo.
Ngumgwebi wamof' ibuy' ibulale,
Lomhla wayigweba kwa-Magqokoma.
Ngutye lingqutu lakulo-*Nongoqo*.
Ngundaba ngaye bayashumayezana,
Bat' u-Siwani uyawalela[illegible]mina !
Kanti yena ulumkel' usapo luka-Ngwityi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

U-Matebese Mdushane, umninawa wake, uzalwa ngu-Nohute um-Tembukazi.

Lipónoyi lentombi yakwa-Kwâne,
Ukonakele kanti kulungile,
Unanko-nanko namhl' angayi kóna.
Ngumavel' elunguza kwabe-Nduku,
Bamnqabele ngokum' ezintabeni.
Yingxingwa yase-Tyúsh' emlanjeni,
Apó zatinjwa kón' inkomo ema-Lindeni
Ngowatet' ondilele badidizela,
Mhla waqubul' inkunzi ka-Kútwâna.
Cebetshu uyadliwa yinkewu !

University of Fort Hare
Together in Excellence

Aba-Mbó

Kutiwa, ukususela kwa-Tshaka, elinganeno kwawo lalimiwe ngama-Ngwane ; nganeno kwawo ingama-Hlubi em-Nambiti ; nganeno kwawo ingama-Zizi e-Lutúkela ; nganeno kwawo ingama-Bhele nama-Kúze. Zati-ke ezintlanga zakucítwa ngu-Tshaka zabalekela nganeno kweli lasema-Xoseni.

Kwafika kwa-Gcaleka u-Gocina, no-Mvundlela, no-Gacula, bepéte impondo zendlovu, besiti ba-vela e-Mbó ngo 1819. Banikwa amanxuwa ngu-Hintsa, bahlala bazeka nabafazi kunye nalompi babenayo. Ezinye izizwe zase-Mbó zachitakalela ema-Mpondweni, naseba-Tenjini, naselu-Sutu. Bati bakufika kwa-Hintsa bakubuzwa ukuba banga-manina bati bangama-Mfengu, kuba bayamfenguza.

U-Mbó lo bazibiza ngaye ngezimini asinkosi, asigama lamhlaba, ligama lelitye. Asigama liteta ukuti, " ngabantu abate-tye," njengoko kutshiwoyo ngabanye.

Kutiwa, ngabakudala, ababantu bati ukuhla kwabo bevela ku-Tshaka bahamba besenza imi-nquba. Bahambe bada bazá kufika mayela nelama-Swazi, kufupi kuleminxúma, iyimiwonyo, kutiwa ngoku zi-Zimbámbe (Zimbabwe Ruins). Bate

University of Fort Hare
Together in Excellence

bakufika kóna bamisa kwa iminquba, bembá kulominxúma ilitye le-golide abate bona ukulibiza "*yimbó.*" Baye "*lembó*" bebemana beyihlohla ezingcongolweni, baze baye kuyiténgisa elwagcibeni kuma-Putukezi, ukuze bazuze iziziba (calico) zokushubela.

Ama-Swazi ati ngokungabazi ukuba ngabantu banina, ati ukubabiza nga-"*Bembi,*" kuba bebesimbá. Baziwe ngelogama ngabo kwada kwalixesha. Lisuke, emva kwexesha, lonakala elogama njengokuba enjalo namanye ukonakala ngokupimisela kokubiza kwabantu. Bati endaweni yokuti, "*Abe-Mbi,*" basuke bati, "*aba-Mbó.*"

Ukonakala kwegama asingundaza-ndabona. Eligama esi-Xoseni kubuliswa ngalo ngoku imantyi, liti, "*Bayetè*" lalingatsho entlandlolo. Ligama kudala ebekubuliswa ngalo i-Nkosi ngamapákati. Ebesiti xa afuna ukuba i-Nkosi ifunze iye kulwa nenye, ukuze azuze inkomo, asuke aye komkúlu exóbile, esiti aya kubusa. Asuke ati ukuya kufika kwawo komkúlu ahambe edlala, egongqoza ngezikáli emakákeni awo esiti, enkosini, "*Baletè*"!

Kuye kwaya bati kamva,—"*Ba te,*" oko kukuti, "sinike abantu siye kubadla, sifunze size nazo." Kute kwakupátwa ngumlungu, akubek' imantyi nezibonda endaweni ye-Nkosi, yaseliba ngumbuliso lowo ezibuliswa ngawo, koko abahlobo betu base-Mbó basuke balijika elogama bona ukulibiza, bati, "*Bayete*"! Ngoku bonke nabangama-Xosa sebesitsho. Lento ibangwa kukufana kokuyelelana kwa-

University of Fort Hare
Together in Excellence

magama ekubizweni, ati omnye ebiza kwalona pofu sisuke isipúmo sibe sesinye. Maninzi-ke amazwi anjalo esi-Xoseni. Linje ngelogama-ke lingu,—"*Baletɛ́*," ukonakala kweli lingu—"*Bembi*," ukuze kutiwe ngaba-"*Mbɔ́*," babizwe ngelitye elo.

Bahle nalo-ke elilitye labo liyi "*mbɔ́*" bade baza kufika nalo ema-Xoseni, iyinto abahomba ngayo ngenxa yokuba lihle kwalo. Bebuziwe igama lalo bate, yi-"*Mbɔ́*." Ubuhle balo, nokunqaba kwalo, kwaba basema-Xoseni, kuvelise iqhalo eliti,—"Ungazilahleli imbɔ́ yakɔ́ ngo-Pɔ́yiyana, kuba u-Pɔ́yiyana uyemka ngomso." Oko kukuti, "Ungalahli izihlobo zako ngomntu wasemzini owobuye akushiye; ungalahli isiqa sako senyama ngenxa yesangà." Liteta nezinye izinto eloqálo, kodwa eyonandawo inamandla kulo bubuhle nokunqaba kwalonto sukuba kusitiwa yi-*Mbɔ́*. Linjalo-ke tina ukulazi kwetu ibali lika-"*Mbɔ́*." Into esingayaziyo yile yokuba ngabapina aba-Mbɔ́, ekɔ́ ama-Hlubi, ekɔ́-Amazizi, ekɔ́-Ama-Bhele. Kambe ama-Hlubi ati ngawo angaba-Mbɔ́.

Afuduka-ke ama-Mfengu, ukuza em-Lungwini, sekuko awenziwe amapákati amakúlu ema-Xoseni. Lomapákati wona akabanga safuduka namanye, ukubonisa ukuba ngabantu ababepétwe kakuhle zinkosi zama-Xosa. Kwa-Hintsa kwashiyeka *u-Dotwana Ngxabazi* wakwa Radebe, no-Bɔ́ngoza, *i-Zizi*. Kulo-Gaxa kwa-Ndlambe, kwashiyeka *u-Gcwabe Makɔ́pekazi*, *u-Mvemve*. Kulo-Mbɔ́mbɔ́, kwa-Ngqika, kwasala *u-Fumbata*, *i-Zizi*. Kwa-Ngube-

University of Fort Hare
Together in Excellence

ncúka kuma-Hala, kwasala *u-Menziwa Zangasi, i-Zizi.* Bonke-ke ababanumzana yayingamapákati amakúlu. Bazeka, batyeba, bahlala, bonwaba unanamhla.

Ama-Hlubi.

Búngane Ntsele inkosi yama-Hlubi.

Ngu-Búngane wamakúlukúlu,
Nguso-Tóndoshe, undlubu zamil' entundelweni.
Yintlabati yo-Ndi no-Túkela ;
Ngifike beyihlenga beyipálaza,
Ngafika ngayihlenga ngaguzubala.
U-Búngane yindikinda yindaba,
Uze waba yindaba *nakuzikúndlwane.*
Ngu-Rá-lenyati, indlovu yakwa-Mazibuko,
Emapúml' anzinzinini, equla ngaw' emazibukweni.
Yinkamisa-mlomo ongangazibuko,
Umatúkw' alile njengomntana.
Yindlovu yakwa-Mqad' elupóndo lunye,
Elikánisela ezimpondo *ngambili.*
Ligeng' eladl' imiti yakwa-Búnga,
Wabulal' u-Mafu kwabe kábo,
Nanamhl' akwaba ndaba-zalutó.

Mhlambiso Mtimkúlu, inkosi yama-Hlubi kwa-Matóle.

Ngu-Diko, udik' ama-Dladla,
Kuba wadik' o-Goceni no-Mvundhla,
Umntwan' enkos' intw' engekó[illegible]

University of Fort Hare
Together in Excellence

MAQUBELA MVUNGA, ukunene kuka-Búngane.

Nkomo zika Gasa zika-Nomatótóle,
Zika-Qwádikazi, zika-Mbamb' akabulali,
Kanti nguyen' ubulalayo ;
Zika-Fud' olumafusi, olwabon' inkomo, lwafipála,
Zika-Sirauzana.

DLOMO, inkosi kwayama-Hlubi.

Ngu-Dlomo-Dlundlulu kwabendlwana,
U-Dlom' angey' esahleli e-Nxokotyeni,
Alubane ama-Nkomo, ama-Reula-ntaba ehle ngapézulu.
Ngusi-Búshwan' akanangubo,
Ingubo luhlangoti lwangenxenye.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Zizi

Captain Veldtman Bikitsha inkosi yama-Zizi
ese-Zazulwana :—

Nondingambonganga ndimbongile,
Xa ndibong' into ka-Bikitsha.
Nditi, ngqondoy' enkulu,
Ntw' efanel' ukuhlal' estulweni.
Ziling' iǫ́osha, *mtandi ka-nqata*,
Zibel' imihlambi yabelungu.
Umntan' ongazang' apúm' epúngulelweni,
Baf' abantu bako *ukosulelwa*.
Siwuhlutile owakwa-*Njenjemane*,
Niliyekele-nin' itángá ku-Búlube ?
Siyawubanga lomti ka-Bókolo,
Umka nganin' umti wakowetu wasem-Lungwini ?
Tshotsho lonakal' ityala lakwa-Zinyo lasema-Xoseni,
Ké lonakal' elakowet' ityala lasema-Zizini.
Vula *Noleti* sibon' inkosi,
Ingab' inkosi uyayigqobokisa ?
Inkos' ayivumani nabaqabayo.
Yinkos' engenantsimbi yamqala,
Intsimbi zakó yindlu yakó yoxande.
Izindlu zakó zimhlop' ikalika.
Abakwa-Nyila balila nganina, balila ngo-Qaba,
Balila ngo-Mkonwana koka-Mrasi.
Guqe bakédame abamelene naye.
O-Mkonwana no-Sibénya.
Sifub' asirazuki ngamavuso ka-Rili.

IN LUMINE TUO VIDE BIMUS LUMEN
University of Fort Hare
Together in Excellence

Abakwa-Maduna

Hlangana Njeza inkosi yakwa-Maduna ebisakuma e-Zeleni kufupi ne-Qonce. Wabongwa mhla wa-bamba ama-Joni amatatu, ngo 1876, awayebaleke nemipu e-Qonce aza ayiténgisa kwa-Lose, e-Pirie, azimela ela ngehlati lo-Xweso kufupi kwele-Donqa-ba. Kwatiwa :—

Ngu-*Gungu*, ube gungubele kade umntwana ;
Bamtwálisa *umlunda* we-Célesi,
Bamhlahlela ukakayi lwe-Namba.
Nase-Zeleni akak' u-Gungu,
Kupéla ose-Zeleni ngulo ka-Njeza.
Ngusihlangu hlatywa *ngamakóbongwana*,
Ngu-Nontshebe into ka-Lugalo.
Ké bamhlaba *ngesiheula* sika-Tilata ;
Nina ma-Hala anikwaz' ukuhlaba,
Nimhlabelen' u-Mditshwa esipángeni ?
Ingabi benimhlab' endaweni yobom,
'Zelipúm' igazi libe ngumtyityaba ?
Ngu xóba lisitínga pántsi kwentaba *yaselu-Xweseni*,
Linemaz' ebomv' egama lingu-*Joni*,
Awayiqúba wayisa kowayo,
Wafuman' ishumi leponti.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Mpondo

Njengoko sesiké saxela ekuqaleni kwayo lencwadi, u-Njanya wazala u-Malandela, inkulu abapúma kuyo aba-Tembu, waza ekunene wazala u-Malangela, apúma kuye ama-Mpondo nama-Xosa. U-Mpondo ngunyana omkúlu ka-Malangela lowo, aze u-Xósa abe kunene. U-Mqikela yinto enkulu ka-Faku, aze u-Ndamase abe kukunene. U-Mqikela-ke uzele u-Sigcau lo uyinkosi yama-Mpondo ngoku.

Sigcau Mqikela inkosi yama-Mpondo ezalwa nguma-Nyati.

Nguyawavela bati wavela,
Wena hlati lihambayo lase-Ntlamvukazi.
Ndifik' amawel' elilelana,
Kanti ngamakósikaz' asesi-Hlonyaneni,
Uma-Baneka noma-Sandile,
Bagwiqe enkundleni kwa-Jonatani.
Wena mnqayi ka-Hoza, wena gul' etémbisa;
Wena mahlungul' adlani kweziya ntaba,
Adl' ihashe lika-Joyi lomntaka-Mamóinyana.
Wena gaq' ukuhamba axelis' u-[illegible]pu,
Wena masef' ukuhamba axelis' u-Danyeli.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wena ndlu ka-Josiya no-Nombúza,
Mntaka-Mlanje akukwaz' ukuxoxa,
Uyawon' amatyala kub' ugweba nezihlobo.
Wena hlaba zihlangana, u-Sonani akoni-mntu;
Wena zamisa nge-pini lezi-*Bham*.
Wena *vilazan'* eladl' amazimba kulinyelwa,
Wena nt' itáŋgà lisantente,
Lingange lomlungu, ngangelika-*Stanford* ezi-Mantyini.
Intw' endlela zimazung' ukubéka kulonina kwa-Nyati;
Wayondel' itapile lika-Mbáli lomntaka-Myeki.
Wawela ngelo-Mpémba nele-Nyegqini,
Wawel' e-Mbózana kwatsh' imilambo.
Usixóbo sika-Bónxa sinengculu.
Usangiwa ngamali, kub' esangiwa ngo-Nonǂayi nama-Qakamba.
Wena xáma libálile,
Wena mgantokaz' ontsiba zilubélu wakulo-Qwébula no-Noziciti.
Qága lika-Mtshisazwe ngu-Nabóngwana,
Nxúwa ka-Nonkuba yokutshayela ngu-Madubana,
Ngubo ka-Njisane ngu-Masipúla.
Wena nto yat' ukuzibek' ubukosi, pákati kwe-Sizinda ne-Qanka,
Yazibeka ngenkonyana ka-Ngxoni no-Mbázango.
Wena mavel' ang' utwél' upahla,
Wena ntsimi ka-Mzakaza yadliwa zintaka,
Bati bayayilinda kanti balibele kufeketá,
Becáz' izidlukula zaba nimnzana zika-Noyekete.
Wena nunu imsila-mde *wolokoqo*,
Ixab' endlwini zabelungu kwezo-*Meja* no-Madonelle.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wena kudla komlung' omiqátane nomatshukela akupéli,
Kwadliwa ndimncinane ndingumntwana.

Bokleni Nqwiliso, umzukulwana ka-Ndamase ukunene kuka-Faku. Yinkosi yasekunene kuma-Mpondo. Uzalwa nguma-Ncapayi.

Inkos'am entle yasema-Rúbeni,
Sisilo sam sentombi yakwa-Báca.
Ngumbanga mavuso akulo-Vumani,
Intw' eyapúma ngentunja yo-Kálana,
Ngalomhla yapútuma u-*Welishi* ;
Yajikel' i-Ncembu ne-Ndenxa,
Yaligangat' elasem-Lungwini.
Ngubukúlu bako bugqite naseluhlangeni,
Bubekw' ezincwadini nangabe-Lungu,
Ubekiwe nangamadun' akowabo,
Ubekiwe ngu-Vava no-Nqeketó,
Babek' itóle lendlw' enkulu.
Oka-Nongeman' uyakulal' esotúka,
Akawaqeli yinina yen' amavus' akowabo ?
Ud' abúl' impund' ukutshon' e-Detyana,
Ubaleka wena-Zwelibanzi,
Ubikel' u-Ndwanyaza no-Dalasile.
Ngusibalane esabal' u-Nombáli,
Babuy' o-Magovu bamtándaza,
Woz' ubagqibe mhlana upíndayo.
Ngu-Mfino *yingxuwa* yokutshayela,
Oka-Hanise yinxili engxuweni.
Yindembelel' enkulu yasema-Mpondweni,
Intw' engangenduk' eyanikw' u-Ndamase ngu-Faku.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumabul' ukumka nama-Ndayeni,
Uwashiy' ehleli won' a-Macitwâyo,
Olona hlanga luzal' ama-Mpondo.
Yindlovu yase-Rûze kwelakowayo,
Umafuman' awel' axel' amabâd' engaboni zibuko,
Axel' amabâdi namaxâma.
Ngučib' elinengcongolo nemizi,
Elona sipâ kulo tina basema-Mpondweni.
Nguqela legusha nelenkomo ligil' u-Mapâsa no-Ncâ-
yečibi,
Wavuk' u-Mapâsa selenokwékwé,
Kanti sasib' i-Mantyi zilugqibile.
Ngu sibon' inganawa zisihl' ulwandle,
Sabamb' amahashe sazisukela,
Ukuze sibuye ngokucand' imixâka.
Ngumal' inamandla kubelungu yindaliso,
Kub' iyiyona mal' ingena kuyek' ukubalw' evenki-
leni.
Ngu jola kwizibini, zingaba zitatu uyayeka,
Kuba simhlop' isandla sokwamkela.
Nguma-Bomvana ŕolani nime ngo-Nomadolo,
Wuyeken' um-Tâkatye ngowama-Mpondo.
Yingximbâne. umtwâzi wehlati lolwandle,
Ingxabanga yebâxa lesundu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Abe-Sutu

U-Masupha Mshweshwe nguyisekazi ka-Lerothodi inkosi yabe-Sutu. Ligoŕa elikúlu kwinkosi zabe-Sutu.

Izibongo Zake.

Unkabankaba yamaxálanga ngu-Ntsupha,
Lixálanga lakulo-Nthe no-Mahlapi eloselw' inyama.
Nguzikhali lizibek' emlilweni.
Yinkunzi yenkunzi zika-Mamonwane.
Ngu-Púmil'ema-Ngesini.
Inkunzana zingatet' ukuba zingobani-na,
Zingayeka kutet' inkunz' enkulu yodwa-nje,
Kutet' u-Mahibi wakulo-Mpinane,
Bat' abantu bonke bamangaliswe,
Kumangalisw' u-Liribane no-Ramahlulela ?
Nguvel' evele ngamehlo,
Ebek' amenyw' ematánjeni.
Yekan' *u-Tulwana* afundis' usapo.
Nyana ka-Sibita undoyisile,
Ngokukwaz' ukuvavany' izikolo zabe-Sutu.
Ncincilili ! Ncincilili ! Ncincilili.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Bomvana

Moni Ntshunqe, inkosi yama-Bomvana, umzukulwana ka-Gambushe.

Ngu-Sogangata, untaka wakwa-Mpemvu.
Yindembelele engalo zilubélu.
Ngu qaqa nyokwéni,
Isiramkakaz' esimadolo made sakulo-*Cótose*.
Ngu-Pákamis' amakwápá-bapélele.
Ngu-Luhange kwa-Báca, u-Joj' ama-Xesibe.
Ngu-Manz' akadinwa kukuntantazela,
Usivuk' embámbéni sanqol' intaba.

Zwelibanzi Langa inkosi yama-Bomvana ezalwa ngu-Nohute Sompa, um-Tembukazi :—

Ngu-Nxubil' umhlope ka-Langa,
Ulil' enkundleni kwelika-Moni uninakúlu,
Kánimnxib' intamb' emqaleni,
Kwinkom' ezindala kwezako-*Ntshungu*,
Umntan' enkos' uyafana newele.
Púlapúla kumadun' akowenu,
Púlapúla ku-Mbúnge no-Mashweshwe,
Bat' umntan' enkos' akavel' apósise,
Banga bayadela babuye bakólwe.
Gweba wentsizi, azi olu lwam lumsinda nganina!
Engumfihli wamahlaz' asebantwini,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Liti nehlwemp' alisikel' imvaba.
Gqili kuyazana no-Mnzimvubu,
Ndikǻngel' amacib' ukumelana,
Lelika-Tato emantlok' o-Mbǻshe.
Um-Bǻsh' ukuzal' uxel' amakǒwa,
Ukǻngel' izulu ukududuma.
Dunyelwa buxǒnt' engenaboya,
Kutshiwo ngobuboyana busemagxeni,
Nkos' am yentombi yakwa-Tato.

PǺKAMILE LANGA umninawa ka-Zwelibanzi.

Ngu-Tshak' unamandla wake wenzani,
Sivele ngelishwa asikamboni,
Sombona namhla kambe kum-Lungu,
Siva kutiwa u-Cetywayo ubanjiwe.
Ngu-Sidela-sikǒlwa,
Nakuba singawabonang' amaxǒb' abeza nawo
Siwabonil' amagcuntsu ku-Mhlontlo,
Wegqit' enkundleni kwa-Silwanyana wakutshon' e-Gqili.
Ngu-Sutu lunqabile lumi ngentaba,
Lupos' *intshengeca*, lupos' izembe,
Ubuye ngomv' owasem-Lungwini.
Ngu-Bala-luhlaza njengomnyăma,
Kant' umnyăm' ubomvu ngapĕzulu,
Nkos' am yentombi yakwa-Hlanga.

NGANITWEN LANGA umninawa wake.

Ngu-Malixol' ilizwe kuno-Ngqause,
Wajong' emanzini kwavel' inkosi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngu-Ndakúbeka ngozwan' olupáka̍ti,
Ndafuman' intlanz' emadakeni.
Ngu-Bád' *elimdlazi* litánd' ukuzeka kwezasekáya,
Liziyekil' ezakulo-Kaleni.
Ngu-Gcin' ifa lako lenxów' *endlozi*.

Solibomvu Langa umninawa wake.

Lijong' u-Singumzi, elihashe liyala linesilonda,
Bekan' isali lode lidambe.
Kóhlel' etúke u-Tyábinkobe,
Ngwe ziyimihlambi kulentil' ibimiwa ngabaka-Cebú.
Mvub' ezabókwe zintshunquntshunqu yakwa-Nomaróbo.
Eyom-Lung' iyenyuka ku-Xwïli.
Kufik' u-Gqamana watarúzisa,
Rólani nilu kwélel' ulwandle.
Nanz' izilo ziza zisukelana,
Ziye zadibana kowakwa-Tshezi,
Ukuz' ama-Kónjwayo avele ngasemva,
Lompi yay' indawo-nye neka-Nqwiliso.

Hlatikúlu Langa umninawa wake.

Ndlovu yase-Qúluqú,
Inxámel' ukubék' e-*Gungululu*,
Ipikel' amahlat' akulonina.
Ngabamb' ipolisa ku-*Búlekiwe*,
Anqabis' *umtsheko* ema-Mpondweni.
Ezama-Kónjwayo zisiposile,
Izwe lonke lahlal' ama-sentile.
Uté kát' ebukúlwin' angene nganina,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ungumntu wemvaba yase-Bǒtwe,
Ekwatiwa kǎngel' abantu abahlala kona-nje ?
Uz' ukǎlimel' u-Mtsotso no-Ndevu,
Lo wakwa-Mganu siyawukǎlazela,
Usanxǎmel' ukubinza nanamhla.
Ngcweng' axel' amanzi.
Nowanga, ntak' ende yecǐbi,
Nkos'am yentombi yakwa-Joji.

Sirǔnu Moni ukunene kuka-Moni.

Ngu-Gempe ka-Mlenze umtǔndezi wemaz' enoǫonqa
Ncǔka ngumdaka, bḗlu yingonyama.
Tḗmbḗkile, malif' ilizwe bambulele,
Bati bakonwaba bati ligqweta,
Lisiko legos' ukufakw' amaqǔbu.
Kǒncoshe, cal' elinentsimbi.
Adan' ama-Mfengu nowakwa-Tato,
Aceba nkab' ingasayi kubanjwa.
Ati, lo ka-*Jalamba* usinda nganina ?
Pǔlapǔla-ke ntam' *inamagxina*,
Ngokusunduz' into ezimwelayo.
Utete ngamini kwaw' inyembezi,
Mhla ngalemini kwashiyw' incwadi.
Kǔbelani niyisus' imiviko,
Tina asiselanga kwa-Ncǎ-Yecǐbi.
Lenkunz' inamandla nok' ingaka-nje,
Msan' ukukǎngel' itǎmb' ukunqapḗla,
Iwucande pǎkat' owasema-Mpondweni,
Mhlamnye yesuk' e-Ngilanyeni.
Ing' ingapǎt' ibuy' idangale,
Lenkunz' inǫukuv' ingenampondo.
Lumkanik' ihlobo litwǎsa-nje,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Iyakuvel' ilunguza pezu kwe-Xóŕá,
Ihlab' iziduli izipós' emhlana,
Kwelika-*Jabanga* kwelika-*Gubu*,
Mntan' enkosi yasema-Mpondweni.

NGQWANGELE SIŔUNU unyana wake oyinkosi yama-Bomvana.

Umntaka-Siŕunu ngumt' onzima,
Abakade bewuzama bewuxikixa.
Ngumang' angacetywa nasem-Lungwini;
Bekufik' u-Junjulu evel' e-Mtata,
Wakóhlel' u-Junjulu umiwe yinyama,
Uyawabanjwe yintambo yesipíka.
Nditi, xélan' u-Rentshana beno-Mangcayi,
Kok' u-Mantsoyi ngumnt' ozaman' ukungcangcazela.
Ntamb' ihla nonyong' iyawakúmbul' e-Shinira kwezisetấngà,
Zanga zicina zodade wabo zo-Nongcombolo.
Intw' ekấba likúlunye lipét' induku,
Liyekeni lipất' imfakadolo.
Ude wandinceda ngokup' u-Nongalati,
Waké wandizonda ngenkomo zaké.
Ndatat' imazi watímb' itókazi.
Tấng' elinohlofu lakulo-*Nomtóna*,
Liyawa *rarile* abantu bakulopúla.
Ndlel' icanda esiswini ku-Bédengu,
Yokuhamb' igigiza umntan' enkosi.
Mlung' okúmsha kuviw' emấlwini ngapấkati,
Sibékebú sodade bo-Rîngấma,
Yena wabulal' u-Hone akwanya lutó.
Ntw' emsindo mbi ungangoka-Mditshwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ke ! túlul' amincele, iti zolwa ngemibele xa zibuyayo.
Búngxana wodade.
Ke ! gama lokutéza kucólacóla,
Ke ! balisa ngendlala enomgcana,
Eti, ndadl' umpúnzisa, ndadl' *intibane*,
Kón' ukuze kubenje ndihlale ndiqunjelwe.
Nto zokuhlutá zimbini zona,
Sisabóngo nokuqunjelwa.
Ke ! ntambuli, ke ! mbúlul' *ixáyelo*,
Bade bapámban' abantu bokumelana.
Ke ! Sobálule, ke ! ngqul' imit' emide yasema-
Mpondweni.
Ke ! Joj' inyengelezi, ke ! sitánd' *ukufola*,
Kant' amazimb' ayapéla zintakazana.
Mazinyw' anamandla ngawemihlati,
Makúmka msinyane axel' umntwana,
Zingquzungquz' amazinyw' angapámbili.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ama-Mpondomse

Ama-Mpondomse, kudala, ayemi "*Eluhlangeni*" kufupi ne-Dedesi apo u-Mnzimvubu upúma kona, ati ngokwanda ada eza kuti ga ngo-Mtata. Aqala ku-Páhlo ukwahluka ngokusuke kumiswe inkazana u-Mamani, ezalwa ngumfazi wendlw' enkulu ka-Páhlo ukuba ibe yinkosazana yakufa inkosi leyo. Lonto ayiwukólisanga omnye omzi, kwaqala-ke kwako icala lasekunene.

U-Páhlo uzele u-Hlontso inkulu, no-Mgabisi uku-nene.

U-Hlontso uzele u-Mgcambe; yena wazala u-Myeki; yena wazala u-Matiwane; yena wazala u-Mhlontlo.

U-Mgabisi uzele u-Velelo; yena wazala u-Diko; yena wazala u-Mditshwa.

U-Mgca Wenkosi Zama-Mpondomse.

Ngu-Sikómo ozala u-Njanye; aze yena azale u-Malangana; aze yena azale u-Ntose; aze yena azale u-Newini; aze yena azale u-Ciŕa; aze yena azale u-Saba; aze yena azale u-Mhle; aze yena azale u-Qéngebe; aze yena azale u-Majola; aze yena azale u-Ngwanya; aze yena azale u-Páhlo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mhlontlo Matiwane inkosi yama-Mpondomse.

Sisibékeb' esisibébé sakulo-*Yokazi*,
Esimpondo zizibébélele.
Yinjobonde ka-Maŕolisa.
Ngudada ngesabókwe kumakúmsha,
Undlebe zo-Ludidi ngamaholoholo.
Ingubo ka-Maképe yegush' isikelwe kuye yamlingana.
Ngusiswenye sakwa-Hala esikwél' ehasheni,
Esité sakuba senkundleni satet' indaba.
Ngu-Mandondo, uvungam' axel' inja yake,
U-Bólokondlela, upila kuzenzela.
Lihashe lika-Matiwane elingavumi *kubósolwa*.
Waké wat' *u-Hope* uyalibósola,
Lamlahla pantsi unanamhla,
Alaziwa apo laya kóna.

Mditshwa Diko inkosi yama-Mpondomse yase kunene.

Lilunga lika-Diko,
Ngu yalan' inkom' ezo zingasel' ecibini lenkunz' enkulu,
Kwakonakal' ukutshona kwelanga.
Ngu-Gasa ka-Nipase,
Ugqangagqanga lwengqang' enamapiko,
Eyatúmel' u-Ndamase pantsi kwentaba,
Wati ziyeken' inkomo zama-[illegible]
Ngu-Ndamas' uyafumba ku-[illegible]gata,
Ulala ngemva kulal' ingwenya yakwa-Majola ngapámbili.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngusikótakaz' esitshiswa singatshi sakwa-Noma-
tshili,
Besiké satshiswa ngu-Ndamase no-Tshetsha sabuya
samila.
Ngu-Nduluka ka-Ndamase uyadla ku-Mbólo,
Uzabetan' intw' ezimbi zasema-Mpondweni,
Ngu hasa lika-Ndamase umntaka-Faku,
Badimbaza kulo libaqumbela,
Kant' u-Nongemane udikwe ngumncámlo.
Kusuz' u-Qakaza, kwetúk' u-Ndlebe wasema-To-
lweni,
Lisiko lama-Mfengu ukusuzelana.
Yatyap' ingweny' ukuteta naba-Twá,
Kugqobok' imitómbo baze basele.
Wena-Mnqanqeni waká walwa-na ?
Uyidla nganina póf' inkomo yakwa-Ngxabani ?
Yimaz' enxakamel' itól' elisiqwála saseba-Tenjini,
Esibekw' ehasheni safik' enkundleni sacand' indaba.
Ngu-Joy' akazisuli pézu *kwe-Xwili*,
Woyik' ukuhlatywa yimicing' elukwékwéni,
'Kazi wayenjanin' oko wayengumntwana ?
Yingweny' emenyw' abomvu,
Angaba mhlopé ngu-Fukuzana,
Ngu-Fukuzan' ezidyob' engwenyeni ingamvumi.
Ngu qága lika-Ntluzwana ema-Qimbeni,
Wafik' u-Mngcayi waliqongqotá,
Waliqongqot' irwala lika-Ndende.
Yintw' elufuduko ludukel' esiswini,
Unamadol' amadun' akowabo,
Unamadol' o-Tsitsa no-Ntlakana.
Ngu zalwa ngamanz' in[illegible]vu zakowabo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezinye Inkosi

Xóxó Ngqika :—U-Xóxó unyana ka-Ngqika yayi-yinkosi engatetiyo, yaye kanjalo ibisoyiswa msinya ngamapakáti akuteta, noko lonto itetwayo ingagqi-banga kuyiqonda. Lonto yenza ukuba ingahlonelwa kuyapi ngamapákati ayo.

Botomani :—U-Botoman obeyinkosi ye-Midange e-Mxélo wayeyinkosi etanda ilizwi lika-Tixo noko angazange ade aguquke. Ngomnye wenkosi zakwa-Ngqika ezabamkelayo aba-Fundisi abafika no-Jan Tshatshu. Yena wamkela u-Revd. Richard Birt, waza u-Revd. Caldecott (u-Kondile) watúnyelwa kuma-Jingqi. U-Kondile lowo wabuye wapúma ebufundisini wangena ebumantyini.

Tola Funo :—U-Tola unyana ka-Funo wayeye-nye inkosi yemi-Dange. Yayiligoŕa elikúlu. Wa-lwa kakúlu nempi yake ngemfazwe ye-Zembe neka-Mlanjeni. Ngezomfazwe, impi yake neka Stokwe kulomahlati e-Nxuba, ngakwi-Cíbi-Lentonga, ya-banga igxuba nevuso elikúlu kwimikosi yase-mlungwini.

Stokwe Nqeno :—U-Stokwe Nqeno, inkosi yama-Mbálu, wayilwa imfazwe ye-zembe kunye nomni-nawa wake u-Sonto.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Jan-Tshatshu :—Lomzi wakwa-Tshatshu, kutiwa ngama-Ntinde, kukunene kuka Ngconde. Xa sesigamlela pakati sifumana ukuba u-Cika wazala u-Tshatshu, waza yena wazala u-Jan Tshatshu.

Lo Jan Tshatshu wasiwa nguyise, eseyinkwenkwe, kwamfundisi u-Nyengana (Revd. Van der Kemp) e-Bethelsdorp, kufupi ne-Bhayi, ukuba aye kufunda. Wafunda-ke kóna wada wakwazi nokubála, wagqoboka nokugqoboka.

Kute nge 1827 wagoduka weza ekáya, aye ngeloxesha ama-Ntinde emi kulendawo inedolopu yase-Qonce, laye lonke eli lijikeleze lodolopu lilunge kuma-Ntinde, waye umfundisi wawo ingu Revd. John Brownlee. A.M. (U-Bhuluneli).

Akalwanga u-Jan Tshatshu ngemfazwe ka-Hintsa, kute emva kwayo watatyatwa ngu Dr. Philip (obe liliso le-Ronoskapu ye-Hlelo lase Rabe kwelilizwe, yaye-ke ingunozala ka-Revd. Durant Philip, no Revd. Wilberforce Buxton Philip, abade bafa besebenzela impumelelo yabantu abamnyama kwizinto zentlalo nezelizwi)—ukuba awele aye pesheya e-Ingilani kunye naye. Ubuye kwelo lama-Ngesi selefunde ukusela utywala bomlungu, obati bayimbángi yokumonakalisa.

Ngemfazwe ye-Zembe waya kungenela i-Nqúshwa kunye nempi yake, waza wasikwa erementeni, ngu-Bhuluneli, ngenxa yeso sizatu. Ute nakuba engabanga salwa yena ngeka-Mlanjeni, yalwa noko yona impi yake.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ite i-Ruluneli, yeloxesha, u Sir George Cathcart, ngokunganeliswa similo sake, yawuhluta kuye lomhlaba upesha kwe-Qonce, yawabela i-Midushane nama-Toyise. Wanikwa-ke u-Siwani no-Toyise.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Inkosi zakwa-Ngqika

[NGU SILWANGANGUBO.]

Nazi ke i *date* zam endiziqokelele kwisituba seminyaka eyi 27, ngokudibanisa imbáli nezinto ezibáliweyo emabalini ase Africa. Ndayame ikakúlu ngo Holl.

1795—Ukutatyatwa kweli ngama Ngesi elihluta kwi East India Company. Kukusekwa kwe L.M.S. eyakúpa abafundisi base Dipente. Imbali yokuzalwa kuka Maqoma iti wazalwa ukufika kombuso wama Ngesi 1797. Kwalwa u Ngqika no Ndlambe ngo Tútúla. U Maqoma lusana oseluhamba.

1798.—U Ndlambe udibene nama Lawo babúshulisa ama Búlu e-Mnyameni. Umzi ka Ndlambe oko use Qóra, kufupi ne station sase Bell-View. Wawunqunqa apo wawubángisa umkosi (81 Regiment) owawupétwe ngu Lieut. Chumney.

1799.—Kukufika kuka Rev. van der Kemp—u Nyengana. Wafika e Kapa ngo February, 1799. Utwáse u 1800 ekomkúlu kwa-Ngqika waza wabekwa e Debe. Iti ke imbali lusana u Tyáli ngezomini. Umka u Nyengana ukuya e Rafu elusana u Tyáli (1800).

University of Fort Hare
Together in Excellence

1802.—Wafuduka u Nyengana e Rafu waya e-Bethelsdorp (isikolo sama Lawo kufupi ne Bái, sipetwe ngu Rev. Timothy Van Rooyen ngoku). Wafika apa u Nyengana nge 7 March, 1832.

1803.—I Kapa latatyatwa kuma Ngesi, kwabábá i flag yase Bavaria. Kwadibana ngomnqopiso u-Ngqika nenkosi yama Holani u Jansen. Kunyakana ke kwamiswa isiko elingcole kunene lopúndlo ngu-Ngqika.

1806.—I Kapa labuyela kuma Ngesi emva kwedabi lase Blaauwberg, January 8, 1806.

1811.—Wabúbá u Nyengana. Kwaqalwa ukuliwa ne-Ngesi. Aqalwa ngu Ndlambe ukuviwa mhla wawezwa i Nxuba ukubuyiselwa kweli lakowabo.

1812—Lasekwa i-Rini, ukuze avalelwe ama-Ndlambe angabuye aye e-Mnyameni, August 14, 1812. Kunyakana wazalwa u Rev. James Read unyana ka Ngcongolo lo usand' ukubúbá.

1816—Afika ama Wesile apa kweli lizwe. I Dipente yayise yenze iminyaka elishumi elinesixenxe kweli, kuba yona yafika nge 1799. U Rev. Joseph Williams (Veledyama) ufike kulonyaka (1816) apa kwa Sihota. Wayekútshwe yi Rona yase Dipente.

1817—Kwenziwa umnqopiso pakati ko-Ngqika no-Somaseti, April 2, 1817.

1818—Yimfazwe yama Linde. Kukubúbá kuka-Veledyam, 17 August (Rev. Joseph Williams) ekwa-Sihota, lingekabiko i Bófolo. Kulwiswa kwezizwe ngu-Tshaka.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Izibongo zaba-Fundisi be-Lizwi

Dr William Anderson Soga, M.D. unyana omkúlu ka-Revd. Tiyo Soga (um-Jwara), umfundisi wokuqala kuhlanga lwama-Xosa. U-Dr. Soga ligqira elitshatsheleyo ngobucúle bokuqonda nokunyang' izifo. Ukwelama-Bomvana apo angumfundisi we-Lizwi kóna.

Izibongo Zake.

Ngu-Tándekile siyamtanda ngokupát' *amayeza*,
Nangon' amayez' engancedi,
Kub' atsitywa nguma-Mlambo.
Ngubálel' u-*Nkomen'* ukuz' andigcine,
Ndingumntu wokuqal' ukufika ku-Gambushe no-
Ntshunqe,
Nangon' ama-Bomvana selegqebenya.
Kwaqal' ubawo ukuwel' ezibukweni lo-Mtata nelo-
Mbáshe,
Way' esiya ku-Kauta ecel' amanxowa,
Nanamhla sisemi kwa wake.
Wahamb' ama-Bomvana emsinekela,
Esiti, lenkos' ibulawa ngum-Lungu.
Wahamb' oka-*Mbáyela* kub' eyindoda,
Wancama ubom wahamba nendlela.
Nditsho kuwe-ke Nqililingi-nqum,
Bóbóyi wati bó, jejane wati je,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Soma-Sobo-gontshi, imbíla nomqágiyele ukungen' empalweni,
Ntak' obusi, dade bokulamba,
Kub' ipákela nomhambi wendlela.
Vel' uwubeté ko-*Mayekiso*,
Utsho baxelel' abaka-*Mtshakaci*,
Bagcin' iziningwa, kuzel' *izikónkwan'* esinqeni se-Xóra,
Kuba kulap' inqanawa zifela kóna.
Nditsho kuwe gwangqa lika-Tiyo,
Zilenzi lihlal' ebótileni.

Revd. Walter Benson Rubusana, um-Cira, u-mfundisi wase-Rabe e-Monti. Wazizuza ezizibongo mhlana wawel' i-Nciba eye kwinkosi zakwa-Ngqika, kwa-Centane, etunywe yi-Ntlanganiso yaba-Fundisi be-Hlelo lakowabo, ukuba aye kucel' inxuwa lokumisa izikolo netyalike zelo-Hlelo. Wati, mhlana ngentlanganiso yenkosi, akusuka ukuba apendule ebulela inteto yenkosi namapákati, yavela imbóngi yakwa-Ngqika, yati :—

Yacombuluk' i-Namba yakulo-*Zala*,
Ebonwe ngu-*Noposi* ngoka-Myeki,
Ewele nge *bulóro* mhlana yafika,
Yakwéza i-*Tóle* yapumel' i-Gcuwa,
Wayixela ku-Pistoli koka-Sandile,
Esiti, 'xel' amagqobok' afikile.'
Yintw' elizwi libukáli livumez' *uhlanga*,
Abati ukuyibiza ngu-*Mapilipili*,
Kub' ipílisa imipéfumlo yabakowayo bohlanga.
Taruni ! nani mzi waseNgqushwa-khreni,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Taruni ! nani mzi wakwa-Mhlandla-Ndlovu,
Lomntwana wakélw' isicakadi ngu-Ntsikana,
Watándazelwa *nguyise-kúlu* kwa-Nyakanyaka.
Sisikúmb' esisongwa sisombuluka,
Ngumhlab' ulukúni ndimbé ndingene,
Kángela-ke tina ukuqalwa kwezinto,
Ukuqalwa kwengom' e-Qaukeni kuzanywa ngesinqe,
Kuba kulendaw' inamandla kuzinyamakazi.
Jolani msinya mzi *ka-Mdange* siniqondile.
Taruni ! nani mzindini *wase-Montini*,
Lomvalo bayawuboleka abakulo-Mbómbó.
Nants' into eyatet' e-Ncemera *kwanyikim' e-Kapa*,
Ibuzela abantwana benkosi boso-Emma.
Ngumnqay' omde endihlanganisa ngaw' em-Lungwini
Umnqay' omde endilaula ngaw' elu-Hlangeni !
Umnqay' omde endiva ngaw' isiziba ;
Abowupákamisa ngabowugamlela ngazibini.
Nank' umahamba bengamtánd' abasem-Lungwini,
Ipónoyi lentombi yasema-Gqwasheni.
Nani bo-*Mazima* anendisele nizikétele,
Kub' akabonwang' umf' omhle ngokwenkazana.
Nditi ukutsho, inkos'am yeyasema-Cireni,
Inkos' am yinto ka-Rubusana.
Ubukos' obu abunamntu ubalayo,
Ubufumene nawe bonk' abantu bebunqwenela.
Nditi, yi-namba yase-*Dikeni*
Iyacombuluk' ukusing' e-Montini.
Yabál' incwadi yasinga *pákati*,
Apo zikón' inkosi zasem-Lungwini.
Ngunxámel' isikolo kowakwa-Ngqika,
Owakwa-Ngqik' uhlel' esinyameli,
Eziny' izizwe zihlel' ekucaceni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngu Gqili aliwelwa ngumntu ngenyawo,
Kupél' ukuhamba ngesikítshana.
Ngundlovu zabaleka zay' elundini,
Mazibuye sisik' imixáka.
Ngumjongi we-Xuka lazamazama.
Ngumakwénkw' amadala ngawama-Mpondo,
Ningawabona nani selenentsapo,
Kwaluk' u-Ndamase mhlana kwayekwa.
Ngungweny' imenyw' abomvu yase-Mnzimvubu,
Idung' inqanawa xa zipúmayo.
Ngumhlab' unamandla ndiwuqondile,
Kanti noko uyoyiswa lizulu,
Litób' imbálela kutshe nemiti,
Itsh' imilambo kusal' iziziba.
Nditi, molo zol' axel' amanzi,
Molo mali yo-*Nomenti* yokuhlaul' ezasema-Cireni.
Nditi, molo namba yase-Montini,
Eyat' ukusuk' e-Montini,
Yaqushekeka yakuvuk' *e-Kwelera* kwesakwa-Ndlambe,
Yat' ukusuk' apo yaqushekeka yakuvuka kwa-*Centane*,
Kwesakowayo kwa-Ngqika ;
Ap' u-Ntsikana wayolela kóna,
Ukuze kubek' "*ukáka lenyaniso*."
Yat' ukusuk' apo yaqushekeka,
Yakutintelwa zintaba ze-*Xólora*,
Yati kowo-*Sondishe* yema ngenyawo,
Say' isinqe sise-Zeleni koka-*Dwashu*,
Ukuz' intloko ibe koka-*Ngqungqu* e-Mpongo,
Ibambélele ngezandla *Bóngc*' e-Kwenxura.
Hamba ntw' indlu ze-Cawa zintlaninge,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kuba betu woz' atinina mhl' azivulayo.
Bhota mntan' entombi yama-Gqwashe,
Mfanelwa zingubo zasemlungwini.

Revd. Liefeldt, umfundisi wama-Toise ngase-Qonce, e-Tshoxa.

Ngudladl' elidla ngomkónto, wegqira, ka-Simba,
Undlwan' itápúkayo ingayi kupúma nto.
Ngu-Tyumtyumkazi, unyawo bék' e-Hewu kant' uy' e-Dikeni.
Ngu namfu ndayibamba ndiyigcinile.
Siki, bóta mfondini ukwél' ehasheni,
Kwelo hashe lakó lingwevu !
Ntalantala, bará-Mntyintili.
Haluhalu yenziwa ngamakwápá.

Revd. Charles Pamla, into ka-Pamla, ka-Matanda, ka-Gob' izembe, ka-Mashwabada, ka-Zulu, ka-Radebe, ka-Mtimkúlu, ka-Dlamini, ka-Ndlovu, ka-Msi, ka-Mhlanga, ka-Mtúngwa, ka-Mashiyi, ka-Masoka, ka-Mhuhu, ka-Flatel' ilanga, ka-Sidwaba, ka-Ntu. Ngumfundisi odume kakúlu wase-Wesile.

Ngu-*masiguguny*' itámbo lenkomo yakwa-Tswane,
Uqokoz' u-Mbáshe ngamadolo,
Ungwe ziyamangala,
Unkomo zidl' entloko ngokuswel' itáf' ezilidlayo.
Yingqanga yase-Tshoxa,
Umati wezindlu zika-Matshaka,
Ngumbulali wembiza zotywala zo-Mageda nabanye,
Umjongi wentshaba zabo bonke abantu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngu-*Mjikelezi*,u-Ndleleni ngokushumayel' i-Vangeli,
Iciko le-Vangeli, zacula zatsh' intombi.
Nguvuso *lesipɛ̀kepɛ̀k'* ebantwini,
Umnyamezeli wezint' ezimbi zezipitipiti,
Zezipitipiti zase-Kiomhoek nase-Tembeni.

Revd. Eben. P. Koti, um-Kwayi, ongumfundisi we-Baptizi kwa-Komani :—

Intw' enkulu ka-Koti yeyenkomo *zentsuba.*
Ngu-Somaq' um, umnye nomntaka-Gwenxane.
Ngu-Dal' umsimboti elona gama lake,
Uzulu liyazuza, liyavakala
Mhlana lizalayo, lizal' amatókazi mhlana lizalayo.
Sisanabe sentombi ka-*Joni* kuma-Bamba,
Eyatshat' enkundleni mhlana yatshata,
Eyatshat' enkundleni kolo-Yilingwa.
Yintw' enkomo zidl' e-Ndumangeni,
Ziye ngokusela ku-Ndubungela.
Yintw' enxowa limkútuka lise-Mndundu,
Labonakal' inxiwa lesityebi,
Lapáleka lema *ngomtónyama.*
Ngumbámbé zehlati lika-Matóle.
Ngumnt' akabuyang' e-Sundwana,
Ufik' e-*Zinqayi* wadandalaza.
Xégo lexálanga leza linomvumb' entliziyweni.
Gudu lwe-Ngambúza ndilunxámele,
Cwéba le-Ncwéba ndilincwasile.
Nguntombi zabet' *inkongo,*
Zabet' e-Mnqaba,kanti zibet'él' intonjane ese-Mpetú.
Livit' endidada ngal' [illegible] e-*Melika,*
Ukuya kubik' ukulamba kwabantwana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Revd. Candlish Koti, um-Kwayi, ongumfundisi we-United Free Church, e-Ncisininde. Ngumninawa ka-Rev. Eben. P. Koti.

Ngu-Sonesi, igwangq' elilubélu,
Ungxande *zecitywa*, upúti labúngca linomvumbo,
Kwelihlati lomsendo, laya labanjwa zizinj' e-Jojweni.
Ngumt' odubula kuvel' ihlobo,
Kuba kuvel' inkanga kwavel' umbaba.
Ngumtya weqwar' elinkone.
Ngu zicina zamaso ndingay' e-Wukuwa.
Ngu-Mehlw' enkomo elona gama lakhé.
Lixáma elintusi lovivingane,
Kade sidlala ngalo singabantwana.
Yintak' emsundulo upántsi kwepiko,
Intaka yesinga asint' ibetwâyo,
Kuba iti yakubetwá kuf' amatóle.
Yipon' am yokuv' isiziba,
Ipon' am *ekwélw'* e-Magqwasheni.
Ngamhla-mnye *izi-Kotshi zayiboleka*,
Satát' intonga sayipútuma,
Sayinikel' *u-Gilesi* koka-Makeba,
Wayitábatá wehlis' i-Mbúlu ne-*Ncisininde*,
Kwanga kuncinane kanti iyatshona.

Ezika Rev. Bryce Ross D.D. umfundisi odume kakúlu wase-Pirie.

Namhla singawe nyana ka Ross,
Kad' usenzela, siza kwenzela wena namhla.
Mcokeli wendaba zasekaya :
Nyawo zam zokundibalekela ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mehlo am okundibonisela ;
Zandla zam zokundamkela ;
Ntonga yam *yehlati* lika Hoho—
Ehleli ilitemba ezikolweni ;
Nkuriz' ebambihlelo mhlana kuliwayo ;
Ndod' ekuhamba kucokisayo ;
Vul' indaw' enqaba, singela pambili,
Pikel' amalanga engakanje,
Quqel' ezaleni—gcada ngokánjana.

Ncincilili.

Ezika-Revd. J. K. Bokwe umfundisi we-United Free Church, e-Maclear (e-Dyoki). Ngumfundisi otshatsheleyo ngobuciko bokuvuma, nobucúle bokugcin' incwadi zemali, nokubála. Ezizibongo asizifaki ngakuvana nazo, senziwa kuba singenakufumana zimbi zomfundisi lowo, saye-ke sicinga ukuba lencwadi ayingebi izele kungeko mda uteta ngaye, kuba ngomnye wamadoda apámbili kumzi ka-Ngqika.

Wakulumka mfanam.
Mdengentonga Impuk' encinane
Iqónqa lakulo *Mina* umntaka Mfundisi,
Balincotula kwa Ntsel' amanzi
Balibetel' ingoma laqél' ekáya.
Waliqingqa laguda umka-Stewart ;
Uke walitúmela ekáya *kumnakwabo*
Laya lanconywa ngabase mlungwini.
Laténgwa yi Ruluneli wavum' u *Somgxada*
Libuye lahlala kuba lili soka.
Umaqáshambul' ukuhamba ngati ngumqátu

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umapúnguz' intloko ngati ngu-Mvundla.
Umafungwa zintombi *zase Mgwali*
Zingati Nokisi ziyarábasa—John zinyanisile.
Kufik' intaka ku-Somgxada
Yati ndincede ndincede mfundisi.
Ndisoke kuba namhla ndiyindoda
Akuvangana ukuba ndalekelwe ?
Umninawe lowo ngu Zwi Labantu.
Ndiza kuwe ukuba undisoke
Ndaké ndafun' ukuza mbla nge-Ruluneli
Ndasala noko, ndixóbile ema-likeni.
Ndizokucela intonga yakulo-Mina
Tina singabantu abacel' amadoda.
Taru mfondini undixakile
Ukundicela indoda uyeny' indoda.

Gxolox' Ekáya.

January, 1898.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Izibongo ze-Nkomo nama-Hashe

Ezenkabi yehashe lika Elijah Rebe wasema-Ngqunukwebeni.

Nonyak' ulovane luyalupâla,
Kuba lupûm' umqosho pezu kwamehlo.
Ungqanga ngqengeshe,
Umfene mtshana ngakwa-Radebe.
Ujeke yebaba, usapâ nkomo,
Umanqin' amdaka, udalas' emdeni.
Umlungu wase-Pêwuleni,
Ugwangqa mhlope njengenyama,
Umqûbi wenkom' ezinoqônqa zaselwandle.

Imaz' enkomo ka-Bâca Sishwali, u-Mbô wase-Kwenxura.

Imaz' am ngu-Ndancama,
U-Marûnunu, u-Joj' icizele,
U-Gagulul' ihlobo ;
Ubuso bumnyam' akubuhlambina,
Kade ndibuhlamba bundoyisile !
Umntaka-Ntelez' akananto yena,
Ityala ligaqelwe ngama-Rudulu.
Andikuhlahla, ndakukângela ku-Mapisa no-Dunga.
Ndivinjw' umbona ngu[illegible]-Ngudl' e-Bâlasi.
U-Nyamza no-Mafuya bantanga-nye kwayekwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umkosi wama-Mfengu wentw' ezimbi,
Ufik' e-Qonce watimb' amazimba;
I-Kwelera noko lidume ngamazimba,
Babityil' abantu abavela kóna.

Inkab' ehashe ka-Bâca Sishwali.

Yingumbâne, isif' esity' abantwan' *esirósheni.*
Ngu qaga lilahleka nomtya walo,
Libuye libonwe kwanomtya walo.
Ngubaw' akanditând' utând' umfazi,
Umam' akandityel' ukuya kowabo.
Ngumayiqómf' intomb' eyandalayo,
Ihlal' ihlal' ingapâti muntwana,
Izincamis' ukutand' amadoda.
Ndincedeni bantu base-Montini,
Ngesitshetshana sesikel' esimbâxa-mbini,
Ukuze ndiyikel' amacal' omabini,
Usal' usitenge pâkati.
Lihashe lika-Radebe,
Abahlale bejikica ngawe,
Wakuhlal' ung' akuva noko batshoyo,
Kub' ulihashe lika-Mtimkúlu.

Eze-Xâka lika-Meyi Faxi into yasema-Qwambini, ekwa-Kábakazi, pesheya kwe-Nciba.

Ngutând' ukum' endlwini emdala,
Animkwélelin' indawo yokuhlala.
Lixâka lika bawo, ixâka lomnt' omkeli kakuhle,
Seleman' ukuvuba ngeswekil' ubaseKhaleni lo-Tixo.
Lixâka lika-Qânya no-Mfetsho.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Hay' int' imnandi ukuhlala ngaseziko,
Uz' uman' ukuqoma maxa kopúlwayo.
Ngubantu begcushuwa *ngamakólokólo*,
Banje ngenkom' ezisind' elongweni.
Ngu nina nonqayi nilahlekile,
Púmelani ninyuk' emanxuweni,
Indlel' ey' e-Tsomo niyipósile.
Ngu-Colosi alunamnumzana,
Ulimiwe ngononqay' ama-Jelmani.
Nguhambani ningakángeli mna,
Kude kwa-Mdange aniyi kufika,
Kuba kumiw' i-Gxwetera ne-Kwézana.
Nditi, lixáka labantu abazala mna,
Kub' ilixáka labant' abandizalayo,
Kub' ilixáka labant' abavumanayo,
Kub' ilixáka labant' abatándanayo,
Kub' ilixáka labant' abancwábanayo.

Eze-Xáka lika-Bávuma Mbándazayo, um-Ntande ose-Nqabara ngase-Shixini kwa-Gcaleka.

Ixáka lam ngu-"Ngalomhlope," injoli yocúku,
Yanga asiyena mnini-mhlambi.
Yinkaw' *inangqaza* pezu kwamehlo,
Ubél' *olunomkáng'* esiswini.
Tin' e-Xór' apa asinalucúku,
Nomdala, nombi, simqúba ngentshiyi.
Siguqul' ilizwe ké lonakala.
Ke! nkom' enamanya ngat' iyalamba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-"NTSHULANTSHULA," imaz' efosi ka-Bávuma Mbándazayo.

U-Ntshulántshula ngumxambúluza,
Uxénts' engenantsimb' emqaleni.
Ngu jongwa *yimiřula* yamadoda,
Upál' enentamb' emlonyeni.
Ngu-Bódla wotyani, upála bahleke,
Intsuzi yehashe.
Ngumgidi, utywal' obundlu ninzi,
Obuncikane yintanda-ndoda.
Gxotan' amasok' angabuseli,
Makay' endleleni kwa-Mlengana,
Apó zikón' inkomo zamasoka.

EZIKA-"NGABA-MHLABA," ixák' elibomvu lika-Madaleni Buya into yasema-Giqweni ebi-yimbóngi yasema-Gqunukwebeni.

Ixáka lam lonyana baka-*Tiba*,
Kuba lixáka lika-*Mjatya* no-*Cebo*.
Ukub' ulele wedwa uqungquluzile,
Okóna kulala kukuba babini.
Ngunxowa lika-*Magingxa* lise-Qoloŕa,
Kuba lise-Gxará elika-*Mkóntwana*,
Elika-*Ngxokela* lise-Kuguŕa.
Ngundakuwel' e-Kweleŕa kwelika-*Púku*,
Ukuze ndiwel' e-Gqunube kwelika-*Tyéke*.
Ndakuhla *nezi-Kwába* zika-Qózolo.
Ndiya kuqabela kwelika-Tyélebana.
Elika-Gany' inxuwa lise-Peulini,
Nxuwa lika-Ngebúshe lise-Mgwangqa,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kant' elika-Mnyapá lise-Xúkwane.
Lixégo le *gqwayi*,
Inamb' enkul' ejikel' u-Mtála.
Umandiyincam' injoli kumakwénkwe,
Kub' inyama iyihlaza ngokuyongula.
Ngu-Sanya-nkomo, imfene yase-Cisirá,
U-Hew' eli linalishwa lanina,
Kub' inkom' ivele kwase-Mkálana !

Ezika-"Lubisi," iqegu lika-Mangona Kaka into yasema-Cireni ezalwa ngu-Nopeli intokazi ka-Mda yasema-Mpehleni.

U-Lubisi ngumntaka-Mayiza, wesazikazi,
Ovuk' encwábeni way' ezulwini.
Ngu gazi lakó lipálalele tina,
Unqin' izingel' imipefumlo.
Ngumenzi wemfama zenziwe ngabom,
Umtómb' omanz' amnandi namanz' arara.
Umtóbi, idikazan' elinobumenemene,
Elikwélel' ingwenye laya pezulu,
Laya ngokutyelela kodwa e-Nkonkwana.
Uxáka xákis' amany' amaxáka.
Nonyaka mna ndifund' u-*Jakuja*,
Ndiké ndasilela nge *ngxobongwana* ;
Rútu ngamaqúla anempikwane.
Ngu-*jaka* liyatúnda, ulim' ewasongela,
Eti, nonyaka ndoké ndiwayale'.
Ngu nkunzi yantwala asinto yalutó,
Nakub' inkulu tyoba ngozipo.
Unkabi yabókwe asinto yalutó,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nakuba imnyama yenziwa inxówa.
Ubabonakal' abasel' *amaṙolo*.
Ubakấnya ngamehlo bobabini,
Ungaba, bona baqalekiswayo,
Ndinge ndinje ndisel' amaṙolo.
Ukấkakấka, lendlu ka-Mancwayiba,
Liyazitú́s' inkomo xa zigodukayo.
Emva kwendlu yakó́ kuyoyikeka,
Kuyoyikek' amatấmb' abantwana,
Abafa kudala nabafa kutsha.
Niyiyekelen' inqwấl' esicubeni ?
Ayilapú́lin' icuba ngomlenze ?
Uxam osezantsi akakuva lutó́,
Odl' amaqunube ngopezulu.
Kulwa nganin' u-Mnzwi nama-Gaxa ?
Izemb' alipấleki liyatshitiza.
Umkó́n' usampumpu uzel' amanyama.
Inced' inganconcoz' ikấnd' amazembe,
Ifun' ukwahluka kweziny' intaka,
Ifun' ukwahluka ko-Nombese.
Intomb' azisagidi ngalubambo,
Sezinqumlez' *imihali* yezinja.
Ukudubula kwenkanga yase-Qonce,
Idubule yahlala kwase-Qonce,
Ukuze kubek' u-Nontungwane Ntusana,
Ubé́bé́tyu lundiqetú́kelayo ;
Olwashiy' ingcili ngase-*Qấmtweni*,
Apo kubutwấ kona ngamadoda.
Uso-Sibandeka ka-Sibandesukile,
Usawu ngesitshetshe somlungu sika-Nkonki.
U-Dyan Tshatshu uminyaka mi[illegible],
Uminyaka mibini esi-*Qitini* ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Simkángele futi *sazipétu*,
Zisukil' incwadi zakowabo.
Ngusonyuka siye kwa-Somtseu,
Apo zigqitywa kon' izint' ezitétwáyo.
Litól' elizigodlo lika-xam.

Ezika-"Magam' agwetyiwe," ixák' elimnyama lika-Mangona abeduda ngalo enkundleni.

U-Magama wagwetywa mhlana kwatetwa,
Kwasa simi emkómbeni ku-*Jiningisi*.
U-Jiningis' ityal' ulipéndule,
Ute, umntu-ke mniken' inkomo zaké.
Uti, zikúpeni inkomo zika-Giny' itóle.
Inkomo ka-Kak' ijongwe lixelegu,
Ijongwe ngu-Mfutya ixelegu.
Nguminyany' ayibambáni neyexelegu.
Ngumahashe la posi lilahlekile,
Umkóndo wubuzeni kuy' u-*Magila*.
Umkókeli ka ndlebende nankw' enqweleni,
Nankuya ehleli ngakumbéxeshi,
Kwezinqwelo zo ndlebende zama-esile.
Ngungazala ntomb' am' ubuy' uyityabe,
Kub' abantu babuhlungu nentombi zabo.
Uyifun' intomb' inkomo zisibózo.
Kant' uyise wentomb' uyalifun' ishumi,
Akazifun' inkomo zisibózo.
Umkóndo wubuzeni ku-*Tomsana*,
U-Tomsan' ihashe ulibanyele,
Ut' umkóndo wubuzeni ku-*Mdyogolo*;
U-Mdyogol' ihashe uliwunile.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Utḗ lidlul' ap' ihashe liyinto emanzi,
Utḗ pắngan' e-Bắlini ku-*Dekisini.*
U-Dekisin' ihashe ulivumile,
Ut' ihashe lidlul' apa linezidwashu,
Ndikḗ ndabakŭ́p' abantu balisukela.
Pắngan' e-Ncemera kuma-Jelimani,
Nditi, ngaw' asendleleni angalibonayo.
Ama-Jaman' ihash' alivumile,
Kulapṓ labuya kṓn' ikắba lama-Joni.
Abet' ixilongo az' e-Montini,
Awela *ngepant'* ukusing' e-Montini.
Incwadi baye bayipṓsa ku-Jiningisi.
Yinkabi ka-Kak' utyala lisinqum,
Abalisukul' abant' abalitetayo,
Beba bayalisukula *bayalitŭntubeza.*
Yi dyokwe ka-Heki eyatsha ngumlilo,
Mhla ngenxaxḗba yemazi ye-Jamani,
Ye-Jamani yakwa-Bŭzubắla.
Safik' endleleni soj' umlenze,
Afik' amapolisa sendihlaula,
Sendingen' emalini ndalihlaula.
Ixắka lam lingangelika-Ndayi,
Lingangelika-Ndayi kulo-*Gqwarù.*
Ixắka lam lingangelika-Nkovu,
Lingangelika-Nkovu kulo-*Gaxa.*
Ixắka lam lingangelika-Kate,
Lingangelika-Kate kulo-*Mbḗde.*
Ixắka lam lingangelika-Tyắla,
Lingangelika-Tyắla kulo-*Mbṓmbṓ.*
Ixắka lam lingangelo-Nondyola,
Lingangelo-Nondyola kulo-*Nxumalo.*
Ixắka lam lingangelika-Pata,
Lingangelika-Pata e-Magqumahlwebeni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-"NGCOMBELA," iqegu lika-Venfolo unyan' omkúlu ka-Mangona Kaka into yasema-Cireni.

Ngu nkumbi zehla ngo-Hohobe mhla zafika,
Zehla nezi-Nqâyi zehla no-Gaga.
Zayipâhl' imilambo yomibini,
Zaqubisana zakupûm' e-Dikeni,
Zafika zawashiy' amaqand' e-Debe,
Zakuhla ku-Mnyap' e-Xúkwane,
Zakwéz' i-Ntsikizi umlambo omde.
I-Nyâtyoŕa imiwe ngu-Mbókotwana.
Wayilima wayigqib' izicuba.
Yagonyela yasuz' inj' enqugwala,
Okuteta kwe *gxiya* kuneqúbu.
Ngumsukuhlala ngakwabenz' umoya,
Mhlamnye bayakukânyelela.
Ngubïnqis' umntu ngetye lembóla,
Ukuz' abantu balale nezihlobo.
Ngu *fulesi* yinyama, u-*sawuti* yityuwa,
U *sikapu* yigusha, u *nyongo* ngu-Tyólo.
Ngu nqanqakazi luka-Bâyiyana.
Ngu *bûlasi* yimfutó, u *bâsi* ngumlungu.
Umntan' am wendel' *enqankaleni*,
Kungasendeli ntomb' enqankaleni.
Ngu bûmbulu bemfe wakulo-Huwa,
Undinga gwetywa nasematyaleni.
Ngusigcabeni sonke sipéfumle,
Silinganis' ontlanga zimatyúlu wase-Gabé.
Ngu ndizikâtúl' ingoma zamaxégo,
Ndide ndamxéntsa no-*Nomzanga*.
Nguntongan' emnyama yapézu kwe *ehe*!
Ufun' ukuzal' abantwam' abanenkani.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumpunzi yase Rulu yawa ngo ganga,
Noko ninenxáwa kániyiyeke,
Yimpunzi yokufund' umntan' enkosi.
Ukáfu nengqwati ungaya kwinina ?
Ndingay' ekáfini nok' iyinkew' eyokushwabanisa.
Nguntloko yexégo tyumbú emtintweni.
Ngumbóla yahlal' esinqeni segqala.
Nguzi-Kámanga zikufupi e-Ntshwenya,
U-Mgwangqa kundawonye ne-Nqwenerána.
Ngu-Sontsontelo, untamb' am yokutiyel' impunzi.
Ngu-Sohayi Skrani, inkabi ka-Ntsuntsushe
U-Gwala ngegqabi,
Uzazing' azigqitwá ngabakwéta.
Ngu-Hawulele eziqiya zibomvu,
Unqayi zama-Mfengu zingasemva,
Kuba zitshiswe yimiqamelo.
Ngubúnguza ligugw' ema-Mfengwini,
U-Gobana ligos' ema-Ciŕeni,
U-Ngcetana ligos' ema-Nywabeni.

Ezika-"Ntaka-Mhlope," inkab' ehashe ka-Dyan
Kóto into yasema-Gqwasheni ezalwa ngu-Noxina
intokazi yasema-Ciŕeni.

Inkab' am nguténg' u-*Nodyuwana*,
U-Wa-lamagqwira yindlel' ese-Báli,
Liti lakuselwa lisinge kóna.
Abafazi bofik' emva kwedinala,
Nge búlakufes' abakufika.
Abafazi bo-Mncotsho bahle bonke-na ?
Wahomb' u-Nyube kwalusizi,
Endawonye nekába lase-Tshabo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Indlu yelindle *imhlope* kakúlu,
Akungelibali pezu kwehlati,
Ihlati lo-Mncotsho ilivatisile.
Ngubóbóz' amaselwa ngomlomo,
Lwada lwanqin' usapo lwama-Támba.
Nguwet' akahlakul' ufun' amadoda,
Unje ngalomfan' ufun' abafazi,
Uyakuba netyala mhlana amkayo,
Mbeteni ngomnqay' agoduke.
Nguŕol' ababanjwayo, usozitúkutézi.
Ngumlahli wengubo zamatyala,
Inkabi ye lawu lika-Kóto.

Ezika-"Mashini," inkabi yehashe ka-Ngqongqo Nazo.

U-Mashini, umtshisi wendlu zabatákati,
Àbo-Sayeka nabo-Bónga, kwanaba bo-Sombi.
Ngu tshabanqá alibetwá madodana,
Noko linamandla libetwa ngenduku.
Ngundifik' etsilini icélesi livungama.
Bati sakums' ebantwini ngonyaka wesitatu.
Ngu-Sotonono, ujong' umjonono,
Undifik' intong' am seyipétwe ngama-Búlu.

Ezika-"Nonyaka," imazi yenkomo yento ka-Qoba, (um-Bamba) ebimi kwilali ka-Dlongwana, e-Zeleni :—

Imazi yakokwetu ngumgibe ka-Nqonqo no-Mpindo,
Yaqauk' inqambu ndiwulungisa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngu-Kwelera lizazwe ngabelungu,
Kwelika-*Koliwe* kumi umlungu,
Kwelika-*Mapisa* kumi umlungu,
Lelika-*Dung*' elipûmel' igusha.
Betan' ihashe libe siqabê,
Likwêz' i-*Nyâtyoŕa* lingayiyeki,
Libike isikw' intombi zifikile.
Ndadla nenkwenkwe intliziyo yahlamba,
Kwanga kumhlana ndabinzwa lixégo.
Tetani nama-Mfengu abâtale,
Abâtal' intomb' u-Nonqause,
Kub' uwaguqulel' uhlanga lwama-Xosa.
Ngubanin' ot' ama-Tâmb' ayabadl' abantwana ?
Asimbonang' umntwan' owadliwayo.
Inkomo zanxakama kwa-Nonq̂ause.
Ukuza kwama-Mfengu kuyavakala,
Kwanuk' igwada kwase-Mnzimvubu !
Kwanuk' *amapûkutsha* nemipôtûlo,
Bab' eqûtywa yi-Nyat' enkulu yakulo-Mosisi,
Eyabonwa ngu-Elija beno-Mosis' e-Ntlango,
" Masisesisenz' intente kusilungele."

Eze-Xâk' Elibomvu lika-Tshete Ngindo (um-Nkabane), ongase-Mhala's Kop :—

Ixâka lam ngu-Magogoty' avinjwe u-Zidenge,
Adl' umkâlalo ngokwase-Cenyu.
Ngulokuqengq' imbôkotwê yehl' u-Mbashe ;
Umpi enamandla yeka-Njokweni,
Kub' izitimbile nezika-Mlanjeni,
Ze tola letu tina ma-Xosa.
Ku ŕonyw' inkunzi mhlana yafika,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Esuk' amaxég' ama-Mfeng' ayitúndela,
Sada saba kovela simanga salutó,
Kuba zinkomo zetola letu tina ma-Xosa.
Ngu-Mcánabo umlambo wo-Somtseu.
Lixák' elingango-Mapiswa kowakwa-Ndlambe,
Lingango-Bájanga kowase-Tánga.
I-Xúkwane ngu-Mnyapa pezulu,
Entlapa e-Kúbusi lelika-Soli,
Ulizekele ku-Gabana kuyise.
Ntloko ye-Kúbusi ngu Mtshemla beno-Tyembile.
Ngumna andibongeli ngamntu ngakuba nditsho,
Kuba lite elama-Ndlambe lanikw' ama-Ngqika,
Ndixel' abanini-mlambo, ukuba baz' ukuba
Ilizwe lipétúkile.

EZIKA-"QULUŔA," IQEGU lika-Quluŕa into yasema-Ntakwendeni.

U-Quluŕa ngu-Kúlu, u *skapu* yigusha,
U-*Flesi* yinyama, u-*Sawuti* yityuwa.
I-*Blasi* yimfut' emlungwini,
U-*Bas* ngumlung' ema-Xoseni.
Búmbulubeŕe, sitshotsho sakulo Huwa,
Mntan' am wendel' enqakaleni,
Kwaye kungasendeli ntomb' enqakaleni.
Nqanqakazi luka-Báyiyana,
Teta kwe gxiya kuneqúbu.
Msukuhlala ngakwabasuzayo,
Mhlamnye bayakukányelela.
Sankwintya namanya ungaya kwinina?
Ndingay' emanyeni, kaŕa yinkew' eyokushwa-banisa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mgwangqa kundawonye ne-Nqwenerana,
Izi-Kåmanga zikufupi e-Ntshwenya,
Nganeno ko-Mncotsho ngu-Mntlabati,
Nganeno kwa-Malinde ngu-Mzonyane.
Ndite ndakuhamba ndabuzw' ityala,
Yanga yinkom' endiyixélelwayo.
Imfengu nelidala lingumntwana,
Kuba situma won' amalahl' okutshaya.
Sigcabeni sonke sipéfumle,
Silinganis' ontlanga zimatyula wase-Gabé.
Emlanjeni kombélwa ku xam,
Emlungwini kombélwa eqéyeni,
Tina masibamb' imfengu siyenz' ingqongqo.
Inja ka-Tshikila ngu-Ndazohlwaya,
Eka-Gwaxu ngu-Macal' amdaka.
Inja kama-Awu ize kukwél' endlwini,
Le ka-Bikiwe idla ngokuncutúma.
Mna andingexwebi ndisityebi,
Ndingazaman' ukupéhla nditámbisa.
Mna andingebawi ndiligosa,
Ndingazaman' ukoselwa ndiziselwa.
Mna andipányazi ngashumi lamisebe,
Ndipányaza ngesihlanu kwayekwa.
Mna andifuleli ngashumi lazitúngu,
Ndifulela ngesihlanu kwanele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ingqokelela

Ezika-Mdyogolo Xóṫó wasema-Ndlaneni.

Ngu-Stemela, uqolo ŕangaŕanga,
Unyelwa zintaka, usisila sentaka yimilenze.
Intw' eti yakufun' ukukwéla bat' uyahlala,
Intw' eyawel' i-Gqolonći ukuza kokusa,
Yaza kuwel' u-Mgwali ukupúma kwelanga.
Intsimb' ezindala ngo-*Nongeshana*,
Ekade sizinxiba singabantwana.
Ngu qongqotwâń' ezala, uxam ehlomkisa, incúk' ijwatyula.
Ndifik' oxam befukamisana,
Yat' izibémbé yangumbélebéle ;
Kubingelelwe ngenkunzana yentini,
Nyakana yatshat' intonjane ka xam.

Ezika-Dyantyi Mvimbeli :—

Nguso-Nqila, ugamlel' *izaka*,
Useyidukwé zimikóndo mibini,
Zikw' ezimnyama zikw' ezibomvu.
Nguntambo yenqanawa yacand' ulwandle,
Bafik' omateloshe badyob' inqata.
Lazal' i-*Riliŕa* laqingatiŕa,
Sabona nge-*Ŕweya* semngenisa,
Kwemk' igqir' u-Fayindlali into ka-Mlumbi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Mhlakaza Ndalasi into yasema-Tolweni.

Nguso-Lali ka-Ndalasi, inxánxós' inyatshaza,
Lisiko lokuhamba kwent' ezinde.
Yingqongq' enjengentambo yomhlana,
Intw' engal' inengoz' e-Magqunukwebeni.
Impengempenge, ubékis' engqeleni,
Usisela ngenkumb' inge ngu ntamekana,
I-*Olofele*, ingqongqo yama-Ngqika nama-Ndlambe.
Umdandalazile, imit' emid' evelel' i-Nqúmeya ne-Nkobongo.
Umancák' abelungu, ihlat' elimatúm' azigele lika-Ndalasi.

Ezika-Citshe Duŕana into yakwa-Maduna.

Ngu gqum' axelis' ihashe,
Unyama zamakwánge zintw' ezinzima,
Kub' imsind' umntu nesezityeni.
Nxáma Ngqongqo mntaka bawo,
Uye kunolu-Bitywan' umntaka bawo,
Andibolek' iponti zibe sixénxe,
'Ze nditéng' umpu ibe sisinandile.
Ngumpu wam wokudubul' indlovu nengonyama,
Indlovu zibaleka *nezinzabela*,
Zibaleka namazinyo nempondo.
Vum' ingom' ibe-nye ibe ngu-Nomzanga,
Umntan' am ngu-Gomba-wombálu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Mdikana Majibá um-Nzoto obesakuma e-Qaco.

Into ka-Majibá nguqeqeshwa yintsimbi,
Wadin' u-Majibá kulandula,
Akuzinkomeni akumahasheni.
Ngumtúndezi wenkab' ezilubélu zase mlungwini.

Ezo-Nyana baka-Mraya Mbaŕu into yasema-Ncotsheni ebisakuma e-Péuleni no-Mlunguzi Ngxokela into yasema-Mfeneni.

U-Ndengeshe, uxok' ipitsholo,
Intw' etetel' umzi wasing' e-*Támbo.*
Umagam' enkabi,
U-Nohoboti, unoyiwa ngamagqala ;
Umka-Mgoqi noka-Mshweshwe
Babác' impungutye,
Lisiko labafazi bamatáfa,
Bayafana nabasema-Qwatini,
Banezigodlo nasemqaleni.
Intw' enkomo zimnyama zise-Montini.
U-Báróyi, u-Wosaŕa, ugoba netăngà,
Ulalel' itola lendlovukazi.
Ndiyavamba nam kulama-*ehe,*
Ndilinganis' abamihlana mihle.
Ngu-Kwekwá-kaloku !

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-SONAMZI NAZO, ozalwa ngu-Nofasi Mbála; yinto yasema-Kómazini.

U-Rángayi, usidla sentak' enkulu yindlanyoti.
Ngu-Suzel' ilitye liqékeke,
Untam' inamanya njengeyenkunzi,
Unxele libuz' umzi liwazi.
Imbédle mbédlekazi.
Bat' omdala yimfene.
Iramncw' elinomtsi ukutsibel' inkawu,
Iramncw' elapikayo mhla kwawelw' i-Cala,
Lati, masibuye madoda, lamhlab' unengqele,
Anibonangan' amadoda, ahlininikil' akudumb' inyawo.
U-Mbékeni yinkunzi yentsimango,
Uduma bamgxeke bayakólw' abakólwayo.

EZIKA-NGQONGQO NAZO intw' enkulu ezalwa ngu-Notasi um-Vundlekazi.

Ngu-Ntshingilani, ugama lendoda ngumqólorá,
Ngu-Pík' inqabanqozi, ut' umhlab' uhlangene,
Akuvuki mnt' ubefile.
Umt' uyatshixiza komny' umti,
Intamb' iyasika kweny' intambo.
Ubáyi nafelani kuyazalana,
Uyahomb' umntan' oso-Mxína,
Kub' ehomba ngamaqúla namatyatánga..
Ngu pánd' axel' ihlungulu,
Umkónto wama-Mpondo sisihele.
Lubélukazi, udlolo lwasema-Nyelí
Olwatshis' amadoda mhla ngezifuba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yingwangqaza, usikúmba sisongwa sisombuluka,
Intw' eyamitwá iminyak' emibini,
Ukuz' izalwe seyinamazinyo.
Nal' irámncwa livele kulo-Tise engcotyeni.

Ezika-Ngqatsini Nazo umninawa wake.

Ulanga libalele,
Umsan' ukwalŭsa ngalonyaka, inkumbi zifikile.
Uso-Luqoqo, u-Madl' elele pantsi,
Ungcamb' omsenge ngu-Hewukile,
Imvaba yegantuntu lidla liyihlukuhla.
Uzakángelan' intab' ezinengqele.
U-Bántom yinkab' elunga,
Bat' emdaka ngu-Falteni kubelungu.
Isibénekazi sakulo-Kázeka,
Sakulo-Nokwaz' ukutyúluba.
Bat' intembeley' ayitshaywa ngama-Ngesi,
Itshaywa ngu-Simiti no-Jan Tshatshu.

Ezika-Moses Xákalashe.

Ngu bám onamapiko,
Ubám ngamapiko, bám ngengwekazi.
Ungqingqel' i-Bálas' engasokuz' alimé,
Unxowa lam ndilibona ngamehlo,
Ndoza ndimé nyaka ndinenkomo.
Yintw' eyay' inezemb' iseyinkwenkwe,
Litól' elizipánga *zimahola* lika-Xákalashe.
Ngundabambi kakúlu,
Utyesh' embi kany' enkomo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngulubȁngabȁngana, ujalis' u-Mpȁnza,
Unditȁnd' u-Mpȁnza, utimbel' e-Mpȁnza apo kukw' amahlati.
Unkomo zetȁfa zimka nenkungu,
Imaz' elile etúnzini lentaba,
Imaz' enxakama ngelidala netóle,
Kant' inxakamel' itóle lesiqwala.
Yinkunz' entsund' empondo zimaqut' engahlabi matóle.
Noko ndiyaxok' ikȅ yahlaba,
Ikȅ yahlab' u-Sirabu umntaka-Ngema,
Kwabakowetu basema-Zizini.
Luyengeyeng' olweza lupȅtwȅ ngesikotile
Nyakana kwawelwa,
Lweza lupȅtwȅ ngu-Magwayi no-Yotsi.
Kubuhlung' ukuvinjwa ngumyen' into ka-Xȁka-lashe.
Ngungayicita nendlu yodade wenu,
Ndibe ndib' umntu ngumlingane nto ka-Xȁkalashe,
Ukȅ wandixaka ngomny' umhla,
Ute ndakwaliwa *waqash' upȁhla.*

Ezika-Lisani Ngxoko.

U-Sihondi, u-Sitampu elona gama lake,
Undiya nqúruleka njengompu womlungu.
Undiya nqúruleka njengompu oyi-*lefele.*
U-Xȁlis' amadoda, u-Pȁkamile, uxakax' upȁhla,
Umagam' enkom' ezindala yingxokolo,
Uso-Bȁlule, umbongwa yi-Nyati.
Ulenyamakaz' itshabanq' ayiqeritwiselwa ngenduku,
Kuba yinyamakaz' eṇamandla kwezinye.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumf' emakámb' angqongqo kanti zigadi,
Nguhola lomxáka, u-Sipayile ingwev' omlungu.
Uwofel' ehesini, isilo siyateta sinomlomc
Ugob' isongololo, uzila ngobubend' emzini,
U-Sikóm, u-Fulanisi.
Unkomo zipélile ngu *bólsiki*,
Azi sakutya nina sihleli-nje !

Ezika-Zandile Sobijase ozalwa ngu-Nohane intokazi ka-Shiyizinja yasema-Mpondweni.

U-Siqihele, uhlomkis' ahlale,
Lwada lwaf' usapo lwakowabo yindlala.
Ngungubo mnyama pántsi kwehlati.
U-Nobólosha, u-Joja-wobusi,
Untaka yasema-Béle,
Umzingeli *wegitsha* esicubeni,
Umazingel' abuye ngo-Tyúmkana.

Ezika-Majingo umninawa wake.

U-Majingo, umqanduli,
Umatye ka-Daliwe zincokazana.
Umnqenqenqe, ikás' elihambayo,
Umbóli wenqawa ziqekeka,
Ezipósa kweliliwa lo-Mxálanga.
U-Manzana akadinwa kukuntanta,
U-Simelel' ekáya kant' uya mgama ;
Ukuz' afik' e-Mncotsho,
Afik' i-Kámanga lizahlisa.
U-Támbo-dala kade ehlqongqota.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezamakwénkwe Amabini.

Bati komnye umzi kuko amakwénkwe amabini : eyokuqala ngu :—

Ntsimb' enamandla ngu sikisi ;
Ndaya e Rini ndafika amadoda
Equtywa ngu sikisi ;
Ndafika e Qonce amadoda
Esebenza kwango sikisi ;
Ndabuyela e Tinara,
Amadoda elaulwa kwa ngu sikisi.

Eyesibini ngu :—

Wanceda ufike Mlungu
Wahlule ukupángelana kwamadoda ;
Oko besisinye isikotile
Besipel' amany' engazuzanga nto ;
Namhla ngulowo wahlulelwa
Eyake intwana.

Ezika-Qwángube Ngaba into yasema-Mvulaneni ehlala e-Mgwali wakwa-Ngqika.

Ngu-Támbek' eqoqweni,
U-Hol' emtshilweni, úrutyu ngamaraw' engenankab' irwexu,
Unteshe ngomkáb' inge ngamankazana,
Ngamankazan' ase-Bárroti,
La ndite ndakuwakángela ndawanqwenela.
Mn' andihlati-kúlu ndilipóndwana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Andinywáǵ' inkulu ndiyingcakasana,
Andimarawu ndingamatyántyala.
Ndozingel' umgqeku wengulube,
Ndiman' ukuwosa ndingawupéki.
Mdak' odl' intwala zegusha,
Obet' isisu sizale ngonomoyi.

Ezika-Matútú Gxabána into yasema-Zangweni ehlala kwase-Mgwali :—

Ngumaŕot' apélile kowakwa-Ngqika,
Agqitywe luhlang' olumagwangqa
Lwapesha kolwandle.
Ngu sesibanjw' intliziyo ngoka-Gxabána,
Iŕot' eliseleyo kowakwa-Ngqika.
Sibanjwe ngu-Ngqazo we-Tyukala,
Ngutándiwe e-Mtóntsi,
Ngubantu be-Támará zinyamakazi,
Bafa bonke bengafunelwanga gqiŕa.
Ngungwevu yakwa-Mdange iteta libenye,
Ihlal' ihlal' iti makufudukwe,
Kushiyw' i-Kweleŕa linamazimba.
Ukudla komtwálo kuyaqumbela,
Kubulel' umntwana osebeleni.
Ngumdak' ontshiyi zipél' enqayini.

Ezika-Cofumncono.

Ngubála ka-Duda,
Lentak' intsikizi inombefu,
Kodwa hay' ukulila kwejo x' isedotyeni.
Ngumti ndomile kanti ndiluhlaza.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngududa batyábatyéke,
Inkabi ka-Nondle udade wetu.

Ezika-Robert Pepe into yasema-Valeni e-Mgwali.

U-Mdange bo-Tshiwo kwazana no-Gaba
Umana ka-Nqósini ;
Ngabafihl' u-Pálo nyakana wavela,
Baye befihlel' u-Gwali umntaka yise.
Ngumna lembáli ndiyiv' endodeni,
Ndiyiva ngo-Ndyoba indod' enganeno *kwawama-ndulo*,
Uti, " umzan' owaziyo ngowama-Mbálu.
Ixáka lam ngu-Nqukuva-mputúle,
Intw' efanel' ukuzil' inkosazana.

Ezika-Joni Soga, into yasema-Jwareni, umninawa ka-Kápetshu, e-Mgwali :—

Nguntloyiy' ontusi wakwa-Lupindo,
Angaxwil' umnt' ukánuk' inyama.
Yinkom' equt' egwangqa, edla ngokuba tyóba.
Sisinc' esidl' umzi wakwa-Jotelo siwukányela,
Siti udliwa ngu-Maboza no-Tyátyú.
Ngumemezan' u-Maboza no-Tyátyú,
Niti, 'gitshimani sada sawugqibela'.
Ngumvontsh' ontamo,
Undlu zemfengu zise-Mbáshe.
Nguwod' ukóhlwe nowokutsholozela,
Kub' umdud' uwuzama ngenqúla.
Nguqolo dindilili, uzamis' inkomane,
Urútyu ngo-Nondyola.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Mvila Gqaba into yasema-Tshonyaneni.

Ngu-Bářoyi, umntan' onembál' uba yinal' entsundu
Unditsho nam ndiwutánd' umlilo.
U-Nohilili as' umfaz' iřex' ukuba libi,
Uyanga yindod' emzeke ngenkomo.
Ngunduk' ihlahl' intini, ityiwe ngamadoda.

Ezika-Goniwe Gxavu um-Nywabe.

Into ka-Gxavu ngu-Jinda ka-Ncokazi,
U-Gampe ka-Mlenze, u-Dala wakwa-Maso,
Ubulumko benkomo zase-Gqili ngamaxáka.
Ngu-Mbámbushe imazi *yenyombólo* ;
Ngunkabi ka-Sem, utétě-lumhlope lwenyatikazi
Ngu-Dladla wakwa-Ráqa,
Umtúndezi wenkunzi enoǫonqa.
Yimbábakaz' ebomvu ekánya ngobulunga.

Ezika-Sixónxo Dada, um-Tshawe.

Ngu-Yamba ka-Ngcambáne,
Iramncw' elindlebe zinoboya,
Ungwe zimařanga njengezezulu.
Nguduma wacand' ulwandle,
Uso-Jini, intw' egama lindawonye nelomfazi.
Yintsimb' equtú yasemlungwini,
Etřyel' amacánt' emlanjeni.
Yint' emnyele ulubélu ngati ngowe-Nqu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Pascoe Koti, um-Kwayi ongunobála e-Ofisini kwa-Centane.

Ngu-Maxwéle, u-Qinashe,
U-Sikwánqan' umhlab' uhlangene.
Ngunkom' ezinedila zise-Jujúra,
Unxowa laba-Fundisi lise-Tútúra,
Iwa lamagqwíra likwa-Rárabe.
Ngugqabi lobuti likíwa kwakuhlwa,
Utyala lakwa-Gcaleka nelakwa-Ngqika
Ligwetyelw' ezweni,
Kuba kude kwafik' ingwevu yase-Róde,
Yati, "makusukw' apa kuxakekile."
Ngungqingqel' in-Gqakayi engasoz' ayimé.
Ngundlu ze-Kwelera yimidaka,
U-Róde limnandi ngendlu zodaka,
Uxóba alibetwá ngantonga,
Ucango luka-*Tomsana* lokuval' i-Ofisi.

Ezika-Sapúlamxáka Koti umninawa wake ose Hanover, kufupi ne-Ncemera.

Sisapúla-mxáka sika-Ntaba,
Uxóba lamahash' elatinjw' e-Debe,
Lanqandwa ngama-*Sará* e-Katala.
Kunonyaka lemfazwe ibuye yavuka,
Nangani beké latetwa lada laxola.
Ngu hashe lenkumanda lilahlekile
Malixol' ilizwe libonakele.
Liwana lam lokuzixelenge[illegible]
Elavela ema-Tshaweni nyakana lavela.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umntaka yihlo uyapúka zimpahla,
Kub' ezamana ne-sowuti zevenkile.
Ngu *lemskuni* ukutya kwamakúmsha,
I *Kiloko* livinjwe ama-Xosa,
Laza lanikwa abasesi kolweni.
Li-*Jamani* lokulim' amatapile.

Ezika-Bóntsi Dyani unyana wento ka-Kóto yase-ma-Gqwasheni.

Ngu-Bóntsi wamahlati,
Ngungak' ubon' intaba ye-Laukazi.
Yintw' engangezimvu zika-Mpumde.
Yindlel' enkul' ebéka kwele-Nyati,
Akukulahleka nok' ufikayo.
Yalelan' umntan' uyadabula,
Singabantu bakwa-Ntselwa-zimkúma.
Ngu-Nolupóndo, intw' enja zimnyama
Zibalekayo zishiy' ezinye.
Ngunkomo zasel' ecíbini le-Ntonga,
Ukuza ko-Nontshinga becekisa,
Ngat' abezi komny' umlisela.
Yintw' emqol' unamandla kub' uneḱubu
Amehlw' alomntu zintsunguzi,
Umnt' oyingnaw' udumbe nomlomo.
Pétélani nonke maṙwalandini
Nisul' udaka, kupéla kwenkom' engabotshelelwayo.
Hashe lingwevu limanqin' amdaka,
Nkabi ka-Tyúsha, ngwev' emy' ingwevu.
Mbeteni ngentonga Nqáim' intongakazi.
Ntw' engangesele lasemlanjeni,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ntaba ka-Mabombó nentab' e-Gwali
Zijongene ngabukáli banina ?
Kutwa zisengelwa yintab' e-Qanda
Zintle kakul' intaba zakwa-Ngqika,
Ezika-Mabombó zinamahlati,
Inomnqwaz' intab' e-Laukazi.
Ngumasind' ebulawa ligqiŕakazi,
Ligqirakaz' umka so-Makómo.
Nkosi yenyosi yafakwa pákati,
Kwada kwanga kumhl' ibonwayo.
Ngu-Báruz' akavumani nenkwenkwe,
Udla ngokubetá pezu kweliso.
Libúl' elinencwángu, elibet' amakwénki.
Into yam ingangento ka-Nqobo,
Ingango-*Dyonashe* kwabaka-Fonti,
Ingangenkos' e-Magqunukwebeni,
Ingangosapó luka-Silimela lwasema-Mfengwini ;
Ingango-Bávuma kwabaka-Ntamo.
Into yam ingangento ka-Nkovu,
Nase-Mncotsho kukw' amadoda,
Kukw' amadoda okulinganisela.
Yawela ngenqanawa mhla yabanjwa,
Lomhlana yabanjwa ngama-Xosa.
Lamagogoty' ayaqala yinina ?
Ak' ambamb' umntan' enkosi.
Nqwelo yemali yapúlwe ngu-Foli.

Ezika-Seyisi Kóto omny' unyana ka-Dyan Kóto.

Yinyok' enkulu ejikel' umsele,
Kubafaz' abadala amadebelele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Intw' ezimazinyw' angangawamadoda.
Ngucikicik' isikúmba senyati de sibe zintambo.
Ngunkomo zafa zonke zashiy' inkunzi.
Ngumnumzan' okwél' esitulweni,
Okángel' ukufika kwemixáka.
Ngudla-bantu, leŕuluw' inkul' idumel' abelungu,
Kant' abayikándi bayizuzile.
Ngungub' ilala yodwa ngokuba nzima,
Ngokuswel' umambát' oyambátayo.
Ngunyiwa zinkobe,
Ucwéba liyabiza le-Tyolomnqa lifun' indoda.
Usiqwala ngatíya ntsiba zihleli.

Ezika-Kwézi Kótó

U-Kwézi-natuma bati yinkosi,
Sava ngama-Zizi seyebulisa,
Selesiti, "Molo mntan' enkosi."
Unzwana ayizalanga nzwana,
Idla ngokuzal' amakópólwana,
Batábat' intsobi nabanobom.
Yintokaz' ekuxakeka ngat' iqunjelwe,
Sapúm' isisu sada sanomlomo.
Ngunyos' asaz' apo zilala kóna,
Sesiva ngodume lwamahlati.
Ngu-Tshunguz' ufunan' *enkumandeni*,
Ufun' ukudutyulwa ngama-Jelimani.
Ngusizib' esihle sika-Qélazana.
Utiy' omdala ndimgwebile,
Myeken' ahlal' esisóla.
Nangon' unenqay' akuyi kubuliswa,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yofumane ibe yinyengelezi.
Ngu-Bâb' akanatuma *ngumqwabulo*.

Ezika-Dyan Kôtô imbôngi yasema-Gqwasheni.

Into ka-Kôtô ngu-Njivashe, ugqolo lo-Mtwâku,
Uso-*Kukûnkuta*, unjengo-Mbashe.
Ngukwêlel' amagos' ab' inkomo,
Ngu-Hlafuna kufunza, upât' intong' e-Ngesi.
Nguntong' am ndayona ndayinik' umlungu,
Ndayinik' u-Jemsi.
Ngunto zimbi zipântsi kwe-ntaba.
Libâd' elinopau, unompukan' ayifikelel' emhlana.
Nguntambula yalil' emlungwini,
Nguncâ yam ngamashum' omabini
Ndofulela ngay' andikunetâ.
Ngu-Qotyiw' ihlaba, u-Zil' ixâlanga.

Ezika-Pôtyo Nqelenga into yasema-Nqòsinini ebisakuma kwa-Zidenge :—

Ngufud' olumdaka olubetwâ lungafi,
Umbulali wempunz' ezinobende zase-Ramnceya.
Ngundila kama-Gwegwe,
Undityapile ndimbulal' ubawo,
Zenditi ndakubuzwa nditinteleke,
Ndixel' umlamb' onesiziba.
Ngu-Hompo, uminy' iziqingata,
Usigquma nkungwini kuvel' ilanga.
U-Nomantshiyontshiyo, ugaga lelanga,
Usincwârûba, utômbel' epêmpeni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZAMAKẁÉNKWE KA-HOLANI NQELENGA into yasema-Nqósinini ehlala kwa-Zidenge.

U-QUBUDA :—

Ngusibunu sentaka yimilenze,
Kuba beti yakuma, bati " gitshima yahlala."
Ngu-Gongxek' umhlana, inge yindlel' endala ye-nqwelo,
Unyawo bék' endlwini kant' uya kwavimba.

U-YISAYA :—

Nguma-Demfu isele lomlamb' omkúlu,
U-Sixákwe, untam' ingangozipo.
Undifik' abafazi base-Rwaqele bepákula benyikiza,
Kok' izintw' ezikupákula kubi kunene,
Kuba zipákula ziyishiy' iminqénqó.

U-JOSEFU :—

Ngubád' elinopau,
Untwala ziyoyiswa zintakumba.
Saká sahleka salala mhla zahlangana,
Kwajub' umnqayi latshon' ilanga.
Ngunkunzi yentwala asinto yalutó,
Nangon' inamandla betá ngozipó.
Ngu-Sitali-ngempondo, unúm ngendukwana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-ALFRED SOLILO into yasema-Cireni eyititshala endala, e-Rabe, kwa-Bůluneli e-Gqubeni, K.W.T.

Nxele lika Solilo, titshala yakomkůlu.
Mntwanam ndipantse ndamosa
Ndiba yinyama.
Ntaba ye Dawuwa yimbóniselo.
Ndlovu edla Exolobe kwesika Mhle,
Izingele ime ngo Nomaheya ;
Ndanyantsula ku Xaxazele.
Gqira lasekáya alifroli zidlanga,
Kwaza kwafunwa elase Macireni,
Endilibuka, linomkita,
Pambi ko sapo ko d : r. m.
Bádi lo Mnandi vuka wanaba
Ngasetyolwaneni. Makulu !

EZIKA-OOM PAWULI :—

Lemaz' iti, Gwegwe suk' unyatéle,
Ukohliw' u-Gwegwe kub' esiqwala.
Iziqwala zase-Ncůlu ngo-Gwegwe no-Gatyanga,
Ngu-Magwanya no-Gungxul' umwewe,
U-Tóba-tye linaboya.
U-Jojoz' ikála unyana ka-Maqati,
Nguqotis' amakál' engen' umoya,
Umtat' owat' ukuwa wabůkuqeka,
Wabékis' amaseb' ema-Mpondweni.
Udorotil' ongwevu ngezihlati,
Umagongwen' e Mnqaba,
Umlonjan' ontsiba zilubhelu,
Umhlan' unangqanda. Hai Ke betu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-MSHWESHE BAYEDWA wakwa-Maduna.

Uso-Jwambi, umból' inan' ihlal' ezintsuleni.
Ngubanina lo uti e-Daymani *kuseduze* ?
Kanti mna nditi, kuse " blati-mfenguse " !
Ngunditamatisa *undentanina*,
Undifak' ikatsi *unditekile-na* ?
Lapúma *licatimla* langa livaswe *ngelisepa*.
Ngungangam ndigaqe ngamadolo,
Intw' erexe likude likwa-Rarabe.
Intyikityáwe, utyála ngelomo.

EZIKA-KOLI MTSEWU into yasema-Ntakwendeni.

Upál' ebúkuqeka kunge kuyemkiwa,
Utshauz' obomvu wakwa-Tshikitshiki,
Bapánts' ukumoja beti yinyama.
Ndingati ndifun' inkosi ndiye ekatini,
Kuba yeyona nkos' inkulu, ehlal' ipét' inyama
Ndincedeni nindisikel' inyama,
Ndinqand' amahashe kuyapútúnywa.

EZIKA-KAPULANA LWANA um-Mpondo.

Uso-Nyékeza, uhash' alisuzanga lilitókazi,
Lingasuza liyimazi.
Ngutóba mkómbeni, uval' aqilingele,
Utémba lomkónto nomkúhlane.
U-Kwáz' uyaluva li-Cacadu,
Mtóbeni nimse kwa-Zigudu,
Lent' inkosi yomntu wimfw' efihlwayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-GQOBA MPOLOZANA.

Ngupélek' ama-Ngol' ay' e-Mtata,
Untaba ka-Centane neka-Cumse,
Zide zakángelan' intab' ezinembóla.
Ngu-Nopíngo, ugqutsel' epémpeni,
Ubélukazi yintombi yomlungu,
Undingayizeka ndinenkomo.
Ngumka-Sanxawe noka-Nkwali,
Abafazi base-Ngxokolwen' abakwaz' ukusik' imixáka,
Kodw' oka-Nkwali ndimdela ngokuyicukuceza.
Ngu-Rwínini, u-Gungxula, ucang' oluvalayo ko kwalo ko-Naki.

EZIKA-MEVENI MANGELE :

Lugag' olunemvaba luka Mangele,
Upélek' u-Noqúla ay' ekáleni,
Az' upélekwa kub' enan' emdala kangaka !
Ngusenziwa *mpelesi* kulonina,
Udud' emaqwarén' engenampofu ninzi.

EZIKA-HALOM MFACA :—

Ngundlel' isegcumeni, umpákuli wetsili elipézulu.
Bab' abanye beloyika ngokusuzela.
Ngudud' enetémba lokutúlula,
Kant' imvab' iminyelwe ngumtshakazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-SINANDILE TYÁTYÁ :—

Ngu-Woŕanyalala, int' esisu sihle
Sinemipá nendiza.
Umsukuzingela kwama-Cibe kuyalandulwa,
Lipútána linye lisentangeni,
Liza lilila linenyembezi.
Ngungqakaqa yahla ngo-Qamnyana,
Sive sebeyibabaza ko-Matúmane.
Nguqoma ngesihele wona mkónto wenza msinya,
Umandlal' intshuntshe kanti noko ayingemsike ndawo.
Ngumtézi wotángo lomlungu luka-Kilawuli,
Umlungwan' omfutshan' owafika ngemvula.

EZIKA-MANDOYI QALO :

Ngumbódl' enezixinga yeyase-Qonce,
Undingapála ndawonin' epútini,
Undingapál' eqol' indaw' enamandla kwinyamakazi.
Ngumpolweni ndingxabalazile ngetúba lemilenze.

EZIKA-GOBINAMBA VÁNQA um-Gcina ozalwa yintokazi yakwa-Zulu.

Ngubéxesh' ilanga,
Aliqal' elwandle kulonin' akulipós' e-Gqili.
U-Zokobe suka pántsi kwentaba,
Wahlatywa lizul' esixántini.
Jikomame, ngoma yengwevu zakwa-Maya,
Ivunywe ngo-Pakana no-Feya.
Liyeken' elihashe libeta kupépá nokudlokova,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Likwélwe ngu-Satana, kuguxan' amaxok' omabini.
Intlomb' imnandi ema-Gqobokeni,
Kub' esit' evuma ab' ekánkany' u-Kilesitu,
Andixaka ngantony' ukumqulusel' eyi-Nkosi.
Hay' ukutalatalasa komnt' oyinkosi,
Osuk' impundu zibe yimincunzana,
Inge ngumseng' utshel' edotyeni.
Mfene zesikolo zinehempe nepoti-henshifu.
Nonyaka-nje ngunyaka wommangaliso,
Kuba libalele lada lajikelisa,
Kwada kwabítya namankazana.
Uz' ugcine umkako andikumenza nto,
Uz' ubek' igada umtélekelelo.

Ezika-John Dlabazana um-Tshatshu ose-Xonxa kwelaba-Tembu :—

Umafuman' avele njengenkowane,
Sona silwana singadli mtúbi wanina.
Ngu-Gongqo-silaréstile, ntsimb' edl' ezinye.
Nyukani nonke lulwandlekazi,
Inkwenkwe yenkosi yalukile ngapézulu.
Yintw' enkomo zinqúkuva zikót' isihlaba;
Emva *kwemvulakaz'* enkulu
Eyabulal' ixáka lika-Gqoz' encemela.
Ngumbámbó nduna ngamacal' omabini,
Iz' ibe ngumqolo pákati.
Hashe lenkumanda lilahlekile,
Malixol' ilizwe libonakele.
Ntamb' ehla nempondo yabamb' inkomo zika-
Nyembezi.
Imazi yakwa-Gcin' ayibotshwa *ngedadangule*,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngokuba yenza into ezintapúntapú.
Ngu-Dadará elimhlope ngamakási,
Tyelera elibomvu ngamazimba.
Hayi lenyok' ingumbane inetámsanqa,
Kub' esit' umfazi wasemaqaben' anqule ngayo.
Myeken' u-Bólowan' ahlale,
Kuba wasizela netámsanqa,
Sesingamakéwukéwu-nje.
Nguncólis' iketile,
Ugwija ngoswaz' ukubék' edolopini.
Hay' amapéla inyala lawo,
Kub' arexez' abafazi bempukane.
Ngudubula ngenyéke pézu kwetafile
Kupúm' ishumi lesheleni.
Ntomb' emnyama ngamantl' entsika,
Hay' umqadi nentsik' ukutándana.
Imbiza nomlilo zinto ezitándanayo,
Kuba zinxámelana maxa kuhlwayo.
Qúq' emdala kutsho kubek' izigingqi ezintlafunweni.
Utánd' ukutya 'ngakub' atsh' angayi nangasele.
Mayizal' inkomo sipúng' isigqoro.
U-Gxaba ka-Gxili, umpuku niyidlisile,
Kuba niyinik' amas' omntan' isebukwéni.

Ezika-Magwaza Memani into yasema-Ntakwendeni.

Ngu-Lwaqúqú, imfene yase-Ndakana
Ayikwaz' ukubet' ingqongqo.
Nguzibémbé *ngumxálagube*,
Umbingelelo yinkunzana yentini.
Ntaka zishuminye kwelaBhuti le-Donqaba,
Ziva ngesihlanu samahlungulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngu-Nqoloqóshe, unkomo *zadl' entloko* zayek' umhlana.
Ngunduma ngaduduma.
Ndincede mntana ndafa yindlala.
Hay' abantu bakwa-Hala,
Abati ndingumntana bendivimb' ukutya.
Ngu-Sutlan' ompondo zimnyama,
Ujikajik' *isicit' esineŕoŕwana* pákati.
Hashe lenkumanda lilahlekile,
Malixol' ilizwe libonakele.
Incwadi zama-Jamani *zilidayidayi* kwelatáfa lo-Mdiza.
Ngu-Vetsheza Dikeni, uxóng' uxab' entsweni.
Nguvungula ngobambo lwegusha,
Bat' ukutámba kwentliziyo kugogotya.
Abalek' ama-Ngqika ay' e-*Nkonxeni*.
Ngu-Nonqáyi Ngqongwana, ubékis' umhlan' e-Gwiligwili.
Mfene inganqolosa kuyapúngwa kowayo.
Ama-Hal' agqite ngoŕatyazo.
Nditi, aye pina abambéne ngazo pesha kwe-Gqili !
Nguzadla zabuy' entlazaneni.
Nciniba zam zite tú paya,
Zati zakufik' entilini zalishumi.
Ngu-Wotyútyú, uhluti nina kwakusasa apa ?
Nguxégo lentsikizi linombefu,
Liyakwaz' ukubamb' inyamazana zonke,
Ukuze sibon' intak' enomjukuja pezu kweliso.
Ndingu-Heli nxanxadini,
I-Fleyiti zasemlungwini.
Goduka nonqane wafa yingqele
Ndayipoty' imaz' enengwatyu

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kwelatáfa lo-Mdiza.
Bantwana musan' ukulila nobuye nihlutė.
Ngumagala ase-Nqweba, unqunqut' umhlati wentwala.
U-Jujuju, u-Maqegw' amdaka,
Upála nganyonyot' axel' inkunzi yemfene.
Ngu-Mingimingi, uvundisa ngeqága lama-Mpondo ;
Bendiba ndiyawabeta kanti ndiyawomula.
Ngu-Dywashu litátá, nto zasemlungwini zinkumnkum.
Ngu-Nqwangi-manqulo ngamaralara.
Ntambo zenqanawa ngungxengengxenge.
Nguramb' elinentshebe, ngu qongqotwane.
U-Bél' izadunge, ulang' alitshoni lingenandaba.

Ezika-Mhlakaza Matshamba, um-Ngxongo. (Um-Tembu)

Into ka-Matshamba ngu-Mazwayi,
Ngu-Donts' *encalubeni*.
Ngumasinyuk' umhlab' uhlangene.
Liramncw' elimazinyw' azibonda.
Ngu-Ngqungqumbána,
Intw' engangombilini wendlela.
Ngumangangembókotwe yase-Mbáshe.
Ndiyamdel' umnt' osik' imixáka,
Ndimdela ngokuyicukuceza.
Makenyuk' ap' umnt' obiz' amadoda,
Eme ngo-Tyeleza no-Tyelinganyi.
Makenyuk' ap' umnt' obiz' amadoda.
Eme ngo-Mncayibe no-Mkumeni.
Ligqit' ap' *irune* litwél' inxówa,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ndite-ke qûba lenkomo,
Womzuz' umntu wam ngapâmbili.
Ijic' elidala lesidabane,
Ukúla hlahla ndigaul' induku.
Utâf' elima-Ul' ahlomkisayo,
Ndide ndati guqula mvundla,
Sisenge tina zi-alam.

Ezika-Richard Nqalakwési, um-Qocwa.

Into ka-Nqalakwési, ugaxa bûlukweni,
Umlung' ofak' ibûlukwe zamfanela.
Undlu zimhlopé zabelungu.
Umpahl' iyatîmba siyigodusa,
Siyisa kowayo kwasemlungwini.
Uxób' efohlela,
Uhlati lomlungu ngumfazi.
Undlu zalomzi zidla ngokudla.
Undahlal' emantyuntyeni ndalintyuntya.
Uzamel' emgceni,
Ukutya kokuhamb' akukutyeba.
Ududis' umcing' ungenankomo.

Ezika-Sigonyela Gcumeni, um-Nyele.

Into ka-Gcumeni ngu-Sitishi elona gama lake,
Umdali wantente zime kwa-Ngede,
Zit' ezakwa-Nontshinga zim' e-Qolorâ.
Lucing' olubomv' olubiy' abelungu,
Ngumbâli wencwad' eya ema-Jamanini,
Eyehla ngo-Dontsa mhlana ya[illegible]
Kub' e-Lugudwini kum' ama-Jelimani.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumali yomntu ikwa-Qoboqobo.
Ngunkomo ze-Gxweteŕa zidl' e-Dikeni,
Ezase-Gqugesi zidl' e-Bófolo.
Nal' iramncwa likwéz' i-Ncwázi,
Lilel' e-Rwarwa mhlana ngomgqibelo,
Kwasa liqabela ngentaba zika-Ngwevu.
Inkumanda yenza imity' emibini,
Yehla ne-Bólo eyase-Cumakala,
Ay' ama-Ngqika emaninz' e-Ngcelwane.
Le ihla ne-Ntsikizi yeyase-Béde,
Az' ama-Tshatshu, ayingena ngasemva,
Ayiyeka yakufun' ukulunga,
Kub' iramncwa liliwa ngamaqinga.
Ndakángel' ukuqubisana kwama-Ngqika nabelungu,
Kwalal' imikútuka ngamacal' omabini,
Ayiyeka kwakufun' ukulunga.
Kwakutiw' ukuteta inyuka ngomv' eyakwa Qoboqobo.
Tina-Magcaleka, ningevi nina, sasincáncátá,
Lemini yase-Bika sasincáncátá,
Lemini yase-Ngunduza sasincáncátá,
Lemini ka-Centane kwaké kwalunga;
Kuba kumhlan' umzi wahlanganisana,
Owakwa-Gcaleka noko-Rárabe.
Kwavut' intente singekafiki,
Zivuta yimpampili yeyasekáya.
Abalek' ama-Gojela ehl' u-Mnyamà,
Abalek' ama-Zandi ehl' i-Qolorá,
Kulomhlan' umzi wacitákala;
Wacitákalela pesheya ko[illegible]she,
Obehamba ngasemva akabanga safumana ndawo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wafumana waduka kwa-Matshezi.
Susan' u-Dyamshe ashenx' endleleni,
Utintel' indwendw' eziya kwa-Qoba.
Ubanqandil' ababék' emantyini.
Ngundenziwe ngamabal' enkomo,
Ukuze ndibe nobuti ku-Manyele.
Akukútshwa nxaxéba kuyabelwana,
Akubonin' uvalo lumi ekáya,
Akubonina lenxaxéb' iténg' izibuko.
Int' enentonga yamasilamisi.

Ezika-Veyishiwe Geje, um-Bamba.

Nguluqonondo, indlela ka-Matóle,
Unco yimaz' ebomvu.
Unkomo zokuzuza ziyanzatyelwa,
Kuxwitw' etshobeni, kunxityw' engalweni.
Umpi ka-Mkétshane liqedlana,
Wafunz' u-Maqoma ngeyakowabo,
Waye wayinqand' um-Ngcangatelo.
Ucelan' ubugqi ku-Matiwane,
U-Mshwesh' unamandla nakumlungu,
Ulwa ngobut' izikáli zisahleli.
Ngungxingwa ye-Tyóloŕa,
Uzalelw' e-*Nisina*.
Ubétya nempond' inge yimaz' ebomvu,
Yomlungu ka-Dolopu.
Nguzwe limabélerá,
Unakwa-Sondará ngamabélerá.
Yinqopóyiy' enje ngespelti *sokaluk'* u-Misisi.
Ngukutetwa kumnand' kukúny' usuvayo
Kwasemlungwini,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yang' ungakutḗnga *unetyâliti.*
Ngunkomo zama-Mfengu zavel' e-Gcuwa,
Lonyaka ngalemfazwe ka-Mlanjeni,
Ukuz' igama lazo ibe *ziziyikili.*
Int' ekoza *kuncetḗzwe* kuyo
Inkomo yokuzila mhla ndibúbâyo.
Into yam yentombi yakwa-Kwâne.

Ezika-Sojini Kâlipâ, um-Jwarâ.

Ngumal' inkulu ingapâtwâ mxosa,
Ngutyala lo-Nongqongqo *liyangqenga,*
Kuba lite lise-Bitshini labe lise-Bânkini.
Umlung' ose-Monti ngu-*Madugula,*
Umlung' obâkelwa ngobuzubâla.
Ngunxuwa lika-Dikwashe limiwe ngu-*Songxakan-*
gxaka,
Elika-Mjamba limiwe ngu-*Ketile,*
Emantlok' e-Nqṓsi ngu-Tḗng' imfene.

Ezika-Zibṓti Kulutṓ, um-Bamba.

Into ka-Kulutṓ ngu-Yalata,
Ngumbṓl' isezulwini, u-Cebetshu ka-Cwizi.
Ngundisindile ngendlala yo-Nongqause,
Indigqwizile ndada ndabâdazela.
Inzwana yelawu *ngumbembḗrâna,*
Inzwana yenyok' ihlal' emlanjeni.
Likúbalo lenkomo zama-Bamba,
Elisind' ekufeni ngo-Nongqause,
Lonyak' umzi wacitâkala.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngusipâpéla ngentak' enamapíko,
Yona yaz' ubugqi basezulwini,
Ukuz' ibe yint' entliziy' iman' ikúmeka,
Inge ludonga lusand' ukunetâ.
Umtúnz' omnandi ngosendlwini.
Andingezoseli ndiligosa,
Ndingaman' ukoselwa ndiziselwa.
Ngunxaxéba iténga enye,
Ukuz' abantu bapân' imihlomlo.
Ngumaz' ibeta ngesinq' ukwalel' itóle,
Inge lixégo lixénts' *unogqeku.*
Nguxégo lemfene labínqa kabini,
Ukanti aliyi kuhambela ndawo.

Ezika-Nopókopélana Mqómo, um-Zima.

Ngubélwan' olujiz' amabunzi,
Oluhle ezihlatini kwadade wabo.
Ngutyala lako ligwetyw' e-Ofisini,
Umabâtal' agqibe ngedobilityi,
Ngokoyikel' ityala e-Ofisini,
Lomhlana ngetyala lika-Nabó.
Nguqósh' elilubélu lika-Nkenk' elwandle.
Uzoténgwa ngabamelene naye.
Uzi-Hoyana, uxâk' *intendele.*
Unqezunqezu, ungwe ndiyizuzile.
Ngunkedama yombilini ka-Nkatsha,
Umntaka-Mqomo ubengwe yimilomo,
Lisiko lomntan' ofelwe nguyise,
Boza bakâme mhlan' atetaye.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-DAYMAN JAZA :—

U-Haful' utúli ka-Jaza, udala ka-Zinyadu,
Intw' efanelwe sisend' ingenaso.
Indod' emkónt' usel' ecubeni kulo-Sintaŕi,
Int' entlok' inezibi inge yintloko yegqira,
Inge yeka-Mŕe nàsemagqireni.
Umahlungul' amnyama nendlela zawo,
Umamfengu mahlal' entolongweni,
Umaqéy' akavumani esalamana.
Singama-Bamba tina no-Zenani,
Singamakólwane tina no-Ntsendwana,
Sahlukene ngotywala bakwavimba kupéla.

EZIKA-NGANGI BÚKUPENI, um-Ntinde.

U-Dokolwana ka-Búkupeni,
Ngunqanawa yam yokucand' emanzini.
Ngu-Mgqwakweb' ohlahlwe intsunguzi,
Elihlati sifihla kul' abantwana nyakana lifayo.
Olusapo lwama-Mfengu aluvunguli yinina,
Lento eza amaziny' enenkunqe kwaselu-Túkela.
Siyakungati siyawagxeka umhlamb' ulumelwane,
Ngezingubo zinxitywa ngama-*bótanisi*.
Uyakwazin' ukudliwa kweqongwe ngamadoda ?
Ngusingis' umlomo elwagcibeni.
Umka-wetu wamiwa *yingwane*,
Ebeye kwenzan' ulwandle lusilwa-nje ?
Ndim nded' ongasokudla mongo wamihlati,
Behleli-nj' oma-Mfengu komaxégo.
Isidl' asib' isidla sakuti[illegible]hiswa,
Kuba nenciyo asibi nciyo yakutúndelwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nguzembe shwak' emini,
Belikó ap' ukupúma kwenkomo,
Sibe sigaula ngalo nemigubasi.
Lixam elimgxilwa, ugush' imbébevu,
Uf' imilenz' umka-Mqwebedu,
Intokaz' elim' izikóndo zihleli.
Hambani simk' *injwila* ziyafika,
Singe simgama kangakanana,
Asilo negwal' ukugxotwá zinjwila.
Indod' eb' ibókwe ngumnyoluka,
Nani mincúluba, nani mitólo,
Ukuma kwenu nitámbekile miti yemilambo.

Ezika-Kolanti Kondile, um-Kwayi.

Siva kutiwa *ikolant'* ifikile,
Ivela kwinkosazan' intombi yomlungu.
Kungoku-nj' incwadi ingene e-Bhayi,
Kungoku-nj' incwadi ingene e-Rini,
Kungoku-nj' incwadi ingene e-Qonce.
Usiguqa ngadolo-lihl' etolongweni.
Nguzwe *lizilali zingqunggqutéla*,
Zitétélwa yintombi yomlungu.
Ngubátalo *yagongqa* kwizibonda,
Yay' ikángel' abant' abangekarafi.

Ezika-Joyise Ngese, um-Kómazi.

Ilung' elizinxele lakulo-*Tándiwe*,
Likátáza ngamabal' amdaka,
Ingqombo ka-Wokáme,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ingqomb' enganeno ko-Mdikido,
Ngayo lendlala ndiqungquluzile,
Ndixel' ibúlorо yase-Bófolo.
Ndingu-*Nye-mnyango* elona gama;
Ngoka-Mqadi inkabi yoso-Nyele,
Umagaty' *ezantile* zintw' ezinde,
Ndiwadela ngokuba qoboqobo.
Ngugos' alitshayanga lisehasheni,
Ingapúk' inqawa sizek' ityala.
Ngudl' ibálakisi,
Usisela ngagubu lamlungukazi.
Ngundaba kuxéliwe kwaso-Nekeza,
Intokaz' ezil' umz' *oyinyapópó*.
Ngugugut' i-Tyumbu,
Engaliwel' ekóhlwe lizibuko.
Makaye ku-Ngxwalaz' amweze,
Yiy' indod' enkul' eyaz' amazibuko.
Int' eyajik' isizalo sentombi yoso-Mcíza.

Ezika-Halubesi Solfondoŕa, um-Ngwevu.

Umt' onamaqúbu wakwa-Tshikitshiki,
Indlel' esihamba ngayo yenile,
Siqél' ukuhambá *ngomqatánga*.
Ugungq' inge litye lika-Mgxada,
Lomhlana lafingwa yingxangxasi.
Umaconini ngodada luka-Gcabo,
Lobukwé bomfazi waké.
Umqengq' onameva ngowaselwandle,
Umtwáz' ongqongqo owel' i-Céfane,
Impof' emngcungcuma.
Inxaxéba yama-Mbálu *lidikazi*,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Uti lungapézul' umke nama-Mbómbó.
Yinamb' edl' i-Qóra ibuye ngo-Ntsimbi,
Asint' imilamb' ukuyiqokelela.
Kwasa kwatiwa pángel' etiyeni,
Ndanga ndimna ndazana nenkau.

EZIKA-SKITI GOŔA, um-Jwara.

U-Gqum kama-Qanda,
Imaz' emnyama esengwa lixégo
Ngu-Mankahla, unoko umhle *akundembelele*,
Akunje nganyibib' isemlanjeni.
Nguqomel' umntu wasemzini
Ngu-Zosik' enǫosheni, unǫum ngamadol' ukubé-
desha,
Int' enyawo zibomvu yasema-Jwareni.
Umnqwantsi wegqwira mawunqunyulwe,
Ngokuba libazal' abantwana batákaté.
Andingeyi kulal' e-Mhlonyaneni,
Kub' u-Mhlonyane ndiwaz' okwawo.
Indlanga yaselwandle, uviti-mpóngolo,
Ingqabalalana, intwan' ekuxinan' ipátélelayo.
U-Gwagwisa, iyeza ngesigodlo,
Unambunambukaz' olunje ngomkáza.
Intsimbi yamahomba *zinxaxázo*,
Intokaz' elunkontsho lumgobongo.
Ngazek' usondo-nye kwa-Mdyogolo,
Alile, ahlal' umka-Mdyogolo.
Umntaka-Gor' intliziyo lixégo,
Usibonis' ukulala singakuboni.
Int' etiml' ijonge ku-Xaxazele,
Ukuz' ama-Ngqik' asing' e-Nkoluzeni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-SINANDILE HLWEMPU, um-Mfene.

Int' enxeba lisentloko lesinandile,
Imaz' ezimncáku va zika-Matika,
Umlungwan' owadliwa ngemvula,
Zabuya zakútshwa nyakana laxola.
Nguma-Ntinde ayalila,
Kub' engazivang' inkomo zomyeni
Zika-Hlwempu, azidl' amagcuntsu.

EZIKA-BÁLIWE NCAMISO, um-Nqósini.

Unyukani nonke lulwandlekazi,
Ulunguza kuyasa gabu ngaselwandle.
Inkontsonkontso, umkélelwa kála,
Bayawakúz' ubude bat' unqinile,
Lisiko lomnt' okúl' alibale.
Int' emhlamb' unamaqond' esilimela,
Intab' ende yokuseng' izigudu,
Uvala ngelitye kant' upékile.
Uzwe ndalihamba ndingenancwadi,
Kant' indlel' igqit' edolopini,
Ndava sendibanjwa ngamadindala.
Ndinemaz' engumdyubá,
Kub' ebek' u-Kási ngesiyobula.

EZIKA-KOSTINI QÓRÁ, um-Ngwevu.

Inqindi lika-Qórá, u-Kofoti, u-Gxa lwam lwentsimbi,
Icub' elisixwexwe elitándwa zintombi,
Nonyaka liyangena kunaselwakazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Intw' elahl' *ugolweni* yazek' *utiki*,
Intliziy' iyagungqwa *sifatyi*,
Ndinqatyelwe ngamafutâ nembôla.
Unyama yam beyihlutâ ngentonga,
Bendivel' abantu ndiyikânkanya,
Ndiqash' izwembezi kweziny' inyama.
Ngu-Gxidi-somhahe,
Zibi zonk' izizwe zo-Msingama :
Ifik' imfene ibe nolunq̂ ebunzi,
Ifik' intenety' icandek' imbôvu,
Ifik' imbîla ibe sisimokotô,
Ifik' intulo iwandlal' *amanqobo*.

Ezika-Lutwîshe Ncûle, um-Kwemta.

Uqolo ngqebelele,
Uma-Bûl abuyile esing' e-Indiya,
Ava kutiw' umkôs' ugqityiwe.
Imal' ipêlile ka-Stinisini,
Ukuze kuf' amaxégo kuma-Tâmba.
Uzinga zimhlope ngalama-Tâmba,
Ngalamatâmb' asalel' ebûkwini,
At' asikufa kant' ayagqibela.
Eliramncw' incanda lisikôhlile,
Kub' iti nenkunz ibe yinkosazana.
Ekûmbini apa kum' u-Nyelenzi,
Ngapézulu apâ ngu-Makâbalekile.
Imkil' imfen' int' ebindizimasa,
Ndinomntu ngeyeyipûtûm' e-Waqu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Geje Kuluta (imbongi).

U-Holofele, ilung' eliluxunga lakulo-Mbómbó,
Izub' elimdaka,
Umahob' akamfaninye nok' afanayo.
Int' emqul' umhle njengowesikúmba.
Uvumba nuk' inyoka yomlambo,
Kodwa asinyok' incinane yinyok' enkulu.
Int' emzimb' unamandla njengo-Njokweni ;
Int' efudus' ama-Mfengu la ase-Mgwangqa.
Int' ekwéla ngesal' entle ka-Róloma yegosa,
Yay' inxámel' ukusala negama lobugosa.
Yatsal' ifolosi yada yaguqa,
Kwada kwamnandi kumbéxeshi.

Ezika-Dawúwa Zenani, um-Bambá.

U-Dawa limabal' aziziba,
Umntan' am wodade bo-Joyise,
Inkulisa yama-Bambá akwa-Bákaco ;
Unxaxéba yinikeni ama-Bhaca,
Nguw' umhlamb' onja zibalekayo.
Lendlu yekanunu yehla nolwandle,
Yay' ipúm' ecwébeni lo-Mnzimvubu.
Unasehlatini kuk' amaxégo,
Aniyibonangan' ingwevu *yombaba* ?

Ezika-Básopu Ncúle, um-Kwémta.

Ulumka yafik' eyomlungu,
Ivel' elulwalweni lwaloya-Rárabe,
Yacand' enkundleni kwelika-Ngaya,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukuz' abantu bawatánd' amahlati.
U-Mpolweni, utúba lemilenze,
Umntaka-Smiti wenkosi yetu.
Impengempenge, ubékis' engqeleni,
Igwangq' elinomkósi welanga,
Usisezwa ngankumb' *ingenguntamekana*.
Igwangq' elinombeté welanga,
Ugab' ukugqishela.
Ugqishela yintliziyo yenkau,
Ukuz' azal' igxar' elinomtsi.

EZIKA-RÁNDOYI KALIPÁ, um-Jwara.

Imaz' ebomvu yakulo-Mdabe,
Uzwembezi linzima,
Ukutándwa komntu *kuw' amatóntsi*.
Upik' inqabanqozi,
Umagogoty' axelelwe nguwena,
Ukuti yekan' inkom' umhlab' uhlangene ?
Ukut' akusokuvuka-mntu ubefile ?
Yinkamolula, utyani besikótá,
Int' endlu isentilini njengeye-Ngesi,
Njengeyengesi, njengeka-*Kondile*.
Umehlw' akajongani nawomlungu.
Ngakúbe ngu-*Smiti* no-*Makinana*,
Bona bawele ngenqanaw' ukuya pésha-Kolwandle,
Kuba beqél' ukuhamba pézu kwamanzi.
Uzitola-zibini ezatsha e-Bhayi,
Umazinke mabin' awehla ngenqanaw' evel' e-Kapa,
Umavolo mabin' aweza ngenqwel' evel' e-Gqili,
Uzinqwelo zimbini ezi zatshayo,
Zatshel' e-Búwa ngalonyaka wemfazwe *ya-Manzi*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-NONEYI MQÓMO, um-Zimakazi.

Umpáti wabantu bempálala,
Umfaz' onenqayi njengamadoda.
Umxélo womnt' ungen' emnyango,
Uhlel' emseleni ungawutshayela.
Ufongqongqo, ufud' olumdaka lwakwa-Fanangqolo,
Ungcungc' amas' amanzi.
Umpahl' *imxanan'* inge yeyevenkile,
U-Nomshukumbéla,
Irex' elimnyama lika-Bómale.

EZIKA-MWEZENI NTUNJANA, umzukulwana ka-Póngoma.

U-Soqanqu ngunyana ka-Póngoma.
Ngu-Ngqaqashe, yimbilakaz' ekál' ingcangcazela,
Yinqaba yabantu base-Mbáshe,
Apó bapila kóna mhlana lilibi.
Yintw' emazinyw' amhlopé njengomxáka,
Kuselok' umxák' umhlopé *kuřinelwa*.
Ke! Mahola-mdilili, mahola ngawase mlanjeni;
Bangamatámb' abono-Ngqause.
Sifo sabadala *yingxobongwana*,
Kulo ka-Sondwana *liřashalala*.
Mangangangqakaqa ngesif' esibi,
Ngesif' esibi eseza nabelungu.
Dum dum sateta ngegqira.
Vul' ulwandle nyana ka-Mhlontlo,
Zibálile elona galma lakhe,
Kanti ngu-Zibálile unyana ka-Mhlontlo,

University of Fort Hare
Together in Excellence

U-Zibâlile kule *bůků* yase-Nqâmakwe.
Bebesiti bayakuzidla bazigqibe,
Kanti hayi noko ezakulo lenkwenkwe.

EZIKA-MBÉNDENI MFAZO.

U-Mbéndeni lilawu lika-Mfazo ;
Ngu-Sotshintshi ngemal' eziténgwayo zasevenkileni.
Bâbó bůbůlůra ndihombile,
Ntokaz' *enomhokane* engutyeni.
Ngushweshw' onkononkono,
Ofun' ukuzal' amatól' anemibombó.
Kulo-Ngwendula kunxânyelw' ukugwetywa,
Kok' ama-Mvulan' akavumang' ukubapéndula.
Int' erexe likude ku-Mahasana,
Ingcongolo luduli emlanjeni,
Urorel' ukuti andiyi kusokwa.
Hay' abantu benomon' ama-Xosa,
Bandisukuza kuba nditândwa yi-Nkosi,
Umnt' onenkomo bat' unemfene.
Inkunzi yentwala ibetwâ ngozipo,
Kub' iyiyona nduk' iyicânayo.
Tůlula kuzal' esamadoda,
Esabafazi wosiqingatisa.

EZIKA-HALOM SOJI :—

Into ka-Soji ngu-Gongxo-zilokweni,
Yikomityi yokutyel' u-Misisi,
Ngusambůleli sokutwâl' abelungu,
Ngundlu yevenkil' ivalel' izint' ezintle,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ivalel' omalapú noziketile.
Ngumntan' enkos' odubula ngesinandile,
Sinandil' asitate kulamapolis' asandukungena.
Bayaror' abantu base-Mtátá,
Bafikelwe ligxagxa lomlungu.
Nditsho kuwe-ke Tilongweni nyana ka-Somtseu,
Hayi kodwa ngu-Tilongwen' elona gama lakė;
Ngulobantu bokuhamba baruqukile.
Lanuk' *ivumbângo* lanuk' icuba,
Ndati noko yanuk' imiti yamanxowa.
Ngu-Mpondo Majoboji, ngugana we-Nqabará.
Pėzul' apa abelungu bayalila,
Beva kutiwa imipu yapúkile,
Nditsho kuwe-ke vatis' *imâka*.
Xėlani lemazi intusikazi,
Ibulele ilizwe nakwa-Tato.
Akalingeli umntu wase-Mpúnzana,
Ndati ndakungena wayigalelela.
Mamfengu akavumani ne-Ligwa;
Sibėne esihle sakulo-Njakazi,
Nditsho kuwe-ke hlanzwa yinkanunu,
Kanti hayi noko nguqinga labelungu.
Mlamb' otsh' amatye kusal' amanzi,
Zicukujeje yekan' ukujola,
Bayaror' abantu basemzini.
Ngundozingel' umgqeku we-ngonyama,
Undoman' ukuwosa ndingawupėki.
Nguqeqesh' umnqwaz' ongena nkozo,
Ngugush' irwana efun' ukuhlab' indoda eluvalweni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Jokoza Bikwé.

Umtúndezi wenkom' ezinoǫonqa,
Umgawuli wentamb' enqanabeni.
Ngu-Za-bemsukela,
Wafumana wazapúla ngokutwál' ubukwénkwe,
Nakwa-Hala apa *ngelenetónto.*
Uyalizond' ilanga ke wetu Za-bemsukela.
Haluhalu akafikeleli pézulu,
Hashe lenkumanda lilahlekile.
Ndenziwa nguwe mqalindini,
Ndihlatywe ngameva ndiy' enyameni.
Gqogqa weǫaga, liyek' iqág' elo liyalandula,
Uti ngelisitshona ukuba linecuba ?
Nasezintombini kuko amaxégo,
Ezinto zimbi ngamaxégokazi,
Ubibinxa lwentombi esinqe sibi
Zezinto zimbi zibuy' ekwendeni.
Mkúmbuzi wabelungu abaya e-Qonce,
Ukúmbuz' u-Dafeti no-Hamsini,
Ubakúmbuz' ukuba baye kwa-*Daya* e-Qonce.
Ntak' enamandla ngu-Sinagogo,
Ibalek' amatúmb' ejing' esiswini.
Gawul' etétá elona gama lakhé,
Eti, 'hayikambe izembe libutúntu'.
Mcing' obomvu omil' emadotyeni,
Ndibavel' abantu bedumzela,
Beteta olupántsi nolupézulu,
Nditsho kuwe-ke namba yase-Cacadu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-MAZOTE NGECWA :—

U-Mazote ngunyana ka-Ngecwa,
Ngudad' elimdaka lika-Ngecwa.
Ngutwâsel' esingeni engaziw' *amatóng*' awatóngayo,
Umt' owat' ukuwa wabúkuqeka,
Wasingis' amagqabi esi-Rósheni,
Kub' iyindaw' enabantu bakulonina.
Gud'azulungeke, inge nguyena mnikazi ndawo.
Nkomo zincinane zecala lake,
Noko zincinane zimlingene.
Mpaka ze-Quze ngamagwangqana,
Púngulani, arha, sabonelelwa,
Nishiy' impak' ibenye ibe yeyobuhlobo.
Dlokova hashe, adane umlungu,
Mlungu okúmsha ngokwama-Xosa ;
Nditsho kuwe-ke gxagxu emagwaleni,
Mopâ ngenqina axel' umkómbe.
Ladan' igogo umfaz' uyozela,
Umntana wenkosi uhlala ngasemva.
Int' enkomo zinelishwa zika-Cekiso,
Kuba zizek' abafazi bepâlala,
Woz' uqokelele mhlana upúmayo.
Tilongo imnandi hayi eyase-Xórâ,
Nditsho kub' imnandi kukutândazelwa.
Nduku yam yokubet' amagaqa,
Fulâra yentombi ka-Soholi.
Umdak' obulapâ ngonobom,
Koko uncokole futi sapél' isoya.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-OPULUMANI HOBOVU :—

Ingqwangi edla imitwisha,
U-Natalatalana,
Unotalaz' imiqŏlo yakokwabo.
Mntan' owondliwe *ngengcolo nentibane,*
Walala endleleni akabi sakúla,
Ngxabela yezembe lomlungu,
Nja yakwa-Nonjangenja ngumnyele.
Amazuma ancumeza ajong' elangeni,
Langa ngade litshone sibalul' amagumbi.
Umnt' onomona uba *simokotwâna,*
Uyafana noko nalo unocúku,
Uyawugqiba umzi ngokuletsheza.
Indlu zamagqwira mazimelane,
Az' axelelane mhlana ahambayo.
Ndabaleka ndayigqib' imilambo,
Nditsho kuwe-ke, nqib' amakólwane
Wode ube nalipina !
Izimakade zibin' ema-Xoseni,
Nditsho kuba ngumhlaba nezulu.
Kufike inkumbi satsheq' amakwenkwe ;
Ukólisil' ubuye naku-Nkanga,
Ungapiki nendaba zika yihlo,
Akupika nendaba yomtshakazi.
Irexe lika wetu *sisangqunggqwana,*
Lingangam ndihlel' esitulweni.

EZIKA-ENOCH RUNE, um-Mpondomse

U-Nampuza ka-Rune,
Indod' *enempuza* seyiyindoda,
Kazi yayinjanina ok' ibingumntwana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Impuza ka-Rune *iyosulela*,
Akazosuli, njengomntwana, ubuya nobubi,
Azi wayenjanina ebuntwaneni !
Ugononda kwelidal' idikazi ku-Mafa.
Ukúlu lenkomo latshon' esiswini.
Kutsuie u-Ntseteni kwatsheka u-Rune,
Ukub' ubenetshoba ngeyelinyel' angalipákamisi,
Kuba nasesidwashini ushiy' isifama.
Umnt' odl' isigezenga udumba nobuso,
Inge ngu-Run' elel' engqeleni.
U-Run' utshekelwe yingqang' emswaneni,
Emswaneni esidla iswili.
Nitsho nganin' ukuti imtshekele ?
Sibona ngobus' ukukútúka.
Lomzi ka-Rune selumi ngami,
U-Jelemiya akuvani no-Enoki.
U-Ncabacá sihlangu sokuvek' amatyal' amatiyana.

Ezo-Mkwéta Rángana, um-Tembu.

Into ka-Rángana,
Ngumtúndezi wamatól' anesitwayi,
Usimawusi senziw' e-Mkóbeni.
U-Rulumente asinkosi yaziwayo,
Ligama lomlung' owaz' incwadi.
Abuy' endleleni ama-Silamusi,
Eva kutiw' umkos' ugqityiwe,
Kant' ama-Tshaka alwa ngomfipázo,
Ukuz' amajoni akwéz' um-Zumbé.
Nguzulu lihlokom' umgulagula,
Uma-Gxiya ka-Ncinitwa,
Intak' ezimapik' anamadolo kakwa-Maqébevu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yimaz' endimla zifatázayo,
Uba ngumntu ngeyebanjw' akángelwe.
Izishiywakazi mazambát' amabáyi,
Kunye kade zingenziwa magugu.
Usidal' *umsondlo* ngokucapúka,
Esenz' ukuqumb' engasakuteta nto.
Uncwába lamagqwira lindaweni-nye,
Liba sehlatini kube kupéla,
Awase-Ntsimbini nawase-Mpoza.
Induk' intambo e-Mnebeleleni,
Apo kulahlwa kon' abatákati.
Ke gog' alikólisi ngakutámbisa !
Utshat' ungena ntsimbi yamxáka.

Ezika-Otsetse, um-Tembu :—

Into ka-Otsetse ngu-Agabá,
Ngu-Zingqoweni, untaba ka-Mnqwazi.
Ngundifik' impuku zibulis' intuku,
Ndati ndakubuza zati yinkosi ;
Ziguqul' ucwete zamenz' igosa.
Umhugane ngumxokelelwane,
Ngaw' omabin' amagam' etyatánga.
Lentsimb' umhugane ngumhl' ekude,
Ungaba kufupi sipitipiti.
Ngumangange planga yayanyisiwe,
Lomt' ubomvu wasemlungwini,
Wenziw' umkóba ukukóhliswa.
Emazants' e-Nenga kuse-Tshontini,
Kub' emazants' e-Nenga kuse-Sundwane
Ngati tshokotshoko kát' eframeweni,
Ufun' ukut' abantu bakuyekele,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kant' abantu ubashiya ngomtsi.
Ramnco lagqum' e-Mngazana,
Lipánts' ukumka singenzanga nto.
Zakwéz' ulwandlana zingaluyeki,
Ezakowabo zakulo-Yolisa.
Lapúm' ilanga udade bo-Satana,
Int' engazanga yahliwa nangowempumlo.
Ungqatsane kalanga libalele,
Inkintsane kumhlab' uhlangene.

Ezika-Venfolo Kaka, um-Cira.

Indwar' emadolo into ka baw' enkulu,
Usizanokwékw' e-Magqunukwebeni
Uso-Luveni, uganuka kuyasa,
Umntan' am angendeli kwa-Nyosi,
Umzi ka-Nyos' uhlal' ucitákala.
Umntan' am angendeli kwa-Mbila,
Umzi ka-Mbil' uhlal' emweweni.
Into kabawo ngu-Zandule elona gama layo ;
Umntaka-Kaka ujula kwa-Maso,
Umntaka bawo untsimbi manqineni,
Umt' omkúlu wakulo-*Lisibe*.
Undodl' inqilo ndidl' igwangqa,
Ukuze ndibe nomtet' etyaleni.
U-Zigwetsha lelona gama lake,
Umntakabawo, ingqaqu yako-Mbólombi.
Yinamba yase-Tsomo, ingwe yase-Dikeni,
Umdali waposi zim' e-Cámama,
Zimi kwa-Ntsimb' ezase-Qaukeni.
Inqwalakazi ingumntaka-Inkosi,
Inqwalakazi ngumntaka-Bángo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yimazi yexóba lakwa-Somtseu,
Imazi yexóba lomntan' enkosi.
Ngukwada kwamnandi mhla kwaliwa,
Kulomhlana kwaliwa nama-Tato,
Kulomhlana kwaliw' ezibukweni,
Kulomhlana kwaliw' e-Mgwali,
Mhla kwatinjw' amahashe zashiyw' inkomo.
Umntaka-Kaka, ubúxe ngelizw' elibi,
Kulendlu yezabókwe *yezishumane.*
Nguy' umang' angaqalelwa ukuz' apéndule,
Nangon' unzwana akundembélele,
Akunje nganyibiba isemlanjeni.

Ezika-Ntshuca Kaka, umninawa wake.

Ngu-Mbámbálalashe ukuhluta kwehlwempu,
Yinto engenanto yayo, u-Nofetéyi uvimba ngeqinga.
Yinkomo yomnt' osafun' inkonzo,
Ugogo lenyati, utafa le-Mbózisa lif' amadoda.
Yintw' enemaz' ebomvu *yokupúng'* iyeza kumagqira,
Unkomo zimarwanqa zakulo-Ganya.
U-Ndondoshe, uqinga lokurexeza kubiz' intlombe.
Ukuz' amaxég' asale nabantwana.
Ugcin' umkakó andikumenza nto,
Wobek' igada umtélekelelo.
Umfazi womntu yint' *enamaté*,
Unjengenkomo zakwa ntombazana.
Unomakál' endlovu kukuduma,
Umbá wesisu, uqwebeda, untam' iroqozayo
Inge yeyenqwelo ka-*Kilawushi.*
Nguyek' u-Malongwana, ngunyama ka-Satana,
U-Napákade ngu-*Sifuba-sibanzi.*

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-NKUNKUMA, umninawa ka-Platyi kaka.

Ngu-Mbálakaxashe,
Unqandan' inkom' ezo zay' emofini.
Into kabawo ujong' i-*Gxegxesi*,
Ucuba lizadywedywe lika-Fekana,
Bati likwanjalo nelo-Nonentso.
Ngu-Gqunube balibiza kabini,
Bati li-Gqunube li-Gulukuqu.
Ngundabeleni nam kwezenkazana.
Into kabawo nguso-Bálule elona gama layo,
Into ka-Kaka izub' elinakazi.
Ukanunu yagquma kwa-Mshweshwe,
Umpondo hlab' izulu, undlu ze-Kwelerá ziyimidaka.

EZIKA-PLATYI KAKA, um-Cira.

Ngu-*Nomgedlelana*,
Uncul' iyancúncút' endlebeni ye-nkosi.
Usayama ngatye lika-Malola ;
U-Nompá yinkabi ka-Cópiso,
U-Nojaholo yinkabi ka-Yoywana.
Inkabi ka-Tóbi ngu-Nomakoki,
U-Nomashiqa ingwevu yakwa-Dlawa.
Nguntamb' ende yehla ngomqatángo,
Usidubula nganzinzwa yomqápú,
Umakúl' alingene nentaba.
Umazi ka-Zitoshe yexégokazi,
Ihleli-nje ayizekwa zinkunzi,
Isanyisa ngelidala itóle,
Ngumaqutywa zintsika zakokwabo,
Umasidl' umnga siqalisele,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Singabantu benkos' ezondekayo.
Intw' engangetaf' elikúlu,
Elilal' amaxâma.
Ngu-Halom, upaul' ibâdi
Ingenyamakazi yakè yahlonyulwa ;
Unyang' efel' elwandle,
Itwâs' e-Rode mhlana ibonwayo.
Ngu-Magqunukweb' alwile ngeye-Zembe,
Ukuz' ama-Ngqika ati, "sipântsi kwenyawo."
Ngu-Yadenda lentomb' ise-Ngqokweni,
Ihle nomfana ukubèk' e-Qonce.
Ulevenkile ise-Mkângiso mayifandeswe,
Kub' itèngel' abantu basekulweni,
Itèngel' oyi-Sake no-Qakala.
Ngumangange mofu eyabetâ kwa-Tato,
Kub' ibetè kwa-Tato, yabeta kwa-Tshatshu ;
Ibetè kwa-Tshatshu, yabeta kwa-Ngqika ;
Ibetè kwa-Ngqika, yabetâ kwa-Ndlambe.
Iyawabetè kwa Ndlambe, yabetâ kwa-Kwâne ;
Ukuz' ama-Mpondo abe ngamagogotya ;
Ukuz' ama-Mpondo asitèng' *isibango*,
Sihle ezinkomeni nasebantwini.
U-Kâmanga liyapúka zinkomo,
Udiban' izisele emanxuweni,
Kujongw' e-Gxar' apo kujongwe kóna.
Unina nonqayi nilahlekile,
Niyipósil' indlela esing' e-Rode,
Pindani nibuye kwangomva.
Yinto ka-Kaka, ibâb' elinentonga,
Into ka-Kaka, uhloml' icèlesi—
Ingenyamakazi yake yahlonyulwa—
Aliyek' ama-Cira akowabo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yintw' eyamangala nenkom' ukuba zabiwe,
Yat' u-Gola yambetá ngetóle.
Ngumntaka-Kak' ongasakuz' akónze,
Ngeziland' ezenziwa nguyise :
Ngesase-Qamata nesase-Gwaba,
Ngesase-Xesana nesase-Mvane.

Ezika-Jiningisi Mangona, um-Cira.

Ngu-Mgungu ixák elilubélu,
Ixák' elintusi nelilubélu ;
Umhlopékaz' oziziba zibomvu,
U-Woráca, úzikáli manqindi.
Akunikwa ngcola wayishunqula,
Akunikwa rwana walishunqula,
Akunikwa ngqanda wayishunqula.
Ngundokusikela kwindaw' erotyozayo,
Indaw' ehlokomayo yomlenze.
Ubancokol' o-Nonyishe, emnyameni,
Intw' ezimazinyw' amakúlu angangawamadoda.
Ngamani-na la azibunu zingaka,
At' ukulala aquluselana ?
Inkwenkwam ngugula baxakame,
Kulomhlana ngenkomo zomlungu.
Baxakame abase-Ofisini,
Lomhlana ngenkomo zika-Qina.
Umntan' am ngujalis' i-Ofisi,
Amabóng' entliziyo ndiwagqibile,
Kuba ndinay' umfazi onxelekazi.
Amabóng' entliziyo ndiwakátúle,
Kuba ndinay' umfazi omhlantla.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umntan' am wentombi yoso-Kani,
Umntan' am wentombi yakwa-Jatya.
Yinto yentombi yasema-Ngxongweni.

Ezika-Bâwulisi Mangona, umninawa ka-Jiningisi.
Into yam yingwenya yase-Mcántsi,
Intw' enegama elitsha elingu-Bâulisi,
Elaténgwa ngemali mhlana lafik' ema-Xoseni.
U-Ngqebeleleshe, untlonze yomkómbé,
Umbilini wemazi ka-Benyúku.
Umntan' am ngudenga nekâba,
Into yam ngumfene azinanjoli,
Kujolwa yincúka ixégwazana,
Intw' endala engasenamenyo.
Ngundagalela ndamdlul' u-Menziwa,
Kulomhlana yawela ngo-*Mlola*.
Undawuwela u-Mbâshe ndiyinkosi,
Undiyabuya bati, "Mtémbundini."
Unkab' emnyama ayenziwa dini,
Ifanel' abafazi *abatândwayo*.
Umntan' am uyaziwa zinkosi,
Uyaziwa kwa-Jalambâ kowetu,
Uyaziwa kowetu kulo-Mpila.
Uyaziwa kowetu nakwa-Bânqo,
Kowakwa-Bânqo apo kuzalw' unina.
Kuzalw' unina ukuze kuzalwe yena,
Kant' inkwenkwam le iyaziwa
Zinkosi, kub' isaziwa kowetu kulo-Mbómbó;
Iyaziwa kowetu kulo-Gaxa.
Umntan' am lo uyaziwa zinkosi,
Uyaziwa kowetu kulo-*Zandi*,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Rwaqushe Mangona, um-Ciŕa.

Ugama lama-Mfengu ngo-Nokép̀éyi,
Okába-Kopé ngama-Mfengw' ase-Bhayi,
Bati ngamagogoty' abantu bakwa-Loliwe.
Nguzulu ngamafongqo,
Unkomo ze-*Tyólohi* zidl' e-*Msini*,
Ziya ngokusela nase-*Zincúka*.
Ngu jwabu lise-Qaco nase-Qumŕana,
U-Hesiŕa liyakála pambili,
Imaz' elil' ekúmbini lentaba,
Iyanqen' ukulila ngapézulu.
Nasehlatini kukw' amadoda,
Kuba kuk' ozingwe nozingonyama.
Ugquzu njenganduku yob' igaulwe,
Imaz' elubisana luncinanana,
Lungasafikiyo nasezimvabeni,
Selufana lupélela kwakumtinjana,
Kwako dade wabo.
Pezul' apa abelungu bayalila,
Kulamahlat' inkau zimangele,
Kuba nizibamba nizis' emlungwini,
Zibe zingadlanga nto yamlungu.
Ngu-Jikiza ka-Mvane,
U-Manqum' a-Mambálu *umyeketé*,
Efun' ukugqib' inkomo zama-Xosa.
Ngumbámbó-nduna, mbámbó zimbalwa,
No-Rónonondile, ngalo ka-Ncawusi.

Ezika-Bákaqana Mangona, um-Ciŕa.

U-Bálw' emhlana, umtshisi wendlu zamanqanam,
Umtshisi wendlu zo-Qótsolo zasema-Qwambini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Uxobongisa ngenduk' esiqitini,
Ukányis' umxáka eludadeni.
Inzwan' enje ngo-Rhunqa oko ebese-Xesi.
Umpáng' unameva bat' uyahlaba,
Intab' e-Nqútu eyatimbel' u-Kónco.
Kwasuk' oka-Weweta nalo ka-Mpalo,
Bati, "kuqubeni ukuteta kuhambe."
Bazikúpile ezakulo-Gaxa,
Zezase-Mnzwini zisabambelele,
Zibambel' izidwashu nemikála.

Ezika-Hedini, umzukulwana ka-Mangona.

Ngu-Mbúlulumzekwa, ugqoboz' ingobo ngesibili.
Unkomo zesilará kwa-Makinana,
Ziqebuk' inxenye zasing' e-Búwa.
Inkwenkwam ngu-Tye-ligungquzayo,
Untamb' enqanawa ihamb' emazeni,
Bayawasik' omateloshe bayidyob' inqatá.

Ezika-Morgan, omnye umzukulwana ka-Mangona.

Ingxingw' enempondo,
Umnqumli wantente zimi kwa-Nkanga,
Zimi kwa-Nkang' ezaselu-Dimbeni,
Ezom-Róshoza zimi kwa-Bónxa.
Yinyok' enkulu ejikel' i-Qolóra,
Iya ngokusela kowe-Nyumaga,
Uhadi lo-Noxina lwenkosikazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-POSI VENFOLO, um-Cira.

Ngu-Gqwazi-ndalibala,
Ndalibal' ukuba ndizekile,
Yasik' imal' am ndaty' ibó́tile.
Azi ndizizekele ngakusela kunina ?
Lento ndite ndakusela ndaba nembáli,
Ukuze ndibe nembáli mn' e-*Silandana*,
Abantu bonke bebusela-nj' utywala ?
Ngani, baẏayisel' igilasi yakwa-Nontongo,
Apo kuselwa kóna ngama-Xosa.
Yintw' egama lindawonye nento ka-Diko,
U-Joyi kubambéne nento ka-Diko,
Babambéne bodwa ngentw' esingayaziyo ;
Babambéne ngemfengu lakwa-Menziwa.
Ugxotiw' u-Joyi ngu-Mditshwa mhla kwahlanganwa.
Wabaleka wawukwéz' u-Mbáshe,
Wawukwez' u-Mbáshe ngapésheya.
Ude wakupáta kwesika-Fubu,
Waya kupáta kwesika-Fubu e-Maqwatini.
Ngu Jong' i-*Ngqukaqana*,
Undlel' ihlis' i-Cenyu emlanjeni.
Umalinyuk' i-Kúbusi lika-Mwahla,
Lide lokupáta naku-Piyose.
Undabadel' abantu abaku-Piyose,
Batyeleni bambát' izidabane,
Bayaqulusa bakufun' ukutóba.
Lirwexukazi lakwa-Tilimeni,
Lirwexukazi elaxélwa e-Montini.
Ndiyabancom' abantu bakwa-Nongqongqo,
Ndabancom' abant' abatánd' inyama.
Irwexukazi eladliwa lirwada,
Bati bakukóv' ukuloja balityútúla.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-NCÚKA :—

Ingxazangxaza,
Intw' engangemvul' enkulu eyabulal' inkomo.
Intw' eseyikólisa ngo-*Nodong*' ukuxéntsa,
Kub' iqal' ukuv' ingoma yomtinjana.
Nguvuma nxizakwé,
Ukuze nigqibe *ngomqolo wenambá*.
Uvutél' ihashe,
Inyamakaz' ezimigcantsi mide.
Ngubábis' ihlungulu,
Intak' enesidang' emqaleni.
Nguxénts' enkunkumeni,
Uxénts' epétué umpu,
Ufun' ukudubul' abantu bentlombé.
Ngundihlangene nama-Mfengu kwelozwe,
Umxoxoz' orwexu kanti yivatala.

EZIKA-MAMBI :—

U-Bólosh' upóndo ka-Mgasa,
Unyamakazana páng' emnxunyeni.
Umkosi ka-Tyutú wakwéz' i-Qonce,
Izelekaz' elikiw' enxuweni.
Uzulu linentunja,
Intw' empondo zinamacápáz' egazi.
Ucánti ligwetyiwe,
Unkwenkwe yemfengu dimbaz' entungo.
Ngusisele semfengu sinomgquba mhla sipélayo.
Umntana wemfengu wadla ndihleli,
Ndanga andiyitándi lent' ividlayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Nomonti Madliwa, i-Zizikazi, umka-Báca.

U-Nogqagqana, ungub' ing' ingahlutwá,
Inikw' abatándwayo.
Mqómo Qákancu umnandi nenqina lako.
Yimaz' eyapúl' u-Mdyudyulwa.
Bendib' umnt' ubéna ngabom,
Kant' uvel' ebéna kwakunina.
Yimaz' enemijila yendevu.
Ndibaliseleni bantu abanabafazi,
Umnt' ulobola abuy' apéke-na ?

Ezika-Mahlubi, unyana ka-Nomonti.

Elilizwe lonke lingxumbúngxumbú ;
Saxél' inkomo intliziyo isaŕana,
Kuba kwakufik' inkunz' enqukuva
Isiza nesifo.
Nani ma-Támba ŕanani nihlale ;
U-Rili uké wateta, umntaka-Hintsa,
Esiti, at' amagogo makuxélw' inkomo.
Seyeng' u-Mhlakaza ngayebulewe,
Ubeyivumelani intlondi yomntwana !
Asuk' ama-Mfengu asinqazela,
Kub' aké akubona ukucitákala.

Ezika-Sishwali, uyise ka-Báca, u-Mbó.

Yinto ka-Mpúmela, undindi bululu,
Ubódla wakwa-Tyeke.
U-Nomshukumbéla,
U-Mfengu lam lipángw' e-Qaukeni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kupangw' umkónto kwapángw' inkomo.
Ngu-Ntlantlantla,
Yinkom' esengelw' emeveni.

Ezika-Sisele Mtyapi :—

Into ka-Mtyapi, ugxalek' entsikeni,
Ugxalek' emhlehlweni,
Wemaz' akwa-Qámpa no-Mfiki ezi-Tenjini.
Ukum' endleleni asinto yabom,
Ipants' ukutsh' imfama ngumlilo.
Uso-Bítsi, undleb' itánd' amaso,
Umfazi womntu akacelwa mbóla.
Qaba sikwéze mdlezanandini,
Sisinge kwa-Mpundu emasini.

Ezika-Ncetezwa Volwana :—

U-Singinza, umzingel' ihlahla,
Eliramncwa lidl' amapéla kwama-Tenza.
Umazalelwa li-Xesi ngapésheya,
Kant' ononqayi bamfingile.
Tyapil' imk' intombi ka-Mtába,
Kade beyigxeka ngokunyekez' umbón'-emasimini.

Ezika-Mhlope Mhlanga :—

Tútu-Mhlopé kad' utétá,
Igwangq' umbilini liwubambile,
Aliwubambe kuwulondoloza.
Isikol' umzi wasemzini,
Sindivimb' ukudla ndimelene naso,
Ndada ndakuténga ngeyam impahla.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-DAWETI DUBE, u-Mbó́ :—

U-Sitali ngempond' ukuba zintle,
Isom' elimapiko, umty' ongqongqo
Wakulo zi-Búcu,
Owowuncwela ngowowufudumeza.
Kála Mqadi wafa yintsika,
Mqolo womntu nqwa nomqŏlo.
Ndip' isigadi mnikazi ntsimi,
Nditye ndimke ndilipúnguza.
Nguyawazam' ukunyuka kwa-Gqolodashe,
Umgweny' osekáy' isisulu sentsapo.
Baf' abantu bako Nodlelendlwini,
Uyawaman' ukupúma ngokusul' umlomo.

EZIKA-MBÉWU MANCOBA, u-Mbó́ :—

Nguxókonx' inxala,
Lentak' ibizel' isidudu.
Ngutánga limnqésha.
Andingebawi ndingu-Tshunungwa,
Ndingakángel' ukoselwa ndiziselwa.
Into ziyadamba zikė́ zanzima,
Kade sirexez' ama-Xósakazi.

EZIKA-MAFANA MBÉWU, u-Mbó́ :—

Uzulu langqangqaza,
Int' ete yakuzeka kwaf' itókazi,
Sati siwududa sasidl' inyama.
Ungalo mpinini,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Soti sakudliwa singadli luto.
Lomntu wabikw' e-Mpintsho mhla waluka,
Ingubo yingobozi, ungahlab' umti umtélekelelo

EZIKA-BÅCA SISHWALI, u-Mbó.

U-Bókoxoshe akaweli ngezibuko,
U-Maŕog' uyababa njenge-Tshongwe,
Umhloli wezifo zabemkayo.
Ndafuy' imaka ndafuy' isikóva ;
Ungangentaba ka-Sihota,
Umntan' am wentombi yama-Bambá.
Ixáka lam ngu-Wayiká-páka ti,
Akuyazi nalento uyikáyo.
U-Godl' uyahola nok' ayinkosi,
Amaxálang' alwa ngenja yakufa.

EZIKA-MKÚMASE NGOGWANE, u-Mbó.

Undlel' ikwéz' inyili,
Inyili nenyilana.
Maxégo nonke hlambani nihlale,
Intloko yenja asikayopúli.
Ngusuz' amatshetshetshe
Kwagul' umntwana,
Kwafunw' amagqira kwambúlulwa,
Kwambúlulw' intong' evel' emqolweni.
Yopúleni into leyo siyabe,
Uvalo ngumsunu-sipá[illegible]o-Mbómbó.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-KÚMSHA MSHUMAYELI, u-Mbó osisibonda

Ugqolo Mtwáku, uzimba ka-Ntshwakuca,
Ntombi zal' abantu zimbi nazo.
Isipékula umzi siwugqibile,
Siwupékule ngamacal' omabini.
Babaleka abanye bay' elalini,
Babaleka abanye bay' efameni.
Inqwala yeqobo yintang' amitiyo nazekwayo.

EZIKA-MATEBESE CADEKA :—

Lemfen' inan' imagama mabini,
Ibe-Sisidumo abe ngu-Ntlekevane.
Unyok' usukula nganina yena,
Unyok' usukula *ngocimamehlo.*
Amaxégo wabeleni ngokuwabela,
Asizizo nezint' ukulumkisana.
Umnt' onenqwelo udla ngokuba mbi,
Uba ngumkútuka njengegusha.

EZIKA-BÁCA :—

Umfene masizidle njengokuba nati zisidla-nje.
Uzavandana, undod' iyakónza kulomfazi,
Ayipíwa mkónto ayipíwa nkomo.
Bukwé bam buyandijikajika,
Bucel' umkónto bucel' inkomo,
Nonyaka-nje butsalel' ebókwéni.
Ingub' am yembíla zakwa-Nkanga,
Ndati ndizibulala bab' ehlekisa.
Niyakwazin' ukucel' iziziba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bantwana gumanani nombóna,
Mna ndizakuba nonyoko.
Isisele sakó ndisidlile,
Uz' usewutat' esam esisecaleni kwesakó,
Eso sona sisesamazimba.

EZIKA-QOBA TSHONGWENI, um-Nyele, isibonda e-Qolorá.

U-Halahoyi, utshay' engcangcazela,
Ucitywa lilubélu elitshat' abayeni.
U-Ngxangata, int' emacala mahle ngati *yindlozi*.
Uti-na kwa-Ndande apa akutyiwa kutya,
Nonombilini ubinq' isikaka ?
Uxúma nehlahla umka-Mntsobole.
Ningabi nazos' indlov' ezo magwalandini,
Ninxámel' indlovu ukuze zikálipe.
Omke namanzi waxel' amatóle makangalilelwa.
Tóba nkwenkwezi ndibambélele,
Kunye kade kutiwa ndinokwazi.
Ngcambu yomsenge ziyendelana,
Zizekana nomhlab' ukutámba.
Dwab' igononda, intsikizi zimhlop' amapiko.
Uyaxok' ukulila ngamadolo,
Kad' udulusa kad' ukusuka.
Qaba sikwéze sobafumanisa.
Into ka-Tshongweni.

EZIKA-NTSANGANI TSHONGWENI, um-Nyele.

Bátayi ka-Tshongweni ;
Nkomo ze-Ntsikizi zidl' i-Ngqoko,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ziya ngokusela kwa-Jan Tshatshu.
Ngumazi yehem yintusikazi,
Yaziwa kowayo ukuba yincokazi.
Ndiyakunqwenel' ukuhamba kwenqŵala,
Ndinomntu ngeyendisar' umlenze.
Umntan' usengelwe nguwe-Magaxa,
Dinis' amagwala ngomdintsi,
Mbetí wengqongqo ka-Sandilc.
Maz' emnyama isalele pántsi,
Iti yakuvuka ibe liwasakazi.
Int' ete ndakuyikángela ndazal' amehlo,
Ndade ndanga ndijong' isilimela.

Ezika-Banganí Mpetú :—

Hanewu, nqín' ihla no-Geza
Ihlati elinamapúti.
Umjokani niye kuma ezintabeni,
Uti ekwa-Nyaba wabe ese-Xako.
U-Gqolonchi mlambo wamatyala,
U-Kúbusi mlambo wamagogotya,
Umlambo wezikolo kuse-Mgwali.
Into emzi usetúnzini pántsi kwentaba
Ungubana zibomvana zokubolekwa.
Uzulu linomgca njengogwali.

Ezika-Katikati Tshongweni :—

U-Baŕoyi Vatala,
Inkosi yamapolisa akwa-Somtseu.
Umna andinatémba nguselangeni,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Itémba lino-Mhlakaza no-Nongqause.
Umzi ka-Gcaleka ulala wenzani,
Uyawapúmz' amanxeba ase-Mgwangqa.
Ungo-*Hawulele* ezoǵiya zibomvu,
Zi-*Seyidukwé* ezo zimnyama.
Umkam ligeza lenkazana,
Liyandibonis' amatăngà ndiyindoda.

Ezika-Mnzwana Nkotá :—

U-Diladosini, u-Ntam' inenkabi,
Undanda mbundane.
Umntan' ukufuza kulonina,
Ujamel' izizib' ezoyikwayo.
U-Nxínini, unxad' *impobole*,
Umadwants' entambo.

Ezika-Aliva Ntsangani ; um-Nyele.

U-Jujuju, umaqegw' amdaka,
Uval' aqamangele nakwesamatóle,
Kant' uvalel' u-Satana.
Umqolo wenamba, itáf' elinenkom' into ka-Ntsangani,
Ukupéla kwe-Nciba kuku-Gqoloma.
Ndalam' icánti emazants' e-Wukuwa ;
Azi kuhl' ukuzala kwe-Gqili.
Ulazal' i-Tyumbu laqingatisa,
Ndabetá ngesinqe.
Ubinz' ad' atyibele,
Way' egxot' amaqad' akowabo,
Gcin' u-Popi ngowakowenu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Madondile Zuzani, um-Bambá.

U-Janyawuli yinto ka-Zuzani,
Uxakwa zimpondo angangen' esangweni kuma-Bambá.
Ngundlela zinjikela, zimlanjeni,
Zikwéz' i-Qombolo zakwéz' i-Nyumaga,
Zitintelwe ngu-Hlangana ngapámbili.
Ngutúpa lengwe linyatél' esangweni,
Bayalilanda bati lelesinotsha.
Ubélukazi yintombi ka-Loliwe,
Umhlopé obinqela kulandawo,
Kuba usoyika amahlez' ukutyabuka.
Nguzuba lizalele pézulu emlovulovini;
Um-Zantsi ubuza into kum-Ntla,
Um-Ntla awupénduli yintilintili.

Ezika-Pikanaye Ntsangani, um-Nyele.

U-Mapángashe Ngqwalasela,
Uliso lam lijong' emnyameni,
Kuba lijonge u-Madlendle noka-Ndutúla.
Igosa elinamatámbá emnyameni,
Ngu-Jol' inyam' enkunzi, uso-Wuku,
Nguhashe lenkumanda lilahlekile,
Malixol' ilizwe libonakele.
Uhashe limnyama ngu-Sitélenu,
Umalife ilizwe ndifun' izigubu,
Kuba zipélile ezo-Nongqause.
Ezizinto abantu azinamandla,
Zoyiswe yinkau ziyibambé ingonsila.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Palafini Noképeyi, um-Vala.

Umbóla yadibana neyomlungu,
Yaye yapángalal' eyomlungu neka-Ngqongolo.
Ngumna andingekónzi ku-Makápela,
Kub' unditwális' umngqungu wecuba.
Uti-na e-Téko apa akutyiwa mfinca,
Unkomo zanyiwe leliqegu silikwélayo,
Unkomo zesilara kwa-Nxówemfene.
Yiyo lento u-Noképeyi angabanga sabuya kuyise,
Uzuké umkángele ukungena kwe-Tóle.

Ezika-Nini Mnzwana, um-Gqunu.

U-Bálakisi into ka-Mnzwana,
Ugambu ngexáka, ulubúbé lubélu,
Undlu zononqayi zikwa-Ludaka,
Nabo sebesintinza ngezikóndo zemipu,
Ugamlel' intonga kant' uyoyiswa ligaba.
Umagatya olwatile zinto ezinde,
Ndiwadela ngobuqoboqobo.
Asilohasa sincungula,
Kudibene ama-Nyele nama-Gqunu.
Yint' eliso linamandla,
Kant' ijong' ilanga nenyanga.
Ngu kétshe odla amantshwentshwe,
Ngacalanye ngakulo-Mantshembenxana.
Andaliwa ntombi ndaliwa ngunina,
Kub' ete akufun' ukusuka wayinyatéla.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Zuzani Ncámncé, um-Nyele.

Úso-Habákwé, udada ukwakél' emncúlubeni,
Umnqiki wamatye akwa-Gqoloma.
Uroti alizalwanga ligqirakazi,
Ungwevu yabakwéta,
Unkumand' ikwa-Ngwevu,
Umhle nendwe yaké,
Usibengile, udyoba wodaka.
Inkosi yama-Mfengu ngu-Malangeni,
Kub' isuk' e-Gcuw' ingakalazi lutó,
Ifike e-Qonce yazuz' ubuhlwempu.

Ezika-Mkókeli Kamteni, um-Mpinga.

Mbáyimbáyi ka-Kamteni,
Umrazuli webáyi lendaliso,
Umasebenza abuye netiki,
Ugcin' umsebenzi.
Untlola yesandla ibuya msinya,
Ukuza kuxela ukuba kulungile.
Uramncwa limnandi hay' inkazana,
Unangona limnandi aliyi siswini.
Umpahla yama-Mfengu isele kwa-Nkanga,
Nditeta ozigezenga nomipótúlo.

Ezika-Komanisi Magugwana, um-Bambá.

U-Haniboyi ka-Magugwana,
Upángo olucwecwe ezivimba kwayena.
Uwela ngengqokozo ukuya kwesalokowabo
Kwesasema-Gcalekeni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wat' amantla wawasingisa ku-Qoba,
Wat' amazantsi wawasingisa ku-Ntsangani.
Uhlang' olunamandla lolungamakwénkwe,
Akumbonina umlungu esoyisa-nje!
Unqande u-Nogemane ngeyoyisile.
Umpahla yama-Ngqika isele kwa-Nyútú,
Kuba kulap' imixák' ikóna.
Ingcamb' enongwe ibéke emagqabini,
Umpofu wakwa-Meva,
Uziduli zimdaka, zingaba mhlope zifudukile.

EZIKA-BÓNTSI KILASI, um-Qadi.

U-Sotewu ka-Kilasi,
Inkab' ekuqalisw' ukufakwa pámbili,
Yabe yakátáza emva.
Undigqite ebúlorweni ndasentanjeni,
Undibe ndasentanjeni nasezadungeni,
Kuba yintw' ejwabu linamandla linomzamo,
Liyakuze limbúlulwe mhlana yalúswayo.
Uduma njenganyamakazi,
Ubatsho bonke abantwana bezikóva,
Kwade kwakó nodumase lwentloko.
Upéleka u-Noqúla aye ekáleni,
Udel' ifusi engalilimi.
Uqaqa walibambá ngempumlo,
Uti lotinina ukupéfumla.
Uti-na akupátwá mkónto ukuya e-Ofisini,
Opét' umkónto seyiligazi?

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-MAGADU QASHANI, um-Qénebe :—

U-Ngindoyi ka-Qashani,
Asimbóngolwana ukutánd' icuba,
Ipáng' egwadeni yapáng' entshongweni.
Into etshaya ngesigodlo esilujiko,
So-Nomaxenge somka-Mabombo.
Andikufatya noko ndinenqayi,
Kuba zihleli intlafuno zam zombini.
Umsaŕi wentsipó,
Ebebuyekela ntonin' utywala busahleli.
Umabáso ebékile.

EZIKA-GONYELA MPETÚ, um-Nyele.

U-Jam' enkungwini ka-Mpetú,
Isacólo esibomv' esinditshis' engalweni,
Into emxák' uroqozayo kuba umnye.
Kubuhlungu ukuvinjwa ngumyeni,
Udung' ungayitshisa nendlu yodade wenu yo-Nomgadase.
Unding' ungabeta lantak' ihlungulu,
Kub' ixwitwe amanqina siyakuwapéka.
U-Jengqane, ukáb' izikotile,
Usabela uyabizwa kwa-Matóle,
Akubizelwa lutó ubizelwa *ukunqin' umpefumlo.*
Untaba ka-Centane neye-Mpetú,
Zipáhl' i-Nciba ngamacal' omabini,
Ukuba ngabantu ngezikwéletelana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-KWAYINTO DIKE, um-Nyele.

U-Gungxungxu, uhla nampundulu
Aze kuyenz' indoda.
Udaka lwenkomo lungena ngesango,
Uso-Ngqingqilizi, untsundu enomkitá yasema Nyo
leni,
Untsula ukupámbana kuyenzakala.
Uqéya elimdaka,
Usiya ngahlamvana kulo-Mbómbó,
Uva kutiw' umzi ngowamankazana wo Noposi,
Kuba yintw' elunda lisemagxeni,
Elabanye lisentanyeni.
Ukánihlale nani maxégo,
Intloko yenja ayikavutwá,
Kusapéndulwe imihlati yomibini.
Unyebelele njengamhlangala,
Ummango we-Nciba li-Dalasi,
Ujanyelwe li-Tánga no-Tshikitshiki.

EZIKA-DIKE TSHONGWENI, um-Nyele.

U-Sitemele, unqwelo enqukuva yama-Jamani,
Into emzi usegageni siwoyikayo,
Kwanga akwaluke yena umnumzana,
Umakúl' ejwaqa kwimazi yakwa-Tyála.

EZIKA-NGOLOTI KÓNCO, um-Giqwa.

Ujwaqa wendlezana, kungazali neselwa
Bekutiwa unenkomo, ungaba ngu-Mapisa,
Ungaba ngu-Dunga, ba[illegible]i-Kwelera balijikeleza.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumalūsi wenkomo zika-Hali,
Ziya ngokusela kwelo-Mtómbé.
Uzinqinile inkomo ze-Ngqoko,
Ziyafana nezase-Qonce.

Ezika-Magugwana Tétá, um-Bamba.

U-Sotántasa, uqutu lihlabayo,
Umzi ka-Tshongweni umel' isihlontlo,
Kuba umele oka-Tshongweni noka-Nkonki.

Ezika-Rangayi Ngcelu, um-Vala.

U-Gomba, u-Nqoloba,
Ukuze kudlan' ama-Ngqika nama-Ndlambe.
Utshaya elimapepa elitshaywa zintombi;
Usibinza ngamkónto kuqauke uluti;
U-Gobogetye into ka-Malambile kanti umitísile,
Ulisiko lomntan' enkosi ukwenzakalisa.
Usihlangu gudlana neseny' inkosi nesika-Hlehla.
Sati esika-*Ludidi sabuya* ngomva,
Sati esika-Hlehla sanqatuk' uboya.
Mbángempondo nasegwanisheni,
Ncáml' ucingo intsimbi ayitándayo.

Ezika-Dyantyi Nyati, u-Mkúmba.

Utshay' engcangcazela,
Intonga ya-Maqwambi nama-Kúmbeni;
Uncóla njengazulu mhlana lilwayo,
Ilitye lam lokupép' umlungu;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Undlovu ziyemka zicand' ulwandle,
Umazibuye sisik' imixáka.

Ezika-Somana Hlanganise, um-Jwara osisibonda sase-Gobe, noyi-Sajini yamapolisa kwa-Centane. Ngumpákati omkúlu kulo-Mbómbó.

Inkos' am yinto ka-Hlanganise,
Ngu-Bál' iqinga elona gama lake,
Ujalis' izibonda adalwe nazo,
Ucango lokuval' e-Ofisini.
Liroti elitetayo,
Lilwa ngomlomo izikáli zibekwe,
Bavel' abadala ngokubulela,
Bati, Camagu ! bawo.
Ngu ramncwa liliwa ngamaqinga ;
Uz' ugcin' abantu ngabakowenu,
Ungapúlapúl' indaba zemizana ;
Banga bayadela babuye bakólwe,
Ukuteta lilifa, kuteta okudala konyokokúlu.
Vela bacunuke,
Bapos' *impandě* apo abehleli kóna.
Rámnco lingangenwa sidlanga ;
Ntw' efanelwe ngumkosi wengubo,
Mhla ngalembiza yo-Msimbiti.
Cánt' elinetómbo,
Libonwe ngabafazi bepángela.
Banyangeni nibabúle ngemiti,
Bakuzala bangapáti mntwana.
Ndinik' ipolisa ndicand' ulwandle,
Ndinxámele ukuya ku-Nkosazana,
Ndiyokubik' usapo luyalamba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Mna andinqonywanga kulo-Nontsentse ;
Ndlov' emboko yasema-Jwareni,
Bati beyibinza babe betándaza.
Gweba wentsizi,
Azi olu lwam lumsinda nganina,
Engumfihli wamahlazo asebantwini,
Liti nehlwemp' alisikele imvaba.
Nkos' am yentombi *yakwa-Tángana* ;
Mbongi zinocúku,
Imizi yabantu ziyayipámbanisa,
Baw' ondizalayo.

Ezika-Ndamase Somana, unyana wakė omkúlu.

Unyana wenkos' am ngu-Sigwinta,
Nguzwe lendlovu,
Into eyeza ngebúloro mhlana yawela,
Weza ngomva owasema-Mfengwini.
Liramnco elinyawo zinentsente,
Ugqit' emkóndweni ngati yinamba,
Umngxolisi wezulu liduduma,
Ati, "maligqite libéke kwa-Faku,"
Apo kudliwa ngendeb' endala,
Kant' eminye imizi iyamshwabulela,
Iti, "Lo wakowenu, wasema-Jwareni, niwushiya nganina."
Kwadliw' inxenye ngempi ye-Zembe,
Nize niziqúba ngo-Ncha-Yecíbi,
Wabaleka umzi way' e-Nkonxeni,
Wancedwa yincwadi ka-Tshaliti.
Zulu lakėdama kwakuf' inyamazo
Niyawabon' amafu lisibekele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kutiwa pénd̀ula bayep' abatsha ;
Ke ! kónzis' abantu bengamvumi
Ukónzis' abantu beziny' imvaba,
Kanti bamkónza benomkánya.
Inkwenkwez' azivumani nelanga,
Ziqel' inyanga into ezihamba nayo,
Ilanga ziyaloyika ngokuba shushu.
Iba yinkungu imvula ka-Ngqukumbá ;
Elityala liyonakala linamagqweta ;
Lakufa ngamazantsi kusal' amantla,
Nigcin' ijaji mhlana ifikayo.
Ungene ngebáyi owasema-Mpondweni,
Kade usihleka ngo-Ncha-yecíbi,
Uti, " sizigqib' amandla ngokuzalŭsa,
Koze kuvakale mhlana ungenayo."
Ngu-Mshicileli elibizwà ngemva,
Ushicilel' imizi nengapámbili.
Ke ! nto zonke zibuhlung' ebantwini,
Ke ! nkumand' ise-Bhayi nase-Rini,
Iva kutiwa ama-Búlu ayabinza.
Ke ! nkos' am, ke ! ngqombo ka-Somana !
Ke ! nakaz' ebomvu !
Nkomo zimnyama zama-Ránuga,
Ke ! nkos' am yentombi ka-Bósisi !

EZIKA-NOTSHINTSHI, umka-Bavuma Mbándazayo wasekunene.

U-Tshaya futi, usongel' ihlati
Ati, " mna andikutéza, 'ndikuk' amanzi,
Indoda yam iyalinda,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Andikutand' ukuhlala ndijanyelwa."
Lihash' elidl' inkunzi lase-Mncwasa,
Lidl' o-Rhayi no-Mókwana,
Abant' ababemzeka.

Ezika-Dumiso Somana, unyan' omnci ka-Somana.

Kwelicala lingapa yi-Daymani.
Hashe lepolisa lima nentambo,
Liyawafun' abantu abangenamali.
Rafani ningashiy' izinqindi ;
Nkomo zinani zakulo-Noqala ?
Zizala ziwahlab' amatóle,
Kanti ziyapúnz' ezakulo-Nozinto.
Rólani umkónto niy' egqireni,
Kungahlatyw' ibulawo kumzalwana.
Zul' alimitisi no-Tikoloshe,
Kub' alitsalwa zinkab' ezine.

Ezika-Mhlabelo Nhonho :—

Bosmani, nkab' enamandla yetsal' emva,
Msukungqung' umhlab' usatetwa,
Incwadi ziyahamba ngawo lonyaka,
Into zentliziyo akupikwa nazo.
Kunconyw' amasi kowakwa-Ngqika,
Nakwelizwe umhlab' uxinene,
Ungaligqib' ilizwe ngamaxóbongo.
Zwe lakó limagad' ahlabayo,
Simbá mhlabeni kuvel' amanzi.
Unxamel' ukuvel' eluhlangeni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-BANGILIZWE NDUBATA :—

Uyawubanga lommango ngowakė́,
Uti tė́tấni nindinik' ububonda,
Ndoma ngo-Macibe ndime ngo-Gqubu,
Ndoza ndibushiye mhla ndimkayo.
Intw' edal' isikofu ngati yimvula.
I-Tabasa lelika-Matấnzima,
Wagxot' u-Nonesi ukuz' avakale,
Yinkunz' ebomvu empondo zinegazi,
Ibaziwe ngabasema-Jwareni.
Ziyahlab' ezakulo-Muleka,
Zitshiseni ngexolo zidangale,
Zinxấmel' ingozi ebantwaneni.

EZIKA-LUKÓ́ZI NDENZE :—

Uqolo limhlope lenkom' enkone,
Unyonga zimnyama zenkom' entsundu
Lumkan' izizwe zilumkile,
Zibonel' ukulwa kuka-Mhlontlo,
Abanumzan' ukusal' eqoqweni.
Akusapė́kwanga kulo-Kű́lapi,
Kusweleke nembiz' eseziko,
Kupė́l' ukulala ngamat' entamo,
Kukấngelw' ilang' ukubalela.

EZIKA-SIZUNGU NGIXI :—

Ntaka zinyamasi zingenankomo,
Aniyibonin' imitsheko ezintsaseni.
Umntan' entombi udla ngokuba nocấku,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ize nimsoke mhlan' apúmayo,
Niyambonan' ulil' ekédamile,
Uti, "andangiwanga mhlana ndafika,
Ndingumntan' entomb' ezifungwayo zakulo-Ráta."
Hobekaz' elakála ngentsasà.

Ezika-Maqwará Rádu, um-Nzoto :—

Zwe limhlope ngamaxálanga,
Eva ngomoy' amahash' ayagula.
Ntini ziyafana ngoburalará;
Ngusaqaukel' isabókw' emhlana,
Lisiko labant' abatánd' imali.

Ezento ka-Gola :—

Nadopu ka-Gola, hobe lamhlambo,
So lam kade libon' izinto,
Labon' inkumanda ngo-Mlanjeni,
Labon' inkumanda mhla ngalemini ngesiyikili.
Ibe kwa-Centane ngo-Ncha-Yecibi,
Mhla ngalemini kwaf' ama-Zandi,
Ngalemin' ama-Ngqik' asiyekela.

Ezika-Simayi Dyopi :—

Zulu alidumi liyarángaza,
Cánti liqalile asinto yalutó,
Kade siloyika singabantwana,
Loyisiwe yimiti yakwa-Tshaka,
Ngoku selimetshwa ngamadodana.
Ntlombe ayifikanga kwam'-Mandishe,
Kwa-Ndubungela kuhambelan' inzip' emnyameni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-PATULENI MKWÁKWI :—

Bé́xesh' ilanga,
Nyang' inesanqá ilizwe liyafa.
Sixó́bo esintulo ziwasakazi,
Ngqang' ayaziw' ap' izalela kó́na,
Kó́zo ludl' inkuku.

EZIKA-LUBISI TINYANA :—

Qeqesh' itó́kazi,
Gusha ziyafana ngokuba mdaka,
Nabazaziyo bazazi ngopau.
Seng' engxengela, nkomo ziziqáka,
Mvab' itw' amanzi,
Iyakud' izale onojubalalana.

EZIKA-DYARANI MANGE :—

Mazi yehashe ihamba netó́le,
Nkom' inan' ingasengwa sigqoro.
Mncencesho, mbíwa ngababanjwa,
Ajik' i-Qonce alingenis' ekáya.
Tshoxa lindawonye no-Mgqwakwebe,
Ukuba ngabantu ngebevisan' indaba.
Ndlazi zingxola zililisela.

EZIKA-NOMENYUKU DOSI :—

Ntak' etánd' intloya,
Mazi yebó́kwe ndiyincamile,
Nangon' inamasi kuyangxengelwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Notsekwa, nkulu eyanyisa ngetól' elinye,
Amatól' agqitywe ngumangolwane.

Ezika-Sabisani Joji :—

Nkomo zentsabo zem' edotyeni,
Zabonakal' ukuba ziyasukelwa.
Hlungu elinofafa,
Lipindeni liyawapándl' amatóle.
Umntan' onamandla ngowamatúmbu,
Uyafana nomntana wokuzibula
Ntengw' edl' umsi.

Ezika-Jentimani Kóki :—

Ndiyabudel' ubutyebi bomlungu,
Bukólis' ukuhlal' ebúlukweni,
Uve sebuxelwa ngamakúmsha.
Ilitwā kuyafana nomkólwane,
Kwahlukene ngebal' eliseqolo.

Ezika-Waqubuda Makeleni :—

Inkaw' etánd' umbóna,
Ide yabaleka yay' epémpeni,
Bayepin' abant' abazilindayo ?
Ke ziyalamba !
Aniwabonin' amapángw' ejinga-nje ?
Nalamatyongwana zingqibile.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-BÅNTOM MFALA :—

Ilung' elimnyama kukútúka,
Sitsil' amatḗ inge yintw' enezinto.
Hlolela ngemal' izikåli zihleli,
Kodwa lemal' iza kubadukisa.
Bendib' igqobóka yinto yalutó,
Ndifike lincwåba ngo-Mgqibelo,
Seligcin' ukuzuz' umpḗfumlo,
Ndipånts' ukuzinyanga ndilahl' imbóla.

EZIKA-SIPAJI NGQONO :—

Bapḗlil' abafaz' abanempundu,
Aba sebencedwa kukwalasela,
Babînq' izikåka ngazibini.
Ntomb' aziqosheli zakuv' indlala,
Zima *ngezica* nasemadodeni,
Elixḗgo libi ngamehl' ukukútúka.

EZIKA-FOLOSI BÅLA :—

Ntaka zimnyama ngonomyayi ;
U-Mbómb' unamandl' ukunyang' inkumbi,
Uxakiwe zinkumbi zalonyaka,
Makaxḗl' aguqul' itóngo.
Ngafak' isabókwe ku *xukazana*,
Lijalis' abafaz' abatåndwayo,
Liba ngaxḗntsa lihlab' *umřula*,
Kanti linqatyelwe kukumbúlula.
Intsikiz' ilila ngoms' obomvu

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-DAWOTI MDAKA :—

Xák' elinengqwambá,
Akuvakal' ukuza kokwalupála ;
Gcin' inwele umtélekelelo,
Zingaba mhlopé seluyindoda.
Umcel' uyatyiwa kwesa-Mampondo,
Kuze kungonakali lutó noko,
Sifumana sizimosha ngenyama,
Singabi siyawutya nati njengawo.

EZIKA-SIPILI NDUBATA :—

Mgqak' ofaniswayo,
Kanti esinqeni ufana no-Vani.
Púngulan' inxenye kumakánkatá,
Inxalenye ngawasemlanjeni ;
Mbúlulani nindishiye nelizo,
Into zonke ziba nkulu zibenje.

EZIKA-NGANKUNZI BÉNE :—

Uhulekazi *elitshinwa* ngumbane,
Bati bakulimetsha baf' ubudoda.
Hlamba kwakiwayo,
At' akukumita-mntu ngamanzi.
Nonyak' amagqwirá ahamba ngegunya,
Ava kutiwa igqira liyabanjwa,
Nakón' ezingunya nge búlankete,
Akubalek' azishiye kwakuhlwa.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Waqúntuza Faleni :—

Lisiko lezimb' asint' ifanayo ;
Xégo lemfen' ukupat' isitwayi,
Kuba selibulal' omamenemene.
Golo liyavimba,
Baxwebil' abant' abahamba nalo,
Anibonin' impundu zimdaka,
Liqaba lodwa libe yintw' ebomvu,
Ngubo zamanyange ziyimigqweta.

Ezika-Sotsala Tewu :—

Pila ngamagqabi inge yinyamakazi,
Mhlamnye ngelanga lika-Qilo,
Mapándlwa yinkang' efun' ubusi.

Ezika-Magogotya Moni :—

Ngungaqal' ukwenjenje agogoty' alahle,
Gama lemfazw' asint' ipélayo,
Púlapúla kwabase-Mamfengwini,
Ligama lalemin' acitwa ngu-Tshaka,
Ngal' inesidiya.

Ezika-Zimetsha Huke :—

Izimb' elilubélu,
Zinelishw' intak' ezidl' inyama,
Nditsho ngontloyiya namahlungulu,
Bazibeta bezipós' edotyeni.
Ifa lenkataz' asinto yalutó,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lidla ngokuzuzwa ngowamatúmbu ;
Qutú elihlabayo lasema-Tshaweni.

EZIKA-BÅVUMA MBÅNDAZAYO (imbóngi).

Udubul' i-Xesi, inkung' evel' e-Tyara,
Yafik' elwandle apá yacitákala yadal' umnyama.
Sixakiwe sagqitywa ngumlungu,
Usivimb' ilizwe silinqwenela.
Sixakiwe sagqitywa ngu-Bókolo,
Umntan' olahlwe zizinci zakowabo,
Ulahlwe ngu-Mcóntsi no-Matyeni ;
Usuk' u-Mcóntsi wasing' e-Mncwasa,
Usuk' u-Matyeni wasing' e-Ntlonyane.
Inkulelwane yomzi ka-Njodo,
Umxéli wabókwe idik' amadoda.

EZIKA-GONIWE MBÅNDAZAYO :—

Uso-Ntlolontlolo, ubálwa zintsasa,
Umaqab' imbóla imvusel' ububi,
Undiyekeni ndimke nomlambo,
Untam' ingacilishe litwél' elinye ;
Idad' elimdaka,
Likólis' ukuhlala ezizibeni.

EZIKA-NDABANGAYE BÁVUMA.

Yisilafa yenkomo zomlungu,
Uzuzisel' imbila,
Ibiya kuzala kade kub' isetyeni.
Táf' elima-Ul' ahlomkisayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-NTSONGA MBÅNDAZAYO :—

Qóshʼ inqinana,
Usayama ngasundu lihlabayo.
Ixégwʼ ebesingaliqondʼ ukuba liyacola,
Sesibona ngelindlʼ ukucoleka.
Umasimke siyaqalekiswa.

EZIKA-NONKABI, umka-Bâvuma omkúlu.

Uténgwʼ enebala,
Intsundukazi yakulo-Kâla,
Undaténgʼ umntu kuténgwʼ imipu.
Ucezʼ esaliwa,
Uhlonipisʼ intombi zakowabo.
Kângela-ke umhlabʼ ubolile,
Kukâla abadala, kukâla abatsha.

EZIKA-SIGODO MBÅBA, unyana wodade wabo.

Jongwa yiŕafu, nkomo zizingcwengo,
Inxalenye zihlala kwa-Matshinga,
Inxalenye zihlalʼ esiqitini,
Zemka no-Feni mhla wawela.

EZIKA-MAKELENI MCÓNTSI, umninawa wake.

Gqota wepóndo, seme limhlope ngocabanga,
Mti mkúlu wakulo-Yaké.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezika-Dolopu Mcóntsi, umninawa wakė.

Iw' elibomvu eloyikwa zimfene ;
Langa kókelwa ngums' obomvu ;
Gusha mazisengwe,
Sibonele *kwabase-Ntla-kwendlela.*
Bantu bamanyange ngamaxelegu ;
Ngwevu zalwa ngomtúbi wenkomo ;
Losibekela mhlana upúmayo,
Kuw' amaqabaza kanti uyasokwa,
Ngumntan' entombi yasema-Yalweni.

Ezika-Saqwíti Magele :—

Inkos' enamandla yeyomlungu,
Kuw' isitónga max' ivukayo.
Zulu lehla ngomti ka-Nishini,
Umt' osenkundleni kulo-Yocose,
Umt' ote ukuwa wabúkuqeka,
Zasuk' ingcambu zabéka kwa-Tshaka.
Gomb' itámsanqa,
Abe esenzel' usapo lwakowabo,
Olwama-Zimshe nolwama-Mpinga.
Zatsho ngentshol' intomb' e-Mtónjeni,
Zazingqungqel' intonjane yendlala,
Ukuz' o-Ngqwaru basing' e-Mncwasa.
Mkónqo njengelanga,
Saluka ngembálel' axelis' uyise,
Mhlamnye ngelanga lika-Daza.
Yekan' i-*Gosi* ningalihlahli,
Yinqaba yetu mhla kuyayo,
Oz' ama-Nala ahlale ku-Masentse.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Unavuso ngenkomo zokunyanga zo-Nobutó,
Uz' uzigcin' ezakulo-Ndevana.
Ke! zagwityi ngumnqini wentaka,
Mntan' am wentombi ka-Mbóla.

Ezika-Nobála Mbúnye, um-Bomvane.

U-Tixo akavunywa ngabant' abamnyama,
Kanti bayamazi ngokutímla.
Ntombi zama-Mfengu zinemibáco,
Zibonele kuzo nezama-Xosa.

Ezika-Nabútse Funo :—

Ntsimb' ehlokome ukuza kokusa;
Kampu zipélile yeka-Molose.
Bendib' u-*Cwebé* yinto yalutó,
Kanti lityólwana lisetáfeni.
Mna andingenanga ngo-Ncha-Yecíbi.

Ezika-Bátateni Mntsele, um-Ngqila.

Mbulali wesikóv' esinendlebe sase-Matónga,
Siya ngokuhamba nase-Mawela.
Fubesi lalil' emaxántini,
Ntak' inani ingehlisi butóngo.

Ezika-Veldtman Mqobi, um-Ngwevu.

Gama lama-Mfengu ngama-Ranjana;
Nkumanda yehla ku-Manganyela.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yatimba yahlal' esihlanjeni,
Kwezama-Dingata nezama-Rási.
Mntana *wexwará* usiténge nganina,
Kwakumnandi-nje ukuqalwa kwemfazwe,
Ngalemini yase-Gwadana naku-Mpulusi,
Ngalemini samgxot' umlungu ?

Ezika-Zikampu Mayifele, um-Bomvana.

Mahob' ukwakéla pézu kwamanzi,
Zungul' ilizwe axele umnyămá.
Nkomo zaselwa zatshon' emvabeni,
Tétél' esiswini.

Ezika-Tolofiya Melitáfa :—

Zwe latsha lingatshiswa mlilo,
Litshiswa lilang' ukubalela.
Zub' elimdaka, matúnz' entaba

Ezika. J. K. S. Ngemane.

Ufaf' olumadolo luka Khalo,
Inkomo zemvaba zika Hintsa,
Isizukulwana eseza kwelilizwe
Simbála sizidlubu
Ezaqhuqhwa ngama Xosa ;
Kuma Xhosa engu-Malibenje,
Enamhla selencuma namakosazana,
Intombi zenkosi o-Nothouto,
Ujwaqo wobhityo yinile,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukulala wedwa kuqungquluza ;
Kumnandi nibabini.
Ikikayoni yemitinjana,
Gqezu ngeso, tya ngoshiyi.
Badla emini emyezweni,
Bandizalela u-Dlamini,
Igama yaba ngu-Kekani.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imbongi Yakwa-Gompo, Nabanye

EZE-"ZWI LABANTU nyakana laqal' ukuvela ngo-
Nov. 9 1897. (Ngu-Ntengu).

Huntshu "Zwi Lahantu!" Huntshu "Zwi"
ndini!
Mbúmbúlu epum' empefumlweni,
Yanga yintaka epum' emafini,
Pakati ko Gompo ne Nxaruni.
Bada behla nabasezintabeni,
I-Bhayi ne Tinara kuyasekelana,
I-Monti ne Qonce kuyatelelana.
Ngowoshiywa ukuya kwa Mzilikazi;
"Ilizwi" ngumninawe wezi "Mvo,"
Nditsho kuba kuyalekelana ukupum' emntwini.
Hamba ke "Zwi Labantu," siyakulandela,
Hamb' uye kusibusela ema-Bhotwe.
Abantu bendlala bano mona,
Kukuhlala kwabo ukulandul' indawo.
Umnt' onelifa ngowamazibulo,
Sebeya kutinin' abez' emva kwake?
Lilishwa kona ukuba nomona,
Wakulumkel' ukuba nezandl' ezinetyala;
Umzi we-Nkosi undinqabisele,
Ukumis' umsengi abe yinjoli;
Ugqib' izadunge akuw' ilanga,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wada wafika u-Matiwana ne Ngwana,
Kwanga kungen' u-Jemsana e-Transvaal ;
Zagqum' inkanunu, zaqûm' izindlu,
Waz' umsengi eno sitebelele,
Bamangel' ukugoduka, sebezokubizwa ;
Wapel' umzi ngu siswana-sake,
U-Maqaqana azikót' imihlana ;
Abakowabo bati yi nyengelezi.
Hamba "Zwi Labantu," usikónzele,
Um-Xhosa nom-Lungu makuvisisiswane,
Mazikandwe izikáli zibe ngamakúba.
Ingwe idla ngamabala ayo.
Abafazi bashiyana ngokupéka :
Huku ! mlisela ndinivulile ;
Mna xégwana ndiyabulela,
Kuba no Landipasi akabulalanga nto ;
Inkomo zam ndazigqiba ngokunifundisa,
Intonga zam zilele nakowamatúmbu.
Intsimbi enamandla yi ankile,
Ibamb' inqanawa kwa vokotéka,
Yada yanga ikúleke itole.
Hamba "Zwi," ungamshiyi u "Mvo,"
Noko ekukányela niyazalana ;
Kuhlala komninawa ukujanyelwa.
Ngu Mafungwashe we Ntombi zika Pálo,
Bada bamsondeza nabakulo Tato :
Taruni ma-Hala sinijongile,
Sizakucela amafusi okulima.

University of Fort Hare
Together in Excellence

UMANYANO

(Ngu Tulwana.)

Taru Mhleli ngesitúba,
Sezi mbongi zamawetu,
Ndinazwana kwesifuba,
Lingávusa nonenkwetu.

Andimbongi ndingumfana,
Kódwa 'mazwi makagqalwe
Ut' umama ndilusana,
Wat' awami makabalwe.

Kutwa "Izwi" lomanyano,
Zizirófu litiyiwe;
Lingenis' imvisiswano,
Kwinto ebezicitiwe.

Ke zifuna esikiwe,
Amadoda anengqondo,
La atanda kweyisiwe,
Nobudenge bama-Mpondo.

Okunene kukwidabi,
Kuba nawe ungabona,
Xa indod' isuk' igqabi,
Iti "Izwi" lelo mona.

Kunganina "Zwi Labantu"
Lento ngat' umagazana,
Azikabi nabutúntu
Ezintolo zegezana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ke mntakwetu " Imvo " nayo
Ngezikhali yayibinzwa,
Nab' o-Mona abonayo,
Babesiti " ngeyihlinzwa."

Mona nawe zivelise,
'De bonwabe nabe " Rona " ;
Bade nabo bamnyelise,
Low' ufukame u-Mona.

Kekaloku umanyano,
Kwizidalwa lungamandla,
Lupelisa urenyano,
Nomimona nokuzidla.

Amapepa et' endaba,
Ngemanyana ngomsebenzi,
'Kuz' untsundu kulomhlaba,
Lunga galelwa ngamanzi.

Nditi kuni bakwa Palo,
Nditi kuni bahlel' e-Mbo,
Manyanani ngokúlalo,
Kuze nenze ibuyambo.

Manyanani nge "" Labantu,"
Manyanani ngelo Tixo,
Manyanani ngokobuntu,
Umanyano sisitshixo.

Umfundisi ongu Gwayi,
Iminqantsi wayinyuka,
Wazimanya ke indwayi,
Ngobubele wazibuka

University of Fort Hare
Together in Excellence

Oka Soga ke unyana,
Injubaqa wazitanda,
Kunje nale Biritana,
Ngomanyano iy' isanda.

Lent' induku ayimanyi,
Lent' utywala iyehlisa ;
Lent' umona ayimanyi,
Lent' ikwéle igxekisa !

Msukumhleka umzalwana,
Noko ngat' ulahlekile,
Teta naye njengo mntwana,
Noko ngat' "uqékekile."

Unga funz' amapolisa,
X' umntakwen' asisinxhami,
Ungahleki xa ifisa,
Zimgulisa ad' angemi.

Lim' umhlaba ungakwíni,
Bek' umbuso litsho "Izwi ;"
Nik' imbéko kongu Kwini.
Xa une "Mvo" lipi "Izwi ?"

Qwalaselisa inkumbi,
Ne korale zobunzulu,
Imbóvane kwane ntubu
Ziyateta kwizithulu.

"Umanyano !" zitsho zona,
"Omakwéle mabapéle ;
"Uvelwano" litsho lona
"Izwi-Bantu," sinityele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

INCAZELO.

IVESI 1. *Kwesifuba*—kwesisifuba, entliziyweni. Inkwetu, (*scales*) zobudenge.

IVESI 3. *Isirofu*, idlakudla, umphangi.

IVESI 6. *Magazana ;* kaloku ibala lelipepa libambe ukuba bomvu.

IVESI 8. Abe. "Rona," abatunywa bevangeli.

IVESI 13. *U-Gwayi*, ngumfi u-Rev. Gwayi Tyamzashe, umhlahli wehlati lobumnyama e-Daimani nase Spelonko. Umfo ongqondo inzulu kwi "classics." Indwayi, impanza ezingena Tixo.

IVESI 14. *Soga*, u-Rev. Tiyo Soga, umguquli wo "Hambo lo Mhambi," *Injubaqa*, abahedeni. *Biritana*, i-Great Britain.

IVESI 19. Korale, *corals*.

EZO-MHLELI WE-"ZWI LABANTU."

Umnumzana otshaya nge matshisi,
Kant' abanye basaqwit' ezidosheni.
U Ntambula yagungq' emlungwini,
Into enzipo zimnyama kupánda uhlanga oluse gxara.
Inkunzi ka Jebese iyakwazi ukuhlaba,
Kub' ihlab' esidulini zatshona impondo ;
Inxeba lise nyongeni ku Nompalweni,
Silibone lemini kwaliwa kwa Mngcoyi.
Napakade ndingayi no Gqirana
Ndibuye endleleni ndimlandele.
Zalahleka ifolosi zombini
Sada sapánga ku mkokeli no Mbéxeshi,
Walila wancama u-Tshemese
Umlung' oyi Mantyi e Qumra,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Esamdala emini ngo Ngcayecibi.
U-Gola unetámsanqa nelishwa
Akabambanga mntu ngo-Nongqause,
Sipelile isizwe ngamagogotya,
Sezipambili incwadi kwa Lutúli,
Kẻ zatyilwa endleleni kwa Komanisi.
Qipú zahlonipana indlovu zo Soncibashe,
Yasuka encinane yateta ngocúku
Taruni mabandl' e Nkosazana.
Mna ndingu
MDAK' OMNYAMA ONGEVI SEPA.

NGU-BOTA MHLELI !

Sisahleli ku-Gatyan' one nkomo !
Sisacópa pantsi kono Feliti ;
Sisabuk' ukuza kwendlal' emzini :
Zapel' inkomo yint' ekade ndinixelela,
Lapel' izimba zizibotwana.
Azi wovelan 'ose Kapa nge qinga ?

Ndipumel' imilambo ndasing'e Bisho.
Anditetang' endleni ndibon' inkomo,
Kuba mna bendicing' intshabalalo !
Kanti kona akunjalo kowase Mlungwini,
Kuma kwex 'ako Nibe Gqamana Gqoji ;
Ndifik' inyam' igcadwa ngo kánjana.

Ndifikil' andizange ndilibale
Kuzol' endifike ndakubona namhla,
Kub' ibingemz' udla ngokú zola ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ndati kwenz' ukuba namhla ndifike nge " *sonto*."
Afikile won' amax' embédesho,
Yeka imidak' ukuxananaza.

Ndixákazele nam noko ndisozela,
Ze ndinga pósani ne ntsikelelo ;
Yeka ! Kant' *umbingelel'* uhambile,
Ndihlelinje asinto ke ndayilibala
Ukugatyelwa ngedyokw' entanyeni !
Ndivuy' ukubon' umlisel' e Caweni.

Kanti kowa kon' aku kabikó lutó,
Akubonanga nto *emalanga !*
Nyalulu ngenxa zonke kwanga kupúma impetu.
Yek' idyokwe yabuye yakwela kwase ntanyeni
Yekis' ukubon' owabo nomtinjana,
Yek' ama túng' ukuzal' omabini.

Hai ukungabon' ingwevu nengwevukazi
Maxég' alomzi afudukela pi ?
Zese kusal' umlisela nomtinjana ;
Singis' amehlo ngase Pakeni,
Ubon' itabanakil' yama Wesile
Ingaba mhlaimbi zobak' ingwevu ;

Okanye púmela kumzi wo *So-Tshalisi*
Zufik' ubon' uluhle lwama doda,
Ama Ntinde kwanempi yase Katala ;
Kuba lomz' i Tshatsh' udume ngobudekedeke
Kanti akunjul' ungadubuy' umalana ane,
Ingcob' ikona nono zal' abantwana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lafik' ixa lasemva kwe Sopólo,
Sibuye sapinda say' etempileni ;
Sifun' ukuze sicel' ubutóngo.
Hai isitózela sobuko bombingeleli
Kwanga kuncotúk 'into ezintlafunweni,
Kanti' dyokw' iyakuba kwase Ntanyeni.

Hai ukupóswa kubon' amany' amahlelo
Azi yofika nin' imini yendibo,
Xa lisa buy' iroba lisandiseka ;
Sang' isilond' asingandi, kuncip' inqekeko,
Ukutsh' andimfo wakugxeka,
Koko ndibetwa lusiz' entliziyweni :
Bota Mhleli !

Ndivuke kusasa ndabon' umzi we Bisho,
Asinto ké ndateta ndise lengalengeni,.
Ndise lengalengeni kwezo Donyana,
Ndingazi pambili zoze zingen' imfene,
Nditeta lomzi ka-Xiniwe womdaka,
Apo ndilele ndazambazeka.
Bota Mhleli !

Ndomulile kunge kud' ukugabuka,
Ndapúma ndaya kubon' umzukúlu,
Umzukúlu ndite ngowento ka-Jotelo ;
Abo cingo bat' ukumbiza "Dilizintaba,"
Dilizintaba az' udilize yipina ?
Yanga yintab' obudenge kuma-Xosa.
Bota Mhleli !

Ndilubon' unqwakunqwak' ema-Jwareni,
Ndihlelinje hai ukutand' indaba,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nditatwe ndasiw' elengalengeni,
Ndat' iyawa yini bafo base Qonce,
Anibant 'ukutand' ukuhlala pézulu
Azi kunganjanina nikwa Pálo ?

Bota Meleli !

Sixoxe nge-" Zwi " sisiy' empoliseni,
Watet' umfo wang' uvumisile
Kub' uhlab' asentloko kum esiswini,
Utsho kwapúm' ityéneba kwapel' ibóngo ;
Sibuy' empoliseni ndiyi mfakumfaku,
Hai xesha elandipósana nencindi.

Bota Mhleli !

Kuba ngendiy' e Monti ndabon' ipepa,
Ipepa lomzi wase luhlangeni,
" Izwi Labantu " linge lamntu mnye,
Azi kwakuyà kuba njani kuno Nzinyana
Intak' entyiroz' isinqe somlambo,
Púm' ukángel' icwéba liyazalisa.

Bota Mhleli !

Andiva x' ut' " Izwi " ne " Mvo " kubambéne.
Asint' ikóy ' Izwi ' no ' Mvo ' ukubambána,
Kób' Izwi sigitshimi sengcinga pákati
Azi zona zingatinin' ukubambána,
Ndotúswa kubon' aba shicileli,
Asibantu boku kwéletelana.

Bota Mhleli !

Koko kuk' abafo ndibakálazela,
Aba baf' abanyal' ukubambánisa,
Ndiswel' isitshetshe ngendibapaula

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kanti bonqumam' ukugxabéle la :
Kunje-na yekan' i Cawa sitet' indaba
Indab' e'caw' asoze siyigqibe.
Bota Mhleli !

Yoyise nezi lumk' abase mlungwini,
Yekani bafondini sitet' indaba,
Yekani i-Tiyopia nayw' ifakelele,
Asint' ikóyo kodw' ukuti yi-Cawa yohlanga,
Kuba nay' ifik' emxukuxeleni,
Yofik' ipúmele ngelay' izibuko.
Bota Mhleli !

Yekan' ukukáb' ilela yosiwela,
Yekani sotinina nisi wisela,
Kuba yon' imipezu kwe ngxondora,
Asina kofoti zokugengq' amaqósha
Nama viti okupúmel' iziziba,
Yekani bafondini sotshabalala.
Bota Mhleli ?

NGUMZ' OGQIBE AMADODA.

(YIMBONGI YAKWA GOMPO.)

Nditsho ngomzi wakwa Cúngwa,
Ndit' ugqibe amadoda ;
Kub' uqale ku-Rarabe
Ilandela yi-Ngilane.

Ngumz' ohlonela inkosi,
Ume ezwini ngo komti ;
Oko lingu mteto wayo,
Id' izigwebe ngokwayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lomfo ligora liroti
Bumfanele ubukosi,
Ngu mis' amaza ngomteto
Ngu wis' amawa ngeliso.

Ngu gawul' umlung' enqayini,
Ngomteto kungenga nqindi,
Ngomp'unga ngumkwelelisi,
Wab' "ontlolela yombini."

Ngu Tiyoloji ayingqwaqwa
Ingeka bonwa kunxaxha ;
Nomfan' oqalekisayo,
Ngasese nguyen' ungowayo.

Lomhlaba uyanyikima,
Ndiyazi ke kodwa mina,
Ngumkónz' ulingene nenkos'
Izwe alimi yilonto.

Ngumf' obeka pantsi umkónto
Ngenxa yokub' uliyilo ;
"Nam lo namhla wondi binza"
Latsho mhl' avel' amagqwira.

Télekis' apa ke mfana
Kunye nale ke yanamhla.
Lomfo yingqondi, silumko,
Into mayivale umlomo.

Yindlov' epuz' awe-Xesi,
Etánga liku ma-Ngesi,
Equbha kweyo lwe-Sine,
Etemba li Pezu-konke.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngumzekelo nakwi ntlanga,
Inkosi ekwa sicaka,
Sicaka kwengu sombawo,
Ligosa kwe ngu Sombawo.

(YIMBONGI YAKWA GOMPO.)

Ngu mbóngi mazikwelelane, kuba zidla ngokukwé-
letelana,
U mbúmbúl' ecim' umlilo
U Gwala ngegqabi, ugombá nge qoqa,
Lufaf' olumadolo, ugxib' oluntshebe,
Umdak' onesidima, usizotan' umntan' enkosi.
Ndabut' enkundleni yento ka Anta
Ndine nkos' endal' u-Gonyelo ka Hintsa
Ndayibuza ndisand' ukuyibnza—
Ngamatshawe kwana makomkúlu,
Ngu Sigcau ukumkani omkúlu.
Ngu Ngonyam' e Mngcangatelweni,
Ngu Tini kulo Jingqi.
Lixónti kwa Sandile, ngu Matányeli kwa Ndlambe;
Ndaqal' ap' ukumgqib' u Matányeli.
Ngu zul' alidudumi yingwangqangwangqa,
U ndowel' u Mtata izulu liduduma,
Ndik' umhlonyane ndisimelele;
U tshwangutshwangu lambát' ingub' engwenya
Utshwangu-tshwangu lambét' ingub' enchawa.
U zitó zimagwegwe kukugwegw' izulu,
U zitó zimagwegwe kukugwegw' uhlanga,
U langa lapúma ndlebeni yandlovu
Laya latshona 'ndlebeni yangonyama. Nje bo!

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngu Sibékebá simbekile
Undidl' imfe zambini kwapúm' ikámbi lalinye.
"Jou sleg te deng"
Int' eyasizela nerafu singenamali tina Maxhosa
Tyapil' ibe kwa nguw' oqalel' ukuy' emfundweni
Iz' ibe kwanguw' oti yingeneni mzi ilungile.
Ngu kálima nge "Zwi Labantu,"
Ad' eve nose Mpelazwe,
Ukant' elak' ulifuyel' okomhla wogayi.
Int' eyasiz' umzi ngo-Ngcayecibi,
U Editor mayingabinye kulomzi uyintabalala;
Unto zalonyaka azinguye Nongqause.
Undiya ku Nondiza ngomfazi oqómfayo,
Ndiye kwi Mantyi ngomf' onyelisayo.
Undosenga ngokwam nonyaka
Ukuz' usapo luqélane nekáya.

ZITSHO NGANINA KE?

(YIMBONGI YAKWA GOMPO.)

Zitinin' imbongi madoda?
Zit' u Gomp' aka nxiwa lalutó,
Zit' u Gomp' akanak' ukubongwa.
Hayi, u Gompo umelwe kubongwa.
Ap' amashishin' emidaka?
Lipi isebe lemfundo?
Ijaji ibonga wup' umzi?

Anga bongwa nganina u Gompo?
Emhl' emkúl' ebukeka-njé?
Kánitsho ke ngoko zimbongi,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nitsho ngétuba lanina ?
Ngumzi wakomkúlu kwa mandulo,
Obuqoqoshela konke konkena betu
Nit' aye bulaw' ama gqwira :

Kwatin' akufihlwá kwa Gompo ?
Nit' Imi Dange yamtyál' umfundisi,
Kwatini' akufihlwa kwa Gompo ?
Nit " Izwi " lali getyengwa,
Kwatini lakuba kwa Gompo ?
Musan' uku nxhama bafana,
Eké sini fundis' ukuteta.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezokubúbá Kwe-Nkosi u-Sigcau Rili

NINGADLI NOBUBI !

Uwile ! Uwil' unyana ka Rili,
Umkil' ukumkani omkúlu,
Mazive izizwe nentlanga,
Ezo abesa kuzambesa,
Mazive zingadli nobubi.

Wena mhlab' ufihl' u-Sigcau,
Hlal' uyaz int' oyenzileyo,
Waqala ku Hintsa wamgquma,
Upina yen' u-Sarili ?
Usisu sinjani siginy' abangaka ?

Ulel' emhlabeni u-Somanangashe,
Umzimb' une zote ngokuka Gqoloma,
Ukwez' elitwáse lahlonip' ilanga,
Uqeg' elibomvu ngentamo,
Usaliwa ngaqúb' esiswini.

Hamba ke mhlekazi ubizwe nguyihlo,
Ubiz' usateta ngemfanelo zomzi,
Ubizwe ubusa sambésa Nonqane
Nguwen' uyakuya ko Pálo no Tshiwo,
Nguwena wolaul' amawenu pézulu.
Uz'usi kángele nat' ap' e-Nyangweni.

IN LUMINE TUO VIDE BIMUS LUMEN
University of Fort Hare
Together in Excellence

ISIMBÓNONO NGOMFO KA-KAMA.

(5.1.99.)

(Yimbongi Yakwa Gompo.)

Komkúl' unyukil' umkúhlane,
Komkúlu kulomzi ka Kwáne ;
Ngumkúhlane womfo ka Kama,
Ongabanga nakupákama ;
Wemka sisambuka simtanda,
Kufik' umhla wake wamtata.

Taruni ke Magqunukwebe,
U Kam' akafile ulele ;
Taruni mabandl' akomkúlu,
Nakuwe Nongwane makúlu ;
Nok' emke simbuka simtánda,
Kufik' umhla wake wamtáta.

Susan' ezidlelen' izandla,
Ningakédami nedlaka ;
Kub' ehambele kumawabo,
Lonqhunqha seyisidl' ulonwabo ;
Yintlal' umnt' ukumk' esatandwa,
Ngenxa yomhla ote wamtata.

Kumk' ikólwa lawakudala,
Kumk' injéngele yokuzalwa ;
Ayifile ilele, ayifanga,
Nokufa akunakumpáta ;
Umke sisambuka simtanda,
Kwafik' umhla wake wamtáta.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umke esifumbel' amafa,
Waqór' awezulu nomhlaba ;
Umk' esakéle indlu yenkonzo,
Nomqulu wawushiya kwakuyo ;
Kub' emka simbuka simtanda,
Ngenxa yomhla ote wamtata.

Kambe wena mhlaba yinina ?
Ngowak' umhla woz' utinina ?
Wahlal' ukámise umlomo,
Utsho ngesis' esiluhonyo ?
Woz' umk' ulilelwa ngabáko,
Kub' usiza nawo umhla wako.

Yeha ! nakuwe ke kufa,
Noko sewuman' uququza ;
Inyembezi zezinkedama,
Zabahlolokazi nentsana ;
Woz' ubil' izitúkutúku,
Ngalomhla uzayo umkúlu.

Woz' em' u Welem akugwebe,
Em' amalungis' akugwebe ;
Kuba won' edalwe ngeminwe,
Nobom' obungeze bupéle ;
Wena ke udalwe nge Lizwi,
Akunaye-na umkúmbuzi ?

Taruni mazulu nomhlaba,
Taruni kufa nawe nćwaba !
Camagu mawabo Matete,
Kube kwanjalo Marharhabe !
Lomhla usisenzo ze Nkosi,
Nakuba kuti ubungozi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Indlov' epúz' awe Xesi,
Etánga liko nakwi Ngesi ;
Equbha nakweyolwesi-Ne,
Etémba liko Pezu-konke ;
Imke siyibuka siyitanda,
Kufik' umhla wayo wayitata

Hamba ke Welem gora ndini,
Ungalo ude wemka zimi ;
Ungene ap' ekupúmleni,
Ungasilibal' enyangweni ;
'De nati simke sisatandwa,
Ngenxa yomhl' oyakusitata.

EZIKA-BISHOP TURNER, D.D. LL.D.

Ngweny' elizwi limntyangampo,
Epúpútekise o Dwane e Afrika,
Beyela kwisiziba sengcingane yayo.
Ngweny' ezito yase Atlanta—
Ebímbiliz' owakowayo kusale kusisanxwe,
Kunge kumka u-Moses e Jeputa.
Ntsik' exhas' umhlaba ungawi,
Azi ingeko ngesisici sinina !
Mapúnyelwa lilanga litshona kweloyihlo,
Sigu lulambete welakowayo e Afrika,
Mnyam' otint' ingozi zabonayo belele.
Besiba lifubesi langapantsi komhlaba,
Kanti sisihuluhulu esiH' emaxántini,
Bapápáteke abase Afrika,
Inge zimpukane kulwimi lolovane.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Namb' embilini uliholoholo,
Bhodlis' umt' oqum' amacikokazi
Zivakale inqhula zamadoda,
Bangahlelwa sihelegu abakowenu besona :
Onina wena mntaka Turner ngozininayo.

23.5.99. N. FALATI.

University of Fort Hare
Together in Excellence

" Izwi Labantu "

NDITETE NGEGWANGQ' ELIBOMVU.

Ngubanina, ngubanin' oteta ngegwangq' elibomvu,
Esiti kuk' amagez' amatándatu ?
Ngubanin' oteta ngegwangqa nombuso ?
Ngumzi wamanen' ondliwe ngobunene,
Lipepa labafo benkundla komkúlu.
Umbhali wencwad' ezisinga kwa Tato,
Ap' uyise afungwa nangose beleni,
Ap' uyis' ali " bhad ' eliwonga,"
Ligwangq' elizalwa ngu-Ndlambe nam Gompo.

Qhuban' impucuko ma-Pálo-Besutu,
Indlel' ivuliwe yinto yam enkulu ;
I Ngesi e-Bhotwe, i-Bul' e-Bólani,
Indlel' ivuliwe yinto yam enkulu.
Atet' um-Melika, aqub' ezakona
Ivuliw' indlela ligwangq' elibomvu ;
Abhube siduli obhuba siduli,
Ndibonge mna kub' iyinto yam enkulu.

Ligwang' elipúma ngompúnga kokwalo,
Lifik' e Bhai-ndlovu bedlala ku tramwe,
Lifik' e Lusutu bedal' amaqegu ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yizani sitete ngezomzi nombuso.
Uhamb' esit' uvingcelwa livarasha.
Ndiyeke ndibonge, yinkwenkw' am enkulu.

Inekấy' e Bish' emalengalengeni,
Litấng' u-Mgqakwebe kumtû́nzi wehlati.
Kwi Ngqushw' amatshawe ihlal' enkundleni,
E Palament' ikwicala le Nq̇ubela.
Yamgil' u-*Datisi*, yamngqul' u-Moltini ;
Yamvutel' u-*Heyi*, yampé́pé́t' u-*Rogi* ;
Ndiyek' ukubonga ; yinkwenkw'am enkulu.

Yint' eyateta isesesizalweni.
"Ndimelwe kuzalwa luyabhuba uhlanga."
Yinto eyazalwa kanye ukumka komhla,
Yagil' umnt' e-Bisho wagalelw' amanzi
Wavutel' amenyo e-Singqengqeni ;

Nguvingc'izibuko ngomhl' ekwakunyukwa.
Wawupi ngomhl' esasisiw' ema-Bhulwini ?
Sityet' amasaka sisiw' e-Bholani ?
Zipambil' incwadi zenkos' u-Mguquka
Zisiti "galela sizokukwenżela"
Galela Hofmeya ndim ndedw' ositeti,"
Yeka ndigamlele ndobuye ndivele,
Lavingc' izibuko igwangq' elibomvu
Yagquba kwamdak' ap' into yam enkulu.

GOMPO.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Izibongo zika-1900

IMIBULISO YO NYAK' OMTSHA.

(Yi "mbongi Yakwa Gompo.")

Kwizihlobo zonke ndiyabulisa,
Kumaziko onke ndiyabulisa,
Nditi Nyak' omtsha Kresimesi Bókisi.
Ayalw' ama Bhulu kunye nama Ngesi,
Nyak' omtsha Kresimesi Bókisi.
Qala kubanini bepep' elibomvu,
Happy New Year, Kresmes' Bókisi.

Uti nditi kwaqal' ukulunga.
Ndibuliseleni kumzi wakwa Hintsa,
Kuma Zandi nakwi Tsonyana.
Ndibuliseleni kulo Mbómbó,
Kulomzi mninz' untabalala.
Ndibuliseleni e Mngcangatelweni,
Ku-Ngonyama naku-Tyelinzima,
Niti nditi linjanin' ilizwe ?
Bulisani kokwetu kulo-Jingqi,
Ku-Tini naku-Ndab' emfene.
Ndibuliseleni kulo-Gaxa,
Kwicib'elibizayo lakulo-Tikazi.
Ndibuliseleni ku *Tomsan'* imantyi yakwa Ngqika,
Nakowetu kwi lali ka-Nzanzana ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nakulo Ma kweka-Ntsángani Tyála ;
Nakulo Makúlu kweka-Reve ;
Nase Gqunqe komkúlu kwa-Kona.
Ndibamb' isandla kuwe Mamba no Pámla,
Kanindiyele ku Aliv' itshawe,
Niti nang' umrajan' ubulisa Dalindyebo.
Ndibuliseleni kwi Ngqungqutela yomz' ontsundu ;
Nit' uke weva na ndipupe ipupa,
Ndipup' intomb' ezimbini zindenzisa ;
Enkulu yintsundukaz' emikáka,
Enci ngamanz' endonga emhlantla ngati litye
lakwa Gompo.
Amagama ngu "Nomvo" no "Nozwi."
Ndite ndenza kuni nobabini,
Zite notshe, soya kwabamhlope.
Zekwitshi zandishiya ndiyoba,
Zasinga koka Wiri e-Bísho,
Waxakw' um-Skotshi kwanje ngam ;
Kodwa ngelikad' upendule,
"Ndenza ke ku-Nomvo ngentsobi ku-Nozwi."
Zakúpana njalo, póf' enkul' isarora.
Kautsho Mqondisi-mteto ! Sazi wen' e-Qonce !
"Ndenza ku-Nozwi ngalinye." Watsh' u-Inis'
engantseli
"Wena Nomv' unje ngekála, umhle kok' urara."
Enkul' ite gxada ngaku Malkomese,
Yabuya ngokubhenel' emzini ;
Chiti ndavuka, yo lipupa !
Ndibamb' isandla Mhlambiso no Mabandla,
Ndibamb' isandla Bikitsha no Makóhliso,
Bóta Tyólo nawe Makwekwete.
Ndiyabulisa kubahleli be *Mvo Zantsundu*,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nditi kǻnitsho "kuxa sipina ke ?"
Ndibuliseleni kwi ntombi zase Dikeni.
Kwezifundileyo noti yi "Black Prince,"
Kwezinga fundanga noti yi "Setheru,"
Noti kubuliswa yi "ntsimb' edl' ezinye,"
Zovuma ke ziti siyaduma.
Ndibuliseleni ku Dwashu no Mbéwana,
Nenjenjalo ku Tyekana no Nyikana.
Niti ndobavumel' u "Ndonga ziwelene."
Ndibuliseleni kwi Búnga lase Glen Grey,
Ngakumbi ku Teka no Mgcodo.
Ndibuliseleni kwi Búnga lase Transkei,
Ngakumbi kwaba fund' *Izwi Labantu*.
Ndibuliseleni koka *Gadudu*,
U Gqira wegazi nowompefumlo.
Mpil' ende-ntle *Zwi Labantu*,
Wonk' umzi namhl' utsho ngawe.
Ndenjenjal' ukubulisa,
Kumzi wonke wakowetu ! Ncincilili ! !

[Ngugxolox' Ekǻya.]

Taru "sea gull" undipangele,
Ukumqesha umntu wokubonga ;
Ukubong' u-Gompo ndisamgxeka,
Ugompo kakade akanxiwa laluto,
Kuba bapela abantu kukweyela ;
Ukuz' abe-Lungu bambambe oka *Tayi*,
Bamwez' ulwandle esiqitini ;
Nanamhl' umzi usamlindile,
Kawenze Sea Gull sisapulapula ;
U-Gompo angabongwa nganina ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ute wakumisa isitofu satshukula ;
Sabangxongxisa abantwana benomfundisi,
Benomfundis' umntaka Rubusana,
Ulugxa lokumbá abantwana bo *So-Emma*.
Ababantu imi-Dange sibafundile ;
Ukumlahl' umntu akufelwa nguyise,
Eletu Bahleli-pepa zeniliqonde ;
Nams' ukuliwela i-Qonce ukulihlamba,
Nakuhlis' icwéba nising' e-Nxaruni ;
Nguw'umlambo ka *Mbódla* no Nkovu,
Nguwo umlambo wasesikolweni ;
Ngubanina lo utúka ama-Xhosa ?
Yiya kwa Ndlambe yiya kwa Hintsa,
Ntonina yiya kwa Ndaba ;
'Zwe lakowetu lizingxondora,
Ilityе elinentunja lase Mlungwini ;
Taruni bantu be Nkosazana !
Ncincilili !

EZIKA-JONATHAN NANGU ititshala endala yase-Wesile, e-Monti.

(Ngu. W. B. Yiba.)

'Ntonga yomsimbiti yakulo *Dyani*,
Bati ngu Jolitanga igama,
Umqokozo wenkabi ka Wesile.
Inkunz' iyacebula nonyaka—
Nal' itshanda pakati kwempondo.
Idebe no Matóle zimelene,
Mn' andingebawi ndiligosa,
Ndingaman' ukubenga ndizosola,
'Ngaba ngulomnt' unetámsanqa—

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukwabelw' intsonyama ko Mkúlu.
'Mlamb' unendyebo li Xúkwane,
Nditsho ngelika Mayi-Ntlukwana
Baxweb' abafazi base Qanda,
Nditsho ndingehomba laluto,
Nok' andingexwebi ndisityebi,
Kuba ndingapéhla nditámbisa.
Ilanga libalele nonyaka,
Kude kwatsha no Manzikányi.
Wod' uqonde nawe Gompo,
Ukub' u Ntloyiy' wakwa Hoh' ufikile,
Intak' emehl' angenasikúndla.

LIFILE MADODA.

(Yi "Mbongi Yakwa" Gompo.)

Asiva ngandaba sibona ngamehlo,
Abantu bayafa kub' izwe lifile.
Latsh' "Izwi" kwanini lat' izwe liyafa,
Bapik' abapiki besiti buxoki.
Wat' umnt' ama Bhul' akasalali ndlwini,
Nomzi e Rautini seuzel' inkanunu.
Wapika wabhena oqel' ukupika,
Kanti nene-nene, "Ilizwe lifile."
Zagqor' ukutet' into zo *Tshembaleni*,
Ziqekez' amawa into zo *Balforo*,
Ngelazo ziyal' abase Mabhulwini,
Ngendawo zokuz' ilizwe lingabhubhi.

Nowet' *Umhlekazi* yo[illegible]waya ngenqu,
Washiya nerola kub' engumxolisi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wafana nonqand' iliwa lidilika,
Kuba nanku namhla "Ilizwe lifile."

Bafik' abapez' abavel' e Rautini,
Ndidiba ontsundu ndibala nomhlope ;
Kwafik' int' ezingasena milomo,
Zint' eziviweyo nabazibonayo.
Yapangwa imali kwane ngubo zabo,
Yarabax' impato bekungeni kade.
Lakála ngakumbi i Nges' elikóna,
Layivusa inimba yakuma kowalo.

Aqala aqukwa awakwa *Ntsasana*,
Efingqi ngakona esahleka pófu.
Waqal' oka *Pauli* wacel' umtandazo,
Kumzi wonke wake wase ma Bhulwini.
Nento ka Jabavu yaquk' abafazi,
Itandazel' intsizana zama Bhulu.
Kulemitandazo yonk' asibangako,
Sibona ntonye tina "Izwe lifile."

Waquqa equqa kwa no Rulumente,
Into ka Shaina intlolela yombini ;
Nento ka *Hofmeya* yahamb' *e-Pritori*,
Ngegqugula lab' elingaziwa bani ;
Elingagwetywayo ngeziqamo zalo,
Kuba k' izixhobo zona zatwetwiswa.
"Kwanani bo *Sawa* nixhape igazi,
Kulemityadidi yokufa kwelizwe."

Shu ! Hay' int' imbi ukufa kwelizwe,
Life besiteta ngalo Rulumente ;
Sisit' akanguye sibek' izizatu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

O Sawa no Soli sasingabafuni,
Nanko ke namhla beye basinikela.
Menemene no Shaina sasinichasile,
Nani makowet' abebatetela.
Pḗndulani nitinina namhl' "Izwe lifile."

Yagqojw' i Natala ngama Bhul' amdaka;
Akabi nantloni izwe lixolile.
Abachit' abantu emizini yabo,
Azijac' ingcingo zo Mntan' Omhle wetu,
Izwe lixolile kungek' ubalwayo.
Aqḗkez' ibroro nendlela zetreni,
Abulal' abantu atshayel' ilizwe.
Ngezo ziganeko namhl' "Izwe lifile."

Umtyangamp' omkúlu wawela ulwandle.
Kwatetwa ngo *Bhula* lincencez' igazi,
Wat' efika naye wabona ngamehlo;
Wat' epi wab' epi, sisinxekenxeke.
Sabona ngamehlo nendlebe zisiva,
Ayaw' amagora, izwe selimfusa.
Nanamhla nditeta ise ngumtyadidi.
Ilizwe lihleli kodw' "Ilizwe lifile."

Nitinina ngalomhla wase *Talana*.
Nitinina ngomhla wase *Landeslare*,
Mhla kwaw' imikutúka macal' omabini,
Mhla bagquzul' igora loka Penn-Simoni?
Nitinina ngalomhla wase *Modolo*,
Ngalomhla yadal' u Arar' emanzini?
Niti ngalemihla kwakuse ndlalweni?
Yiva ndikutyele "Lilizwe lifile."

University of Fort Hare
Together in Excellence

Hi, ngomhla wase *Stombelere* ? Ngumbuzo ?
Lomhl' u *Gadaga* weva seyimbóngela.
Wat' et' umis' inkanunu, kant' upezu kweliwa.
Wat' et' uyabhodlisa, suke yaqetuka ?
Hi ngomhla wase Graspan ? Yayingumdudo ?
Yitsho sive ngalomhla wase Colenso.
Yekabanina lontombi yayitómbile ?
Mhlob' am yid' undive "Ilizwe lifile."

Camagu zulu camagu nawe mhlaba,
Camagu langa camagu nawe nyanga.
Apo niyenza kona ingxelo yenu,
Nakuyishiyelela lemityadidi.
Hleze siqunjelwe kumzi wase Bótwe,
Hlez' imvul' ingatótywa ngexesha layo ;
Hleze kuz' izibeto zisifise nentsapo,
Hleze kuqunjwe kub' "Ilizwe lifile."

Taruni zinduli zase South Afrika.
Taruni zintlambo nani mageduka,
Taruni mataf' elizwe lakowetu.
Ze niti ngomhla wokunyuswa kwengxelo,
Kub' inin' amagosa kwa namapakati,
Nihlambe nide nilicokis' igazi.
Hleze siqunjelwe ngumzi wase káya,
Sotetelelwa nini "Ngelizw' elafayo."

Ilizw' alifile ilizwe lihleli.
Kángel' engceni wofik'isahluma
Kángel' imitómbo yamanz' isatsitsa.
Yonk' into yelizwe imi ngendlel' ayo.
Jong' ebafazini ngabahlolokazi.
Konyana babantu wobon' izidumbu,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ngezo zidumbu ke sit' "Izwe lifile."
Ew' izwe lifile madoda "Lifile."

SINGAMA BRITANI!

(Yi "Mbongi Yakwa Gompo.)

(13.3.00.)

Kudala zinqoza sibona madoda,
Kudala kufiwa sisiva ngendaba;
Nditat' inxaxeba ndema ngaku Kwini,
Ndimi no Bikitsha nento zika Mshweshwe.
Ndimi naba Tembu impi ka Aliva.
Sine "Zwi Labantu" likwa seluhlwini.
Sikúp' umlisela mawuy' emfazweni,
I Bhulu malife, singama Britani.

Ik' into ka Bhula kwihlelo lenene,
Igqogq' e Natala, ibulal' i-Bhulu,
Ibulal' um-Frentshi kunye ne-Jamani.
Ma Jamani ndini sesini robile,
Uxol' aninalo niluze ngenzimba;
Namhla nitinina sise Mnambiti nje?
Kodwa ke ma Frentshi benisiya pina?
Yilwani-ke kambe, singama Britani.

Unyana ka Bhula ngu Ntsendo-zimdaka,
Yinyok' enenqay' eyabonwa linyange.
Ngu Gax' e Keptawun' akwel' eplangeni,
Limkup' e-Tekwini abet' enjinini.
Ngu Golozel' u-Túkela umlamb' ama-Mfengu,
Ngu Bhodla ngongadlulam kuviw' empelazwe.
Yidani nive zizwe zase Yuropu,
'Soze nasiqeda' singama Britani.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Pélelani kuti sonitshaya ngongadluma,
Bika "Makwekweta" uti ndim otshoyo.
Bagoloz' unyaka besoyik' u-*Waiti*,
O *Dyubele* abakúlu, kanti ngama kwéncu,
Zihlangen' izizwe zisoyik' *umfazi*.
Jelumani ma Russia ma Fulansi,
Ndingen' ehlelweni, ndim low' untyontyayo.
Asika nenzinto, singama Britani.

Unyana ka Waiti ngu Gquma no *Mnambiti*,
Lihod' elimagaqa shenxani ngasemva.
Senihal' umdlezan' eme ngapezulu.
Ligor' umfo ka Waiti yitshoni ma Britani;
Busaz' ama-Bhulu kwihlelo lenene,
Atshaywe ngombódlo ka-Ntsendo-zimdaka
Nditsho ke "Mguquka," singama Britani.

Kwihlelo lokóhlo ayawasadule.
U *Kronty*' ubanjiwe, yahlutw' i-Kimbili.
Valan' izitora nikė niqayise.
Unyana ka-*Frentsh*' uwabete ngempama,
'Ngangekusemiwe ngqangula ka-Frentshi,
Ngendikuhlolela owase kunene;
Ungu Gabul' ukwena zemb' elintshengula,
Ndisatsho zintlanga, singama Britani.

Túman' abafaná baxele Pesheya,
Kumiwe mangqangq' apa ngamadodana,
Into zo *Bulbente* sezitsho kwakánya,
Bikan' ezo ndaba 'de niy' e Bhakubha.
Ankwantyis' intete ngok' ayazisóla,
Ayaduk' amaténgwa, ebeba yipudini,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ebeba yinen' ukutiwa ngumtshato
Ngoku tyó sinalala ! singama Britani.

Kunamhl' o Hofmeya bakwény' imisila,
Batshelwe zicheko bebesanxaniwe.
Namhla nje yapúse nolwase kofini,
Into zo Sawala zisawa ngedolo,
Zixel' inyembezi nges'sele sombinza,
Singabatyela ke kokwetu ukwazi :
" Nkonyana yehashe ngumeme,
'Sixam' kwapus' engekasengwa."
Yazini zintlanga singama Britani.

Ungakóhliseki nawe ka-Mkóbeni.
Silala ngasonye sigade ngelinye.
Kuhlala kwenkul' ukungati imbuna,
Kanti yingonyama mhl' itinj' amatóle ;
Qonda ngabo Tshain' abebeba kulelwe.
' Sitandatu sonke sitshelwe siceko.
" Simaz' ukupunza seyivel' isampaza "
Ngwan' epantsi niyeza, singama Britani.

Nkonyan' emfen' ikúl' elusizini,
Kuba ngumahlutw' intlak' emlonyeni.
Intak' enamandla ngati sinagogo,
Kuba sibalek' amatúmbu ejinga.
Bat' ixégo lenchuka labinqa lahamba,
Kodw' ixégo lenkawu labinqa lahlala.
Sel' amtyuba uncame wena mfo ka-Krontyi
Asimpi yakuqedwa, singama Britani.

Vul' ucango ndingene mfo wakowetu.
Ndoteta mabini matatu ndibete.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ndixel' inkos'am ndixel' u Bikitsha
Yena mfo wakúpa lalinye wagqiba ;
Eteta kwikába lasema Mfengwini,
Esiti namhla ke ifikil' imini
Nyukani nipútum' idyasi zoyihlo,
Siyimpi yomfazi, Singama Britani.

Ndiko ndisahleli vuma khe ndomule,
Ndisaziv' indaba zamabandl' omfazi.
Imp' ezelwe yashiywa kwaselutúlini.
Amankwe ka Ngqik' amasiza mbulala ;
Imiximandol' ako Nib' e Ngqakayi.
'Nt' ezilwa ngezulu zenz' ukutákatá,
'Nt' ezitimb' umhlaba zilishiy' ixhoba,
Yeha ke ma Bhulu ! Singama Britani.

Ndikángele mhl' akungen' e Kimbili.
Ndikángele mhl' aluwel' u Tsukela.
Upina ngalomhla wo gqumgqere
Simvalel' emqhorwen' oka Krontyi.
Kwarwaqel' *u-Oliv*' e-Stombeke
Samtat' oka Krontyi sams' *esiqitini*.
Sayibamb' intsalela sayilantsha ngopóte,
Lumkel' ingonyama, Singama Britani.

Ndakángel' ukujuba kwento ka Dyubele
Ijulwa sisisu ngokotúk' ingonyama.
Ndakángel' ukuwa kwamabhongo ka *Stena*
Ewutshikilel' umzi wase Blomfanteni.
Ndev' incwina nemigulo ye Bond' entsundu.
Lat' ixhwele nesanuse kwakwenyel' imisila.
Ev' umgqumo we ngonyama yakulo *John Bull*,
Etsho pesha kwe Gqili, Singama Britani

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ndakǻngel' urozo lwamaBhotwe ka Stena.
Ndomis' *e-Krunstadi* kwanzim' e Krunstadi.
Ndoxiling' *e Ligwa*, akwabiko ndlela.
Var' e Betilhem hayi waqamb' amanga.
Sendoxhom' e Rautini, yangen' ingonyama.
Sendofel' e Pitoli, wamampunge ka mampunge.
Ndakǻngel' ukumka kwengcambǻ zexhego
Limshiy' enxowen' umfazi, Singama Britani.

Ndakǻngel' ukuhlepúka kwento ka Tshaina.
Wa mfondini ms' ukuteta ndifung' u-Nohintsho
Wadlubhuk' umfo ka Tshaina akanika tḗmba.
Bantywizis' o Njombolwana ngesisele sombinza,
'Xam wapus' engekasengwa hay' u *Solomoni*.
Ndakǻnge inqayi zo Sawa zijub' e Ndenxa,
Nendlazi zo Menemene, *Fuludamti nyekile*,
Yivani zintlanga, Singama Britani.

Ntombi zama Xhosa zilele ku Nodyogolo,
Lat' ikhaba lenz' imbúto pantsi ko *Tship-Jeke*.
Ndikǻpe Tunyiswa ndibheke pǻmbili,
Kunye kade kutiwa ndinokwazi.
Sigqite ku Sprigi sibheke pesheya,
Sine Ngqungqutela no hlang' oluntsundu.
Soze sibe bantu ngu Tshaina no Sprigi.
Ndifung' ama Tato, Singama Britani.

Ndakǻngel' *u Prinslu* ndafik' engumbanjwa,
Ndafik' u Oliva esezintanjeni.
Ndawuv' umgqwetesha wento ka *Ndivete*.
Ndakǻngel' i Ngqungqutela yamagwangqa

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ewez' izidyoli ezis' izicelo ;
Ndafuz' oka Mhalla onga angak' eve
Atinin' ama Xhosa makad' apéndule ?
Bendite mabini, Singama Britani.

IZITÚKO.

(23.5.99.)

(YIMBONGI YASE KAPA.)

Gqwangu yini ?
Ngubani lo selene Almanak ?
Ngumntwana, inkosi yenyosi.
Ngumaziny' alenja ayaluma,
Kanti nok' ebe ngalunywa nja
Namhla kufik' u Fukul' ipémpe,
Wati akufika wawa kúmla.
Uvela pina nyana ka Sontsele,
Ndiv' unuk' ivumbangwe
Kanti ngumti wama nxowa ?
Shimnci ! Chosi ! ndikuvile mntana,
Ndikuvile No-nja-Ziyaluma.
Gqwangu yini ? ndifumen' ikúbalo,
Ikúbalo labafuyi benkomo,
Kuba ndifumen' *ihlengezi.*
Igez' elidumileyo, Vuma !
Ngu Nojaholo kwa Ngqika :
Kub' engemf' untselayo nendoda.
Gqwangu vuma utinina ngexesha,
Ngat' uti belingeka fiki ?
Nguwe ke omdala lofika nini na ?
Ngowak' umhl' apum' impondo zamahashe ?
Ndovela nam kwa ngokunjalo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Wavel' umfo womntu kungeko zimanga.
Nanamhl' ama Jud' asakángele,
Nakuwe kunjalo elixa ndikóyo.
Ngomsinga kwadudwa kuselwa.
Niti ndimna woza ngezingqi ngani ?
Gqwangu yho ngu Nohana-hani.
U-Nohlafunwa kufunzwa.
U-Xhamxhashe uhlelwa zizanzwili,
Uhlelwa zizanzwili kuba eyi mveku.
Gqwangu yho ladurulek' izwe ngam,
Kanti noko kuk' aba nam.
Uzandundu zityabuke kukulila,
Kubandezelwa kwa ngama kowabo.
Gqwangu lavel' ikwézi-mna ndoba sibane
Lavela mhla ngebandla lama Dipende.
Kúbus' aliwelwa ngama gwala,
Zitsh' intombi zama *Kota-mbóla*.
Ndayibon' imfen' emaziny' amdaka ;
Kub' inge ramnco liwaqólay' amenyo.
Umnt' one siq' akafanelwa ngumona ;
Kub' ungev' ukub' akaseko,
Ufe pofu bekunga qondwa.
Kungakumbi koncipileyo,
Wombona ngomtámbo ebunzi.
Lomntana *bajikica* ngaye
Bati nguy' *ombátshis'* ilizwe.
Bati nguy' oncipis' amanani,
Kanti umz' ubusaya eweni.
Gqwangu hi usomaxhala emntwini ;
Kuba wati akuva zimtshisa,
Wapútum' umlungu ze[illegible]be babini.
Yeka ndizimele kuba akundifuni,

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lent' umntu ngumntu ngoka yise.
Gqwangu hi utini kum ?
Uxalis' umzi unge nkosi,
Mna ndiyazaz' into endiyiyo
Ndingu nyana wama pȁkati.

Gqwangu libi iqumru emzini,
Ndingumpȁti-tůnga lezinxiba-mxȁka.
Ungumcimi misebenz' emihle ;
Kub' ukůp' izimvo yimvo ngentwana zako.
Andijongani nomȓajana weqaba,
Utsho ngani wen' uvela kona ?
Lent' amabal' ayifani njengama pȁkati.
Gqwangu yo imbong' enezote yeyomhedeni,
Kub' itůka ukubonga kwayo,
Ngu Fumbalal' eziqwini zabantu.
Andiku kauleza nje ngawe,
Kuba wen' uxabel' ipůzi.
Gqwangu he vuma kȅ nditete ;
Kuba nguwe opȇmbe umlilo.
Gqwangu yeha ude wati malahlwe,
Kanti zonke ziyamfunga.
Gqwangu ha ziti xa zifungayo,
Zifunga u *Zwi Labantu.*
Ndite manga nguwe nzwan' enkulu,
Ukuva ngegama lam kuwe.
Gqwangu yho lent' imbongi inamandla.
Nditsho ngelo gama ndilibone kuwe,
Kanti kuwe lilizot' *Izwi Labantu.*
Gqwangu mh—andigwangqa linazote,
Noko kuk' aba bon' ubuzote.
Noko kuk' abangalufuniy' ucebaz' ublutsha.
Noko kuk' ababambȇne paya na paya.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Gqwangu hi u-Radebe no-Dlamin' ukwenz' isheyi,
Gqwangu hi wotshelwa sicéko kunjalo.
Kulomhlab' akuko sizi kuba ndiludwayi; kanti ncama
Ndingu *Zwi Labant'* inkwenk'akomkůlu,
Ndingu *Zwi Labant'* intwan' eluqwémesha lunye.
Andinge kutůki ngani ungumfo nje kumawenu?
Usikad'emntwini, umaxókonx' okad' ehleli.
Gqwangu yho maliwa ngomomo ka momo
Yini ho, ufa kub' eko ke kulungile,
Nzipo zibomvu kupánd' ekosi,
Umacalan' abomvu kwa ngamanxeba.

Uzulubembe zulubembe mbókotw' emnyam' eno-bulali.
Noko kutiw' i Mont' ino moy' ombi,
Kanti kulapo bahlamb' imizimba,
Uzibulekaz' eli mibel' ibomvu qwá.
He! Nakuwe ke mnumzana
Andibuleli ndicambálele ngolo xwebů.

UM-TINJANA.

"U" "Sitali-Ngempond' ukubantle" uti:—
"Faka kulomvaba yakulo,

Zimb' elimnyama lase Mńyameni
Dada elimdaka lase Kůbusi,
Lentak' intsikizi ngekuba yimvumi
Kok' ivum' ezintilini nasema fusini;
Lentak' imbómbó ngekuba yimvumi
Kok' ivuma ngobutshijolo.
Zimb' elintusi lase Mlambeli
Hlal' uhleli.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Leliba

(Ngu. X. Y. Z.)

Mafungwa ngoma tebenqa bakowabo,
Bangati, Bélu lwase Bótwe banyanisile.
U Mgushanxa no Sidubulekana,
Bamiwe lutiniko bezinjoli.

Asimnt' u-Tyálibóngo ukuv'-intwezimbi,
Kub' unyatélwe ngu Tshunungwa,
Wada wakala wati, mé é, é, é, é, é.
U Sigxupúlekana umbone enanina,

Ukumbonga 'da púme nofundo ?
Lomlamb' u-Daliwe unelishwa,
Udla ngokumiwa ngamatyata ndukwana.
Undat' u-Notoyi yintakana enelishwa,

Kub' ifumane yavav' umnquba ngamakánasi,
Wayesiti uzondlel' u-Mninawana,
Kanti ngu-Siqupúlekana itóle lesapúsela.
Ngqombo yase Gwaba, efak' izicéme kwintsha-
tshongo.

Ntaba ka-Daliwe yetyabákazi,
Gqoloza ngezembe emsetúlukeni ;
Matetel' o-Dwekesha bazingqungangqungu.
Izinga zakwa-Daliwe bezidume ngamatyatyongwe.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Baxabana ngawo u-Sabóngo no-Magongo,
Iziza nanina zakwa-Tyálibóngo.
Gxib' olumatánga lwase-Katikati,
Olutetel' o-Nqunguka bada babókoda.

Isigixi sakulo-Fulase, esifanelwe kutshaya nge-
matshisi,
Lom'fan' u-A.B.C. ndingamsoka nangenkomo.
Eké wandibonga ngezimnandi kangakanana.

Igqira lempukane lipótul' izandla,
Kuba lizakupáta izidlanga ko-Zabóngo.
Elixák' u-Bómali ndilikúpile lobule,
Ukuba kuko umntu okucela ufele.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umculo wase Healdtown

(*Nov.* 14*th*, 1884.)

(Yimbòngi ye-Ngxondoŕa.)

Dodana ludume kunene ngengoma,
Zintombi zidume kakúlu ngemvató ;
Matshawe abukeka mu namhlanje,
Kánitsho ngengoma, Culani ! Culani !

Nxukwebe izizwe zilapá namhlanje,
Zibizwe ngabom zibizelw' ingoma :
Ipina ingoma matshawe amahle ?
Ipina ingoma ? Culani ! Culani !

Sifane sahamba hay' inyawo zosomtina ;
Nxukwebe yinina lento namhla wenjenje !
Culani zintombi udodana luyacula :
Culani zintombi yekani imvató.

Uxolo kuni zizwe asinamhlabeli,
Uxolo kuni zizwe sifumb' amayilo,
Uxolo kuni zizwe, godukani namhlanje,
Kamva sonenzela, kamva socula.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lala Pántsi D. Tomasi

Nkosi Mhleli.—Sisahleli sonwabile tina apa sifikelwe yincwadana apa emshicileli sakukángela ube ngoka-Taka owaziwa ngokuba ngu D. M. Thomas. Kuyo yonke-ke into etetwe ngulomfo, engokuveliswa kwepepa elitsha anxámele ukulikúpa kwa-Daliwe, asinanto ingapezu kwale ingaveliswa koqondayo zezi verse sizilandelisayo,—esiti ngazo sibékisa ku-D. Thomas :—

Wena Bódl' idwebilityi,
Mkónyo pú Ngosesiswini,
Sukintanga Nendlezana,
Dekwa pus' amankonyana.

Mawuvele Ntunjambini,
Kulo Gompo ngase-Monti ;
Wawutúnga Amabénya
Wawupémba Pémb' ushiya.

Tóliduna le Ntshatshongo,
Kad' ubódla ozabóngo,
Uzalelwe no-Notoyi,
Namhla wenza Amasheyi.

Kumenyezwe e-Bungune,
Kwabusela kwa-Bungane,
U D. Thomas oka-Taka ;
Wazigxama wazinkca.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Kodw' indlebe zobetâna,
Kuti bango Qelazana ;
Besilinde T. Jabavu,
Ngokwendaba zobulau.

Manditshone Ncincilili,
Mandipûme e-Gusheni :
Lala pântsi D. Tomasi,
Ungumfana ono-Cumse.

Ndikufaka isi-Cême,
Taka wase Ntakwendeni,
Seluncama seluxola,
Ndokubonga ndikusola.

University of Fort Hare
Together in Excellence
K K

Izibongo Zika. J. T. Jabavu

Ezizibongo zazenzelwe ukukúta za u Mr. T Jabavu owaye za kuqala ipepa ekutiwa *zimvo zaba-ntsundu.* Kwatiwa ke e-Somerset kwenziwa intlanganiso apo kwateta o-Messrs. Mahila, D. K. Vandala, John Zikode, Boyce Skota, J. Taho, kwaze kwagqibela ngo " Mdengezito " ote :—

" Ukuba ndandiyimbongi ndandiyakuti ngokubékiselele koka Jabavu :

Hamba njengelenduna ka-Jabavu,
Hamba nkwendini, 'lweluhlanga :
Hamba njengel' ebona pámbili ;
Hamba, lulwel' uhlanga Nocelizapólo.

Wena mtíndini wobámbálalo,
Wena mt' obusakucúma kumaxandeka,
Wena mtíndini wamaxandek' o-Somerset,
Wena m't' ovumba limnand' onokujojwa.

Kwez' o-Kotyi, o-Bokolo no-Ngudu,
Kwez' o-Ngxukuma no-Madlebe ;
Kweziwa ngabo bonke bafika bagaula :
Kweziwa ngabo bonke awawa noko lomtí.

Ubusakubalekela kO[illegible]koli kusinina,
Ubusakubalekela ko-Kivide hina ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ubusakubalekela ko-Mokoweni sinina,
Ubusakubalekela ko-Sobantu yinina ? ”

Izibongo Zika-Hon. Charles Brownlee, C. M. G.
(u-Napákade)

Ngu-Songcata, ubiya ngongana,
Undlela idlula kwa-Nyuntyashe emnyango
Watétél' umntu wabángazeka,
Wabék' eluxandeni kwa-Mshweshwe ;
Uliso linomtá njengelanga.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Imibulelo

(Ka-Hon. Charles Brownlee, C.M.G.)

Ndiyabulela kuwe Makaula, Nkosi yakwa Bhaca,

Umhlanguli obehlangula,
Umlilo weziko lika Madikana,
Ucinywa ngamabandla
Ka Ngqungqushe ;
Umhlanguli ohlangula
Kuhlanguleke.
Uhlangula futi,
Uhlangul' angayeki,
Nalo iramncwa
Lijamele usapo.

Kuwe Albert Makaula White, ndiyabulela :—

Mzukulwana ka Ncapayi
Ubamba indlela enyuk' entabeni,
Umehlo maninzi apezu kwako
Ungawadanisi.

Kuwe Qebeyi ndiyabulela :—

Nyana wesi dwangube,
Ubamnqunl' amanqindi
Kanti bambaza impondo :
Upála pambili kuggatso lwamadoda ;

University of Fort Hare
Together in Excellence

Uwis' amazwi akúta z' amanene,
Uxhas' inyaniso ngemfuyo yake,
Uxhasa angashinti.
Yima emkóndweni ka yihlo
Ka Mekeni wase-Mbó.

Kuwe N. C. Umhalla, nakuwe H. E. Tshatshu, nakuwe nyana ka Nozwane.—

Bantwana bezikúlu
Zomzi wakwa Pálo,
Ndiyabulela.

Kuwe Rev. W. Philip, nakuwe nto ka Nkovu, nakuwe nyana ka-Jabavu, nakuwe ka-Xiniwe, nakuni nyana nabazukulwana bento ka-Jotello, nakuwe Nana nto ka-Ganya, nengcobo eninzi yamagama alinani, ndiyabulela :—

Bavuseleli, bakókeli bohlanga,
Mbewu yawa emhlabeni olungileyo,
Lukózo oluvelisa umti ongangezwe ;
Gwele elibilisa ubudenge baba Ntsundu :
Kuni nonke, ndiyabulela.

Ndibulela incwadi zenu ebenindikhuza ngazo imipánga endihleleyo, nizokuwisa inyembezi pezu kwamancwába abantwana bam. Nize kulunguza ubulwelwe nentlungu zam. Zindizisele amazwi entutuzelo, nofefe. Manditi ixesha licutekile, imihla ifinyele, sekuhlalel' ekutiwa ngam-akaseko.

Le ibiyimini yokuyolela kwam, kuloko sendineminyaka emibini ndiyolele. Ndibulela ngencwadi ezimbini ezavela kwi "Mvo Zabantsundu" nase-"Sigidimini." Enye iti—Hlabani umkosi iramncwa

University of Fort Hare
Together in Excellence

umzi liwubambile ; enye ibalisa ngeziganeko zeramncwa. Eyesitatu yavela kwi, "Sigidimi" ishumayela ipúlo le Midushane, lipúmela iramncwa. Nango umyolelo wam ; andina lizwi limbi lakuyolela. Sekusele ukuba ndivalelise nditi,—"Salani kuhle lusapo Usomandla abenani, anisikelele ; ati umsebenzi wezandla zenu awumise pezu kwenu, anipe uxolo." Mandisitéle ke ngoku. Nasekusitéleni, ndise kwayilanto bendiyiyo ngeminyaka egqitileyo, ndise ngowenu ngenyaniso u

C. Brownlee.

P.S.—Kuko indawo endipázamise kakúlu encwadini yemibulelo yam, yeyokuba ndalipósa igama lika Edmund inkulu ka Sandile. Igama lake ngelinxulumene nelika N. C. Umhalla. Makandixolele unyana isipóso eso awamkele umbulelo wam.

Enye indawo endinge ndiyifikile, yeyokuba kuko amadoda abe mana ukundivelela emipángeni yam anjengento ka-Tyáli u Feni, nenkulu ka-Anta, no-Matútú, obesuswa libandla lase-Mgwali, nemfama ka-Tsengiwe, ebindihambela ngomninawe wayo u-Ntenetyana, kwanabanye. Lomkóndo andiwukánkanyanga, ngokuba imibulelo yam uyamkele ngezwi lomlomo—mabangandisoli, nokuba ndiyapinda ngombulelo—ndipelelwe kaloku mna.

C. Brownlee.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ezama-Tempile

(Ngu. W. K. N.)

Mabandlandin' e-Tempile !
Binqani izidabane,
Mabandl' eqiy' eluhlaza !
Ningotúsw' amhlangakwena.
Noza niti nenzanina ?
Niti nahlangula nina ?
Pútuman' impund' ekóyo !
Yes' hlabane sama-Pálo.
Wakė wanje pina lomzi,
Kóna-ke eludidini ?
Wandwayinge, wankedama,
Yile-brandi, nobutywala !
Mabandl' eqiy' eluhlaza !
Imke indwe kupele-na ?
Yestózela, nesidima,—
Salomz' ungakanana !

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ukubanjwa Kwe-Nkosi ngo-Ncha-Yecibi

U-Sir Henry Bartle Edward Frere, i-Ruluneli yase-Kapa, wakúpa isaziso, nge 28 June 1878, sokuxolelwa kondiyalwa bemfazwe ka-Ncha-Yecibi, waza wabakúpéla ngapándle aba :—U-Gonya, Matánzima, Makinana, Kondile (N. C. Umhalla), Dilima, Namba, Jali, Dondashe, Alex Dukwana, Thomas Dukwana, Robert Nyosi, Abel Nyosi, Ngojo, John Beck Balfour.

U-Nathaniel. C. Umhalla wamangalelwa e-Qonce, pambi kwe-Jaji, nge-High Treason, wakúlulwa zi-Juri (amaceba).

Nge 29 June 1878, u-Gonya no-Matánzima, babanjwa ngu-Levey, imantyi yaba-Tembu, kumzi ka Stokwe, baziswa e-Qonce, apo bafika ngololiwe, nge 11 July 1878.

IZIGANEKO.

1799. Ukufika kuka-Nyengane.
1811. Ukubúba kwake.
1818. Imfazwe yama-Linde.
1820. U-Buluneli wa[illegible] isikolo e-Tyúme.
1828. Ukubúba kuka-Tshaka.

University of Fort Hare
Together in Excellence

1828. Imfazwe ka-Matiwana.
1834–5. Imfazwe ka-Hintsa.
1841. Ingqakaqa yama-Ntinde. Ukuqalwa kwesinala yase-Dikeni.
1841. Umgca wokuqala.
1846–7. Imfazwe ye-Zembe.
1850–3. Imfazwe ka-Mlanjeni.
1851. Inyikima.
1855. Imofu.
1856. U-Nogumbé.
1857. U-Nongqause.
1862. Ilanga lika-Qilo.
1867. Ukuwela kwama-Mfengu.
1867. Ukufunyanwa kwe-Daymani.
1871. Ukubúba kuka Rev Tiyo Soga.
1873. Ukubúba kuka-Maqoma.
1873. Ukubúba kuka-Langalibalele
1874. U-Nogumbe wesibini
1877. Imfazwe ka-Ncha-Yecibi.
1878. Ukuwela kwama-Ngqika.
1879. Imfazwe yakwa-Zulu.
1880. Imfazwe yaba-Témbu.
1881. Imfazwe Yabe-Sutu.
1885. Indlala yompúnzisa.
1885. U-Sitwayi.
1886. Ukufunyanwa kwe-Golide.
1892. Ukubúba kuka Rev Richard Birt.
1893–4. Imfazwe yama-Ndebele.
1895. Imfazwe yama-Shona.
1896. Ukungenelwa kwama-Bhulu ngu-Jemsana.
1896. U-Landipasi.
1899–02. Imfazwe yama-Ngesi nama-Bhulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

1901. Ukubúba kuka-Queen Victoria.
1902. Ukwenziwa koxolo kuma-Ngesi nama-Bhulu.
1904. Ukubúba kuka Mrs Birt.
1905. Ukuwela kuka-Rev. W. B. Rubusana ukuya kongamela ukushicilelwa kwe-zi-Bhalo Ezingcwele.
1905. Ijubulu ka-Rev. Dr. Kropf umfundisi wase-Luta.
1905. Ukubúbá kuka Lutóli inkosi yabe-Sutu.
1905. Ukubúbá kuka-Sigcau inkosi yama-Mpondo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Izinto Ngezinto

IMPAU ZAMA-XOSA ZEXESHA LOKULIMA.

IMPAU ZEXESHA LOKULIM' AMA-ZIMBA :—

(1) **Ngumsintsi** wakudubula xenikweni ubomvu.
(2) **Ngumbinza** wakuqala ukuba nenkozo xa uvutwayo.
(3) **Ngumgwenye** wakuvutwa.
(4) **Ngumncúluba** wakudubula intyantyambo.

IMPAU ZOKUHLWAYELA UMBONA :—

(1) **I-Dwara** lakutyatyamba.
(2) **I-Lunga legwaba** (elinye igama upézu-komkóno) lakulila.

IXESHA LOKUHLAKULA :—

(1) **U-Mbaba** wakudubula emahlatini.

(1) **U-Canzibe** akutwâsa lixesha lokuvuna.
(2) **I-Silimela** sakutwâsa lixesha lokubúqa kwenkomo, nokulima inqólowa.
(3) **I-Sanya Nkomo, nama-Gogode** ; ziti zakulila ezonto zibe zixela ukutwâsa kwe-Hlobo, nokuna kwe-mvula.

University of Fort Hare
Together in Excellence

IMPAU ZEZULU ZOKUNCED' UMHAMBI :—

(1) Imvula ayikólisi ngakubakó xa amafu até akalekana abe ngqingqwa, kodwa kungati kubekó umoya oshushu yonke imini, kubekó kunye nawo uqwitela lomoya, kudla ngokulandela imvula ngomhla olandelayo. Ize iti ukuba lomvula ite yabanda kakúlu kwada kwangumhla wokuba lise, wazi ukuba ayikubuye ine kude kubuye kubeko kwa omnye umhla onomoy' oshushu noqwítéla.

(2) Kungati kwakusasa kubekó umoyana oshushu, ovutéla kuhle, uvela ngase-Zantsi malunga empumalanga (S. E. wind), kuze kuti kwakubona ukuba kunjalo, kubekó amafu angqingqwa, emva kwemini, anyuka ngase-Ntla malunga entshonalanga (N. W. clouds) ange amelene nomoya lowo ; yazi ukuba kuzakubakó isipángo, emva kwemini, malunga no 2 nokuba ngu. 3, emaxesheni, ukuba lomafu akacitwácitwánga ngumoya lowo.

(3) Ukuba *elijelo* lasemlungwini, lokuxel' ubume bezulu, bati, yi-*Barometer*, ite i-mercury yalo leyo ise-gilasini yehla, ukususela ku. 28. 3, yaya ku 28 inches, kwaye kuvutéla umoya oshushu, yaza kwasemini njalo yabuye yabuyela ku. 28. 3 ; yazi ukuba akuyi kubakó mvula ngayo lomini. Kodwake ukuba ité yehla, yangapantsi nge 10th kwi 28 inches, yaza yabuye yenyuka yapela ku. 28. 2, kwakupela ; yazi ukuba kuyakubakó imvula evela ngase-Zantsi empumalanga (S. E.), nokuba kungase-Zantsi entshonalanga (S. W.).

(4) Angati amafu aselundini olwandle enze izinqénqé zamafu angqingqwa, ngase-Zantsi malunga nempumalanga (S. E. to S. W.), aye ede ajikelezisa

University of Fort Hare
Together in Excellence

asingisa ngase-Zantsi kwase ntshonalanga, aye enjalo-nje ebengezela elangeni wakuwakáńgela, kuze kweso sinqénqé kupúme amafu amnyama-mhlopé, engqingqwa, anyuke enze uxangxati ; yazi ukuba iyakuna imvula emva kwe yure eziyi, 36, nokuba yi 48, noko yona imvula ingeti ivele kwelo-cala lawo.

(5) Isipángo esivela nge-Ntla malunga ngase-ntshonalanga, (N. W.) sidla ngokulandelwa ngu-mvumbi wemvula evela ngase-Zantsi yasempumala-nga (S. E.), mhlaumbi silandelwe yimvula enkulu, ebandayo, evela ngasentshonalanga (W.) nokuba kungase-Zantsi yasentshonalanga (S. W.).

(6) Angati lamafu aselundini lwaselwandle amane ukumenyezela, esitsho ngombane obomvu ebusuku, bude ubusuku bumane ukulandelelana esenza lonto ; yazi ukuba kuza imvula enkulu.

Kodwa ukuba lomafu ebeté anyuka engqingqwa emva kwemini, aladuduma, aye evela ngase-Ntla yasentshonalanga (N. W.), aze ati akucanda isibá-kabáka asinga ngase-Zantsi yasempumalanga (S. E.), aqala amenyezela kwakuba kusebusuku ; yazi ukuba akuyikubakó mvula noko enjenjalo. Lonto ayenzayo yile ati ama-Xosa, ngokukóhlwa, ngu-Canzibe uyatwásа.

(7) Umoya oshushu ovela ngase-Ntla yasentsho-nalanga (N. W.), laye *ijelo* lokukángel' ubume bezulu (Barometer) lihlile ; udla ngokulandelwa yimvula ngemini elandelayo, kuze kubekó umoya obandayo ovela ngase-Zantsi malunga ngasempumalanga (S.E.).

(8) Ubuso bamanzi olwandle bungatiwa-gubu yinkungu, ingavumi ukupákama kude kube semini,

University of Fort Hare
Together in Excellence

sukuba kusiza imvula. Umqolo nokuba yincopo ye-Ntaba ye-Tafile (Table Mountain) ingaba kwanjalo sukuba imvula ingekude.

AMAGAM' ENYANGA ZAMA-XOSA.

January—**Eyo-Mqungu** (xa incha imqungu).
February—**Eyo-Mdumbá** (xa imiti nengxam zimdumbá).
March—**Eyo-Kwindla** (xa kutyiw' ukwindla).
April—**U-Tshaz' impuzi** (xa impuzi zitshazayo).
May—**U-Canzibe** (ukutwása kwake).
June—**I-Silimela** (ukutwása kwaso).
July—**Eye-Ntlaba** (ukudubula kwekála).
August—**Eye-Tűpá** (xa umsintsi umatűpá).
September—**Eyo-Msintsi** (xa umsintsi ubomvu).
October—**Eye-Dwara** (xa lite ladubula).
November—**Eye-Nkanga** (xa ite yadubula).
December—**Eyo-Mnga** (xa ute wadubula).

UKUPAULWA KWAMAGAMA AFANAYO :—

1. **U-Malūsi**, ngumntu lowo ogcin' impahla ehambayo.
2. **U-Malŭsi**, ngumntu otsheqa amakwénkwe nezilo.
3. **Ukubà**, kukutabata into engeyiyo eyako ngendlela esiteleyo, uyi fihle.
4. **Ukubá**, lilizwi elingagqibiyo kuba kuseko into ezayo.
5. **Itánga**, yinto edliwayo elinywa emasimini.
6. **Itángă**, ngamantla omlenze emntwini.
7. **Itángá**, kulapo enye impahla ehambayo igcinwa kona.
8. **Intănda**, ngumntu otandwayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

9. **Intāndà**, ziba seludongeni lwendlu.
10. **Ukŏna**, kukwapŭla umteto ka-Tixo.
11. **Ukōná**, sisitónga esixela ukuba ukobukúlu ubutóngo.
12. **Ukónā**, kukuti ukulondawo.
13. **Ukóná**, kukubuza ukuba ąngafunyanwana ?
14. **Inqína**, umntu onǫ́inela omnye.
15. **Inǫ́ina**, kukuya kuzingela inyamakazi. Umntu wokókelwa yinto esukuba itetwa ukuze aliqonde elona lililo.

lamazwi ayafana,

16. **Ukubanga**, kukuyibanga into ukuba yeyako.
17. **Ukubánga**, kukupúta kwento.
18. **Itálă**, liliwa.
19. **Itálā**, yindawo ekuxónywa kuyo izinto (a shelf).
20. **Isandă**, yinǫ́ayi esekosi emntwini, engasemva.
21. **Isandă**, yindawo ekubúlelwa kuyo inqólowa nezinye izinto.
22. **Isanqá**, sesisenyangeni, nesijikeleze enye into eyiyimbi.
23. **Isanǫ́a**, sesomoya.
24. **Isānxá**, yintaka.
25. **Isănxá**, lunyamezelo lokugqibela ekwenzeni into.
26. **Isavu**, lihobe.
27. **Isavu**, liyeza lenyongo.
28. **Ukubaba**, kokomzimba.
29. **Ukubábá**, kukupápázela kwento enamapiko.
30. **Ibádi**, sisilwana esinamapiko, yinyamakazi yamatafa, libala enkomeni.
31. **Ibáku**, yintaka, yinja, luhlobo lokujikela kumankazana.
32. **Umbálo**, yinto ebáliweyo, yingubo yencáwa.
33. **Imbáli**, kukuxelwa kwento eyenzekileyo.
34. **Imbálì**, ngumntu okwaziyo ukubála.
35. **Imbálĭ**, yimbéwu yento ngokukolwa umti.

University of Fort Hare
Together in Excellence

36. **Ibambá**, lizinyo lesizo ehasheni, nasenyamakazini enje-ngendlovu ; luluti olubamba incha xa kufulelwayo, nokuba ngumnxeba ; ngumntu obambéle omnye.
37. **Ibawa**, ngumntu otand' ukudla, sibáxa se-Nciba.
38. **Icāla**, licala elingasekunenenangasekóhloemntwini nasentweni.
39. **Icăla**, ngumlambo oseba-Tenjini, sibáxa se-Tsomo.
40. **Icébe**, ngumlambo kwa-Centane, liratshi, kukuzipákamisa.
41. **Ukudŭmbá**, kukufuvuka kwenyama yento.
42. **Ukudūmbá**, kukubeta nokuba kupina, ngokukodwa kwinto eleleyo engenakuzihlanganisela.
43. **Ukuhlŭtā**, kukutabata ngamandla.
44. **Ukuhlūtá**, kukwanela wakuba udlile.
45. **Ujōjo**, yinto ende enjengentonga.
46. **Ujojo**, ngabantu abaninzi nokuba zinkomo, xa ezonto zilandelelanayo ukuhamba.
47. **Ukuminyá**, kukukwéla emtini nasentsikeni ngokugweqa, kukunqand' umoya komntu ukuba ungahambi upúme.
48. **Ukuminyà**, kukuyisela into uyigqibe.
49. **Umnyāmā**, kukutshona kwelanga nokuba yinyanga.
50. **Umnyămă**, lupau olusezulwini lokuba ilizwe alingeze libuye litshatyalaliswe ngo-Nogumbe.
51. **Inqáwā**, ngumntu omane ezingela yedwa, elalela.
52. **Inqawa**, yile kutshaywa ngayo.
53. **Inqáyi**, yeyomdongwe.
54. **Inqayi**, yeba sentloko emntwini.
55. **Ukunqúmka**, kokwento ebitsolo.
56. **Ukunqumka**, kokwento ebibaleka njengamanzi.
57. **Inxiba**, ngumntu onxibayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

58. **Inxîba**, yeyamadoda.
59. **Ukuti-nx̌u**, kukuyifaka into emanzini.
60. **Ukuti-nxŭ**, kukubeta ungayeki noko ibalekayo.
61. **Ukuti-nyí**, kukuyibopá into ngokuqinileyo.
62. **Ukuti-nyĭ**, kukuhamba umganyana.
63. **Ukuti-qwa**, kukuhlala ukangele ubonisela.
64. **Ukuti-qw̌a**, yinto emhlopé kwakanye, kukwenza mhlope.
65. **Uku-ŕola**, kukubála etyeni ngentlabo.
66. **Uku-ról̀a**, kukuŕola into pantsi.
67. **Isongó**, yinhlaulo yokonga obesifa.
68. **Isōngò**, bubumnandi, yincasa yento.
69. **Ulusù**, sisikúmba somntu.
70. **Ulusú**, lolutyiwayo lwempahl' ehambayo.
71. **Intàngā**, nguvimba ; yindlu yendwendwe ; yokubalela ; yokulal' usapo namaxégokazi.
72. **Intangà**, zizinto ezilinganayo, ezizelwe ngaxeshanye. Intangă zezetángá.
73. **Isōkŏ**, lisiko lokwenz' into ngomxólo.
74. **Isōkō**, lelokusekela imbiza.
75. **Ukuti-tya**, kukuqabela ; kukubeta ngoshiyi ; kukuyeka.
76. **Ukuti-tyâ**, kukuteta ngokupándle.
77. **Ukuti-tyi**, kukuhambela pambili.
78. **Ukuti-tyî**, kukuvela ekukányeni.
79. **Uku-tyoba**, kukubulala ngozipo.
80. **Uku-tyóba**, kukuzintlala entweni elukúni, kukuwisa.
81. **Ixakà**, ngumntu osixaki, ongenandlela.
82. **Ixáka**, yinkomo empondo zising'ezantsi.
83. **Umzi**, kulapo abantu bahlala kóna.
84. **Umzī**, ngokúla emlanjeni ; sisifo sabafazi.
85. **Isizibă**, yindawo enzulu emlanjeni.
86. **Isizibā**, sesento enxitywayo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Isityĺlo Samazwi Atile Anga-qondakaliyo

(NOTES.)

IZIBONGO ZIKA-NTSIKANA GABA :—

Inkwenkw' ibitánd' i-nkomo. } Lonkwenkwe yayingu-Ngco-ngolo into yasema-Nywa-beni.

IZIBONGO ZIKA-TIXO :—

Usālā sinechibi. . . Kutshiwo kuba imvula ivela kuye.

IMBÓNGI YOMNQAMLEZO :—

Duma barwaqele . . Kuxa u-Tixo ateta ngokududuma kwezulu nangesifo ebantwini, abati-ke ngokoyika botúke bakuliva liduduma.

Ibuyambo . . . . Oko kukuti zibéke emva kwimikwá yobuhedini.

Mhlabi ngezihlabo. . Oko kukuti otete izinto ezinkulu ese-Zulwini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ibarula . . . . . Ukubârula kukugquma. Ku-Tixo kukuteta kwabantu bake beshumayela Izwi lake ngamandla, kubantu abangalihoyileyo.

Lamfonomekayo . . . Oko kukuti lada lapâlala.

Obesigagamela . . . Lowo ngu-Satana, u-Dalas' emdeni.

Ucamagushela . . . Oko kukuti, "utetelel'umoni."

Ngengweletshetshe . Ingweletshetshe ibiba likâkana lokuhlanganisel' ubuso ema-Xoseni, intwana ebilingene isandla. Nakuma-Yuda beliko, kuba ebenawo omabini lomakâka njengati. Elikúlu ebesiti ukulibiza "*Tsana*," ingweletshetshe ati, "*Magan*."

I-Paradesi . . . . . Yindawo yokonwaba nokupúmla.

Mikayeli . . . . . Sesinye sezitúnywa ezikúlu zasezulwini.

I-Kerubim . . . . . Lolunye udidi lwezitúnywa zezulu.

Ezingaconiswayo . . Ukuconiswa kukufungiswa ngomntu ontloni, onje ngoyise wendoda emfazini, ukuba into etile ungayenzi. Apa liteta ukufungiswa ukuba zizilè, zingadli kuba kwenzeke into enkulu yokuzalwa kwe-Nkosi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Emzimayi . . . . Ligama lalamzi u-Yesu wadibana namadoda amabini esiya kuwo : (Ku-Luka xxiv. 13).

Isanuse . . . . . Ligqira lokuvumisa.

Igqira lise-Tyalikéni . U-Mshumayeli we-Lizwi likaTixo.

Emqulwini . . . . Kutetwa i-Báyibilé.

Nain . . . . . Ngumzi u-Yesu awapilisa kuwo unyana okupéla womhlolokazi : (Ku-Luka vii. 11–15).

I-Ntwanazana . . . Lowo ngu-Kumkanikazi u-Fitoli.

U-Gabriel . . . . Sesinye sezitúnywa zezulu.

U-Gweleqiwe . . . Uku-Gweleqa kukuntsela ukuteta ngento uman' ukuyikwekwa, uyiya ngecala.

ISIMANGALO SIKA-TIXO.

Qélesile . . . . . U-Qélesile ngozenza mdala, oti amazinywa-ké asibózo, wozibonela.

Káka-kampétu . . . Ukáka-kampétu lipámba.

Onegqita . . . . Igqita sisifo esibi sokubét' igazi ngapántsi, mhlaumbi sobóbózo.

Sebebéde ama-dlaba . Ukubéd' idlaba kukusuke uti wakuncedwa ungabuleli, ungakatáli ngulowo ukuncedileyo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ziyatshaba . . . . Ukutshaba kukungabinto yanto.

Sekumfolo . . . . Into emfolo yinto ebomvu epálala njengegazi.

Weza . . . . . Into eweza yinto emhlopé qwa.

ICEBETSHU LOKUSINDA :—

Sente . . . . . Ukuti-sente kukusika esiswini ubangwa yimfesane.

Linqwa . . . . . Ukuba nelinqwa kukuba nendawo ekóndlozayo pófu weyisekile.

Ndangumyeke . . . Umyeke yinto eyoyiseke kwapéla.

Kwelo wuba . . . . Iwuba ngumbíti ongenasipélo, yindawo enzulu eginya into eninzi ibe noko ingazali.

Kumanxiba . . . . Ngabantu abambáta ingubo zasem-Lungwini, inge nga-ma-gqoboka pofu bengengawo.

Etékweni . . . . Itéko yindawo ekuhlanganiswana kuyo ngentlanganiso ezizukileyo ezinje ngetyalike. Ngumsebenzi womntu, lunqulo lwake, yingxoxo ezukileyo yabanumzana.

Sakundita . . . . Ukundita kukungagqibi, kukutándabuza, kukungahambeli pambili, kukuma ndaweninye.

University of Fort Hare
Together in Excellence

INGXOXO YO-MGINWA NO-MKRISTU :—

Usuk' amadlu . . . Kukuman' ususela uya uba mnandi ngakumbi. Kukuman' utwela, utalas' igidi, uyolis' udlubu, usenz' amatshamba.

Unaz' izinyanya . . Oko kukuti usuk' ubang' iminyanya.

Kwane-ziheula . . Isiheula ngumkwâ ombi wasemdudweni, nowenziwa endle kumankazana ngamabédengu, kutiwe-ke, kukuheula, nokupâng' umntu kutiwa kukuheula.

Jingqi-mabala . . . Umntu ongujingqi-mabala ngunxa-zonke. Ngumntu oti esebugqobokeni abe esebuqabeni ngemikwâ yake.

Imbândè . . . . Yinto ebetwâyo efana nogwali.

Ziqûm' ulwamityi . . Oko kukuti ziman' ukumitâ abantwana.

O-Vayise . . . . Leyo yingoma yosifa-lutûlini ongayiva emitshatweni, nasezi rhangeni.

Bungela . . . . I-Bungela ngumnt' ongabusanga komkûlu, umntu-nje.

Nxu-mkônjana . . . Yintwana ema yodwa, ikéswa.

O-Kûnu . . . . Ngabelungu.

Induku nentambo . . Kukubanjwa komntu oko.

Matôl' esagwityi . . Kukuti sā njengamatôle esa-[illegible]yi, yimpangalasane.

Lubivana . . . . Into ebityileyo, engamatâmbo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Umgqepe . . . . Butywala, ikwalilizwi lokuhlonipá umcepé obukiwa ngawo.

Lidl' ankonazana . . Ukudl' ankonazana kukuhlelwa yingxawuka, litámsanqa yinzuzo.

Zisenehokoha . . . Ukuba nehokoha kukunganeli, yintw' engazaliyo noko kade umelelo utshona kóna. Lulwandle.

Igode . . . . . Kukuti uzuzile ube usakálaza.

Idongwane . . . . Lilishwa, ikwa limasi.

Niligxabélele . . . Ukugxabélela kupós' intw' emdaka kwebingcwengekile.

Iguburá . . . . Libúnga lamapákati.

U-Lwangwili . . . Lulwabici lwenteto.

Baxák' intendele . . Oko kukuti bumacalana onke.

Sivanxa . . . . . Ngama-Cira lawo.

Imilondekáya . . . Abantwana bokuzalwa, botútú.

Inqudenqu . . . . Zintwanantwan' ezimnandi.

Tangatwana . . . I-Ntangantwa yinto engenakáya.

Mapísana . . . . Amafuta epéhla.

Iduku . . . . . Iduku lilitye lokusila.

Isidlokolo . . . . Ngumnqwazi wemfene

Etye-mali . . . . Kwilizwe elimbá amatye enza imali, njengase Kimbili nase Rautini.

Bayalindundula . . Oko kukuti ilizwe balikά amakénke.

Itswéba . . . . . Yinto endala ebityileyo. Ingubo yakuba ndala kutiwa, litswéba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Amanqelekúma . . Abantwana bezisu.
Olutúng' amabénya . Lwenkohliso.
Inceku . . . . . Inceku yintăndà.
Igukwé . . . . . Igukwé liqinga.
Ibéngeqa . . . . Kukuba neratshi, kukukúkúmala ngenxa yokuba usisityebi.
Kwa petolo . . . Oko kukuti kwapézolo.
Zobupínganisa . . . Ubugqi nenkohliso.
Abalelesile . . . . Abenz' izinto ngamaqinga.
Abanetyéneba . . . Abaruquleyo.
Lityí . . . . . Abafazi.
Lingaqashi-zitó . . Ukuqash' izitó kukuti kubazali bentombi ndipélelwe zinkomo, kánindenze kuhle nindink' umfazi, ndobuye ndinihambele ngezitó zam ndiye kunifunel' inkomo zokulifeza ikázi.
Sivunda . . . . Umntu osisityebi.
Yintshenu . . . . Asikó.
Senizimpatshanga . . Izinto ezingendawo, ezinge nabuntu nasimilo.
Lilurokorwane . . . Lingapéle ndawo.
Ubufebe . . . . Umbulo.
O-Nontsuke . . . O-Masuka-behlala, opémba beshiya.
Luténde . . . . Isiko elimiyo ekuqútywa ngalo ngumzi wonke.
Nemincáca . . . . Abantwana bamagxebekusha, babelungu.
Wezifebe . . . . Amadoda atánd' amankazana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Amafene	Amamenemene.
Hintsati	Ngama Lawu.
Dyubele	Ama-Ngesi.
I-Gogo	Igqira (u-Mlanjeni).
Imitózo	Intwana ngazinye.
Bendiqẃemeshile . .	Ukuzibamba.

IMBALI KA-MAKANDA :—

Dalidepu	Umdali wenzulu.
Esiqitini	Sisiqiti esipǻkati elwandle nga-se-Kapa ekutiwa yi-Robben Island. Kulapo agcinwa kona amageza nabanama-lepele.

IMFAZWE KA-TÚTÚLA:—

Ingqawane	Yingcambu yomti eliyeza lesi-su. Ikwaligama lencúka le kutiwa sisandawane.
Embékeni	Imbéka luluswānà olugquma amabele omfazi njengence-beta.

IMBÁLI ZAMA-XOSA:—

Lingembálasane . .	Lingabalaseleyo, lingadumi-leyo.
Emajajana	Esopǻ.
Yecesika	Esi sifo kutiwa yi-fiva (fever).
Isimangala	Umti wokubulala.
Ludalā	Ihlwempu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Linyangaza . . . Igqwíra, itutu.
Lwangulwangu . . . Impi incinane, ingekó.
Impokela . . . . Intwana ngazinye.
Kwesipúpú . . . . Kweqela.
Ukunqwasana . . . Ukunqandana, ukutíntelana.

IMBÁLI YENKOSI ZAMA-XOSA :—

Seleli-Kwayi . . . Umntu oténwe ebukósini.

UKUXÉLWA KWE-NKOMO :—

Ubuka . . . . . Yileminxeba kupíngelwa ngayo ukwenziwa ingcango zama-Xosa.
Izitúnzela . . : . Yiminyanya yabantu abangasekóyo.

USUKU LWESIBÓZO :—

Ngempotsha . . . Ngokubà nokuxéla impahla yabanye.

AMA-QÁLO AMA-XOSA :—

Eka-Sambuntsuntsu . Oko kukuti eyesityebi.
Eka-Sihlongonya . . Eyehlwempu.
Ngumlu . . . . . Yimfumba.
Ludlwabevu . . . Liyole kakúlu.

UMSITO WAMA-XOSA :—

Kulutúndisa . . . Kubiza amangeno-mzini, uswazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

IZIBONGO ZIKA-SARILI :—

Nomsa	U-Nomsa ngunina.
Hohita	Kulapo ebemi kona ngapámbili.
Kwabe-Nduku . . .	Ngabe-Sutú.
Uma-Mlambo . . .	Inyoka ekutiwa idla izibilini zabantu, ibashiye bengamaholoholo.
Zakulil' izinandile . .	Izinandile yimipu.
U-Fulele	Ngu-Sir Bartle Frere, i-Ruluneli.

EZIKA-SIGCAU SARILI :—

U-Mbáncólo . . .	Ngumlambo okwa-Ngcaleka.
U-Hope	Imantyi ka-Mhlontlo.
E-Ngqubusini . . .	Ligama lesixosa ledolopu yaseMtátá
Ngezinti	Ngezikáli.
Gezane no Mfunze . .	Ngamapákati amakúlu enkosi yama-Bomvana.
Elu-Vulweni . . .	Lizibuko elise-Mtátá awawela ngalo ama-Gcaleka ngo-Ncha-Yechibi ukusabela kwelama-Bomvana.
U-Sitata	Kukunene kuka-Kauta.
U-Manxiwa . . .	Nguyisekazi, umninawa ka-Sarili.
Ntlelelwane . . .	Ngoncwálazi.
U-Mbóxwana . . .	Ligeza lakwa-Gcaleka ekutiwa belibulala abantu ngokusuke litete ngomlomo emntwini liti, uyakuba, asuke afe okunene.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nogqoloza . . . . Udade bo-Sigcau.
Wenkongo . . . . Inkongo yimpi eti ifihlwe lutshaba, luze luyivelise xa sekusiliwa ukuba incedisise leyo kade isilwa.
Ama-Ngoloti . . . Ligama lempi ka-Ngangelizwe awaluka nayo.
Madolo no Sijako . . Ngamapákati awati u-Sigcau akulala kuwo, asuka azimela akumbona, emka kuba engafúni kumxélela nto, ati elusatsheni zekutiwe akaki ahambile.
Gisha . . . . . Umfo ka-Magisha ngowati ngokubona elohlazo watúmela inkabi yebókwe wamxélela.
Mtoto . . . . . U-Mtoto ngoweqadi lakokwabo.
Izwembezi . . . . Izwembezi yinyama yentamo enkomeni.
Yekanye . . . . Ikwangoweqadi.
Kauta . . . . . Uyise ka-Hintsa.
Nqoko . . . . . Nguyise wenkosi u-Sigidi obehlala e-Cizele kufupi ne-Dutywa.
Tsheko . . . . Umtsheko zinkomo ezitinjwe elutshabeni ezilunge kwinkosi.
Ntaba . . . . . Igama abebuliswa ngalo u-Rili. Igama lake lobuhlobo na ibingu-Zotana.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-SIWENGU NXÍTO :—

Ndamase	Inkosi yasema-Mpondweni.
Kónjwayo	Inkosana yasema-Mpondweni.
Gxawu	Imbiza esiti ngungxawu.

EZIKA-SIBÓZO MNZABELE :—

Lefele	Ilefele yi rifle.
Komanisi	Mr. Cumming.
Ezi-Landana . . .	East London.
U-Tikoloshe . . .	U- Hili.

EZIKA-NGUBO MALASHE :—

Ezinoqónqa . . .	Uqónqa sisifo senkomo, eziti zakuba naso zisuke zingcungcuteke, zipél'amandla zife.

EZIKA-NGQIKA MLAU :—

Nyelenzi no-Makábale-kile .	Amapákat' amakúlu akwa-Ngqika.
U-Nyoko	U-Tútúla.

EZIKA-SANDILE NGQIKA :—

Gqolonchi	Umlambo ongase-Mgwali wakwa-Ngqika.
Bantlaninge . . .	Baninzi.
U-Sutu	Unina.
Ka-Feni	Mr. Fynn obe vimantyi.
Ku-Tela	Mr. Taylor imanty'enkulu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

U-Tshalisi . . . . Hon. Charles Brownlee obengumlomo ka-Rulumente pákati kwama-Ngqika.

Zinamacapaz' egazi Ukutánd' ukulwa imfazwe.

Lemp' imakwénkwe . Ngabelungu kuba bengalúki.

Ka-Smiti . . . . . Sir Harry Smith i-Ruluneli.

Ise-Montini . . . . Waya kukwéliswa e-Monti

Kwavulelwa . . . . Kwadutyulwa.

Kondile . . . . . Mr. Calderwood obeyimantyi ku-Maqoma.

EZIKA-GONYA SANDILE :—

Ahamb' ebamba . . Abangamhlauliyo ngalofama yake ise-Cwárú.

E-Kapa . . . . . Oko bebesebubanjweni.

Wakashe . . . . . Umpákati omkúlu.

Pányaza . . . . . Omnye umpákati.

Kasuswanga . . . . Kuvunyiwe zinkosi ukuba ibe nguye i-Nkosi.

EZIKA-NGONYAMA TYÁLI :—

Ka-Tshitshiba . . . U-Tshitshiba nguyise ka-Feba- na omnye wamapákati ake amakúlu.

EZIKA-FENI TYÁLI :—

Ncúguwe . . . . . Ngudade wabo.

Ludalasi . . . . . Intw'elele yetyaba.

Be-Jadu linikelo . . I-Jadu ngumlambo ongase-Gqugesi apo ibisiti inkomo

University of Fort Hare
Together in Excellence

yakutya utyani isuke iqunjelwe. Kutshiwo ngalonto ukutiwa lunikelo. Oko kukuti kutákatwá ngabo.

Ubukúlu abubangwa . Kutiwa u-Tyáli uyise wazeka intombi yomnt' omnyama eyazal' u-Ngonyama, owati uyise akufa wabambá ubukúlu. Ute u-Feni, ongowentombi yom-Tembukazi, akukúla wayifuna indawo yaké yobukúlu, wasuka u-Ngonyama akavuma ukumnik' isigcobo akusifuna. Ukútshiwe-ke noko kwamiswa u-Feni lowo ebukósini, kuba inguye owom-Tembukazi. Yiyo-ke lendawo kutiwa, *ubukúlu abubangwa ngamlomo, bahlulwa kukutshata kwabafazi.*

EZIKA-MAQOMA NGQIKA :—

Nomina . . . . Udade wabo.

Ngokubuy' umva . . Kutiwa yi-Nkosi ebingasihlauli isikweliti sayo evenkileni yomlungu, ubesuke ati umlungu akusibiza asuke amjamele, ati, ' No-Joli akuyi kusiva ?

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ityabákazi	Ngumfazi otyebileyo otándwa kakúlu yindoda. Ngamanye amaxesha liteta iqela labafazi.
Undlel' ezinamaqékez' ebótile	Kuba ebetánd' utywala basemlungwini. Kutiwa nanamhla ukubizwa kwabo, "Ngamanzi ka-Maqoma."
Ka-Fuldaysi . . .	Col Fordyce.
Esiqitini	Robben Island apó wafela kona.

EZIKA-NDAMASE KONA :—

Singata	Ligama abafazi ababiza ngalo ama-Joni (soldiers).
Tóliwe	Udade wabo.

EZIKA-MHALA NDLAMBE :—

Lamulekile . . .	Limangalisiwe.
Inempobole . . .	Yintshinga eyenziwe ngomsila ka-dyakalashe.
Ndayi no-Tshunungwa.	Amapákati amakúlu

EZIKA-NOWAWE NDLAMBE :—

E-Bálini	Bálini umzana wama-Jamani (Berlin) ongase-Qunube (Blakey Junction).
Ku-Pauli	President Paul Kruger.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-NDIMBÁ MHALA :—

U-Rẃexu	Ngu-Satana.
Makeleni	Col Maclean.
Tshalisi	Charles Brownlee.
Kwa-Keli	Mr. Kelly (Draaibosch).
Komanisi	Mr. Cumming.
Bulunga	Yinkosana yakwa-Ndlambe e-binguntamnani.

EZIKA-TOYISE GASELA :—

Xobongo	Ngunina ka-Toyise.
Ulugqobo	Oko kukuti mde.
Izicúťú	Amehlo anecápoti.
Inkemfu	Yinqáka yamasi.
Inquqú ka-Mjembu .	Yinkatyana egwangqa eya-tinjwa ngu-Gasela elu-Sutu emva kukuxola kwemfazwe ka-Hintsa. Ibingangetóle ubukúlu bayo. Ibiti mhla kuleqwayo ibete kude kwezinye. Yafela e-Mgwangqa pambi kwemfazwe ye-Zembe.
Finyeza	Ngudade wabo intombi enkulu ka-Gasela.
Intsundu yakwa-Sana .	Yenye inkabi aweza nayo kwakube-Sutu ebibaleka kakúlu.
Dila no-Fintela . .	Ngabantu eyapúma nabo ngelityi lamaqakaqa yama-Ntinde.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-MJUZA NXELE :—

Indlovu yase-Nciba . Kulapó walwa kona nama-Ngesi ngeye-Zembe kwelozibuko le-Nyati.

Ku-Bomvu . . . Kumhla wabetá u-Bomvu into ka-Majaba yasema-Ngwevini.

EZIKA-BUKULA MJUZA :—

Intsimb' equtú. . . Yihuku le kubanjiswa ngayo intlanzi.

EZIKA-NDAYI TSOŔA :—

Ka-Semsem. . . . Mr. Simpkins.

EZIKA-MQIKELA NDAYI :—

Mapissa . . . . . Yinto yasema-Zizini ebimi e-Dongwe.

Imirúkwane . . . Yintsimbi yomqala neyengubo.

Tshongweni . . . Umpákati omkúlu wakwa-Ngqika.

Nyamezele . . . . Into yasema-Cireni ebingumpákati ka-Mhala.

Xáma. . . . . . Inkosi yama-Mbálu.

EZIKA-PÁYA NCÍNTSI :—

Ngepúnga . . . . Ipúngu yincha yabakwéta yo-[illegible].

Katikati . . . . Sir George Cathcart.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Joni . . . . . Amasoldati.
Lungukazi . . . . . Queen Victoria.
Gezana . . . . . Ngulomfulana uhla nemalike yase-Qonce bati yi-Fleet Ditch.

EZIKA-RANGI GWELELE :—

Imbénga . . . . . Sisitya esenziwe ngemizi soku-senga.
Amatála . . . . . Zizitya zamasi.

EZIKA-TOBI QÉLO :—

Zimela . . . . . Udade wabo.
Eqoqweni . . . . . Iqoqo yindlu yenkosi. Liqe-la lomkósi elifihlelwe ukuze lipúme lilwe lakufuneka.

EZIKA-TOKWE BOTOMANI :—

Nguni . . . . . Ama-Nguni ligama abizwa ngalo ama-Xosa zizizwe ezi-kweliya lipézulu.

EZIKA-MPANGELE TOKWE :—

Madondilo . . . . . Mr. Mc.Donald, umlungu obe-nevenkile kwa-Ngqika.

EZIKA-WONGAMA MPANGELE :—

Sonyiwa . . . . . Yintsimbi yamaso ekwenziwa ngawo isidanga.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-BOTOMAN MANTLA :—

Nezibozi . . . . Isibozi yimvaba endala ekupḗhlelwa kuyo.

EZIKA-NGANGELIZWE MTIRARA :—

Kwe-Xwili . . . . Ixwili ligama lentaba.
Kázeka . . . . . Udade wabo owayendele kwinkosi u-Sigidi waza wazala u-Matúmbu.
Elingenantonga . . Kutshiwo kuba ebengalwi ebesuk' aman' ukulala ngati ngumntu ongenantonga.

EZIKA-DALINDYEBO :—

Seme . . . . . Yinyamakazi.
Nolutshokoju . . . Ngumlungu.
Jidini . . . . . Ngumlungu.
Jilingisi . . . . Mr. Jennings.

EZIKA-GUNGUBELE MAPÁSA :—

Elintshentshetá . . Elibukáli.

EZIKA-HOLOMISA MDUNYELWA :—

Iqósh' elinoqoqo . . Yimali.

EZIKA-ANTA NGQIKA :—

Nqankase . . . . Udade wabo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-PÁTO CÚNGWA :—

Mandoli . . . . Igama lika-Páto lokubuliswa.

Mabululu . . . . Ligama lezibuko elisemazantsi e-Tyityaba, e-Nciba. Kulapó walwa kóna nabe-Lungu ngemfazwe ye-Zembe.

Gomomo, Fani, Ngcipule } Ngabantu ababenukwe ngamagqira akwa-Páto kusitiwa beba inkomo.

Ivul' indlela . . . Kutetwa kuba wayehambisa incwadi zakwa-Rulumente, ngemfazwe ka-Mlanjeni ngokutúnywa ngu-Makeleni, (Governor-Maclean) i-Ruluneli.

Ingcebetsha . . . Igama laba-Mbó legxebekana ekugwadwa ngayo.

EZIKA-WILLIAM SHAW KAMA :—

Latóni . . . . . Yinkosana yaselu-Sutu.

Dziya . . . . . Yinkosi yaselu-Sutu uyise ka-Lerothodi.

Magwa . . . . . Inkosana yaseba-Tenjini.

Njengelanga . . . Inkosana yaseba-Tenjini.

Kámanga . . . . Lihlati elingase-Xúkwane awangena kulo u-Matebese ngemfazwe ka-Nca-Yechibi, ngo 1877.

Mbá-ngobuso . . . Ligama lika-Kama uyise.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA GANA KABA :—

Filepisi . . . . . Ngumlungu obese-Nqúshwa e-bekuténgwa kuye imipu nge-mfazwe ka-Hintsa.

EZIKA-JAMES MAMA :—

Tiyabo . . . . . Udade wabo.

Dafini . . . . . Luhlobo lwentaka ezikumla-njana okufupi ne-Gqili.

EZIKA-MARTHA BOYCE MAMA :—

Ndlovu ayisindwa . . Kutetwa kuba emkúlu umzi-mbá wakė.

Nqwebebeni . . . Kuse-Horton ngase-Nqúshwa apo u-Rev. Mama ebengu-mfundisi kóna.

Inambézulu . . . Yinyoka apá eluhlazati olulu-bélu, ende, ehlala emitini. Ama-Bhulu ati yi-Boom-slang.

EZIKA-SIWANI MDUSHANE :—

Nongoqo . . . . Udade wabo.

EZIKA-BÚNGANE NTSELE :—

Izikúndlwane . . . Abantwana.

Ngambili . . . . Ngambini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-DLOMO :—

Alubane . . . . Oko kukuti, "ukuba ebengatánga."

EZIKA-VELDTMAN BIKITSHA :—

Mtándi ka-nqata . . Kutshiwo kuba ingumntu otánd' ukuxéla ezityebileyo empahleni yaké.

Ukosulelwa . . . Ukudyojwa ngetyala.

Njenjemane . . . Umhlaba ka-Njenjemane wawungulo usecaleni le Zazulwana. Wati akuwuhilizela wanikwa kwa u-Bikitsha.

Noleti . . . . . Inkosikazi yaké.

EZIKA-HLANGANA NJEZA :—

Gungu . . . . . Igungu ligunya.

Umlunda . . . . Lilunda, isixánti esiyinyama ebisiwa komkúlu kwakuxélwa.

Ngusihlangu . . . Oko kukuti, likáka.

Amakóbongwana . . Zezinkomana zasemlungwini zimpondo ziqutwana.

Ngesiheula . . . . Intomb' edlwengulweyo.

Yaselu-Xweseni . . Ngase-Donqaba kufupi e-Nceméra.

Joni . . . . . I-soldati.

EZIKA-SIGCAU MQIKELA :—

Bagwiqe . . . . Bahleli.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bham . . . . . Imipu.
Vilazana . . . . . Ntakazana.
Stanford . . . . . Imanty' enkulu ese-Mtátá.
Usangiwa . . . . . Utándwa ngemali yaké.
Nxúwa . . . . . Nxówa.
Ulurólokoqo . . . . Uluróqoŕoqo.
Meja . . . . . Major Elliott, obeyi manty' enkulu e-Transkei.

EZIKA-BOKLENI NQWILISO :—

Welishi . . . . . Mr. Welsh, imantyi.
Yingxuwa . . . . . Inxówa.

EZIKA-MASUPHA MSHWESHWE :—

U-Tulwana . . . . Ngu Mr. Josiah. J. Tulwana obeyititshala efundisa abantwana babe Sutu e-Bensonvale.

EZIKA-MONI NTSHUNQE :—

Cótose . . . . . Udade wabo.

EZIKA-ZWELIBANZI LANGA :—

Ntshungu . . . . Uninakúlu.

EZIKA-PÁKAMILE LANGA :

Intshengeca . . . Ilityíbukáli.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-NGANTWENI LANGA :—

Elimdlazi . . . . Elimpondo zoluke njengamapiko.
E-Ndlozi . . . . Yinyamakazana eyele kwi-Hlosi koko ilula kunalo.

EZIKA-HLATIKÚLU LANGA :—

E-Gungululu . . . Ngumlambo osema-Mpondweni.
Bůlekiwe . . . . Ngu Mr. Blakeway, imantyi.
Umtsheko . . . . Inkomo ezitinjwe emfazweni.
Nowanga . . . . Yintaka.

EZIKA-SIRÚNU MONI :—

Jalamba . . . . Uyis' omkúlu ka-Moni.
Inamagxina . . . Inamandla, inkulu.
Jabanga no-Gubu . . Ngabantu abanukwayo baza babulawa ngu-Moni.

EZIKA-NGQWANGELE SIŔUNU :—

Nomtóna . . . . Udade wabo.
Rarile . . . . . Liŕaŕa.
Intibane . . . . Yinto efana nembúwa edliwangexesha lendlala.
Ixáyelo . . . . . Kulapó into ebiweyo ifike ixélelwe kóna. Apó umntu obuleweyo ate wabulawelwa kóna.
Ukufola . . . . Ukulala nesitándane.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-MHLONTLO MATIWANE :—

Yokazi . . . . . Udade wabo.
Ngusiswenye . . . Ngumpáka ti neciko lika-Ngangelizwe, elingu-Xélo, ebelisisiqwála life imilenze. Bekusitiwa siswenye kuba ebefunqulwa.
Kubósolwa . . . . Kusulwa.
U-Hope . . . . . Mr. Hope imantyi ekutiwa wayibulala koko lite lakutetwa ityala elo wakúlulwa.
Alaziwa . . . . . Koko wayezimele waya elu-Sutu.

EZIKA-MDITSHWA DIKO :—

Kwe-Xwíli . . . . Yintaba.

EZIKA-DR. W. ANDERSON SOGA. M. D. :—

Amayeza . . . . Kuba eligqira.
U-Nkomeni . . . Yinkosi yakwa-Bomvana, iseyinkwenkwe, ifunda e-Blythswood, isabanjelwe ebukósini.
Ndingumntu Wokuqala. . Kutetwa kuba engumfundisi wokuqala kwa-Bomvana.
Kwaqal' ubawo . . U-Nogaga, uyise ka-Gaqelo imbongi yakwa-Bomvana. Ngu-Nogaga lowo owatunywa ngu-Gambúshe, inkosikazama-Bomvana, ukuba aye kucela ku-Kauta, kwa-

University of Fort Hare
Together in Excellence

	Gcaleka, inxuwa. Ama-Bomvana ngama-Mpondo ebesakuma e-Mngazi.
Mbáyela	Uyise omkúlu ka Gaqelo
Ntak' obusi . . .	Kutshiwo ngobubele buka-Gqira.
Mayekiso no Mtshakaci	Amapákati akwa-Bomvana.
Izikónkwane . . .	Kulapó kwapúkela inqanawa, nalapó bafumana kóna izikónkwane zentsimbi.
Zilenzi	Kutétwa kuba ugqira lowo esiti akufumana inyoka asuke ayifake ebótileni. Lonto isisimanga esikúlu kuma-Bomvana.

EZIKA-REV. W. B. RUBUSANA :—

Zala	Ukunene kuka-Sandile.
Noposi	Inkosikazi, intokazi ka-Myeki.
Búloró	Yi-Búlofo ye-Nciba (Kei Bridge).
I-Tóle	Kutetwa umlambo.
Limemez' uhlanga . .	Kuba eshumayela.
Mpilo	Ligama lomfundisi lesi-Xosa.
Nguyise-kúlu . . .	U-Mbonjana uyise omkúlu womfundisi lo wayengumkókeli kumfundisi u-Rev. van Rooyen, omdala, kwa-Nyakanyaka.
Ka-Mdange . . .	Umfundisi ngumfo wakwa-Mdange.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Montini	E-Monti apo angumfundisi kona.
Lomvalo	Kutetwa umfundisi lowo.
Kwanyikim' e-Kapa .	Koko wayeye e-Kapa eye kutándazela abantwana be-Nkosi baka-Sandile ku-Sir Gordon Sprigg ukuba bakúlulwe.
Ngumnqay' omde . .	Kutétwa kuba eyingxwenga.
Mazima	Kulapo azeke kona intokazi yasema-Zimeni, ka-Nzanzana.
Dikeni	Apo wafunda kóna.
Pákati	Kwa-Rulumente e-Kapa.
Nomenti	Igama lika-nina.
Kwelera	Kwesinye sezikolo zaké.
Centane	Apo wadibana kóna nenkosi.
Ukáka lenyaniso . .	U-Tixo, kwiculo lika-Ntsikana.
Xóloła	Esinye sezikolo zaké kumandla wase-Cumakala.
Sondishe	Umvangeli waké kwa-Zidenge.
Dwashu	Umvangeli wake e-Zeleni.
Ncapo	Umvangeli wake e-Mpongo.
Bóngco	Umvangeli wake e-Kwenxuła.
Zintlaninge . . .	Zininzi.

EZIKA-REV. LIEFELDT :—

Haluhalu	Ingoma yasema-Xoseni.

EZIKA-REV. CHARLES PAMLA :—

Masigugunye . . .	Oko kuzuti masinqunqutė. Kutiwa kwati ukuzalwa komfu-

University of Fort Hare
Together in Excellence

ndisi lo kwabiwa inkomo ya-kwa-Tswane, ema-Mfengwi-ni, ngomnye wama-Gcale-ka akwa-Hintsa. Kulandi-we umkóndo waya kungena kumzi onemfama yexégo. Kufikwe lihleli lodwa kanti amadoda alomzi ati aku-bona abanini nkomo besiza, ati kuba kwakusahlezwa a-matámbo ayo, ati kwimfa-mamayifihle pantsi kwengu-bo elo yayilihleza, kuba naba abantu abayilandayo sebekufupi. Okwenene ye-nza lonto. Abanini nkomo bangena kuyo lendlu inexé-go bahlala. Kute kwakuba mzuzu imfama ihleli netá-mbó elo, ite-cwaka, yava-kala isiti ; " Abantu bakwa Tswane sebemkilena ? " Ku-péndule abanini nkomo bati, " Ewe abaseko." Ili-rólile itámbo yavakala isiti, " Masinqunquté itámbo le-nkomo yakwa-Tswane "— Babanjwa ngalonteto aba-ntu balomzi. U-Charles Pamla wazalwa ngaloveki babanjwa ngayo.

Umbulali wembiza . Kuba ebehamba epálaza u-

University of Fort Hare
Together in Excellence

tywala akubufumana endlwini yegqoboka.

U-Mjikelezi . . . Kuba ebehamb' eshumayela i-Vangeli.

Lesipékepéke . . . Kuba ebeshumayela abantu boyike, bakále.

EZIKA-REV. EBEN. P. KOTI :—

Zentsuba . . . . . Zemvaba.

Joni . . . . . Uyise wenkosikazi yaké e-Peelton.

Ngomtónyama . . . Umtónyama ngamazantsi obuhlanti apó umgquba umninzi kóna.

E-Zinqayi . . . . . Izi-Nqayi zisemantloko e-Dike.

Inkongo . . . . . Ingoma engayekwayo, evunywa kwenziwe isanqá, kubetwá izandla.

Melika . . . . . Kuba waká wawela wasinga kwelase-America.

EZIKA-REV. CANDLISH KOTI :—

Zecítywa . . . . . Imbóla.

Yipon' am . . . . . Kutshiwo kuba emfutshane ngesitómo.

Ekwélwe . . . . . Kuba yendiselwe.

Izi-Kotshi . . . . . Kutshiwo kuba waka wawela wasinga pésheya kwelama-Skotshi.

U-Gilesi . . . . . Yinkosikazi yaké.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ncisininde . . . . Apo angumfundisi kóna ngase-Tsomo.

EZIKA-REV. BRYCE ROSS. D.D.:—

Mcokeli . . . . Kutshiwo kuba ebengumguquli wezibálo ukuziguqulela esi-Xoseni.

Yehlati . . . . . Kutshiwo kuba isikolo saké sipántsi kwehlati lika-Hoho.

EZIKA-REV. J. K. BÓKWE :—

Mdengentonga . . . Kutshiwo kuba noko amfutshane ufikelela kwindawo zamadoda amade engxoxweni.

Mina . . . . . Yintombi enkulu ka-Dr. Stewart apo umfundisi lo ebebála, egcin' incwadi zemali kóna, e-Dikeni.

Kumnakwabo . . . Kutetwa u-Mr. Stephen, kuba u-Mr. Bokwe wayewele waya e-Skotilani.

U-Somgxoda . . . Ngu-Dr. Stewart.

Emgwali . . . . Kuba u-Mrs. Bókwe yintombi eyafunda kwisikolo saseMgwali.

EZE-HASHE LIKA-BÁCA SISHWALI :—

E-Sirosheni . . . Lilizwi elihlonipá umpántsi, womntu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZE-XÁKA LIKA-MEYI FAXI :—

Ngamakólokólo . . Babitye kakubi.

EZIKA-"NGALOMHLOPÉ" IXAKA LIKA-BAVUMA:—

Inangqaza . . . . Ingqaza yintsimbi eyenziwa ngamaso abomvu, amnyama, namhlopé. Inxitywa, entloko ngamakwénkwe, ize kubekó inxenye yayo ejinga ngasemva.

Umkángo . . . . Umkába.

EZIKA-" NTSHULANTSHULA " :—

Yimirúla . . . . Imirúla zezinyokana zabafaz kutiwa zidla abantwana nga pántsi..

Makay' endleleni . . Aye kusebenzela inkomo ngokumbá indlela.

EZIKA-" NGABA-MHLABA " :—

Tiba . . . . . Uninakulu woyise ka-Mada leni.

Mjatya no-Cebo . . Onyana baka-Tiba.

Magingxa . . . . Um-Gcaleka.

Mkóntwana . . . Um-Gcaleka.

Púku . . . . . Um-Gcaleka.

Ngxokela . . . . Um-Ngqika.

Tyéke . . . . . Um-Mdlambe.

Nezi-Kwábaba . . . Isi[illegible] se-Nxaruni.

Gqwayi . . . . . Oko kukuti, lemfengu.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-" LUBISI " IQEGU LIKA-MANGONA :—

U-Jakuja . . . . Ligama lengoma yama-Xosa.
Ngengxobongwana . . Ligama lesifo ebesiko nyakakana kwaluka u-Sandile. Bebesuka abantu bajaduke, abafazi bapúme izisu. Sasesiba yingoma ekuvunywa yona.
Ujaka . . . . . Ligama loduli.
Amaṙolo . . . . . Amasi.
Imihali . . . . . Ligama lokuhlonipa umgodo wezinja.
E-Qáṁtweni . . . I-Qáṁtwa yindlu ehlal' inkosi namapáṁkati amakúlu. Ikwaligama lokuhlonipa imvaba.
Esi-Qitini . . . . E. Ingilani, kwelama-Ngesi.
Sazipétu . . . . Alila amehlo.

EZIKA-" MAGAM' AGWETYIWE " :—

Jiningisi . . . . Mr. Jennings, imantyi endala yase-Monti.
U-Magila . . . . Mr. McGrath obeyifama e-Mdantsane ngase-Monti.
Tomsana . . . . Mr. Thompson obelifama kwangase-Monti.
Mdyogolo . . . . Mr. Adkins ongumfama e-Mdikido ngase-Monti.
Dekisini . . . . Mr. Dickson umfama.
Ngepanto . . . . Liviti ekuwelwa ngalo icwéba le-Qonce.
Litúntubeza . . . Ukuliteta kuhle, kancinane.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Gqwaru . . . . . Kwa-Ndlambe.
Gaxa . . . . . Kwa-Ndlambe.
Mbéde . . . . . Kwa-Gcaleka.
Mbómbó . . . . . Kwa-Ngqika.
Nxwála . . . . . Kuma-Ngqunukwebe.

EZIKA-" NGCOMBELA " IQEGU LIKA-VENFOLO :—

Gxiya . . . . . Intaka.
Enqankaleni . . . Ehlwempini.
Nomzanga . . . . Nomzanga, ingoma yamaxégo evunywa mhla kutshila abakwétá.
Ehe . . . . . Ligama lokuhlonipa ubudoda.

EZIKA-" NTAKA-MHLOPÉ " :—

Imhlopé . . . . Kutetwa kuba iqatywa ngekalika em-Lungwini.

EZIKA-" NOMNYAKA " IMAZI KA-QOBA :—

Kóliwe . . . . . Sisibonda sase-Dongwe.
Mapísa . . . . . Li-Zizi lase-Dongwe.
Dunga . . . . . I-Zizi elihlala e-Dongwe.
I-Nyatyora . . . . Ngumlambo ongase-Mkángiso.
Amapúkutsha . . . Ngumgubo wombona xa wenziwe umqa walukúni.

EZIKA-MDYOGOLO XÓTÓ :—

Nongeshana . . . Ngamaso eberwexwana, emhlophe, abeténgiswa ngabelu-

University of Fort Hare
Together in Excellence

ngu kuma-Xosa pámbi kwe-
mfazwe ye-Zembe. Afika
kwelilizwe kunye nezintsi-
mbána kutiwa ngamatyá-
ntyala nama kalamsha

EZIKA-DYANTYI MVIMBELI :—

Izaka . . . . . Ngulomkónto uqoqiweyo ku-
binzwa ngawo.

Rilifa . . . . . Ngumfulana okwi-Zele lika-
Dlongwana.

Rwéya . . . . . Ngomny' umfulana okwakóna.

EZIKA-MHLAKAZA NDALASI :—

Olofele . . . . . Kukuti old fellow.

Umancáka . . . . Amancáka zinwele ezinde ezi-
yapúyapú njengezomlungu.

EZIKA-CITSHE DURÁNA :—

Izinzabela . . . . Kutetwa amazinyo nempondo
kuba bekunzatyelwa ngawo.

EZO-NYANA BAKA-MRAYA :—

Ndiyavamba . . . Kukuwucúcá umzimba nge-
silanda nemela.

EZIKA-MOSES XÁKALASHE :—

Zimahola . . . . Zikúlu.

Waqash' upáhla . . Wafilish' imbi endalileyo.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-LISANI NGXOKO :—

Lefele . . . . . Oyi rifle.
Bólsiki . . . . . Sisifo esuke inkomo ibe namakálane, ingcungcutéke.

EZIKA-ZANDILE SOBIJASE :—

Wegitsha . . . . Yintakana encinane ekwazi kakúlu ukuzimela. Umntu oti akuzimela angabi nakufunyanwa kutiwa, ligitsha.

EZIKA-ROBERT PEPE :—

Kwawamandulo . . Kwamadala, kwawakudala.

EZIKA-GONIWE GXAVU :—

Nyombolo . . . . Yomnt' obomvu.

EZIKA-PASCOE KOTI :—

Ucango . . . . . Kutetwa kuba esebenza e-ofisini.
Tomsana . . . . U-Mr. Thompson ube yimantyi yakwa Centane.

EZIKA-SAPÚLAMXÁKA KOTI :—

Ama-Sará . . . . Ngamalawo ; mhlaumbi abantu abahamba befuna umqomboti, u-*Jongwa-lipéla*.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lemskuni . . . . Yi remskuni le kuqóṫyoshwa ngayo inqwelo.
Kiloko . . . . . Butywala bomlungu.
Jamani . . . . . Kuba engumfama.

EZIKA-KWÉZI KÓTÓ :—

Enkumandeni . . . Empini.
Ngumqwabulo . . . Umntu ongenanwele, ongenamisebe.

EZIKA-DYAN KÓTÓ :—

Kukúnkutá . . . Ukukúnkutá kukubetá into eleleyo, eludwamba.

EZIKA-MSHWESHWE BAYEDWA :—

Kuseduze . . . . Kukufupi.
Undetanina . . . Undenzanina.
Unditekile-na . . . Unditengile-na.
Licatimla . . . . Lizidla.
Ngelisepa . . . . Ngesepa.
Intyikityáwe . . . Inyikityáwe.

EZIKA-MEVENI MANGELE :—

Mpelesi . . . . . Impelesi yintombazana ehamba nomntwenyana xa aya emzini wake, ukuba iye kumqélisa. Ngoku intombazana ebat[illegible] umntwana sekusitiwa yimpelesi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-JOHN DLABAZANA :—

Ngedadangule . . . Yincha ende ebekusenziwa ngayo intambo kudala.

EZIKA-MAGWAZA MEMANI :—

Ngumxálagube . . Umtâna onenkozwana ezityiwayo.

Umbingelelo . . . Ukubingelela ibilisiko lama-Xosa ebelisenziwa ngokuxélwa kwento ehambayo. Iminyanya ibixoliswa ngokwenzelw' idini, kubingelelelwe. Inkosi zamanzi bezixoliswa ngokwenzelw' idini ngomnt' obizwe ngumlambo. Omagqira bebebingelelelelwa. U-Mlanjeni mhlana wateta wati, umzi mawubingelele inkomo ezimdaka Umntwana ubebingelelelwa mhlana umdlezana apúmayo, ngokuti kuxélw' ibokwe ; yaye yonke lento ibisenzelwa ukuxolisa iminyanya ukuba yenze cósi, kube-hele, kulowo wenzelwe idini, ukuze ati ukuba ubesifa apile.

Zadl' entloko . . . Kutetwa kuba umninizibongo ezi enamatshanda entloko.

Isicit' esinefowana . Ayasazi amadoda apo sikóna emntwini.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Zilidayidayi . . . Idayidayi yinto eluhlantlalala.
E-Nkonxeni . . . I-Nkonxa ligama ekwabizwa ngalo indawo ondilele ebebebalekela bahlale kuyo, ngemfazwe ka-Ncha-Yechibi. Londawo ibikwa-Xaxazele apo abazinikelayo, ukupúm' ehlatini, bebehlanganiselwa kóna.

EZIKA-MHLAKAZA MATSHAMBA :—

Encalubeni . . . Incaluba yincha apá entyantyambo zimhlopé, ekufulelwa ngayo ; abanye bati ukuyibiza yi-Ncaluka, abase-Mbo bati yi-Nkomfe.
Ifune . . . . . Lixelegu, umnt' opántsi.

EZIKA-SIGONYELA GCUMENI :—

Inkumanda . . . Impi. Ezi zibongo zake zixela mhlana kwalwa ama-Ngesi nama-Xosa ngemfazwe ka-Ncha-Yechibi.
Sasincáncátá . . . Sasingalwi kuba sasisoyika, sasisenza inkwalambesi.

EZIKA-VEYISHIWE GEJE :—

Nisina . . . . . Kuse Kn[illegible].
Sokuhaka . . . . Sokuqósha.
Unetyáliti . . . . Unemali.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Ziziyikili . . . . Into eninzi.
Kuncetezwe . . . Kucelwe kuye.

EZIKA-SOJINI KALIPÁ :—

Liyangqenga . . . Alinamntu ulitetayo, liti lilapa libe likwenye indawo.
Madugula . . . . . Mr. McDougal obenevenkile ne-báka.
So-Ngxakangxaka . . Ligama lesi-Xosa lika Mr. Birt owayezalana nomfundisi owazekayo wase-Ncemerá.
Ketile . . . . . Mr. Kettles obengumfama.

EZIKA-ZIBÓTI KULUTO :—

Ngumbembéŕana . . Intwana enqinileyo, eluhlazana, engati ihlel' isozela.
Nogqeku . . . . Yingoma eyole kakúlu yamhla ngentlombe.

EZIKA-NOPÓKOPÁLANA MQÓMO :—

Intendele . . . . Luhlotyana lwezikwátsha zamasandle.

EZIKA-NGANGI BÚKUPENI :—

Bótanisi . . . . Ngalamaqósha atúngelwa ezint[illegible]veni zamaqaba, nakwimibáco.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Yingwane . . . . Ingwane zezizixezwa elwandle.
Injwila . . . . . Zimbúmbúlu ezipós' abantu abebedutyulwa, zeziti zakudlula zifumanane nebekungadutyulwa bona.

EZIKA-KOLANTI KONDILE :—

Kolanti . . . . . Lipépá-lendaba, mhlaumbi isibébélelesencwadi ebáliweyo.
Lizilali Zingqungqutela . Kutetwa kuba ilizwe lo-Kumkanikazi ligqitywe zidolopu, yaye lonto yokuma ndaweninye kwabelungu, ezidolopini, isimanga ema-Xoseni.
Yagongqa . . . . Kucingelwa ukuba izibonda u-Rulumente uzihlaula bakugqib' ukurafa abantu, ngokoke imbóngi iti, ibanjiwe ibátalo yazo bade bonke abantu barafe.

EZIKA-JOYISE NGESE :—

Tándiwe . . . . Ngudade wabo.
Ezantile . . . . Ulwatile ngumtí.
Oyinyapópó . . . . Ozele ligazi.

EZIKA-HALUBESI SOLFONDORÁ

Ngomqatango . . . Indlelana encinane, elucinya.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Lidikazi . . . . Ngumlenze wanga-pántsi enkomeni,ngecala elele ngalo

---

EZIKA-SKITI GORÁ :—

Ndembelele . . . Umntu ekutiwa undembelele ngumntu omile kakuhle wonke epéla, waye elingene wonke umzimba wakė, elibúje.

Umnqwantsi . . . Uyaziwa ngamadoda.

Ingqabalalana . . . Intwan' epápileyo.

Unambunambukazi . Into ehamba kuhle, kancinane, inganxámi.

Zinxaxázo . . . . Yintsimbi ebisakufakwa emaqaténi.

EZIKA-KOSTINI QÓRÁ :—

Icub' elisixwexwe . . Intembeleya.

Ugolweni . . . . Yi-hafugolweni.

Isifatyi . . . . . Kukuqab' inwele ngembóla namafutá, uziyeke zome, zisuke zenz' amaqina.

Amanqobo . . . . Amadanda.

EZIKA-GEJE KULUTÁ :—

Holofele . . . . Old fellow.

EZIKA-DAWUWA ZENANI :

Umbaba . . . . Wild chestnut.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-BASOPU NCÚLE :—

Impengempenge . . Into enganxibe-nto.
Nguntamekana . . Lusana.

EZIKA-RÁNDOYI KALIPÁ :—

Kuw' amatóntsi . . Kuw' inyembezi.
Yinkamolula . . . Into ende.
Kondile . . . . . Mr. Calderwood.
Smiti . . . . . Sir Harry Smith.
Makinana . . . . Colonel McKinnon.
Ya-Manzi . . . . Eli lelinye igama lemfazwe ye-Zembe, 1846.

EZIKA-NONEYI MQÓMO :—

Imxanana . . . . Igqib' indlu.

EZIKA-MWEZENI NTUNJANA :—

Kuŕinelwa . . . . Kuhonjiswa.
Yingxobongwana . . Isifo ebesimhla umntu ebusweni inge yingqakaqa.
Liŕashalala . . . . Ukujaduka kobuso.
Bůků . . . . . Ncwadi.

EZIKA-MBÉNDENI MFAZWE :—

Enomhokwane . . *Umhokwane* yintsimbi yamaso ebisakufakwa ngabadlezana emehlweni.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-HALOM SOJI :—

Ivumbángo . . . Ngumti wokwanyiselela amankonyana. Aba-Mbó bati ngowona Mhlavutwa.

Imáka . . . . . Yinyama yabafazi, umqolo.

EZIKA-JOKOZA BIKWÉ :—

Ngelenetónto . . . Itónto yintlangániso enkuluyaxa kwalúswa amakwénkwe, namhla ngentonjane, namhla ngomsitó wonyana benkosi nabamapákati amakúlu. Itónto ikwaligama lotángwana olubiywa ecaleni lendlu yomfazi ozele amawele, ize ecaleni lolotángo kutyalwe imitána yemi-Hlontlo, yalomawele, ibe mibini.

Daya . . . . . Mr. Dyer, Dyer, and Co.

EZIKA-MAZOTE NGECWA :—

Amatóngo . . . . Amapúpá.

EZIKA-OPULMANI HOBOVU :—

Unotalaza . . . . Ukutalaza kukukángela ngokunga ungaqond' into.

Ngencólo . . . . Incólo ngumti ofana nesa-Qoni odla ngokufunyanwa ngaseIwandle. Incindi yawo inje nesa-Kála ; uti umntu akuviva asuke adole.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Nentibane . . . . I-Ntibane ngumtâna oyele kwi-Mbúwa, otyiwa kakúlu nge-xesha lendlala.
Simokotwana . . . Into equmbileyo, engatetiyo.
Sisangqungqwana . . Yi-poni, yintwan' emfutshane.

EZIKA-ENOCH RUNE :—

Impuza . . . . . Impuza yinqayi ngokwama-Mpondo.
Iyosulela . . . . Oko kukuti iyasulela.

EZIKA-MKWÉTA RÂNGANA :—

Umsondlo . . . . Ukufutâ, ukwenz' inteto yoku-vuyelela.

EZIKA-VENFOLO KAKA :—

Lisibe . . . . . Udade wabo.
Yezishumane . . . Isishumane yintomb' endala engendiyo. Umntu onga-kâtalele mankazana kutiwa, sisishumane.

EZIKA-NTSHUCA KAKA :—

Yokupúnga . . . Kuba iyeza elipúnga ngobisi lwayo Ilungis' iyeza.
Enamaté . . . . Enqwenelwayo.
Kilawushi . . . . Mr. Crouch, umlungu obeli-fama ngase-Donqaba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Sifuba-sibanzi . . . Ligama u-Ntsikana awambiza ngalo u-Tixo, kute emva koko amagqoboka kwatiwa ngosifuba-sibanzi.

EZIKA-NKUNKUMA :—

I-Gxegxesi . . . . I-Gxegxesi ligxagxa.

EZIKA-PLATYI KAKA :—

Nomgedlelana . . . Ngulompu kutiwa ngu-Nongadlela (a breechloader).

Isibango . . . . Liyeza lokubulalana.

EZIKA-BAWULISI MANGONA :—

Mlola . . . . . Izibuko elise-Mbáshe.

Abatándwayo . . . Ukuba bayenzelwe isikáka.

Zandi . . . . . Kwa-Gcaleka.

Tándela . . . . . Ixhiba lika-Gcaleka.

Xólobe . . . . . Isibáxa se-Nciba.

EZIKA-RWAQUSHE MANGONA :—

Tyólohi . . . . . Isibáxa so-Mgwali.

Msini . . . . . Isibáxa se-Nciba.

Zincúka . . . . Isibáxa se-Kúbusi.

Umyekete . . . . Umyekete ngamanquma anxi- entloko.

University of Fort Hare
Together in Excellence

nalo, yaye ingegwangqa kakúlu njengalo.

EZIKA-MNZWANA NKOTA :—

Impobole . . . . Linquma elifakw' entloko, elenziwe ngesisila sika-Dyakalashe.

EZIKA-GONYELA MPETÚ :—

Ukunq́in' umpé́fumlo . Ukuya ekilasini ye remente.

EZIKA-SOMANA HLANGANISE :—

Impandé́ . . . . Ubuti.

Tá́ngana . . . . Sisiduko sama-Bambá́ eso.

EZIKA-NDAMASE SOMANA :—

Ungene ngebáyi . . Ungalwanga.

EZIKA-SIPAJI NGQONO :—

Ngezica . . . . . Inciyo.

EZIKA-FOLOSI BÁLA :—

Xukazana . . . . Ligqirakazi eliqubula ngobulongo.

Umrúla . . . . Inyokana zabafazi.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-NGANKUNZI BÉNE :—

Elitshinwa . . . . Elenziw' umfazi.

EZIKA-DOLOPU MCONTSI :—

Abasentla-kwendlela . Ligama ekubizwa ngalo ama-Mfengu.

EZIKA-SAQWITI MAGELE :—

I-Gosi . . . . . Lihlati elikúlu kwa-Bomvana.

EZIKA-NABÚTSE FUNO :—

U-Cwebé . . . . Lihlati elikúlu elipesheya ko-Mbáshe.

EZIKA-VELDTMAN MQOBI :—

Wexwára . . . . Amaxwára ligama elinje ngokuti amagxabuza. AmaGcaleka abizwa ngokuba ngama-Xwara, ngama-Bomvana, akucitakala ngo-Ncha-Yechibi.

EZIKA-BOTA MHLELI :—

Sonto . . . . . I-Cawa.
Umbingeleli . . . Umfundisi.
Emalanga . . . . Emva Kwemini.
So-Tshalisi . . . . Kwa Búluneli.
Ndomulile . . . . Ligama elihlonipa ukuti, ndidlile.

University of Fort Hare
Together in Excellence

O O

EZE-MBONGI YAKWA-GOMPO :—

Lixónti	Ngu-Matánzima Sandile lowo.
Nomqulu	Izibálo Ezingcwele.
Datisi	Mr. Duckles.
Heyi	Mr. William Hay.
Rogi	Mr. Rodgers. M. L. C.
Tomsana	Mr. Newton. O. Thompson.
Tyólo	Mr. Matyólo.
Gadudu	Rev. William Girdwood.

EZIKA-GXOLOX' EKAYA :—

Tayi	Ngu-Nxele lowo.
So-Emma	Chief Sandile uyise ka-Emma.
Mbódla	Chief Mhala.

EZIKA-JONATHAN NANGU :—

Dyani	Rev. John Wesley.

LIFILE MADODA :—

Tshembaleni . . .	Hon. J. Chamberlain.
Balforo	Hon. A. Balfour.
Umhlekazi	Lord Milner.
Ntsasana	Ama-Joni.
Pauli	President Paul Kruger.
Shaina	Hon. W. P. Schreiner.
Hofmeya	Hon. Jan. Hofmeyr.
Pritori	Pretoria, ibótwe lama-Bhulu.
Sawa	Hon. J. W. Sauer.
Menemene	Hon. J. Merriman.
Bhula	General Buller.

University of Fort Hare
Together in Excellence

Talana	Idabi elaliwa kona ngama-Ngesi nama-Bhulu.
Landeslare	Langlaagte apo kwaliwa kona elinye indabi.
Modolo	Modder River apo kwaliwa kona.
Stombelere	Stormberg, ngase-Lutútú apo kwaliwa kona.
Gadaga	General Gatacre.
Waiti	Sir George White.
Dyubele	General Joubert.
Umfazi	Queen Victoria.
Mnambiti	Ladysmith.
Krontyi	General Cronje.
Frentshi	General French.
Bulbente	General Brabant.
Olive	General Oliver
Esiqitini	St. Helena.
Stena	President Steyn.
John Bull	Ama-Ngesi.
Krunstadi	Kroonstadt.
Ligwa	Vaal River.
Solomoni	Sir Richard Solomon.
Tship-Jeke	Ligama lembúto yabaseli botywala bomlungu.
Prinslu	General Prinsloo.
Ndivete	General De Wet.

IZITÚKO :—

Ihlengezi	Ngumti wokuhlengezela.
Kota-mbola . . .	Uku-kota kukuqaba.

University of Fort Hare
Together in Excellence

EZIKA-ṖOSI VENFOLO :—

Silandana . . . . East London (e-Monti).
Ngqukaqana . . . Draaibosch.

EZIKA-NCŮKA :—

Nodongwe . . . . Yingoma yasentlombeni ekó-lisa ukuvunywa ngumtinjana.
Umqolo-wenamba . . Ligama kwalengoma.

EZIKA-DAWETI DUBE :—

Ndilipůnguza . . . Ndiyinto ehambá inqiba.

EZIKA-MKŮMASE NGOGWANE :—

Inyili nenyilana . . Ngamazwi angafanele kubizwa ngabantu abangamadoda. Ayaziwa ngabafazi.

EZIKA-KUMSHA MSHUMAYELI :—

Isipékula . . . . Indlala.

EZIKA-MATEBESE CADEKA :—

Ngocim' amehlo . . Yinyokana yabafazi enje ngoma-Mlambo.

EZIKA-QOBA TSHONGWENI :—

Yindlozi . . . . Indlozi yinyamakazana eyele kwi-Hlosi koko incinane ku-

University of Fort Hare
Together in Excellence

Bajikica . . . . Batet' injece.
Ombátshise . . . Owonakalise.

LELIBA :—

Lutiniko . . . . U-Tiniko yinto elukúni.
Ngamakánasi . . . Ngento ezinkulu.
Yetyabákazi . . . Abafazi abatyebileyo abatándwayo.

ISIPÉLO.

Butler & Tanner, The Selwood Printing Works, Frome, and London.

University of Fort Hare
Together in Excellence